

I N

INGUQU
YAKHO KWEZEMALI

Amandla Obonelelo

G U

GARY KEESEE

Q U

Sihlobo esithandekayo kuKristu,

Ngumthandazo wethu ukuba ufumane esi sixhobo sokufunda siyintsikelelo nenkuthazo kuwe! Nceda uzive ukhululekile ukwabelana ngale nto kunye nabahlobo bakho, usapho, kunye namalungu ecawe yakho. Ungaya ku FLNFree.com ukukhuphela iikopi ezongezelelweyo kunye neemfundiso zasimahla ngolwimi lwakho.

UTHixo uyakuthanda kwaye unesicwangciso esimangalisayo ngobomi bakho! Ukufunda indlela obusebenza ngayo uBukumkani bukaThixo kwatshintsha ubomi bethu baba ngcono, kwaye siyathemba ukuba buza kwenza okufanayo nakuwe!

Ngothando kuKristu



P.S. Khumbula ukuya kwiwebsite yethu yokukhuphela simahla FLNFree.com ukukhuphela iimfundiso zasimahla ngolwimi lwakho!

I N

**INGUQU
YAKHO KWEZEMALI**

Amandla Obonelelo

G U

GARY KEESEE

Q U

Your Financial Revolution,

The Power of Provision. Xhosa. By Gary Keesee

© Gary Keesee, 2023

Originally published in English

ISBN: 978-1-945930-03-4

Faith Life Now

P.O. Box 779

New Albany, OH 43054, USA

You can reach Faith Life Now Ministries on the Internet at

FaithLifeNow.com

Inguqu Yakho Kwezemali,

Amandla Obonelelo. Xhosa. KaGary Keesee

© Gary Keesee, 2023

Iqale yabhalwa ngeSingesi

ISBN: 978-1-945930-03-4

Faith Life Now

P.O. Box 779

New Albany, OH 43054, USA

Ungafikelela kwiFaith Life Now Ministries kwi intanethi ku

FaithLifeNow.com

IMIXHOLO

Intshayelelo.....	05
SAHLUKO 1: Ukukhanya Kukhanya Ebumnyameni.....	23
SAHLUKO 2: Indlela Entsha Yokucinga.....	43
SAHLUKO 3: Umba Wolawulo.....	67
SAHLUKO 4: Awusakhumbuli?.....	103
SAHLUKO 5: Ukuxobisa Ubonelelo Lwakho....	127
SAHLUKO 6: Ukholo Sisitshixo.....	163
SAHLUKO 7: Isilumkiso: Hlala Kukholo Lwakho Oluphuhlileyo.....	185
SAHLUKO 8: Udinga Isicwangciso!.....	207
SAHLUKO 9: Lixesha Lokuhamba!.....	225

INTSHAYELELO

Isihloko sale ncwadi sisenokubonakala sicacile, into eyingxelo ecacileyo yenyani. Ndithetha ukuba, ngubani onokuphikisa ubunyani baso? Ndicinga ukuba sonke singavuma ukuba nobonelelo, ubonelelo lwezinto esizidingayo ebomini, kubalulekile. Ukanti abaninzi abanalo ubonelelo abalidingayo. Abaninzi, enyanisweni, balwela ukufumana nje okwaneleyo ukuze baphile. Baphila ubomi bobukhoboka bamatyala abonakala engenasiphelo. Endaweni yokuphila amaphupha abo, baphila kwimeko yokuphelelwa lithemba, benoloyiko lokuya emsebenzini abawuthiyileyo, kwaye okubi ngakumbi, baphila bengenanjongo enentsingiselo.

Uphononongo lwakutsha nje luthi i 48% yabantu baseAmerica bazisa ekhaya i \$31,561 ngonyaka, okanye i \$2,630 okanye ngaphantsi ngenyanga,¹ kwaye i 40% yabemi ayinakubhala itsheki ye \$400 ngaphandle kokucwangcisa kuqala.²

Ngaba unokucinga ngoxinzelelo lokujonga yonke ipeni oyichithayo, ngethemba lokufikelela kusuku olulandelayo lokurhola iveki emva kweveki, inyanga nenyanga, kungenasiphelo esibonakalayo? Endaweni yokuba uye phambili, unokufumanisa ukuba ungena nzulu ematyaleni kwaye akukho ndlela yokuphuma, kuba yindlela

1 <https://howmuch.net/articles/how-much-americans-make-in-wages>

2 <https://www.cnbc.com/2018/05/22/fed-survey-40-percent-of-adults-cant-cover-400-emergency-expense.html>

endaphila ngayo iminyaka elithoba emide, kwaye yayingekho entlokweni yam. Yayiyinyani.

Ihlazo Lokuswela

Inkosikazi yam, uDrenda, kunye nam satshata sinethemba lokuqalisa ubomi obumangalisayo, kodwa sazifumana sisematyaleni kwaye siphila ubomi boxinzelelo lwezemali. Kwiminyaka nje embalwa, sazifumana sinamakhadi alishumi atyalayo kunye namakhadi okuthenga ngetyala acinyiweyo, iimali mboleko ezintathu zenkampani yezemali ngenzala ye 28%, iintlawulo zeemoto ezimbini ezimoshakeleyo, zombini zineemayile eziyi 200,000 kuzo, iIRS ifuna ukuthimba izinto zethu side sihlawule, kunye namanye amatyala amaninzi esasingakwazi ukuwahlawula. Sasityala abazali bethu amawaka eedola, kangangokuba bade bayeka ukusiboleka imali.

Akungathi sasizimisele ukutshabalalisa ubomi bethu ngamatyala, sasizama nje ukuphila. Nokuba oku kuvakala kungekongqiweni, ndandikwicandelo lezemali ndinceda abantu nge *insurance* kunye neemfuno zotyalo mali. Ndandihlawulwa ngekhomishini 100% kwintengiso endiya kuyenza, kodwa iikhomishini azizange zanele. Sahlala sinethemba lokuba ishishini lizokukhula, kodwa iiveki zajika zaba yiminyaka kungekho tshintsho.

Ekugqibeleni, emva kweminyaka elithoba emide yokuthembela etyaleni ukuze sihlawule amatyala, sazisebenzisa zonke iindlela zokuboleka imali esasinokucinga ngazo. Sathengisa phantse yonke into yexabiso esasiyifumana, kwaye uxinzelelo lokuhlala kulo ngxaki yemali lwaqalisa ukundikhathaza kakhulu ngokweemvakalelo nosapho lwam.

Ndiye ndaqalisa ukuhlaselwa luloyiko ndaza ndanikwa amayeza okuthomalalisa uxinzelelo, nto leyo engazange incede kwaye yabangela iziphumo ezingalindelekanga ezimandundu. Ndiye ndaxelelwa ngoogqirha bam ukuba ndizakuba nesifo seswekile ngokusekelwe kwimiba yam yeswekile endandinayo.

Into yayimandundu kuneemiba yam yezempilo yayiluloyiko olwalawula ubomi bam kangangokuba ndoyika nokuphuma endlini yam. Ubomi bam babundivalela ngoloyiko, olungcungcuthekisayo! Sasisele sisemva kuwo onke amatyala ethu, kwaye nyanga zonke, kwakuba ngumceli mngeni ukucinga ukuba leliphi emasilihlawule siyeke eliphi de kube yinyanga ezayo.

Ndicinga ukuba eyona nto yayindenza buthathaka kwingxaki yezemali esasiphila nazo yayilihlazo endandiliva. Uloyiko lalundibamba ngalo lonke ixesha ndisebenzisa ikhadi lokuthenga ngetyala ngethemba lokuba liza kusebenza kwakhona. Ndazifumana ndihlala ndisenza izizathu, ndixoka ngenene, kubaqokeleli bamatyala phantse yonke imihla. Mhlawumbi eyona nto yayinzima ukuyinyamezela kukubona usapho lwam lungenazo izinto eziludingayo, nto leyo eyabangela intlungu emphefumleni wam. Xa ndithetha inyani, ndandiziva njengesahluleki phantse yonke imihla njengoko ndandihlangabezana nengxaki emva kwenye.

Le ngxaki yemali yayingeziyo into encinci, into yexeshana. Yaqhubeka iminyaka elithoba emide!

Ukuba uyazibuza, ewe, sasisecaweni veki nganye. Ndinesidanga kwizakwazilwi nakushishino kwaye ndandifunde unyaka omnye kwiskolo seBhayibhile. Ndabhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele, kwaye ndandimthanda uThixo, kodwa kwakukho into eyayingalunganga. Ndandiyazi loo nto, kodwa yayiyintoni? Amabali endawafunda kwiBhayibhile ayengenzeki nje ebomini.

Sasisiya kwicawe elungileyo eyasifundisa ukuba yintando kaThixo ukuba siphumelele, kodwa ndandingayiboni isenzeka loo nto, kwaye ndandingazi ukuba kutheni ingenzeki. Ukuyibeka injalo, ndandingaboni namnye kubahlobo bam ephumelela kakhulu.

Into Eyandibuyisa Ezingqondweni

Yonke into yaba mbi xa igqwetha, elinye kwamaninzi ababendifuna imali, laphinda landitsalela umnxeba. Ngeli xesha wangena emxholweni kwaye wayibeka injalo. “Mnu. Keesee, ndiza kukunika iintsuku ezintathu ukuba undithumele i \$1,600 oyityala umthengi wam okanye ndiza kunyanzeleka ukuba ndikumangalele ngesi sixa mali.”

Wavele waxhoma umnxeba. Ndandiyazi ukuba kuphelile. Kwakuphelile ngam. Kwakungekho apho ndinokuya khona endandisele ndingayanga. Kwakungekho mali, kungekho nokutya. Ifriji yethu yayijongeka imfliba njengeakhawunti yethu yetsheki. Ndandinethemba leveki enye elungileyo kwishishini ebinokusinceda, kodwa ayizange ifike. Ndiphelelwe lithemba, ndanyuka ndaya kwigumbi lam lokulala elincinane kwindlu endala yaseplasini esasiyirenta nge \$300 ngenyanga. Ndandisazi ukuba yayingeyontando kaThixo ukuba kobo kukhoboka bezemali. Ukanti sasingaphumeleli.

Njengoko ndandilila ndizijula ebhedini yam, ndakhala kuThixo. Ngokumangalisayo, njengoko ndandikhala, ngequbuliso ndamva esabela. Phezulu emoyeni wam, ndeva esiSibhalo::

Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi Bakhe ngokozuko olukuKristu Yesu.

—KwabaseFilipi 4:19 (NASB)

Ndathi ngokuvakalayo, “Ndiyasazi eso Sibhalo, kodwa andiyiboni loo nto ebomini bam.” Ndiye ndeva uMoya oyiNgcwele esithi:

“Andinanto yakwenza nengxaki okuyo. Isizathu sokuba ube kule ngxaki kukuba awuyazi ukuba busebenza njani uBukumkani Bam.” Uqhubekile wandixelela ukuba ibandla Lakhe laliphila kanye njengokuba uSirayeli yayiphila ngexesha likaFaro, njengamakhoboka. Wathi “Ndifuna abantu bakhululeke ngokwemali!”

Nangona ndandingazi eneneni ukuba wayethetha ukuthini ngoBukumkani, ndandiqonda ukuba ukuphila namatyala kwakungasebenzi, kwaye wayesithi kukho indlela engcono yokuphila endingazange ndiyifunde. Ukuba yayiyintoni okanye isebenza njani, ndandingazi, kodwa ndandisazi ukuba kufuneka ndifumanise.

Into yokuqala endayenzayo ndehla ezstepsini ndaya ezantsi ndabamba uDrenda. Ndamxelela into uThixo ayithethe kum, kwaye ndiyakhumbula ndime apho, ndibambe isandla sakhe, kwaye ndiguquka kuThixo nakuye ngengxaki endandisifake kuyo. Sazibophelela kwalapho ukuba nangona sasingaqondi ukuba uThixo wayethetha ukuthini xa esithi uBukumkani, siza kufumanisa. Kwakhona sizibophelele ukuba singaphindi sisebenzise amatyala njengendlela yokuphila kodwa kwakufuneka sivume ukuba asazi ukuba njani. Njengoko sithandaza, uxolo lafika phezu kwam, kwaye ndazi ukuba uThixo wayezakusibonisa ukuba siyenze njani ngendlela Yakhe.

Kodwa ukubuyela kwigama uBukumkani, ndandingazi nyani ukuba wayethetha ngantoni. Ndandisazi ukuba ndiza kuya ezulwini, kwaye ndandinoqeqesho oluncinane kwiBhayibhile, kodwa ndandingazi

ukuba wayethetha ukuthini. Enyanisweni, igama uBukumkani ayilo gama ndandisazi ngalo. Ekuphela kwexesha endikhumbula likhankanywa eBhayibhileni yayiKumthandazo weNkosi.

Mabufike uBukumkani Bakho. Makwenziwe ukuthanda Kwakho nasemhlabeni, njengokuba kusenziwa emazulwini.

—UMateyu 6:10

Ndandicinga ngelo xesha ukuba oku kubhekisa kuBukumkani obuzayo uYesu ngenye imini wayezakubumisa emhlabeni, kodwa ndandingazi into yayibhekisa kuyo kanye. Kodwa emva kokuhlola umbhalo, ndiye ndaqonda ukuba ndandiphosakele. UYesu wayesixelela ukuba sithandaze njani apha, ngoku. Kufuneka sithandazele intando kaThixo emhlabeni. Kodwa buyintoni uBukumkani bukaThixo?

Ukuba uzifundile iincwadi zam zangaphambili, ungatsiba uye kwisahluko 1 ukuba uyafuna, kodwa ndikholelwa ukuba ukujonga kwakhona kuhlala kufanelekile xa uza kwenza uvavanyo. Uvavanyo lwakho, umdlalo wobomi, sele uqalile kodwa ungakhathazeki.

Kukho ixesha elininzi lokufumana iimpendulo ezichanekileyo kwaye uphumelele. Kodwa ukuba ufunda okokuqala, into elandelayo ibaluleke kakhulu!

Indlela Entsha Yokuphila

Xa uThixo wayendixelela ukuba andizange ndifunde indlela uBukumkamni Bakhe obusebenza ngayo, ndandibhidekile. UDrenda nam sasingazi nokuba uthetha ukuthini. Sathandaza

sacela ukuba uThixo asifundise ukuba uthetha ukuthini xa esithi asiyazi indlela uBukumkani Bakhe obusebenza ngayo.

Ngoko into yokuqala ekwakufuneka ndiyifunde kukuba buyintoni uBukumkani ngokwendalo. Ndingca ukuba lombono unzima ukuba iingqondo zethu zasentshona ziwuqonde, siphila kwingqondo yaseAmerica yedemokhrasi kunye nokuvakalisa ngokukhululekileyo. UBukumkani bukaThixo asiyiyo idemokhrasi; buBukumkani obunoKumkani. Igunya lo Kumkani lihla eBukumkanini linegunya eligunyazisiweyo kwii-ofisi ezahlukeneyo zaseburhulumenteni nabantu abasebenza phantsi kwelo gunya. Ukuba negquba la bantu ayibubo ubukumkani. Unokuba nesigidi sabantu kwigquba kwaye ibingayi kuba buBukumkani. UBukumkani liqela la bantu elidityaniswe ngumthetho okanye ngurhulumente.

Inkcazelo yoBukumkani kwisichazi-magama ithi: “ubukumkani: urhulumente onokumkani okanye ukumkanikazi njengentloko yawo.”

Nangona sibhiyozela uYesu esiza emhlabeni ngeKrisimesi, sihlala sisilela ukuqonda ukuba wayesiza norhulumente naye. IBhayibhile ithetha ngalo rhulumente kuIsaya 9:6-7:

Ngokuba sizalelwe umntwana, sinikwe unyana; urhulumente uza kuba semagxeni akhe. Igama Lakhe kuthiwa ngummangaliso, nguMcebisi, nguThixo oligorha, nguSonini-nanini, nguMthetheli woxolo. Ukuba kwande ukuthethelela oko, kubekho uxolo olungenakuphela etroneni kaDavide, Nasebukumkanini bakhe, ukuba bumiswe buxhaswe ngokusesikweni nangobulungisa, kususela koko kude kuse ephakadeni. Ikhwele likaYehova wemikhosi liya kukwenza oko.

UYesu yintloko yalo rhulumente, kwaye simamkela uYesu njengoMsindisi wethu, siba ngabaxhamli baloo rhulumente, sibe ngabemi. Asibi ngabemi nje, kodwa siba yinxalenye yendlu kaThixo njengoonyana neentombi.

Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo—abangazalwanga ngagazi, nangakuthanda kwethu, nangakuthanda kwandoda; bazalwa nguThixo.

—UYohane 1:12-13

Ngoko ke anisengabasemzini nabaphambukeli; ningamakhaya kubo abangcwele, ningabendlu kaThixo.

—KwabaseEfese 2:19

Njengamalungu endlu kaThixo, siba yinxalenye yentsapho Yakhe size ngaloo ndlela singaBakhe okanye sibe yinxalenye yayo yonke into anayo uThixo. Kwakhona, siba ngabemi boBukumkani Bakhe obukhulu abamalungelo asemthethweni kunye neenzuzo.

UBukumkani Obutsha

Ukuze niyiqonde ngcono le nto ndithetha ngayo, mandithethe ngokuba ngummi wendalo eUnited States. Njengommi waseUnited States, unamalungelo asemthethweni. Amalungelo akho asemthethweni abhalwe kumgaqo-siseko wethu nakwimithetho esele iwiswe kurhulumente wethu. Le mithetho kunye neenzuzo ziya kuye wonke ummi, nokuba ngubani na. Loo malungelo

akasekelwanga kwiimvakalelo zethu okanye kwindlela esikrelekrele ngayo. Hayi, asekwe ngumthetho, afumaneka ngokusemthethweni kuye wonke ummi obiza iAmerica ikhaya labo. Kungenzeka ukuba ummi angawazi namalungelo akhe asemthethweni, kodwa nangona kunjalo, banawo nje ngokuba ngummi weUnited States of America.

Ngoku nantsi into omawucinge ngayo, kwaye ndiyathemba ukuba iyayitshintsha yonke imbono yakho ngoThixo kunye nendlela owamkela ngayo kuThixo. Apha eUnited States ukuba sifumanisa ukuba kukho into okanye umntu ozama ukusihlutha amalungelo ethu asemthethweni okanye siphathwe ngokungekho sikweni, siyakwazi ukufikelela kubulungisa (ubulungisa buthetha ukunyanzeliswa okanye ukulawulwa komthetho), inkqubo enyanzelisa ilungelo lethu elisemthethweni. Siya enkundleni, kwaye umantyi akahoyi inkangeleko yethu, okanye indlela esizityebi okanye ihlwempu ngayo. Ujonga umthetho. Kufuneka agwebe evumelana nomthetho ngamaxesha onke. Umthetho kunye nomgwebi zikhona njengeziqinisekiso zethu.

Sinamalungelo asemthethweni, kwaye urhulumente wethu uya kunyanzelisa amalungelo ethu asemthethweni ngenkqubo yobulungisa ngaphakathi kweUnited States. Unalento engqondweni, qwalasela ngakumbi uIsaya 9 njengoko ethetha ngalo rhulumente mtsha uYesu amzisayo emhlabeni.

Uya (uYesu) kulawula etronini kaDavide naseBukumkanini Bakhe, ukuba bumisiwe buxhaswe ngokusesikweni nangobulungisa. . .

—UIsaya 9:7

Esi sibhalo sithi uBukumkani bukaThixo bumisiwe buxhaswe ngokusesikweni ngobulungisa, ngolawulo lo mthetho kaThixo.

Ulawulo luthetha inkqubo yokuphumeza okanye amalungelo akho asemthethweni.

Amalungelo akho asemthethweni ngawo uThixo awabiza ubulungisa okanye athi yinto elungileyo, umthetho Wakhe. Ukuze uqinisekise ukuba unayo into athi uThixo ilungile eBukumkanini Bakhe, into eyeyakho ngokusemthethweni njengommi kobo Bukumkani, uThixo ukunike ukufikelela kubulungisa, inkqubo okanye isiqinisekiso sokuba uya kuba nakho oko akuthembisileyo.

UTHixo usazisile intando Yakhe ngeLizwi Lakhe, iBhayibhile, ukuze siwazi amalungelo ethu eBukumkanini Bakhe. Ezi ziindaba ezimnandi! Yonke into oyifunda eBhayibhileni ephathelene noko uThixo akuthembisileyo sele kukokwakho ngokusemthethweni njengommi woBukumkani Bakhe!

Eyesibini KwabaseKorinte 1:20 ithi ngokucacileyo sonke isithembiso—SONKE ISITHEMBISO—ngu-“Ewe” no “Amen.” Sele kugqityhiwe ngaso; sele isesakho ngokusemthethweni.

Kuba ngangoko zingako izithembiso zikaThixo, ”uEwe” kuKristu, no “Amen” uKuye, ukuze kuzukiswe uThixo ngathi.

—2 KwabaseKorinte 1:20

Isiseko soBukumkani bukaThixo kokusesikweni nobulungisa-obungenakugungqiswa. Ngoko cinga ngayo ngale ndlela: “Ukuba ndazi umthetho woBukumkani bukaThixo (intando Yakhe), kwaye ndiyazi ukuba ndofikelela kubulungisa, inkqubo yonyanzelo endiqinisekisayo ukuba umthetho uthini, ngoko ndiqinisekile kwaye andoyiki.

Kuko oku ukungafihlisi esinako kuThixo: ukuba sithi sicele

into ngokuthanda Kwakhe, uyasiva. Ukuba siyazi okokuba uyasiva—esisukuba sikucela—siyazi ukuba sinazo izinto ezizelwayo, esizicelileyo Kuye.

—1 UYohane 5:14-15

Xa le vesi isithi uyasiva, ayi thethi ngokusiva xa sithetha njengokuva amazwi ethu ngamaza esandi; ithetha ngaye ubuka athathe ityala.

Cinga ngomantyi echophela ityala ukuze aqinisekise ukuba ubulungisa buyenziwa. Inkundla kunye nomantyi bakhona ukuze baqinisekise ukuba ubulungisa buyafumaneka kuye wonke ummi. Isigqibo sikamantyi asisekelwanga kwiimvakalelo zakhe kodwa sisekelwe kumthetho awongameleyo ukuze unyanzeliswe kummi ngamnye. Umantyi ukho ukuze aqinisekise ukuba ubulungisa (ukunyanzeliswa komthetho) benzeke ngokomthetho obhaliweyo.

Kwimeko kaThixo, itrone Yakhe (indawo yegunya) kunye namandla Akhe akho ukuqinisekisa ubulungisa (ukunyanzeliswa kwentando Yakhe) kubo bonke abantu abaza kuYesu nakuBukumkani Bakhe.

Nceda ufunde ingxelo kwakhona ngokucothayo kwaye uyithelekise nembono yakho yangoku kaThixo. Uninzi lwabantu lucinga ukuba uThixo wenza izigqibo ngokungafaniyo kwimeko-ngemeko, kodwa ayiyonyaniso leyo. Ungukumkani woBukumkani obunemithetho engatshintshiyo. Akenzi kwaye akayi kwenza izigqibo ngaphandle komthetho Wakhe. Ngenxa yoko sinokuyazi ukuba ithini na impendulo Yakhe ngaphambi kokuba sibuze, kwaye sinokuqiniseka ukuba sinako oko kuthethwa ngumthetho Wakhe ngaphambi kokuba sikubone kuba unamandla okuphumeza ukuthotyelwa komthetho Wakhe.

Akusekho Kucenga

Njengoko mna noDrenda saqalisa ukufunda ngamalungelo ethu asemthethweni eBukumkanini, yatshintsha kakuhlu indlela esasicinga ngayo ngoThixo kunye neBhayibhile. Isiphumo sokuqonda kwethu okutsha yayibubomi obutshintshileyo. Akusekho kucela. Safunda okusele kunikwe kuthi ngokusemthethweni njengabemi boBukumkani Bakhe. Kwaye saqhubeka ukufunda indlela yokubanga ezo zithembiso kwaye sizibone zikhululwa apha kummandla wasemhlabeni.

Sisityhilelo esikhulu ukufunda ukuba thina singabanini bayo yonke into izulu elinayo. Njengabemi, sinokufikelela ngokusemthethweni kwimithetho yoBukumkani. Kodwa njengamalungu endlu ngokwayo, singabanini kwaye sinobango elisemthethweni kwilifa lazo zonke izinto izulu elinazo.

*Ukuba ke singabantwana, sikwaziindlalifa—iindlalifa zikaThixo **iindlalifa ke kunye** noKristu.*

—KwabaseRoma 8:17

Qaphela ukuba umbhalo uthi siziindlalifa ke kunye noKristu! Oku kuthethi ukuthi yonke into iKristu anayo ikwayeyethu!

Xa uThixo wathetha nam kwindlu yam eyonakeleyo encinci yaseplasini ngaloo mini kwaye wandixelela ukuba andiyazi indlela uBukumkani Bakhe obusebenza ngayo, wayebhekisa kwimithetho nendlela umthetho osebenza ngayo kuBukumkani Bakhe. Wayechanekile. Ndandingenafifi lokuba yintoni ubukumkani okanye indlela obusebenza ngayo. Kodwa into enye endakhawuleza ukuyifumana, nto leyo yanceda ukuqonda kwam ubukumkani,

kukuba izikumkani zisebenza ngemithetho engaguqukiyo. Imithetho ayikhethe buso. Ayitshintshi ukuze ikhethe umntu othile. Hayi, ayishukumi kwaye ayitshintshi.

Mandinike umzekelo. Namhlanje sonwabela umbane nokukhanya owukuzisa kumakhaya ethu. Unokuvuma ukuba imithetho elawula umbane yayisoloko ikho ukusukela ekudalweni komhlaba. Ukanti, amawaka eminyaka, kwakungekho zibane zombane! Akukho mntu wayefumene imithetho elawula umbane nendlela yokuyisebenzisa ukukhanyisa ibhalbhu yokukhanyisa. Nangona, ukubaneka nombane omileyo zabanwa njengxalenye yobomi obuqhelekileyo, yiyo into zayiyiyo, imbono. Akukho mntu wayecinge ukuphindaphinda oko wayekubona kuba wayengaqondi ukuba oko wayekubona kwakusekelwe kumthetho wendalo owawunokufundwa.

Ukuswela ukuqonda okufanayo kungene ebandleni namhlanje. Abantu bafunda ngezinto ezinkulu uThixo azenzileyo eBhay-ibhileni kodwa bangaze badlule ekuqondeni abakubonayo ngento abayifundayo.

Abaninzi baye babona uThixo esenza izinto ezimangalisayo ebomini babo, kodwa njengokubukela umbane oqaqambileyo kwisaqhwathi sasehlotyeni, bema bathi, “Wowu, uyibonile loo nto?” ukanti abakwazi ukuyiphindaphinda kuba abayiqondi imithetho elawula into abasanda ukuyibona. Umzekelo, namhlanje, sinokubeka izibane naphi na emhlabeni, naphi na apho sifuna khona, kuba siyayiqonda imithetho elawula umbane.

Ngendlela efanayo, namhlanje sisonwabela ukukwazi ukuhamba amawaka eemayile ngemini kwijet naphi na emhlabeni. Inqwelomoya ifumana ukukwazi kwayo ukubhabha ngokuqonda kwethu nokusebenzisa umthetho wokunyuka. Nangona kunjalo, loo

mthetho ubusoloko usemhlabeni ukusukela ekudalweni komhlaba, njengoko kubonwe kwiintaka ezisebenzisa loo mthetho yonke imihla. Kodwa akukho namnye owaqhuba iinqwelomoya kangangamawaka eminyaka yobukho bomntu kuba akukho mntu owawu-fumana umthetho wokunyuka waza wafunda ukuwusebenzisa.

Kwakhona, kuyafana ngoBukumkani bukaThixo. Uninzi lwabantu luyacenga, kwaye baqhubeke ukuzama ukweyisa uThixo ukuba enze into ngenxa yabo. Kodwa into abangayaziyo kukuba xa babengamakholwa, yonke imithetho neenzuzo zoBukumkani zaba zezabo ukuze bazisebenzise kwaye bazonwabele, akukho mfuneko yokucenga.

Masithi bendisiza ecaweni yakho. Ungenza iqela lomthandazo lithandaze kwaye lizile ukutya ukuze kukhanye izibane ngobusuku ndifike apho? Ngokucacileyo hayi! Ukuba kwenzekile, ukuba ndifike ecaweni yakho kwaye izibane zingakhanyi, ngaba wonke umntu beya kuqala ukukhala kuThixo, becenga kwaye bekhala bezama ukweyisa uThixo ukuba akhanyise izibane? Hayi, bebeya kukhangela iswitshi, bayinyuse, izibane zikhanye. Akukho loyiko, akukho kubhideka, bazikhanyise nje!

Kodwa ngenxa yesizathu esithile, amaKristu awazange aze eBukumkanini nakwiLizwi likaThixo ngokwale mbono. Kwakhona, bachitha ixesha labo elininzi becenga, benethemba lokuba kukho into eya kwenzeka. Xa ingenzeki, kwangoko babeka uThixo ityala, bekholelwa ukuba uThixo ukhethe ukuba angenzi oko bakucelelileyo. Oku kuswela ukuqonda yiyo loo nto uninzi lwamaKristu namhlanje lukholelwa ukuba uThixo uyazivemela izinto ezimbi ukuba zenzeke, okanye ukuba uyazi xa kusehla intlekele. Sihlobo, ASIYIYO indlela uBukumkani bukaThixo obusebenza ngayo!!! Kwakhona, masijonge iSibhalo sethu ku1 Yohane.

Kuko oku ukungafihlisi esinako kuThixo: ukuba sithi sicele into ngokuthanda Kwakhe, uyasiva. Ukuba siyazi okokuba uyasiva—esisukuba sikucela—siyazi ukuba sinazo izinto ezicelwayo, esizicelileyo Kuye.

—1 UYohane 5:14-15

Ekubeni sisazi ukuba sicela ngokwelungelo lethu elisemthethweni, nokuba uyalithatha ityala, siyazi ukuba sinako oko sikucelileyo Kuye! Okulusizi, kukuba inyaniso etyhilwe kulo mbhalo ayiqondwa luninzi lwamakholwa. Kumava am, ndinokuthi luninzi. Kodwa yayikokuqonda okwaguqula ubomi bam!

Umbono ngokuchasene noKuphila

Ndaqala ukufunda amabali eBhayibhileni ngomdla ohlazi-yiweyo. Ndandisazi ukuba kwibali ngalinye kukho imithetho yomoya enokufunyanwa. Ndaba yinzululwazi yomoya. Kuwo onke amabali, ndandibuza imibuzo. “Kwakutheni ukuze loo nto yenzeke?” “Yintoni eboniswayo kweli bali?” ngokucothayo, ndaqala ukufunda imigaqo kunye nemithetho eyeyam eBukumkanini bukaThixo, kwaye yabutshintsha ngokwenene ubomi bam.

Njengoko sasiqala ukusebenzisa le mithetho, saphuma ematyaleni ngokupheleleyo kwiminyaka emibini enesiqingatha. Saqala ukuhlawula imali ngeemoto zethu, Sakha ikhaya lethu lamaphupha kwiihektare eziyi 55, nokunye okuninzi. Eyona nto intle ngoku akukho xinzelelo lwemali. Ikhaya lethu lihlawulelwe, kwaye ngoku sinokugxila kwisabelo sethu, injongo yethu, endaweni yokuphila.

Sasinemincili kakhulu ngento sasiyifunda ukanti singaboni

abahlobo bethu abaninzi nabantu esibaqhelileyo besonwabela izinto ezifanayo nezo sasizibona zisenzeka. Ngenxa yomnqweno wethu wokunceda abantu bafunde into esiyifundileyo, sasungula *iFaith Life Church* ngo 1995. Sagxila ekwabeleni ngemithetho nemigaqo esiyifundiswe nguThixo, sabelana nabantu indlela abanokukhululeka ngayo kwaye baphile ubomi obulungileyo boBukumkani.

Ke ngo 2005, siye sasungula *iFaith Life Now*, eyibubungiseleli bethu beendaba. *IFaith Life Now* isasaza iinkqubo zethu zikamabonakude zemihla ngemihla—*Fixing the Money Thing and Drenda*—kuwo onke amaxesha ehlabathi ngeeNdaba Ezilungileyo zoBukumkani.

Namhlanje, asikhangeli *iiquater* kunye needime ezingene phantsi kwezihlalo zethu zemoto sinethemba lokufumana imali encinci ukuze zithenge *iHappy Meal* ukuze siyahlule phakathi kwabantwana abathathu. Sichitha izigidi ukwenza le nto siyenzayo ngoku, kwaye siyathanda ukunceda abantu bafunde indlela esiyenze ngayo loo nto.

Ngeqbuliso sasuka ekucingeni kokuphila nje saya ekucingeni okusekwe kumbono kwaye saqala ukuphupha ngento esinokuyidala nesinokuyenza ngobomi bethu. Sasuka kwiingxaki zemali saya kwinkululeko yezemali.

Ngeentsuku zethu zokungabi namali nezobukhoboka, yonke imiba emincini yemali yayiba yimeko engxamisekileyo. Phantsi koxinzelelo olukhulu sasizama ukufumana umntu esinokuboleka kuye imali, okanye sindwendwele ivenkile yethu yamasekeni yasekuhlaleni kwakhona. Kodwa namhlanje, sonwabela Amandla Obonelelo.

Unokubuza, “Gary yintoni Amandla Obonelelo?” Amandla

obonelelo kukukwazi ukufumana injongo yakho kwaye ubaleke ubomi bokuphila nje. Kufuneka uhlale ukhumbula ukuba ukubonelela kukuba nombono. Funda kwakhona ngokucothayo, kukudlala ngamazwi, kodwa intsingiselo icacile.

Ukungabi nobonelelo kushiya ubomi bobukhoboka, kwaye amakhoboka awaphuphi amaphupha amakhulu! Kwaye uhlale ukhumbula, awulokhoboka! Ulilungu lwendlu kaThixo, indlalifa kunye noYesu kulo lonke ilifa. Ngoko phakamisa amehlo akho kwaye ubone Ikamva elitsha. Ndifuna ukhululeke ukuba uphuphe, ukhululeke ukuba wonwabele ukwenza umbono wakho, kwaye uphile ubomi obulungileyo. Ndiyathemba njengokuba siqhubeka ngale ncwadi uya kukhuthazwa, kodwa ungakhuthazeki nje kuphela, ukuba uya kuzithemba. Imithetho efanayo yoBukumkani eyatshintsha ubomi bam yeyakho nawe.

—Gary Keese

Eneneni le yincwadi yesine kuthotho lweencwadi ezinesihloko esithi, “Inguqu Yakho Kwezemali.” Ndingakukhuthaza ukuba ufunde iincwadi zangaphambili ukuze uqonde kakuhle imithetho endibhekisa kuyo nangakumbi malunga nendlela uBukumkani bukaThixo obusebenza ngayo. Zezi: *Inguqu Yakho Kwezemali: Amandla Okunyaniseka*, *Inguqu Yakho Kwezemali: Amandla Okuphumla*, *Inguqu Yakho Kwezemali: Amandla Amaqhinga/ Amacebo*. Ungazifumana kuGaryKeese.com okanye kuAmazon.com.

ISAPHLUKO 1

UKUKHANYA KUKHANYA EBUMNYAMENI

Ndikuxelele kwintshayelelo ngomnxeba owayevela kwigqwetha oye wabangela ukuba ndijongane nobunyani bemeko yethu kwaye ekugqibeleni ndakhala kuThixo. Ndikwanixelele into eyathethwa yiNkosi kum ndingqengqe ebhedini yam ndikhala, ukuba ndandikule ngxaki ndikuyo kuba andizange ndifunde ukuba busebenza njani uBukumkani Bakhe. Kodwa busebenza njani? Wayezama ukundibonisa ntoni? Ndandingazi, kodwa ndandiza kufunda.

Ukuba uyakhumbula, kwakufuneka ndinike igqwetha i \$1,600 ngeentsuku ezintathu ukuze ndithintele ukumangalelwa. Ngelo xesha, sasingenamali kwaye singenathemba lokuyifumana ngethuba imali kwishishini lethu ukuze sihlawule i \$1,600. Ndandikwimeko enzima kakhulu, okanye ndandicinga njalo. Endaweni yoko, ndandiza kufunda isifundo sam sokuqala ngoBukumkani.

Ngelo xesha, ndandiqhuba i *Dodge Caravan* endala eyayiqhuma njengetshimini xa ihamba endleleni. Ngobo busuku, ndandinedinga nosapho ukuze sixoxe ngeemfuno zabo ze *insurance*, kwaye idinga lethu lalisekhayeni labo, elalimalunga nemizuzu eyi 15 ukusuka eofisini yam.

Ngezo ntsuku, ndandimisa ngabom estratweni okanye ekoneni ukusuka kwindlu yomthengi wam. Isizathu sasilula. Nanini na ndiqala iveni, yayizalisa umoya ngomsi omhlophe, kwaye ndandingacingi ukuba ikhuthaza ishishini lam kakuhle kuba ndandiyingcaphephe yezemali ecebisa abathengi bam ukuba batyale njani imali kwaye bathenge i *insurance*.

Ke, ngobu busuku buthile, njengesiqhelo, ndamisa ekoneni ukusuka kwikhaya lomthengi wam. Sandwendwela kamnandi, kwaye ndathi ndlela ntle kodwa ndandixhalabile xa inene lalihamba nam xa ndisingise emotweni yam. Nangona yayindothusa, ndandilungile nje engahlali ukuze ayibone iqala, nto leyo ngelishwa, wayenza. Nangona ndithathe ixesha ndilungisa *ibriefcase* yam nezinye izinto emotweni ndizama ukumnika ixesha lokuhamba, wema apho ngomonde ndade ndaqonda ukuba ndiqhubeke ndiyiqalise. Ke, njengoko kulindelekile, istrato sazaliswa ngumsi omhlophe.

Xa ndiza kuqalisa iveni ukuba ihambe, wakhomba kum ukuba ndiyicime kwaye weza efestileni. Uye wandixelela ukuba wayesebenza ngeemoto ecaleni ukuze enze imali eyongezelelweyo, kwaye angathanda ukujonga phantsi kwesivalo. Ndathi ngokuqinisekileyo ndamvulela isivalo. Ndandiyazi ukuba akukhathaliseki nokuba yintoni ayifumanayo. Ndandingenamali ngelo xesha yokufa kula veni indala.

Emva kwemizuzu embalwa, wabuya wathi, “Njengoko bendirhanela, unenjini yokutshisa eqhumileyo. Qhuba iveni ugoduke, uyilungise phambi kokuba uphinde uyiqhube. Ifanele ukuxabisa i\$700.”

Ndambulela ngengcebiso yakhe ndahamba ndaya eofisini yam. Ekuphela kwento endandiyiva entlokweni yam yayikukuba, “Iya kukuxhabisa i \$700 kuphela!” kum ngalo mzuzu, i \$700 yayivakala

ngathi sisigidi seedola, kwaye kwakusafuneka ndifumane i \$1,600 ukuze ndiyithumele kwigqwetha. Ngaphandle koko, ndandinemfumba yamatyala awayefuna ukuhlawulwa.

Ndandingenampendulo, kodwa ndikhumbula umthandazo mna noDrenda esawuthandaza ngaphambili, “Thixo, sifundise indlela uBukumkani Bakho obusebenza ngayo, kwaye usibonise indlela yokuphila ngaphandle kwetyala.”

Ndiqhuba ndibuyela eofisini, ndaqalisa ukuthetha neNkosi ngemeko yam yemali. “Nkosi, wazi konke ngemali endiyidingayo.

Uyazi ukuba ndisatyala imali yale veni, kwaye ngoku le \$700 idingekayo. Nkosi, enyanisweni, xa ndibala imali endiyityala ibhanki ngeveni kunye neendleko zokuyilungisa, mhlawumbi bekuya kuba ngcono ukuba inokutsha kwaye itsheki ye*insurance* iyihlawulele yonke!” Ndatsho ngokuvakalayo ngendlela edanileyo, nehlekisayo, hayi emthandazweni wenene.

Umzuzu ndithetha loo nto, into yabamba ingqalelo yam. Ndandingaqinisekanga ukuba lalisoloko likhona, kodwa kwakubonakala ngathi kukho iqampu elincinane phezu kwesivalo esiphambili. Ndithe ndisajongile, iqampu laya lisiba likhulu ngakumbi. Kwaye njengoko ndandiqhubeka ndijonge iqampu, ndandiqinisekile ukuba ngokwenene lalikhula ngobukhulu. Ndandothukile. Ndandingaboni msi ngaphandle komsa osoloko ubonakala ulandela emva kweveni, ke ndiye ndaqhubeka ndaya eofisini.

Xa ndingena kwindawo yokupaka yaseofisini, umphambili weveni ngeqbuliso waba nedangatya lomlilo! Amadangatya ayephuma kwindawo yenjini iinyawo ezintandathu emoyeni. Ndiye ndathetha lamazwi ngokuvakalayo, “Nkosi, undivile ndithetha loo nto?”

Ngosuku olulandelayo, inkampani ye*insurance* yahlawula

ibango, kwaye ndandinemali eyaneleyo ukuthumela ngobusuku i

**NDIYE NDATHETHA
LAMAZWI
NGOKUVAKALAYO,
“NKOSI, UNDIVILE
NDITHETHA LOO NTO?”**

\$1,600 endandiyityala igqwetha kunye nokuhlawula iveni kwaye ndandinayo nemali eyaneleyo yokuthenga ukutya kwasendlini. Sasonwabile kwaye sothukile konke ngaxeshanye kodwa singenayo iveni, esasiyidinga ukuze sihambe ngayo sobathandathu.

Eneneni zange ndikwazi ukuyichaza into eyenzekileyo ngelo xesha, kodwa into yokuba ndayithetha ngokuvakalayo ukuba iveni itshe yabamba ingqalelo yam. Kwakufuneka ndivume ukuba andizange ndibe nemoto eyatshayo ngaphambili. Kwelinye icala, andizange ndithethe ngokuvakalayo ukuba ndifuna itshe.

Ngaba le nto yayindibene noBukumkani? Ingaba ndenza into eyabangela ukuba yenzeke le nto okanye yayiyinto nje ezenzekeleyo?

Sasingaqinisekanga. Nangona sabhiyozela impumelelo yokuhlawula iveni kunye nombolekisi, sasisadinga iveni, kodwa njani?

Ukufumana Iveni Entsha

Utata wam wanditsalela umnxeba ukuze abone ukuba siqhuba njani waza wanike uncedo ekutshintsheni iveni etshileyo. Utata wam wayenemali, kwaye ndandinethemba elisemfihlakalweni lokuba uza kuyithenga. Wacebisa ukuba sihambe siyokujonga kubathengisi beemoto abambalwa apho sihlala khona sifumane iimoto eungileyo esele isetyenzisiwe. Ngokuqinisekileyo, ndavuma ngentliziyo yam yonke.

Siye saya kubathengisi beemoto abambalwa, kwaye ndafumana i*Dodge Caravan* elungileyo. Yayimalunga nonyaka ubudala kwaye ikwimeko entle. Ndixelele utata wam ukuba ndicinga le yile uDrenda angayithanda i*burgundry* entle, ngethemba lokuba uza kuthetha into enje, “Kulungile! Ke, masiyithenge.” Kodwa asiyiyo le nto wayithethayo. Endaweni yoko wathi, “Ndiza kukunika i \$5,000 eya ekuthengeni.” Ewe, yayisisipho esihle sokuhlawula intlawulo yokuqala, ndishiyeke ndihlawula imali eseleyo.

Ngequbuliso ndothuka ndabuya ezingqondweni. Ndandingenawo umlinganiselo wetyala onokukhuthaza nayiphi na ibhanki ukuba indiboleke imali. Kwaye ukuza kude kube ngalo mzuzu, ndiye ndakwazi ukuyifihla imeko yethu yemali kutata. Okwesibini, ndaziva ngathi andinakukwazi ukuthatha amanye amatyala.

Nangona kunjalo, ngaphandle kolunye ukhetho endazi ngalo, ndenza isigqibo esikhawulezileyo sokugcwalisa isicelo setyala. Nangona kunjalo, ndandisazi ukuyenza loo nto, kuya kufuneka ndivume imeko yam kutata kwaye bekuya kufuneka atyikitye nam. Ndingafuni ndamxelela utata ibali lonke, wathi uza kutyikitya nam imali mboleko, sayifaka. Umthengisi weemoto wandixelelela ukuba bazondazisa kusasa.

Ngokuqinisekileyo, ndandisazi ukuba ibhanki iya kuyivuma imali mboleko njengoko utata enomlinganiselo wetyala omhle. Ukuvunywa kwemali mboleko yayingeyonto yayindikhathaza njengoko ndandiqhuba ndigoduka. Kwakumele ndenze ntoni? Ndnandibhidekile kwaye ndixhelekile.

Xa ndifika ekhaya ndaxelele uDrenda imeko, naye wazi ukuba sasingakwazi ukutyikitya elinye iphepha letyala, kodwa loluphi olunye ukhetho esasinalo? Kwakunzima ukulala kuthi sobabini

ngobo busuku, kodwa ekuseni, sasiqinisekile ukuba ukuboleka imali asiyonto ekufanele siyenze.

Ke ndatsalela utata umnxeba ndambulela ngento wayeyenzile, ndamxelela ukuba asikwazi ukuthatha amanye amatyala ukuze sibe nemali yemoto. Emva koko ndatsalela umnxeba umthengisi weemoto ukuze ndimxelele ukuba asizukubuya. Bandixelela ukuba, ngokuqinisekileyo, imali mboleko yeveni ivunyiwe nokuba iveni icociwe kwaye ilungele ukuziswa. Ndababulela kodwa ndabaxelela ukuba andikwazi ukuyithatha iveni.

Ndaxhoma umnxeba, ndandinoxolo, kodwa ngaxeshanye, ndandingazi ukuba sasizakuyithenga njani imoto enkulu ngokwaneleyo ukuba usapho lwethu labantu abasithandathu ukuba bangene kuyo. Ndandinayo *icoupe* enezihlalo ezintlanu endandiyiqhubela ishishini ekwakufuneka sisebenzise yona side senze icebo. Kwadlula iiveki ezimbini, kwaye sasebenzisa *icoupe* yethu enezihlalo ezintlanu, sihamba izihladlo ezininzi xa sifuna ukuya kwindawo ethile.

Kwathi ngenye imini, ndafumana umnxeba ovela kwine uDrenda wandibana nalo kwiinyanga ezimbalwa ngaphambili. Wayekhangela izinto ezimbalwa awayeza kuzithengisa kwifandesi yezinto zakudala yabazali bakhe ababeyenza nyanga zonke eAtlanta, apho babehlala khona. Babesiza eOhio kanye ngenyanga beze kuthengela ifandesi yabo, kwaye uDrenda wayehlala ejonga nantoni awayecinga ukuba abazali bakhe baza kuba nomdla kuyo. Yayizisa imadlana eyongezelelweyo nyanga nanyanga njengoko babemnika ikhomishini yayo nantoni na awayeyifumene.

Kuye kwabonakala ukuba, uDrenda wadibana nale ndoda endaweni ethile, kwaye bancokola ngento ayenzayo nento eyenziwa yile ndoda. Wamchazela ukuba unokuba nayo nantoni

na ayithengisayo, usenokuba nomdla. Kwenzekile ke ukuba, wayephethe ikhaya elikhulu labalupheleyo, kwaye rhoqo emva kwexeshana, isiguli siya kufuna ukuthengisa izinto zaso xa sifudukela ekhayeni. Xa kungekho sapho lokunakekela izinto zendlu ababedinga ukuzihambisa, wayezigcina kwindawo yokugcina awayenayo aze ekugqibeleni azithengise.

Ndandingamazi, ke xa wayetsala umnxeba ndabhala ndamxelela uDrenda ukuba wayemtsalele umnxeba. Ukwenza ibali elide libe lifutshane, xa wayebuyisa umnxeba, wamxelela ukuba unamagumbi amathathu anemphahla zendlu kunye neezinyo izinto zasedlini ekwakufuneka azikhuphe waza wabuza ukuba wayenomdla na. Wayenikisa ngazo zonke ngexabiso eliphantsi.

Mna noDrenda sayokujonga amagumbi, kwaye nangona singakwazanga ukubona zonke izinto emagumbini, kuba amagumbi ayezele zizinto uyokufika esilingini, sabona izinto ezimbalwa esabona ukuba, zingathengiswa, wayenokwazi ukwenza imali wayezithenga ngayo. Satsalela abazali bakhe umnxeba, basithumela imali beza nelori yabo, baza bathatha yonke into baya nayo eAtlanta kwifandesi yabo yanyanga nanyanga.

Ifandesi yaba yimpumelelo enkulu, kwaye ngekhomishini yethu, bavuma ukusinika *istation wagon sePeugeot* eyayineminyaka embalwa ubudala ikwimo entle. Ngoku ndiyazi ukuba, kuninzi lwabantu ukufumana imoto esetyenzisiweyo ayinakuba sisizathu sokubhiyoza. Kodwa kuthi, ngelo xesha, yayisisihlandlo sokuqala siqhuba imoto engenantlawulo kuyo. Imoto yayisanda kupeyintwa kwaye ikhangeleka intsha kraca. Sasivuya kakhulu.

Ngequbuliso, ndandiqala ukuyibona. Ndandino-kumthemba uThixo ukuba andincede ngento endiyidingayo ngaphandle kwamatyala.

Umbono Otshintshileyo

Esinye isiganeko endaba naso neNkosi kunyaka ongaphambili, sisahlala eOklahoma ngoku sandicacela kakuhle. Xe ndijonga emva, ndabona ukuba iNkosi yayizama ukufumana ingqalelo yam, kodwa sasintyhwila ematyaleni noxinzelelo kangangokuba ngasizathu sithile, sasingayiboni into awayezama ukusifundisa yona uThixo.

Ndiyakuthanda ukuzingela, kwaye ndithanda ukuzingela amaxhama ngakumbi. Kodwa ndiyakuthanda ukutya inyama yenyamakazi ndibe nento yokubonisa ngeenzame zam zokuzingela. Njengoko kwakunjalo, ndandizingela kodwa ndingenanto yokubonisa ngayo yonke imizamo yeminyaka embalwa edlulileyo. Ndandiphuma, ndihlale ekubandeni, kwaye kudlule umhla nezolo ndingakhange ndibone nexhama. Oku kwakutyhafisa kancinci njengoko ndandineentsana ekumele ndizondle kwaye ndiqinisekile ukuba ndandinokuyonwabela inyamakazi. Nangona ndandinempumelelo kwixesha elidlulileyo, kwakusele kuyiminyaka ukususela ekubeni ndibe nempumelelo yokubamba ixhama ngexesha lawo ndaza nenyama ekhaya.

Ngenye imini, njengoko ndandiciga ngexesha lamaxhama elizayo, ndeva ilizwi leNkosi. Yathi, “Kutheni ungandivumeli ndikubonise indlela yokufumana ixhama lakho ngeli xesha lamaxhama?” Yandothuso loo nto. “Undibonise ukufumana ixhama lam?” Ithetha ukuthini loo nto?

Ndithandaza ngaloo mazwi, ndeva uMoya oyiNgcwele ucinezela kum ukuba ndihlwayele imbewu yemali okanye ndinike isipho ngenjongo yokuvuna elo xhama. Andizange ndihlwayele imali ndilindele ukuvuna ixhama ngaphambili, kwaye yayivakala ingaqhelekanga ekuqaleni. Kodwa ndeva ngokucacileyo ukuba iNkosi yayindikhokelela ukuba ndihlwayele loo mbewu ngemiyalelo

eneenkukacha ngelixa ndisenza njalo. Kwakufuneka ndibhale itsheki yemali endandivakalelwa ukuba iyakukhokelela ekuhlwayeleni. Kwakufuneka mna noDrenda sobabini sibeke izandla kuyo kwaye sibhengeze ukuba ndiyifumene inkunzi yam yango 1987 kwangoko, xa sasithandaza, kungekhona kamva xa ndiza kuvuna, kodwa xa ndithandaza.

Nangona njengomKristu, ndandihlala ndinikela kwaye ndixhasa icawe yam, ndihlwayela ngolu hlobo ngenjongo egxilileyo kwaye ndikholelwa ukuba ndiza kwamkela xa ndithandaza yayintsha kum.

Ke ndiye ndathatha itsheki ndaza ndabhala kwicandelo lememo, “Yexhama lam lango 1987.” Ndabeka izandla zam phezu kwayo kunye noDrenda, ndayithumela kubulungiseleli endibuthembileyo, kwaye ndabhengeza ukuba ndisanda ukwamkela ixhama lam njengoko ndandiyithumela. Ndathatha iphetshana ndabhala kulo umhla kunye nexesha endandikholelwa ukuba ndamkele ngalo ixhama ndalifaka epokotheni yedyasi yam yokuzingela.

Ndihlala eTulsa, Oklahoma, kumda wesixeko ngelo xesha, ngenene ndandingenayo indawo yokuzingela, kodwa umhlobo wam wasenkonzweni wandimema ukuba ndiye kwikhaya likamakhulu wakhe ezilalini ngomhla Wokubulela; waza wathi kukho amaxhama ambalwa eplasini.

Ke usapho lwam lwasingisa eplasini ngentsasa yangoMhla Wokubulela ukonwabela usuku oluhle lokutya kunye nobudlelwane kwaye ndifumane ixhama lam. Umhlobo wam wayengazi ncam ukuba ndiye phi, kodwa kwakukho idlelo elijikelezwe ziinkuni kuloo ndawo, kwaye wacebisa ukuba ndiye edlelweni ndiyokuhlala ecaleni komthi omkhulu owawulapho.

Ngoku, ndifuna ube nalomfanekiso. Njengoko ilanga lalithe chu likhanyisa indawo endingqongileyo, ndabona ukuba ndandihleli

kumbindi wentsimi yehabile echetyiweyo enomthi omnye omkhulu phakathi kwayo. Ndaziva ndikwindawo engalunganga kwaphela njengoko ndandisazi ukuba akukho xhama lizihloniphayo liza kuzibonakalisa ndihleli entsimini yehabile elivulekileyo.

Ndathi ndisaphakama ndisiya ngasehlathini, elimalunga neeyadi eziyi 130 phambi kwam, xa ndisiva intshukumo ehlathini ecaleni kocingo olusekhohlo kum. Ndandisiva amagqabi eshukuma emgameni, ndaqonda ukuba lixhama.

Ngeqbuliso, kwavela amathokazi amathathu ehamba phakathi kwehlathi ngasecingweni. Ndiwabone nje kancinci njengoko ayedlula ehlathini. Amaxhama ayekude kakhulu, kodwa yandenza ndema ndalinda imizuzwana embalwa ngaphambi kokuba ndiye emahlathini apho ndandisiva ukuba amaxhama ayesiya khona. Ngoko ke ndingazi, inkunzi yayibaleka inqumla ibala emva kwam iqonde ngqo kumthi wam.

Ndandikwelinye icala lomthi njengoko inkunzi yayinqumla intsimi isiya ehlathini eliphambi kwam, kwaye zange indibone. Inkunzi yabaleka yaya emthini, yalibamba ivumba lam, kwaye yema yangxola, nto leyo yandodusayo. Ndithe xa ndijonga ngasekunene kwisandi esithe gqi ngeqbuliso, ndoduswa kukubona inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu ijonge kum kwiiyadi ezintlanu kum. Ngeqbuliso, inkunzi, iqonda ngoku ukuba kuqhubeka ntoni, yabaleka ngesantya esiphezulu isiya emahlathini ngeemitsi emikhulu.

Ngoku, ndizama ukubamba inkunzi enomsila omhlophe eyayibaleka ngesantya esipheleleyo oneelensi ezandisayo akukho lula, ndandisazi ukuba ndiza kudubula kanye kuphela phambi kokuba ingene emahlathini. Kwakungekho ndlela endinokuthi ndikwazi ngayo ukugxila exhameni elalitsiba imitsi emikhulu. Ngeeyadi eziyi 20 kuphela ngaphambi kokuba ixhama lingene

ehlathini, ndadubula. Ekudubuleni, inkunzi yawa kwaye ayizange ishukume. Ndandothukile! Ngaba le nto yenzekile ngokwenene? Yonke into yenzeka ngokukhawuleza! Ndaphakama ngokuchothayo ndaya apho inkunzi yayilele khona. Ndakhawuleza ndathatha iphepha epokothweni yam ndaqalisa ukubulela uThixo ngexhama.

Ekuveni isithonga sompu, umhlobo wam waphuma wavuyisana nam ngexhama njengoko wayelibona lilele apho. Khange ndimxelele umhlobo wam into eyathethwa yiNkosi kum malunga nendlela yokwamkela ixhama lam, kodwa ngoku ndamjonga ndathi, “Andicingi ukuba eli xhama li ngenxa yobuchule bam bokuzingela.” Ndiye ndatsala iphepha, endandibhale kulo mhla ndathumela la tshekhi, kwidyasi yam yokuzingela. Lathi nje, “Ndikholelwa ukuba ndiza kwamkela ixhama lam lika 1987, egameni likaYesu.” Ndandinosuku kunye nexesha endithandaze ngalo umthandazo. Ndaphakamisa iphepha ukuze umhlobo wam alibone ndaza ndaqalisa ukumxelela ngale nto iNkosi yathi mandiyenze.



Esi siganeko sabamba ingqalelo yam. Ndandisazi ngaphandle kokuthandabuza ukuba yayinguThixo. Kodwa ngasizathu sithile,

**ESI SIGANEKO
SABAMBA INGQALELO
YAM. NDANDISAZI
NGAPHANDLE
KOKUTHANDABUZA
UKUBA YAYINGUTHIXO.**

ndandingekayidibanisi. Umbono womthetho woBukumkani kunye nento eyenzekayo ngexhama ichaphazela imali yam yayingekafiki kum. Ukufumana ela xhama kwakumangalisa, kodwa ngaba yayizakwenzeka kwakhona? Ngaphandle kombono womthetho woBukumkani, bendingasoze ndazi indlela okanye yintoni eyabangela ukuba ixhama livele.

Kodwa ndandinomdla wokuvavanya kwakhona ngexesha elizayo lamaxhama.

Ukholo Lusebenza Ngalo lonke Ixesha

Ixesha elilandelayo lamaxhama lazisa utshintsho njengoko safudukela eOhio sisuka eTulsa. Ie ntshukumo yavele ngenye imini xa ndandibaleka. UMoya oyiNgcwele wathetha nam wathi lixesha lokufudukela eOhio, kwaye apho ndiza kwenza umsebenzi wam wokuphela-kwexesha.

Ngelo xesha ndandihlala eTulsa iminyaka engamashumi, kwaye ndandiyithanda iTulsa, kodwa ndandingenokuvuya ngakumbi ndisazi ukuba ndiyahamba. Ukudodobala kweoyile okuthe kwenzeka kunyaka ongaphambili kwachaphazela iTulsa kakhulu njengoko uqoqosho lwayo lwalusekelwe kwioyile. Imeko yethu yemali yaba mbi kakhulu, kwaye sazifumana singenako ukuziphilisa. Isiqalo esitsha yayiyinto endinokuba nemincili ngayo.

Ndandingazi ukuba iminyaka elithoba ezayo izakuzisa uxinzelelo lwezemali olungaphaya koko sakubona eTulsa.

Safudukela eOhio ehlotyeni, kwaye ndandijonge phambili kwinto iOhio yayisiphathele yona. Safumanisa ngokukhawuleza ukuba ukuqala ishishini kwakhona nokuhamba nawo onke amatyala ethu ukuya eOhio kwakunzi makakhulu.

Ke, ixesha lamaxhama lalisiza kananjalo nokuzalwa komntwana wethu wesithathu, uTom. UTom wazalwa ngosuku lwesibini ngexesha lamaxhama, ngoko ke ngokucacileyo, ndandingenalok ixesha lokukhangela kusiza umntwana siqala neshishini kwakhona. Ndandisazi ngendawo enye kuphela yokuzingela.

Ngaphaya kwesitrato kwikhaya endakhulela kulo, kwaye ndandinomgca womgibe ndisesesikolweni samabanga aphakamileyo. Umhlaba wabazali bam wawunechibi kuwo, elalifumana amanzi kumlambo omncinane owawunqumla eplasini labamelwane ukuze aye echibini lethu. Kuya kufuneka ndivume ukuba nangona ndawuhamba lomlambo iminyaka ndisakhula, andizange ndilibone ixhama okanye impuphu yexhama kuloo mhlaba. Kodwa ndiyakhumbula ndisesekholejini ndifumana umnxeba owayevela kumninawa wam owandixelela ukuba wayesothuswe kukubona ixhama pha ngenye imini nendlela wayeceba ngayo ukuzingela khona kwikwindla elandelayo. Sobabini sasimangazekile. Ndayigcina engqondweni yam loo ncoko, ngelo xesha yayiminyaka elithoba okanye elishumi ngaphambili.

Ndayikhumbula kanye indawo wayethe wabona ixhama kuyo, kuba ndandiwuqhele kakhulu umlambo. Wathi wabona ixhama apho umlambo wahlukana khona apho umthi omkhulu *wemaple* wayeme khona. Emva koko wandixelela ukuba kukho umthi omncinci *wemaple* ecaleni kwalo umkhulu, kwaye wafumanisa

ukuba unokusebenzisa lo mthi umncinci ukukhwela kulo mthi umkhulu, wayecinga ukuba ingaba yindawo entle yokuzingela amaxhama kuyo.

Ke, umninawa wam akanzange adubule ixhama kulo mlambo, nangona wathi waphosa elinye kanye. Kodwa akazange abuyele khona eminyakeni, ngoko ndandingazi ukuba umthi wayesekhona nokuba ndingawufumana ebumnyameni ngentseni ndaniceba ukuzingela ngayo.

Ukwenza izinto zibe nzima kancinci, iOhio yayinomthetho *weshotgun* kuphela. Imipu yayingavunyelwanga ngexesha lamaxhama, kuphela iimbumbulu ezivela kwishotgun. Ndandine 20 *gauge* enemingxuma emibini kuphela ngelo xesha kwaye ndandingenathemba lokuba ndingacana ixhama ngayo ngaphandle kokuba ndikwiiyadi eziyi 20 kulo. Kodwa kuko konke ndandinako ngelo xesha, ngoko yayilicebo lam elo.

Mna noDrenda sahlwayela imbewu yethu, sabeka iizandla phezu kwetsheki ngendlela efanayo esenza ngayo kunyaka odlulileyo, kwaye ndabanga ixhama ngokutsho kukaMarko 11:24. Ukwenza ibali elide libe lifutshane, ngosuku lwesine lwexesha lomphu eOhio, usuku lwam lokuqala ndiphumile, ndavuna ithokazi nenkunzi, zombini ndidubule kwiiyadi eziyi 75 into eyayingaphaya kwamandla am ngeshotgun *enesmooth bore*. IOhio yayinomda wamaxhama amabini ngelo xesha, yiyo loo nto ndavuna amaxhama amabini ngaloo nyaka. Kunjalo, ndafumana amaxhama am amabini ngemizuzu eyi 40.

Kwakhona, ndandisazi ukuba kukho into endiphezu kwayo. Kodwa ngeli xesha lokuvuna amaxhama, imeko yethu yemali yayimbi kakhulu, kwaye uxinzelelo lwalusixakile. Ngokwenene ayizange ithi qatha kum into yokuba ndisebenzise lo mgaqo ufanayo emalini yethu.

“Iziganeko” Ezizenzekeleyo ezininzi Kakhulu

Ubusika bokuqala neenyanga ezilandelayo eziyi 12 eOhio zazimbi njengoko ndandilwisa iingxaki ezinzulu ezingokweemvakalelo, ukuhlaselwa luloyiko, noxinzelelo, njengoko ndiye ndabelana kwintshayelelo yale ncwadi.

Yayiyinyanga yeNkanga elandelayo, kanye ngaphambi kwexesha lamaxhama, apho iveni yatsha yaphela. Nangona ndandisibonile isivuno samaxhama esimangalisayo kumaxesha onyaka amabini adlulileyo, ndandingenaso isityhilelo soBukumkani. Ngokutsha kweveni kunye noThixo ethetha nam ngoBukumkani, ndiye ndaqonda ukuba kukho okungakumbi kula mabali kunokuba ndandicinga kuqala. Ndaziva ndikhuthazeke kakhulu, kodwa nangelo xesha, ndandingenambono womthetho woBukumkani.

Ixesha elilandelayo lamaxhama lafika, kwaye ndalifumana ixhama lam kwimizuzu eyi 40 kwakhona, kanye njengesiqhelo. Saqala ukubona uBukumkani busebenza nakwimali yethu, into endiza kuthetha ngayo ksisahluko 2. Kodwa kuyo yonke loo minyaka yokuqala, ndandibona izinto ezimangalisayo.

Ke, uThixo kwakubonakala ehlala endifundisa into entsha xa kuziwa ekuzingeleni kwam amaxhama. Ndicinga ukuba isizathu kukuba ixesha lamaxhama lingokuvuna, kwaye lenzeka ngexesha elilawulwayo nelincinci kakhulu. Ixesha lemipu eOhio lidla ngokuvulwa iiveki ezimbini kuphela. Ngexesha lokuvuna elincinci, awufuni ukuchitha ixesha. Abaninzi bachitha iiyure bekhangelala

**ENYANISWENI, UTHIXO
UYA KUSEBENZISA
NANTONI NA
UKUFUMANA
INGQALELO YAKHO.**

kwaye belungiselela elo thuba leeveki ezimbini. Ke oku kwenza *ilaboratory* entle yokufunda ngoBukumkani.

Ke waxolele onke amabali okuzingela amaxhama, kodwa aye baluleke kakhulu kum. Atyhile imithetho efihlakeleyo endingayi kuyibona ngenye indlela. Enyanisweni, uThixo uya kusebenzisa nantoni na ukufumana ingqalelo yakho. Wasebenzisa ukuloba ukufumana ingqalelo kaPetros, Yakobi, nekaYohane kwisahluko sesihlanu sikaLuka ngoku babamba iintlanzi ezininzi kangangokuba imikhombe yabo yafuna ukutshona. Kwenzekile ke kwimeko yam ukuba asebenzise ukuzingela amaxhama.

Emva kokuba uThixo ethethe nam ngoBukumkani kwigumbi lam lokulala ngalo mini, kwaye emva kokubona iveni isitsha kwaye ndakhumbulu ukuzingela amaxhama, nendlela uThixo wavula ngayo umnyango ukuze sifumane *istation wagon* sethu ngaphandle kwetyala, sasiyiqonda. Mna noDrenda sasingenile.

Ndaqala ukufunda iBhayibhile ngendlela entsha. Ndazibiza ngokuba ndiyinzululwazi yomoya. Ndaqala ukubuza imibuzo. “Kwakutheni ukuze yenzeke?” “Kwakutheni ukuze ingenzeki?” ndandijonge ngokusondeleyo imikhondo yemithetho yomoya esemva kwamabali ndandiwafunda eBhayibhileni.

UThixo waqhubeka endibonisa izinto, wasebenzisa ukuzingela amaxhama ukundibonisa ngakumbi ngoBukumkani. Eli bali lilandelayo layibamba ngenene ingqalelo yam. Yayiyenye yala mizuzu ithi “Uyibonile loo nto?”

Yayingokuhlwa kwe*Halloween*, kwaye ndandineemizuzu eyi 45 de usapho lwam lihambe liye ecaweni ukuya kwitheko esasilibambe njengenye indlela yokubhiyozela kuleyo iqhelekileyo yeedemon.

Mna noDrenda sahlwayela imbewu yethu ukuze sifumane inkunzi, sabeka izandla zethu phezu kwetsheki, sayithumela

kubulungiseleli esasikholelwa ukuba uThixo usibonise bona, sathi ukuba igqityiwe njengakuMarko 11:24 iiveki ezimbalwa ngaphambili. Yayiza kuba lixesha lam lokuqala ukuphuma kwelo xesha lonyaka, kwaye ndandizingela ngesaphetha kumhlaba sasiwuqeshile.

Nangona ndandingenalo ixesha, ukusukela uThixo wandixelela ukuba ndizingele njani ngokholo, ndandidla ngokufumana ixhama lam phakathi kwemizuzu eyi 40, ndiye ndeva ukuba laliza kusondela kodwa ndandinalo ixesha lokufumana inkunzi yam. Ngolu suku luthile, ndaya kwiqonga lam lomthi emva kweenkuni ezazisemva kwendlu yaseplasini ndakhwela phezulu. Ndandingekafiki ngaphaya kwemizuzu eyi 10 xa ndabona inkunzi emalunga neeyadi eziyi 200 ukusuka kum isiya kwihlathi lommelwane wam. Ndandisazi ukuba yayiyinkunzi yam kodwa yayisiya kwenye indlela!

Yayingunyaka wesibini lo ndizingela ngesaphetha, kwaye ndandingazi kangako ngako. Ndandinganxibanga iimpahla zokuzifihla, ndandingenayo into yokwenza isandi sexhama, kwaye ndingazange ndeva ngokusebenzisa amavumba ukutsala amaxhaba. Iqonga lam lomthi yayiyibhodi endandiyibethelele phakathi kweziikhondo ezimbini iinyawo eziyi 12 kuphela ukusuka emhlabeni, ethi ukuba uyazi ngokuzingela ngesaphetha kwiqonga lomthi, aliphakamanga ngokwaneleyo. Kodwa kunyaka ophambili, unyaka wam wokuqala wokuzingela ngesaphetha, ndavuna amaxhama amabini izihlandlo ezimbini endandihambe ngazo ndisebenzisa ukholo lwam, kwaye zandingalindelanga nto eyahlukileyo kulo nyaka.

Ndithe ndisajonge inkunzi isiya kwelinye icala, ndandingazi ukuba ndithini na, ke ndaqalisa ukuthandaza. Ngequbuliso, ndeva uMoya oyiNgcwele uthetha nam. Wathi, “Xelesa inkunzi ukuba ize kuwe.” Yandothusa kancinci loo nto. Ndixelele inkunzi ukuba

ize kum? Ndandisazi ukuba ndandingena kukhwaza, ngoko ndathi ngelizwe lencoko, “Xhama yima! Jika, uze ume phantsi komthi wam.” Ayikholeleki, ne? Ndingenanto yokwenza isandi sexhama. Kodwa umzuzu ndithetha loo nto, inkunzi yema, yajonga macala omabini, emva koko yajika yeza yaqalisa ukuhamba iiyadi eziyi 200 isiza ngakum. Nangona amahlathi endandikuwo ayiziyadi eziyi 400 ububanzi, inkunzi yeza ngqo emthini wam, yema ngqo phantsi kwawo, yema ngxi.

Ngokuqinisekileyo, ndandingena kuliphosa elo xhama. Wowu! “Ndisanda kuyibona loo nto?” Ixhama lawa phantsi kwam ngesithonga esinye. Ndajonga iwotshi yam ndaqonda ukuba ndiza kufika ethekweni, kwakungcono ndilishiye apho ixhama de ndibuye ndilithathe ndilibeke kwindlu engaphandle. Kuza kufuneka ndivume ukuba ndiye ndacinga ngento endayibonayo iiveki ezimbini emva koko. Kodwa uThixo wayengagqibanga ukufumana ingqalelo yam.

Iplasi esasiliqeshile lalinomlambo ohambo kulo namahlala amaninzi ecaleni kwayo. Nemivundla yayizingekela kakuhle. Ngolu suku luthile, kwakuwe ikhephu ebusuku, kwaye ikhephu lalihlala likwenza kube lula ukubona imivundla. Ndandingakwazi ukuzibamba, ngoko ke mna nonyana wam uTim sasihamba ezantsi komlambo, sikhaba iimfumba zamahlala njengoko sasihamba, kwathi ngequbuliso, inkuku *yepheasant* yabhabha iphuma emahlahleni.

IOhio yayingenalo ixesha leepheasant, kodwa andizange ndibone ipheasant eplasini, mhlawumbi enye ngonyaka. Ke, xa le ibaleka, ndandivuyela ukudubula enye. Ndithe ndisadubula, intaka yawa kodwa yabetheka phantsi ibaleka. Kwangoko ndayazi into endiyenzileyo. Ndayidubula ephikweni. Intaka yayibaleka ngamandla inyuka induli isuka emhlanjeni, kwaye inkuku

yepheasant inokubaleka ukufika kwiimayile eziyi 35 ngeyure. Ke, ngekhophu, yayingabaleki ngokukhawulezayo kangako, kodwa yayikhawuleza.

Kuba umlambo wawusezantsi entlambo ende, ndandibona isquare ngasinye senduli. Induli yayisetyenziselwe ukukhulisa ingca kunyaka odlulileyo, ngoko ke yayithe tyaba kakhulu inengca nje apho nalapho.

Njengoko intaka yayibaleka ngesantya inyuka induli, ndandisazi ukuba akukho ndlela endandinokuyibamba ngayo, kwaye ndandin-gafikeleli kuyo ngeshotgun yam. Kodwa ngequbuliso, ndakhumbula inkunzi, indlela eyaza ngayo kum xa ndithethile. Ndiye ndakhwaza, “Pheasant, YIMA!” kwangoko emva kokuba nditshilo, ipheasant yaduka. Ndandiyibona ngokucacileyo, induli yonke, eyayigqunywe likhephu, kukho ingca evele nje apho nalapho phezu kwekhophu, ukanti yayingekho. UTim wakhwaza, “iyephi, Tata?” Ndaphendula ndisithi, “Andiyazi.”

Ke saqala ukulandela umkhondo wayo sinyuka induli, sayibona ihleli apho intloko yayo encinci ingene phantsi kwekhophu. Ndacinga, “Ke, ndiyidubule yabaleka yade yafa?” Ndahlisa isandla sam ndabamba intaka, yangxola, iphaphazela amaphiko, iyipheasant yasendle. Yayiphila! Ngobo busuku xa ndandiyixhela intaka, ndayijonga kakuhle. Kwakungekho ziimpawu zeepellet kule ntaka, kodwa ndabona apho ndiyidubule khona ephikweni lasekunene. Ke intaka yayiphila kodwa yema umzuzu ndakhwaza, “Yima!”

Ewe, Nkosi, unayo yonke ingqalelo yam!

ISAHLUKO 2

INDLELA ENTSHA YOKUCINGA

Njengoko mna noDrenda sasiqala ukubona uBukumkani busebenza ebomini bethu, sasingakwazi ukuyeka ukuxelela abantu ngabo. Sasisazi ukuba sikwindlela enika imincili yokufumanisa nokukhululwa. Ndandisathengisa i *insurance* kunye nezibambiso, kodwa ndeva ngathi kukho into etshitshayo. Ndandingazi ukuba yintoni, kodwa ndandisazi ukuba kukho iimpendulo zezimali zam kanye njengoko ndandibone ekuzingeleni kwam amaxhama nanjengoko ndandibonile ekufumaneni kwam *istation wagon* esisetyenzisiweyo. Ndandisazi ukuba ndidinga okungaphazulu nje kokuba *nestation wagon* esisele sisetyenzisiwe, nangona ndandin- emincili ukuba naso.

Ndandisenamatyala amaninzi ngelishesha leballi lethu. Ndandifuna ukukhululeka ematyaleni kodwa ndandingazi ukuba nditshintshe ntoni. Nangona ndandingazi ukuba nditshintshe ntoni, ndandiqinisekile ukuba ndiza kufumanisa. Ndandisazi ukuba ndiyifumene impendulo yam, kodwa kwakhona, kwakufuneka ndifunde ngakumbi ngendlela yokufumana imifanekiso endiyibone

eBhayibhileni ukuba ibonakale ebomini bam. Ishishini lam, njengoko lalimile ngelo xesha, lalingakwazi ukumelana neendleko zethu zokuphila. Kodwa oko kwakungcono kunokuba kwakunjalo xa sasingena ematyaleni nyanga nanyanga.

Mna noDrenda saqhubeka sifunda iBhayibhile nokukhangela imikhondo engakumbi ngomsebenzi woBukumkani. Sahlwayela imali yethu ukuze sifumane imali esiyidingayo.

Ke ngobunye ubusuku, ndaba nephupha. Ephupheni, ndabona umbungu urhubuluza kancinane kwisiqu sesityalo.

Emva koko warhubuluza phezu kwesiqu waza waluka iqokobhe. Ngequbuliso, kwaphuma ibhabhathane elihle, elathi labhabha lemka. ILizwi liye lathi, “Liya kuba njalo ishishini lakho.”

Ndavuka ndaqonda ukuba lithetha ukuthini eli phupha. Umbungu unokurhubuluza kuphela kwaye ulinganiselwe kakhulu kwindlela ophila ngayo ubomi bawo, ngokwesiqhelo uhlala kwisityalo esinye ubomi baso bonke. Kodwa kwenzeke utshintsho olutshintsha amandla nobomi bonke bombungu. Izitshintsha ibe libhabhathane, nto leyo elivumela ukuba libhabhe naphi na apho lifuna ukuya khona. Amanye, njenge*Monarch*, anokubhabha amawaka eemayile ukuze aphephe iinyanga zobusika kummandla osemantla we*hemisphere*. Nangona ngexesha lephupha ndandingazi ukuba kuza kwenzeka olu tshintsho, ndandisazi ukuba uThixo wayendibonisa ukuba luza kwenzeka. Ndakhuthazeka.

Into Endiyifumanisileyo Emangalisayo

Njengokuba yayisisiqhelo ukusukela oko sabuyela eOhio, ndandisenza iminxeba eyi 90 ngosuku ekuseni. Ndingqwenela ukuba bendinokuxelela ukuba ndandinenkqubo esebenzayo yokwenza

oku, kodwa enyanisweni, ndandijonga incwadi yomnxeba yonke imihla (oku kwakuphambi koLuhlu Leenombolo Ongenakuzit-salela uMnxeba).

Kuba ndandingusekela mongameli wengingqi kwinkampani ndandiyisebenzela, owona msebenzi wam yayikukuqesha nokuqesha abathengisi abatsha. Ndanditsala umnxeba ndithi ukuba inkampani yam iyanda eOhio, kwaye ndanditsala umnxeba engingqini ukuze ndibone ukuba bazi nabani na onokuba nomdla. Ixesha elininzi, ndandifumana umatshini wokuphendula kwaye ndishiye umyalezo. Ukuba babenomdla, babebuyela kum. Ngokutsala iminxeba eyi 90 ngosuku, ndandilinde ukumisa udliwano ndlebe olubini ukuya koluthathu nokuthengisa okunokwenzeka.

Ndadibana noDave ngale nkqubo. Ekuthetheni naye emnxebeni, wavakalisa umnqweno wakhe wokufumana ikhondo elitsha lomsebenzi kwaye wayenomdla wokubona into endingamnika yona. Ndathi ndizakuya ekhayeni lakhe ngobo busuku, wathi kulungile. Ndithe xa ndihlala naye phantsi nenkosikazi yakhe, ndaqalisa ukubuza yonke imibuzo eqhelekileyo ngendawo asebenza kuyo ngoku, nokuba kutheni efuna ukutshintsha umsebenzi, nokuba bame phi ngokwemali. Ndandiqhele ukubuza abantu abanokuba ngabaqeshwa ngemeko yabo yemali ukuba enyanisweni, begqibe kwelokuba abanawo umdla kwinkampani, bendiye ndijongane nomntu njengentengiso enokubakho. Ngoko ke ukuqokelela iinkcukacha zemali kwakundivumela ukuba ndibe nofifi lokuba banokucinga ngokufumana i *insurance* engakanani nokubona ukuba zeziphi ezinye iimveliso ze*insurance* abasele benazo.

Ndamangaliswa kukuba, ngoxa sasincokola ngemeko yabo yemali, unkosikazi waqalisa ukulila ngenxa yokuphelelwa lithemba.

Imeko yabo yemali yayihlangahlangene, kwaye babengazi ukuba benze ntoni okanye batshintshe ntoni. Ndaqonda ukuba ingxaki yabo yayingeyo *insurance*. Babedinga ukunyusa imali yabo kwaye baphume ematyaleni, ke ndiye ndakhankanya uBukumkani bukaThixo nendlela mna noDrenda sasifunda ngayo ukuba busebenza njani. Ndabaqinisekisa ukuba ndiza kwenza konke endinako ukwenza ukubanceda kwaye ndiza kudibana nabo ngeveki ukuze sixoxe ngalo naluphi na utshintsho abanokuthi bafune ukulenza.

Njengoko ndandibuyela eofisini, ndahlala phantsi edesikeni yam ngequbuliso ndaba nombono.

Ndandiza kuphanda iinketho zayo nayiphi na imveliso okanye inkonzo abayisebenzisayo ngethemba lokufumana inkonzo efanayo ngexabiso eliphantsi. Injongo yam yayikukubona ukuba yimalini endinokuthi ndikwazi ukuyikhulula ukuze bayisebenzise ekunciphiseni amatyala. Oku kwakungeentsuku zangaphambili kweintanethi, ngoko lonke uphando lwam kwakufuneka ndilenze ngencwadi enenombolo zomnxeba (*Yellow Pages*) nokutsala umnxeba.

Emva kweveki, ndandijonge ixabiso layo yonke imveliso okanye inkonzo ababeyisebenzisa kwaye ndandimangaliswe yinto endiyifumeneyo. Ngokulungisa ngokutsha okanye ukutshintsha abathengisi babo bangoku ngabathengisi okanye iinkampani ezingaxabisi kakhulu, ndakhulula ngaphezu kwe \$600 ngenyanga emalini. Ndiye ndathatha isibali sam sezemali ndasebenzisa imali ekhululiweyo kumatyala abo angoku kwaye ndacofa iqhosha lokubala.

Njengoko amanani ayevela kwiscreen, ndahlala apho ndimangazekile. Ngokuqinisekileyo, ndenze impazamo kwenye indawo. Ubalo lwam lubonise ukuba esi sibini sinokuphuma ngokupheleleyo ematyaleni kwisithuba esingaphantsi kweminyaka esixhenxe, ukuquka nemali mboleko yendlu, ngaphandle kokutshintsha

umvuzo wabo. Ndiye ndacinga ukuba, *ayinakwenzeka*. Ngoko ndiye ndasebenza amanani kwakhona ngeziphumo ezifanayo.

Ndiye ndaya kwidrowa yeefayile ndakhupha iifayile ezimbalwa zabanye abathengi bam ndaza ndasebenza ngazo ngalo veki. Kanye njengomthengi wam wangoku, bonke babenokuphuma ematyaleni ngokupheleleyo kwiminyaka emihlanu ukuya kwesixhenxe, ukuquka nemali mboleko yendlu, ngaphandle kokutshintsha umvuzo wabo. Ukuba oku bekunokwenzeka, kwaye ngoku bendisazi ukuba kunokwenzeka, kwakutheni kungekho mntu okhwaza le nto kumntu wonke? Ndachwetheza iphepha leenkukacha ndisenzela umthengi wam elibabonisa indlela abanokuphuma ngayo ngokupheleleyo ematyaleni ngaphantsi kweminyaka esixhenxe. Ndandinemincili yokudibana nabo kwakhona kwaye ndibabonise into endiyifumeneyo, kwaye ndandinomdla wokuba baya kulifumana njani ulwazi lwabo.

Njengoko ndandihleli phantsi noDave nomfazi wakhe, ndajonga amanani into enye ngexesha ndichaza ukuba imali ingakhululwa njani. Ndifihle iziphumo zokugqibela ngabom de ndadlula ngokupheleleyo kuyo yonke into enokukhulula imali. Kwintetho yam yonke, abathengi bam bahlala apho phantse bothukile. Ngokwembono yabo, kwakungekho mali kwaye kungekho ndlela yokuphuma ematyaleni-nanini na! Xa ndiguqula iphepha lokugqibela, ndityhila ukuba banokukhululeka phantsi kweminyaka esixhenxe, ukuquka nemali mboleko yendlu yabo, ngequbuliso, umyeni waxhuma eneenyembezi emehlweni akhe. Wayenemincili. Bobabini ngoku babelila beneenyembezi baza bandibulela bengayeki ngokuza. Ndiye ndachitha ixesha elithile ndisabelana nabo ngako konke uThixo wayendityhilele kona noko ndandikufundile ukufika ngoku ngoBukumkani bukaThixo. Bamamela ngandlebe zonke!

Andizange ndenze nepeni enye kulo mthengi, kodwa andizange

ndonwabe kangaka nomthengi, kwaye ngoku ingqondo yam yayijikeleza isigidi seemayile ngeyure. Ndandifuna ukwenza lento ndiyenzele wonke umthengi endidibana naye, kwaye ndacela ubulumko eNkosini ngendlela yokwenza imali ngenkqubo. Ndandisazi ukuba le iya kuba yimodeli yam entsha yeshishini ukuba ndingafumana indlela yokwenza nayiphi na imali ndiyenza. Emva kovavanyo neempazamo, siye safumana indlela yokunika izicwangciso zethu simahla kuye nabani na othe wabuza kwaye nakanjalo sizise imali kwishishini lethu ngenkqubo yokuthumela esiyiyilileyo. Yayilunge kakhulu ukuba ikholeke, kwaye mna noDrenda sasineemincili.

Ndandisazi ukuba olu lutshintsho endandilibone ephupeni. Nangona ndandisazi ukuba sikwinqanaba leqokobhe lephupha, ndandikulungele ukubhabha! Ininzi into ekwakufuneka ndiyifunde ukuze ndibhabhe nyani, kodwa ndandisazi ukuba ndisendleleni eyiyo.

Samisa inkampani yethu entsha sayibiza ngokuba yi*Faith-Full Family Finances* kuba sasisazi ukuba ngokholo; imali yakho iya kuhlala igcwele; kwaye lowo yayingumyalezo esasifuna ukuwudlulisa nangaphezulu kuneempendulo zemali ezinikiweyo. Saligcina elo gama ngaphezu kweminyaka eyi 20 kodwa saqonda ukuba elo gama ngokucacileyo yayiligama lobuKristu, kwaye sasifuna ukufikelela kwaban-gakholwayo abangakumbi, ngoko sagqiba kwelokuba sitshintshe igama lethu libe yi*Forward Financial Group*, elililo namhlanje. (Ke, sisenza ezo zicwangciso zamatyala ezisimahla nokunceda baphephe umncipheko wentengiso kwiiakhawunti zabo zomhlala phantsi. Ungafikelela kwi*Forward Financial Group* ku 1-(800)-815-0818 okanye kwi intanethi ku Forwardfinancialgroup.com.)

Nangona sasisematyaleni amakhulu ngexesha lokusungula inkampani yethu, sasisazi ukuba sasisendleleni eyiyo. Inkampani yaba

yimpumelelo enkulu, kwaye mna noDrenda saphuma ematyaleni kwiminyaka emibini enesiqingatha. Andinako ukuxelela indlela endandivuya ngayo! Ngequbuliso, ubomi bethu babungalawulwa kukuphila, kwaye nombono waqala ukucela ngaphakathi kwethu.

Ukuhlawula imali ngemoto entsha kwakumangalisa. Ukuthenga nokuhlawula imali ngeehektare eziyi 55 zowona mhlaba umhle eOhio kwakungenakuthetheka. Ukwakha ikhaya lethu lamaphupha ezisquare eziyi 7,700 kwaye libe lihlawulelwe kwakungaphaya kokungakholeki! Andisokuze ndilibale ndime apho noDrenda sibukele kugronjwa igumbi elingaphantsi kwekhaya lethu elitshsa. Igumbi elingaphantsi lalilikhulu kunayo yonke indlu encinci yaseplasini esasihlala kuyo. Sime apho sobabini iinyembezi zisehla ebusweni bethu sibukele loo nto. Sibukele iminyaka elithoba yesihogo Emhlabeni isiwa emva kwethu. Sisazi ukuba izinto azinakuze zifane. Safumana uBukumkani bukaThixo, kwaye ngoku sisazi isizathu sokuba zibizwe iindaba ezilungileyo ngumprofethi uIsaya.

UMoya weNkosi uYehova uphezu kwam; ngenxa yokuba uYehova endithambisele ukuba ndishumayeze amahlwempu iindaba ezilungileyo.

—UIsaya 61:1

Ukunyaniseka, mna noDrenda kwakufuneka sizitswebe ngokuphindaphindiweyo kuba izinto ezimangalisayo zazisenzeka. Ukuphuma ngokupheleleyo ematyaleni kwakukhe kwaba liphupha elingenakwenzeka, kodwa ngoku kwakusenzeka ngokwenene!

Mamela, andilunganga kangako! Uyibonile indlela izinto zazingayo. Ndayizama ngendlela yam iminyaka kwaye ndasebenza nzima ndingenanto ngaphandle kwentliziyo ebuhlungu noxinzelelo.

Ndandifunda ukuyenza ngendlela kaThixo, kwaye yayisebenza. Kwaye yiyo loo nto ufunda le ncwadi, ukuze ufumanise into endiy- ifumeneyo, kwaye uza kufumanisa. Kodwa kuqala kufuneka uqonde ukuba ndandingene kwinkqubo entsha, uBukumkani obutsha, kunye nendlela entsha ngokupheleleyo yokuphila. Le yimpendulo yakho. Le yimpendulo oyidingayo. Ezi ziindaba ezilungileyo obuzilindile. Ndiyazi, ndiyazi, icawe yakho ayizifundisi ezi zinto. Ke, neyam yayingenzi njalo, kodwa yonke ipha eBhayibhileni.

UThixo Ulungile—Ngamaxesha Onke

Ke mandinike eyona nto inkulu ekuqondeni into endiy- ithethayo—lahla inkolo! Lo ayingomba wenkolo. Imalunga noThixo, nento afuna ukuba ube nayo, nokuba ulihlawule njani ixabiso ngoYesu ukuze akunike uBukumkani. Ke, masigrombe kuBukumkani kwaye sifumanise ukuba busebenza njani.

Njengoko mna noDrenda sasiqala ukubona uBukumkani bukaThixo busenenza ebomini bethu, amaxesha amaninzi, sothuswa yinto esayibonayo. Siye saqonda ukuba uninzi lwamakholwa aluyazi indlela obusebenza ngayo.

Umzekelo, ndisanda kufunda isihloko somntwana oneminyaka esixhenxe ubudala osweleke etafileni yokuhlinza ngexesha lokukhupha *iitonsils*. Nangona yayiluhlinzo oluxhaphakileyo kakhulu noludla ngokukhuseleka kakhulu, intliziyo yakhe yema ngexesha lohlinzo, isiphumo esibuhlungu kakhulu. Ndinga ukuba zonke iintliziyo zethu zaphfumla kancinci ukuva nje ukuba kwenzekile. Nangona, isiganeko sasibuhlungu, kwakukho enye inxalenye ebuhlungu yebali eyayinokuchaphazela olu sapho ubomi balo bonke. Mandicaphule into eyathethwa ngutata kwintatheli, ndiyacaphula apha.

“Awuqondi ukuba kutheni ezi zinto zisenzeka, kodwa siyazi ukuba sisicwangciso sikaThixo. Kwaye yiloo nto kuphela enokusenza sigqithe, kuba siyazi ukuba yayinguThixo.”³

Ndivumele ukuba ndicaphule kwakhona uAaron Rodgers iqarterback yeGreen Bay Packers, ibali lakhe lavela nge 22 yenyanga yoMqungu, 2020 kwi*People magazine*.⁴

URodgers wachaza ukuba wayethandabuza unqulo njengomntwana kwaye ukusukela ngoko uye “wanxulumana nolunye uhlobo lomoya”njengoko esiba mdala. “Uninzi lwabantu endibaziyo, icawe yayikukuba....kufuneka nje uye.” Waphinda wathi, “Andazi ukuba unokukholelwa njani kuThixo ofuna ukugwebela uninzi lwesijikelezi langa kwisihogo esivuthayo. Luhlobo luni lomntu onothando, onovakalelo, okhoyo kwindawo zonke, onamandla onke ofuna ukugwebela indalo yakhe kwisihogo esivuthayo ekupheleni kwayo yonke le nto?”

Izimvo ezingaqhelekanga! Kodwa ukuba yile nto bayikholwayo ngoThixo, kuya kufuneka uvume, ngubani onokuthembela okanye anqwenele ukukhonza uThixo ofuna ukuthatha intombi yabo eneminyaka esixhenxe ubudala? Akukho namnye! Kwaye ngubani ofuna ukukhonza uThixo “ofuna” ukugweba uninzi lwesijikelezi langa esihogweni? Akukho namnye! Kodwa yiyo loo nto ekholelwa luninzi lamaKristu. Uyive ubomi bakho bonke: “UThixo uyivumele,”

3 <https://nypost.com/2020/02/26/7-year-old-south-carolina-girl-dies-during-tonsillectomy>

4 <https://people.com/sports/aaron-rodgers-opens-up-about-religion-to-danica-patrick-i-dont-know-how-you-can-believe-in-a-god>

“UThixo uyenzile,” Ibisicwangciso sikaThixo,” “Ibilixesha labo lokuba bahambe,” kunye nezinye iingxelo ezininzi ezifana nezi. Enyanisweni, Ndiza kubheja ukuba mhlawumbi ucinga ngendlela efanayo. Ngoko ke ndiza kuyi beka njengoko injalo. Ukuba ukholelwa ngokwenene ukuba uThixo unjalo, ukuba ngokuzithandela angabulala umntwana okanye anike umntu umhlaza, ngoko kufuneka sibe nencoko enzulu. Mandiyibeke ngale ndlela:

AWUSOZE UKHOLELWE UMNTU ONGAMTHEMBIYO!

Ukuba ufundiswe ukuba ungamthembi uThixo, ukuba ubulala abantu abamsulwa, kwaye ukuba uyavuma ukuba ungumdali onamandla wendalo iphela, ngoko kungcono ukuba senze konke okusemandleni ethu ukuhlala kwicala Lakhe elilungileyo.

Le yinto eyenziwa ngabantu kwixesha elidlulileyo kwiinkcubeko ezininzi zamandulo. Babesenza lonke uhlobo lweminikelo ukuze bathomalalise umsindo kaThixo. Babezifaka phantsi kwazo zonke iintlobo zemiqathango, bade bazithobe kwiintlungu ezahlukahlukeneyo, ukuze babonise ukuba bamthobele, kwaye, ngethemba, baphephe umsindo Wakhe. Kodwa ngaba ngokwenene lo ngumlinganiswa kaThixo weBhayibhile? Sifanele sihlale sisoyika uThixo? Hayi, akunjalo. Ingcinga yokuba uThixo uchasene nathi okanye akathembekanga yonke ingumphumo wemfundiso embi eyaqala Emyezweni ngoAdam noEfa.

Ke kaloku inyoka yaye inobuqhophololo ngaphezu kwazo zonke izinto eziphilileyo zasendle, abezenzile uYehova uThixo. Yathi kumfazi, “Utshilo na okunene uThixo ukuthi, ‘Ze ningadli kuyo yonke imithi yomyezo?’”

Wathi umfazi kwinyoka, “Eziqhameni zemithi yomyezo

singadla; ke uthe uThixo 'Ke eziqhameni zomthi osemyezweni phakathi, ze ningadli kuzo; ze ningazichukumisi, hleze nife.'"

Yathi inyoka kumfazi, "Anisayi kufa." "Kuba esazi uThixo ukuba, mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoThixo, nazi okulungileyo nokubi."

Wabona umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, ingumthi onqwenekela ukuqigisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla; wanika nendoda yakhe inaye, yadla.

—IGenesis 3:1-6

USathana wayesoloko esenza kuthandabuzwe umlinganiswa kaThixo kusukela ekuqaleni. Ngokungaqhelekanga, uEfa wayesele enabo nabuphi na ubulumko ekusenkwenzeka ukuba wayevakalelwa ukuba wayebuswela ngobudlelwane bakhe noThixo, ngoKwakhe. Ukanti uSathana wakwazi ukumeyisa ukuba kukho into angenayo uThixo ambambele yona.

UAdam noEfa bakholelwa ubuxoki ngoThixo baza ngokuzithandela bazilahla izikhundla zabo eBukumkanini Bakhe ukuze basukele ubukumkani obahlukileyo. Bakholelwa ukuba uSathana ubaphathele Ikamva elingakumbi. Ke, isigqibo sabo sazisa intlungu, usizi, kunye nokufa.

Amaqhingha kaSathana akazange atshintshe, kwaye ayimangalisi into yokuba eyona njongo yakhe yicawe. Kuba ibandla sele linegunya lokubeka uSathana phantsi kweenyawo zalo kwaye limoyise macala onke, ekuphela kwezixhobo zakhe zezo wayenazo ngoko, inkohliso nobuxoki.

Umlinganiswa kaThixo

Ngokubhekisele kwikamva lakho nobonelelo lwakho, esi sesona sihloko sibalulekileyo ekufuneka sijongane naso kuqala, umlinganiswa kaThixo. Ukuba asiwusombululi lo mba, usenokuyiphosa ecaleni le ncwadi njengenywe incwadi yoncedo lokuba sisityebi ngokukhawuleza. Ithemba lam kukuba undinike ixesha lokubonisa le nto. Ndiyathemba ukuba ufuna ngokwenene ukukhululeka ngokwezimali kwaye unqwenela ubulumko nolwazi. Ngeli xesha, imfundiso ayiveli kwixoki, uSathana, owakhohlisa uAdam noEfa, kodwa isuka kuThixo, ngoKwakhe.

Okokuqala, ndiyaqonda ukuba kutheni usiva ukuba uThixo uvumela izinto ezimbi zenzeke. Ndithetha ukuba, ukuba unguThixo, ngoko unamandla wokwenza nantoni na, akunjalo? Ngoko ke ukuba umntwana oneminyaka esixhenxe ubudala uyafa kwaye uThixo abe enamandla okuyinqanda, kumele ukuba wayivumela. Ke, inxalenye yale ngxelo iyinyani. Nangona uThixo wayenamandla okuyinqanda, wayengenalo ulawulo olusemthethweni okuyinqanda. Ndizakungena kulo mba wolawulo kwisahluko esilandelayo, kodwa ndidinga ukujongana nombamba womlinganiswa kuqala emva koko ndiqinisekise ukuba uyazi, ngaphandle kokuhexa nokuthandabuza ukuba uThixo ulungile nokuba ILizwi Lakhe liyinyaniso.

Unokuzibuza ukuba kutheni le nto ibalulekile. Njengoko siqhubeka kule ncwadi, ndiza kuxoxa ngemithetho yoBukumkani, imisebenzi yayo, nendlela loo mithetho eyandikhulula ngayo kwisihogo semali ndandiphila kuso. Ukuba awumthembi uKumkani, ngoKwakhe, ngoko imithetho Yakhe ayiyikuthetha nto kuwe.

Khumbula, into endayifumanisa ekuqaleni kolu hambo yayikukuba uBukumkani bukaThixo ngurhulumente. Lo

rhulumente uNoKumkani umisela imithetho yoBukumkani. Le mithetho ibeka iinzuzo ezifumanekayo kunye noxanduva lwabemi abahla eBukumkanini. Ikhusele kwaye iqinisekise kuwo wonke ummi eBukumkanini intando yoKumkani ngobomi bakhe. Ukuqonda umlinganiswa woKumkani yimfuneko ekuqondeni imithetho ngokwayo.

Njengoko benditshilo ngaphambili, ndithe ndakuqonda ukuba uBukumkani bukaThixo ngurhulumente onemithetho kunye neenzuzo ezizezabo bonke abemi boBukumkani, ndaba yinzululwazi yomoya. Ndiye ndayazi ukuba emva kwaso sonke isenzo soBukumkani, kwakukho umthetho womoya eyizisileyo. Emva koko ndiye ndanethemba. Ndandinokuyifunda imithetho! Nabani na unako! Yile nto uKeith noKathy bayifumanisayo.

Iminyaka Emine yaTshintsha Ubomi Babo

UKeith noKathy babesenza nje umvuzo emsebenzini oqhelekileyo, bephila ubomi obuqhelekileyo. Babesanda kuthenga ikhaya elitsha xa uKeith waphelwa ngumsebenzi. Nangona kunjalo, uKeith wafumanisa ngenkqubo yethu kamabonakude *iFixing the Money Thing* kwisithuba esingaphezu konyaka ngaphambili kwaye wachitha ixesha efunda nokucamngca ngezinye izixhobo zam, efunda ngoBukumkani namalungelo akhe asemthethweni njengommi.

Xa waphelwa ngumsebenzi, wathandaza ngayo waza wagqiba kwelokuba kunokuba akhangele omnye umsebenzi, wayezakuqala eyakhe inkampani.

Wavuma ukuba ngenene wayengazi kangako ngeshishini, kodwa wayeziva enokufunda. Waqala ishishini lakhe lokuthutha

ngelori ngelori enye kwaye wayethutha iimoto nayo nantoni na awayenokuyifumana ukuze ayithuthe. Njengoko uKeith noKathy babeqhubeka ukufunda, kwavuleka ithuba elitsha lokuqala ukuthuthela inkampani yesizwe eyayifuna uncedo. Eli yayilinyathelo elikhulu kuKeith, kwaye lalifuna ukuba abe *nesemi* yakhe kwaye afunde imithetho emininzi ngeshishini lothutho ngelori-kodwa walithatha kwaye wathemba ukuba uThixo wayemkhokela.

Ukusukela ngoko, inkampani iye yakhula. Ngoku, *uneesemi* ezisibhozo ezithutha ixesha lonke yonke imihla. UKeith wandixelela ukuba emsebenzini wakhe worhwebo, wayedla ngokwenza malunga ne \$1,500 ngeveki. Kunyaka wakhe wokuqala enenkampani yakhe yelori, uKeith wathi wayesenza phantse i \$4,000 ngeveki. Kunyaka

**NANTONI NA
OKANYE NOBANI
NA OKUXELELA
UKUBA UTHIXO
AKALUNGANGA
UTHETHA UBUXOKI!**

wesibini, watsibela phezu kwe \$15,000 ngeveki. Kunyaka olandelayo watsibela kwi \$25,000 ngeveki, kwaye kunyaka olandelayo phezu kwe \$38,000 ngeveki. UKeith wasuka ekwenzeni i \$78,000 ngonyaka ukuya kwizigidi ezimbini ngonyaka kwiminyaka emine!

Ndifuneme umbhalo osuka kuKeith njengoko bendibhala esi sahluko. Wathi bekufuneka aqeshe abanye abaqhubi abane, kwaye imali engenayo ngoku yi \$70,000 ngeveki. Ukusuka kwi \$78,000 ngonyaka ukuya kwi \$70,000 ngeveki kwisithuba seminyaka emine! Loo nto ibamba ingqalelo yam! UKeith noKathy balindele izinto ezinkulu ngakumbi phambili njengoko ngoku baceba ukuqala ezinye

iinkampani ezimbini.

Ukuba ubuze uKeith noKathy ukuba bayenze njani, baya kunika lonke uzuko ekufundeni indlela uBukumkani obusebenza ngayo.

Into yokuqala uKeith noKathy abanokuxelela yona kukuba kuye kwafuneka balibale ngezinto ezininzi ezingafunekiyo zenkolo abazifundisiweyo ubomi babo bonke ngoThixo nangendlela asebenza ngayo. Esinye sezitshixo ekwakufuneka bagxile kuzo yayikukuba uThixo ulungile, UHLALA ELUNGILE, kwaye AKAXOKI. Nantoni na okanye nobani na okuxelela ukuba uThixo akalunganga uthetha ubuxoki!

Musani ukulahlekiswa, bazalwana bam baziintanda. Sonke isipho esilungileyo, naso sonke isipho esigqibeleleyo, sesaphezulu; sihla sivela kuye uYise wezikhanyiso, ongenabuyambo nasithunzi sakujika.

—Yakobi 1:16-17

Okwesibini, bebeya kuthi kwakufuneka bafunde ukupha ngendlela entsha. Ukuxhasa imisebenzi kaThixo ngemali abayingenisayo yinto ebalulekileyo kwimpumelelo yabo.

IBhayibhile icacile. Ukubeka ityala uThixo ngezinto ezimbi ezenzeka ebantwini akuchanekanga. IBhayibhile ithi nguSathana oze kubulala, ukuba, nokutshabalalisa.

Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithisileyo.

—UYohane 10:10

Kwaye qaphela into ethethwa nguYesu emva kwengxelo yokuqala, “Mna ndizele ukuba babe nobomi, babe nabo ngokugqithisileyo,” okanye ezinye inguqulelo zithi ubomi “obuninzi.” UThixo akalotshaba lwakho. Kodwa ukuba ucinga ukuba

ulilo, ngoko ngokukaYakobi 1:16 ulahlekisiwe ngumntu. Kuya kufuneka uzibuze ukuba ngubani okuxelele ukuba uThixo lixoki. Ngubani okuxelele ukuba nguThixo obulele la mtwana oneminyaka esixhenxe ubudala? Ngubani okuxelele ukuba uThixo ngamanye amaxesha uya philisa kwaye ngamanye akhethe ukungenzi njalo? Ndingaqikelela—umshumayeli othile owayengazi ngcono. Kodwa nantsi ingxelo ekufuneka ubambebele kuyo ukuba uya kwamkela kuThixo. UThixo akaxoki! Enyanisweni, iBhayibhile ithi akanako ukuxoka (Hebhere 6:18).

Kwakhona, isizathu abantu bekholelwa ukuba uThixo akahlali elungile kukuba abayiqondi inkqubo yomthetho yoBukumkani apha kummandla wasemhlabeni. Njengoko benditshilo ngaphambili, siya kungena kuyo kwisahluko esilandelayo, kwaye iya kuphendula imibuzo yakho emininzi. Kodwa ukuba ufuna ukuqonda indlela uBukumkani obusebenza ngayo, kufuneka wazi ukuba uThixo ulungile kwaye akaxoki.

Izinto ezihlala zihleli zoBukumkani

Emva kwisikolo samabanga aphakamileyo, ndafunda isifundo endicinga ukuba sisebenza apha. Safundiswa ukuba xa ujongene nezinto eziphathekayo, kukho iimpawu ezithile ezingatshintshiyo kwaye zihlala zinjalo. Uyiqikelele! Le mithetho ibizwa ngokuba ihlala ihleli kwiphysics. Umzekelo, ukubanda obubangela ukuba amanzi abe ngumkhenkce yi 32 *degrees*. Loo nto ihlala ihleli; ayitshintshi. Ngendlela efanayo, inyani yokuba uThixo ulungile ihlala ihleli. Ngoko ke malunga amanzi, unokusebenzisa ukubanda okuhlala kuhleli okwenza amanzi umkhenkce kuzo zonke izibalo zakho zamanzi.

Kuyafana ke nasekuqondeni umlinganiswa kaThixo. Ukuba uyazi ukuba uThixo ulungile kwaye akatshintshi uya kuba nako ukutolika isicatshulwa seSibhalo ngelensi yento ehlala ihleli. Njengomzekelo, masijonge uEksodus 4:11-12 kwi*King James Version*.

*Wathi uYehova kuye, Ngubani na obeke umlomo emntwini?
Ngubani na owenze isidenge nesithulu, nobonayo, nemfama?
Asindim na, mna Yehova?*

—IEksodus 4:11-12 (KJV)

Xa uqala ukuyijonga, kukhangeleka ngathi uThixo wenza abantu babe ziimfama kwaye bangeva ngabom.

Kodwa kufuneka sikhumbule into yethu ehlala ihleli—ukuba uThixo uhlala elungile. Masijonge iSibhalo esifanayo kwinguqulelo eyahlukileyo.

*Wathi uYehova kuMoses, “Ngubani onika umntu umlomo?”
“Ngubani ogqiba ukuba abantu bathethe okanye bangathethi,
nokuba bave okanye bangeva, nokuba babone okanye
bangaboni? Asindim na, Yehova?”*

—IEksodus 4:11 (NLT)

Umxholo wesi sicutshulwa kukuba uThixo wabiza uMoses ukuba aye kubantu bakowabo, amaHebhere, abaxelele ukuba uThixo umbizile ukuba aye kuFaro ukuze akhulule amaHebhere. Kodwa uMoses aphenulo uThixo athi, “Ukuba amaHebhere akakholelwa ukuba ubonakele kum? UThixo umxelela indlela ezimbalwa zokuyingqina kubo. Kodwa ke uMoses uye acenge iNkosi,

“Camagu, Nkosi yam, andindoda imazwi maninzi nanini na, oko wathethayo kumkhonzi wakho lo; kuba ndingokuthetha kunzima, ndikwanzima nolwimi.”

Wathi uYehova kuMoses, “Ngubani onika umntu umlomo?” “Ngubani ogqiba ukuba abantu bathethe okanye bangathethi, nokuba bave okanye bangeva, nokuba babone okanye bangaboni? Asindim na, Yehova?” Ngoko ke hamba! Ndoba nomlomo wakho Mna, ndikubonise into oya kuyithetha.”

—IEksodus 4:10-12 (NLT)

Mandiyibeke ngenye indlela into eyayithethwa nguThixo kuMoses. Ndenza umlomo womntu ukuba uthethe okanye ungathethi? Ndenza amehlo omntu abone okanye angaboni? Impendulo icacile. Umlomo wadalelwa ukuthetha aze amehlo adalelwa ukubona. Yiyo into uThixo azama ukuyixelela uMoses. Ke, into ethethwa nguThixo yile, “ukuba ndenze umlomo, ngokuqinisekileyo ndinokunceda ukuba uwusebenzise!” UThixo uzama ukwenza uMoses aqonde ukuba angamthemba ukuba amncede athethe xa esiya kumaHebhere.

Kodwa ngaphandle kokuba nombono ochanekileyo ngoThixo, sinokuyitolika kakubi injongo apha. Ndicinga ukuba sonke seva ukuba uMoses wayethintitha. Uninzi lwabantu bangayibeka njengenyani ephелеleyo, kodwa ngaba injalo? Ekuphenduleni ubungathi, “Ngokuqinisekileyo. UMoses ngokwakhe wathi unokuthetha kunzima.” Ndiyavuma, uyithethile loo nto, kodwa ngokubhekisele entweni? Ukuba uMoses wayenokuthetha kunzima, ngoko kufuneka sicacise IZenzo 7:22.

Wayeqeshwa ke uMoses kubo bonke ubulumko bamaYiputa; way eke eyinkunkqele ngamazwi nangemisebenzi.

—IZenzo 7:22 (NLT)

Enyanisweni, siyabona ukuba uMoses wayechasene nomntu owayenobunzima ngamazwi. Wayekunkqele ngamazwi. Ke uthetha ukuthini uMoses xa esithi, “Camagu, Nkosi yam, andindoda imazwi maninzi nanini na, oko wathethayo kumkhonzi wakho lo; kuba ndingokuthetha kunzima, ndikwanzima nolwimi.”?

Xa IEksodus 4 ithetha ngokuba uMoses uyacotha ukuthetha, yayibhekisa kwinto yokuba uMoses wayengaluthethi kakuhle ulwimi lwesiHebhere. Wayengakhuliswanga namaHebhere. Wakhuliswa njengomYiputa kwaye ethetha ulwimi lwaseYiputa. UThixo uqinisekisa uMoses ukuba ekubeni wenza umlomo womntu, uya kumnceda ukuba athethe namaHebhere. Kodwa kwakhona, uMoses uya libazisa.

Wathi yena uMoses, “Camagu, Nkosi yam. Khawuthume ngesandla salowo womthuma.”

Wavutha umsindo kaYehova kuMoses, wathi, “Akanguye na umkhuluwa wakho uAron umLevi? Ndiyazi ukuba yena uyakwazi ukuthetha. Kananjalo nanko yena ephuma eza kukukhawulela; wokubona, avuye entliziyweni yakhe. Wothetha kuye, ubeke amazwi emlonyeni wakhe; mna ndoba nomlomo wakho nomlomo wakhe, ndinibonise into eniya kuyenza. Yena wokuthethela ebantwini, athi yena abe ngumlomo kuwe, uthi wena ube nguThixo kuye.

—IEksodus 4:13-16

Intekelelo yeyokuba uAaron wayelazi kakuhle ulwimi lwesiHebhere, ekhuliswe njengomHebhere, kwaye wayenokuthetha namaHebhere engameni likaMoses, kungekhona ukuba uMoses wayethintitha.

**KUKHO IZITHEMBISO
EZINGAPHEZU KO
7,000 EBHAYIBHILENI
EZICHAZA
AMALUNGELO AKHO
ASEMTHETHWENI
NJENGOMNTWANA
KATHIXO.**

Ke ngoku uyabona ukuba kubaluleke kangakanani ukuba nembono echanekileyo nehlala ihleli yomlinganiswa kaThixo. Ukukwazi ukuba uhlala elungile kusivumela ukuba sibuze intsingiselo yombhalo kwaye singene nzulu sifumane itoliki eyiyo. Ngoko ke kwakhona, isiseko sakho kuBukumkani kukukwazi umlinganiswa woKumkani ngokwakhe. Ukuba awaziwa, uSathana angakukhohlisa, njengokuba wenza ngoEfa, ukuba ukholelwe ukuba uThixo

akathethi inyani okanye, eyona nto imbi, ukuba sesuka ukuxokisela.

Ukuqonda iZithembiso zikaThixo

Kukho izithembiso ezingaphezu ko 7,000 eBhayibhileni ezichaza amalungelo akho asemthethweni njengomntwana kaThixo. Isithembiso sakho ngasinye sinikwe kuwe nguKumkani, ngoKwakhe kwaye sinokuthenjwa. Okanye asinako? Ukuba kunokwenziwa ukuba uthandabuze ukulunga kukaThixo, ngoko kunokwenziwa uthandabuze izithembiso zakhe.

Mandinike umzekelo. Masithi ndikunike itsheki ye \$1,000. Undibulele, kwaye engqondweni yakho, uyakube une \$1,000. Izenzo zakho beziya kubonisa ukuba une \$1,000, uthethe ngathi une \$1,000, kwaye kwakhona undibulele nge \$1,000. Kodwa inyani

yomba kukuba awunayo i \$1,000, uya kuba nephepha lesithembiso. Itsheki sisithembiso nje endikunike sona echaza ukuba une lungelo elisemthethweni lokufumana i \$1,000 kwibhanki yam. Kusafuneka uyokukhupha itsheki ukuze ube nayo imali! Kodwa ekubeni injongo yam ngawe isaziwa, njengoko ndikunike itsheki ngokuzithandela ndaza ndayityikitya, kwaye ngenxa yokuba unethemba lokuba ndinayo i \$1,000, buyakuthi unayo i \$1,000 xa eneneni into onayo isisithembiso.

Ngokuqinisekileyo uThixo mkhulu kunam. ILizwi Lakhe alixoki. Usinika izithembiso Zakhe ezilungileyo nezixabisekileyo. Ukuba uThixo ukunika isithembiso Sakhe siyafana nesenziweyo! Ekuphela kwento uSathana anokuyenza ukunqanda isithembiso ukuba sifezekiswe kukukwenza ukuba ukrokrele ILizwi likaThixo. Yiyo loo nto kubalulekile ukuba wazi ukuba uThixo ulungile kwaye akaxoki.

Mandikunike omnye umzekelo. Ndiyazi ukuba abaninzi bave ukuba immimangaliso iphelile kwaye uThixo akazenzi izinto awayezenza uYesu xa wayehamba emhlabeni. Ndikhulele kwicawe yomthetho, kwaye ukuthetha inyani, andizange ndiwabone amandla ebonakaliswa, koko ndikukhumbulayo. Ke kuba ndingabonanga abantu bephiliswa, ngaba oko kuthetha ukuba uThixo akasaphilisi? Ukuphendula loo nto, asinako ukuthatha kumava ethu. Kufuneka sifumanise ukuba iBhayibhile ithini na, ukuba umthetho woKumkani uthini ngokuphilisa.

*Okokuba uThixo **wamthambisa** ngoMoya oyiNgcwele nangamandla uYesu waseNazarete owagqiba ilizwe esiza, ephilisa bonke abaxinzelelweyo nguye uMtyholi; **ngokuba uThixo ubenaye.***

—IZenzo 10:38

Njengoko sibona, ukuphilisa yayiyinto ephambili kubulungiseleli bukaYesu. Umbhalo uthi uYesu wayephilisa kuba uThixo ubenaye. Ngoku eli binzana lithi, “UThixo ubenaye” yingxelo ekufuneka uyiqonde. Ngokuqinisekileyo, uThixo wayenoYesu ubomi Bakhe bonke emhlabeni. Kodwa eli binzana libhekisa kumzuzu uYesu wayebhaptizwa waza uMoya oyiNgcwele wehla phezu Kwakhe njengehobe. Ukufika kwelo xesha uYesu akazange enze mimangaliso. Asinayo ingxelo yokuba uYesu wandisa ukutya Kwakhe ngesidlo sakusasa okanye ephilisa umntu omnye njengomntwana. Kwaba semva kokuba ethanjiswe ngoMoya oyiNgcwele awathi waqalisa ubulungiseleli Bakhe. UThixo wayenaye esenza umsebenzi.

Ke, usenokuthi, “Ewe, uYesu wayephilisa, kodwa akekho apha.” Ke ndiyavumelana nawe, unyanisile, kodwa wadlulisela eso sabelo ecaweni. Uyabona, kwaloo mandla ehla phezu kukaYesu anikwa ibandla. Njengoko uYesu sele eza kuwushiya umhlaba, uxelela abafundi oku kulandelayo.

Niya kwamkela ke amandla, akubon' ukuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem, kwanakulo lonke elakwaYuda nelaseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba.

—IZenzo 1:8

La mandla manye, uMoya oyiNgcwele, ehla phezu kwebandla ukuze lenze kwale mimangaliso yenziwa nguYesu. Awunakundixelela enye into eyahlukileyo. Eyam intombi uAmy yayinethumba elizipound eziyi 13 esuswini sayo. Sonke sathandazela ukuphiliswa kwakhe ngokusekelwe kwiLizwi likaThixo, kwaye wayokulala wavuka ekuseni ephilile ngokupheleleyo. Ithumba elizipound eziyi

13 lalingekho kwaye umqolo wakhe (owawunamaqhina kwaye ujijekile) walunga ngokupheleleyo. Ungabona kwaye ufunde ibali lakhe kwincwadi yakhe *Healed Overnight*.

Umolokazana wam wayenethumba elingangeorenji ecaleni, abathi oogqirha kuza kufuneka lisuswe ngotyando.

Bathi unohlobo olunqabileyo lomhlaza kwaye wayesalelwe yinyanga enye ukuya kwezimbini ukuba aphilile. Naye wayekhohlelwa kwizithembiso zikaThixo kwaye wavuka ekuseni ephilile ngokupheleleyo. Ithumba lalingekho.

Umfazi wam, uDrenda, naye wayento ekhulayo elingana ne 50 senti emqolo. Waqalisa ukuyiyalela ukuba iphume emzimbeni wakhe, kwaye phakathi kweeveki ezimbini, yayingasekho kwaphela.

Ingaba uThixo wakhetha ukuwaphilisa la manenekazi? Ngaba yayiyinto ekwakufuneka uThixo akhethe ukuyenza? Wayewathanda la manenekazi mathathu kunawe? Hayi! Babeyiqonda imithetho kunye neenzuzo zoBukumkani kwaye babeka nje ibango kuzo. “Ke, kutheni” ungabuza, “abantu abaninzi begula? Kutheni singaboni abantu bephiliswa rhoqo emabandleni ethu?”

Ndiyavuya ubuzile. Masingene kuyo kwisahluko esilandelayo.

ISAHLUKO 3

UMBA WOLAWULO

Njengoko bekutshiwo ngaphambili, ndihlala ezilalini neehktare eziyi 60 zowona mhlaba umhle eOhio. Ndandineehktare eziyi 55 ekuqaleni, kodwa ummelwane wam wandithengisela isiqwenga somhlaba owawukumda womhlaba wam, nto leyo ethe yawumenza ufike kwiihktare eziyi 60. Ngokuqinisekileyo siwonwabele lo mhlaba kule minyaka eyi 22 idlulileyo. Ukuba namahlathi okuzingela amaxhama, umgxobhozo wokuzingela amadada, kunye namasimi okuzingela imivundla neepheasant, nokuhamba ngeemoto zethu yintsikelelo. Kodwa ukuba uthe wayijongisisa indawo yam, uya kufumanisa kwimida yomhlaba iimpawu ezithi AKUNGWENA NGAPHANDLE KWEMVUME. Iimpawu zikho ukuze abantu bazi ukuba umhlaba wam uqala phi na.

Umthetho eOhio uthi ukuba umntu ufuna ukuba semhlabeni wam kufuneka abe nemvume ebhaliweyo kuye lonke ixesha xa esemhlabeni wam. Ukuba awunayo, ibizwa ngokuba ukho ngaphandle kwemvume, kwaye banokugxothwa ngokusemthethweni kwaye banokufumana izohlwayo. Umba kukuba nabani na okhetha ukuhamba kumhlaba wam engazi akanalo igunya lo kwenza eso sigqibo, njengoko ingengomhlaba wakhe.

Ukuba ndibaxelela ukuba basuke emhlabeni wam, ayingokuz-ikhethelwa kwabo!

Ngoko ngokufutshane, awukwazi ukuhlala kwindawo ongenagunya kuyo ngokusemthethweni.

Lo mzekelo wokungena kwindawo ngaphandle kwemvume uza kuphendula imibuzo emininzi abantu abanayo ngokuba kutheni izinto zisenzeka okanye zingenzeki kuBukumkani bukaThixo. Ukuqonda umba wolawulo kuBukumkani yimfuneko ukuze usebenze kakuhle kuBukumkani.

Kutheni Bengaphiliswa?

Ndiqinisekile ukuba kunokwenzeka ukuba waliva ibali elifana neli. Umntu owaziwayo uye agule, abizelwe umthandazo. Izigidi zabantu zidibane ngomthandazo ngenxa yokuphiliswa kwalo mntu, ukanti lo mntu afe. Ngoba? Okanye umntu akuxelele ukuba umakhulu wabo ufile nangona bebemthandazela, kwaye bafuna ukwazi ukuba ngoba. Okanye umntu akuxelele ukuba uhlwayele imali ngenxa yesidingo semali, ukanti baqhubeka ukungabina mali. Ingaba zikhona iimpendulo zale mibuzo?

Ngaphambi kokuba ndiphendule loo nto, masivume ukuba asiyazi into eyenzekayo kummandla womoya, kwaye andizenzi ngathi ndiyazi. Nangona kunjalo, ngokusekelwe kwiLizwi likaThixo, siyazi ukuba umntu uyagula, uYesu wahlawula ixabiso ukuze baphile. Siyazi ukuba sinesisa kwaye siyapha, iBhayibhile ithi siyakwamkela. Ukanti mihla le, sibona into ebonakala ngathi kukusilela okucacileyo kweLizwi likaThixo ukuba lisebenze njengoko kubhaliwe kubomi babantu abaninzi. Ngaba nguThixo onokubekwa ityala?

Njengoko sijonga into esiyifundileyo kwisahluko esidlulileyo, kwaye njengoko sixoxa ngesi sihloko kwesi sahluko, uya kufumanisa ukuba impendulo nguhayi. Ukuba akunjalo, ke yintoni ingxaki? Lo ngumba omkhulu. Kuninzi lwabantu abangenako ukuqonda okusi-siseko ukuba uThixo uhlala elungile, xa bebuzwa ukuba uThixo ubekwa ityala ngentlekele, bacinga ukuba unetyala.

Kwakhona, ngenxa yokuba besazi ukuba unamandla okuth-intela izinto ezimbi ukuba zingenzeki, kwaye kubonakala, ukuba akazange ayenze loo nto, bacinga ukuba umele ukuba uzivumele. Kodwa ukuba ubunokuqonda kokuba uThixo ulungile kwaye akanokuxoka, ubuya kuyazi ukuba ingxaki ikho kwenye indawo, kwaye buya kuqalisa ukufuna impendulo.

Abafundi babonakalisa le ngqondo ifanayo xa babengakwazi ukuyikhupha idemon kwinkwenkwe eyayinedemon. Endaweni yokubuza, “Kutheni uThixo ekhethe ukuliyeka idemon apho?” babuza uYesu, “Kutheni singakwazanga ukulikhupha?”

Lo kufuneka ibe ngumbuzo wethu wokuqala xa iimeko zibonakala ziphikisana neLizwi likaThixo. Ke kwakhona, kubalulekile ukuba, okokuqala, sazi ukuba uThixo ulungile kwaye, okwesibini, akaxoki. Yiyo le nto ndichithe ixesha elininzi ndibonisa into ebonakala ngathi icacile, kodwa ngokumangalisayo, kuninzi lwebandla, yimfihlakalo. Ukubuza umbuzo yindlela ekufuneka uyifunde ngayo iBhayibhile ukuba ufuna ukufunda indlela uBukumkani obusebenza ngayo.

Khumbula, la mabali mahle eBhayibhile akho ngenxa yesizathu. UYesu

**UBUKUMKANI
BUKATHIXO
BUBUKUMKANI
KWAYE BUSEBENZA
NGEMITHETHO
NEMIGAQO
ENGATSHINTSHIYO.**

uzama ukubonisa into. Ngoko, masiqhubele phambili kwinto yokuba kutheni umntu angazange amkele into ethethwe liLizwi likaThixo. Ke, kunokubakho imiba emininzi eyenza ukuba ulawulo lwezulu lungafiki. Eminye imiba ayibonakali kwangoko, kwaye eminye yeyobuqu kwaye ifihlakele.

UBukumkani bukaThixo bubukumkani kwaye busebenza ngemithetho nemigaqo engatshintshiyo. Loo migaqo, njengoko benditshilo, inokufundwa kwaye isetyenziswe njengokuba umlimi eqonda imithetho yexesha lembewu nelokuvuna kummandla wasemhlabeni kwaye asebenzise lo mithetho ukuze aphumelele. Ngokuba uBukumkani busebenza ngemithetho, enikwa wonke ummi ukuba ayiqonde kwaye ayisebenzise, nabani na unokuyifunda. Ngamanye amaxesha, ukukwazi ukuba loo mithetho isebenza njani kunokuba bubomi nokufa.

Isigqibo Sobomi Nokufa

UMark noHannah beza ecaweni yethu kwaye banqwenela ukuba nomntwana. Kude kube ngoku, uHannah waxelelwa ngoogqirha ukuba ngenxa yeemiba eyahlukeneyo emzimbeni wakhe, kwakuya kuba nzima kakhulu ukuba akhulelwe okanye athwale umntwana. Kodwa ngelixa esiva ngokulunga kukaThixo nokufunda umthetho woBukumkani e*Faith Life Church*, wafumanisa ukuba ukhulelwe. Wayevuya ngokungathethekiyo. Kodwa kungekudala, waqalisa ukuqaqanjelwa sisisu. Izihlandlo eziliqela, iintlungu zaziqatsele kangangokuba wafa isisqaqa.

Emva kwenye yezi, wayefuna ukuba kujongwe izinto waya kwiofisi kagqirha wakhe. Ugqirha wakhe wayengekho, kodwa ugqirha wayekho wayefuna ukwenza i*ultrasound* ukuze abone ukuba

kuqhubeka ntoni. Into eyabonwa ngugqirha yayilihlwili elikhulu, wamxelela ukuba uphunyelwe sisisu, akukho kubetha kwentliziyo. Ugqirha wathi makeze ngengomso ukuze akhuphe usana lwakhe olufileyo esibelekweni sakhe, kodwa uHannah wala. Endaweni yoko, umyeni wakhe, uMark, wakhuthaza uHannah ngeLizwi likaThixo nezithembiso zikaThixo kwaye wamkhuthaza ukuba angalahli ukuzithemba kwakhe ngomntwana. Ngaloo mpelaveki, wafumana umthandazo ecaweni kwaye wayeqinisekile ukuba uza kuba nomntwana osempilweni phezu koko wayekuxelelwe ngugqirha.

Ngalo Mvulo, waya uyokubona ugqirha wakhe, kuba ugqirha wakhe wayengekho ngomhla wayeye eofisini. Ugqirha wakhe wacebisa ukuba abenenye *iultrasound*. UHannah wathi ugqirha wayenenkangeleko yokothuka ebusweni bakhe njengoko wayejonge kwiscreen *seultrasound* kwaye kwangoko wajonga kwizscan ezenziwe kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo.

Emva koko wathetha la mazwi alandelayo kuHannah, “Ndineminyaka eyi 30 ndiyenza le nto, kwaye andizange ndiyibone le nto ngaphambili. Ndiyelibona ihlwili legazi kwizscan seveki edlulileyo kunye nokungabikho kokubetha kwentliziyo. Njengokuba ndikujonga namhlanje lonke ihlwili legazi alikho, kwaye kukho umntwana ophilayo, onentliziyo ebetha kakuhle.” Iinyanga ezimbalwa kamva, uHannah wazala umntwana oyintombazana osempilweni owamthiya igama elinguEvelyn. Ngenye imini enomdla wokwazi intsingiselo yegama elithi Evelyn, walijonga kwaye wamangaliswa ukuba igama lithetha ubomi!

Eli bali limangalisayo ngokucacileyo yayingumsebenzi kaThixo, kodwa njengenzululwazi yomoya, kumele ukuba ucinga ngemibuzo embalwa efana nale ngoku. Kwakutheni ukuze yenzeke? Ngaba uHannah ngomnye weentandane zikaThixo? Ngaba uThixo

wavele wakhetha nje ukumphilisa umntwana wakhe? Le yimibuzo ekufuneka iphendulwe. Kwakhona, kumKristu oqhelekileyo, ummangaliso wenzekile. Kodwa ndikhuthaza abantu ukuba bacinge kwakhona ngegama elithi ummangaliso njengoko lithetha into engaqhelekanga. EBukumkanini, lo yayingumsebenzi nje womthetho woBukumkani.

Ukuba ndiwise ilitye laza lawa phantsi, ubunokucinga ukuba andibhadlanga xa ndinokukhwaza, “Wowu, uyibonile loo nto? Iitye liwele phantsi; lo ngummangaliso!” Awuyi kuvuma ukuba yayingummangaliso kuba uyazi ukuba ngumsebenzi womxhuzulane, kwaye usebenza ngendlela efanayo ngalo lonke ixesha nakubani na. Iitye liya kuhlala lisiwa phantsi. Ngoko njengenzululwazi yomoya, kufuneka ukhangele imikhondo yokuba kwenzekentoni na, imikhondo yomoya etyhila umthetho okanye imithetho yoBukumkani eyayikho ebalini.

Isitshixo Esityhiliweyo

Masiqhubele kwelinye ibali apho sinokufunda ngakumbi ngemisebenzi yoBukumkani ngale mibuzo. Elinye lawona mabali makhulu eBhayibhileni eliya kusinceda ukuba sifumane iimpendulo lifunyanwa kuLuka isahluko sesibhozo.

Kuba yabe ke kaloku, ekuyeni kwakhe apho, izihlwele bezimxinile. Nentokazi eyayinethombo legazi iminyaka elishumi linambini, eyayithe yona phezu koko yadleka impahla yayo iphela ngamagqirha, ayaba nako ukuphiliswa bani, yeza ngasemva, yachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, lee qoko kwangoko ithombo legazi layo.

Wathi uYesu, “Ngubani na lo undichukumisileyo?”

Bakuba bekhanyela bonke, wathi uPetros nabo babenaye, “Mongameli, izihlwele zikuxina, zikukhandanisa nje.”

Kodwa wathi uYesu, “Ukho ondichukumisileyo; kuba mna ndiyawazi amandla aphumileyo kum.”

Ithe ke intokazi leyo, yakubona ukuba ayifihlakele, yeza igubha, yawa phambi kwakhe, yaxela emehlweni abo bonke abantu, ukuba bekungasizathu sini na ebimchukumisile, nokuphiliswa kwayo kwangoko. Uthe ke yena kuyo, “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile. Hamba ngoxolo.”

—ULuka 8:42-48

Kweli bali, sifumana umfazi owayegula kakhulu iminyaka emininzi kwaye engaphili. Esiza emva kukaYesu, wachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe waphila kwangoko. Ngoku, kukho imikhondo enzulu kakhulu yokusebenza koBukumkani kweli bali esinokufunda kuyo kwaye eya kuthi iveze ezinye iimpendulo esizifunayo.

Okokuqala, isihlwele esasimngqongile uYesu sasimchukumisa sonke. Njengoko ibali lisitsho, izihlwele bezimchukumisa zimxinile. Xa uYesu wayebuzo, “Ngubani na lo undichukumisileyo?” UPetros wayemangaliswe ngumbuzo kuba, kwakhona, wonke umntu wayemchukumisa. Kodwa uYesu wathi lo mntu uthile wayemchukumise ngendlela eyahlukileyo kuba weva amandla oMoya oyiNgcwele aphumileyo Kuye.

Emva kokufunda eli bali, kumele ukuba kukho into evukayo emoyeni wakho ekuchukumisa ukuba ume kwaye ucinge ngento

esanda ukwenzeka. Inggondo yakho bekufanele ukuba ingene kwangoko kwindlela yophando ngemibuzo emininzi. Njengenzululwazi zomoya, kufuneka sazi ukuba kutheni lo mfazi waphiliswa angabikho omnye. Ndinokucinga ukuba baninzi abanye ababemchukumisa ngokwasenyameni nabo babegula kodwa bengaphiliswa. Ngoko ke kufuneka sibuze, “Kwakutheni ukuze intambiso iphumele kulo mfazi kuphela ingenguye wonke umntu owayemchukumisile ngelo xesha?”

Impendulo eqhelekileyo yenkolo ithi waphiliswa kuba uYesu wampilisa. Kodwa ngaba wenza njalo? Ngaba uYesu wayemlungiselela ngabom xa waphiliswayo? Wabeka izandla Zakhe phezu kwakhe? Ngaba wayalela isifo ukuba siwushiye umzimba wakhe? Impendulo nguhayi. Enyanisweni, uYesu wayengayazi nokuba ukhona. Kwafuneka abuze ukuba wayechukunyiswe ngubani na. Ingaba uYesu wakhetha ukumphilisa ngalamzuzu? Kwakhona, wayengayazi nokuba ukhona. Ngoko, waphiliswa njani? Kwakutheni ukuze aphiliswe?

Njengenzululwazi zomoya, singayisusa ingcinga yokuba wayengomnye wabantwana bakaThixo abakhethekileyo okanye wayenonxibelelwano olukhethekileyo noYesu, kuba iZenzo 10:34 (KJV) zithi uThixo akakhethi buso bamntu. Kwakhona sinokucinga ukuba ekubeni uYesu wayengazi nokuba ukhona, wayengenanaxheba kwisigqibo sakhe sokuphiliswa ngaloo mini. Siyavuma ukuba wayenguvimba wentambiso, kodwa wayengeyonxalenye yesigqibo awasenzayo sokuba aphiliswe ngelo xesha.

UYesu usixelela kanye indlela awayengena ngayo kwigunya namandla oBukumkani. Wathi, “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile. Hamba ngoxolo.” Esi sivakalisi sisixelela yonke into Hekufuneka siyazi kwaye siphendula umbuzo wethu wokuba

kutheni kwaye wamkela njani olo suku. Njengenzululwazi zomoya, masiqalise sijonge ngokusondeleyo kweli bali kwaye sibone ukuba sinokufumana nayiphi imikhondo yokuba kutheni wamkelayo.

Okokuqala, uYesu umbiza ntombi yam, nto leyo ethetha ukuba wayeyinxalenye yesizwe sikaSirayeli, isizukulwana sikaAbraham. Njengomntwana kaAbraham, wayenentsikelelo eyayinikwe uAbraham kunye neenzuzo zomnqophiso uThixo awawenza noAbraham.

Wathi, “Ukuba uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, wenza okuthe tye phambi kwakhe, wayibekela indlebe imithetho Yakhe, wayigcina yonke imimiselo Yakhe; Andiyi kubeka nasinye isifo phezu kwakho endisibekileyo phezu kwamaYiputa; kuba ndinguYehova, igqirha lakho.”

—IEksodus 15:26

Ke xa uYesu wayembiza ntombi yam, loo nto yayithetha ukuba unelungelo elisemthethweni kuko konke okuqukwe kumnqophiso kaAbraham awawenza noThixo. Nangona kunjalo, le nyaniso iyodwa ayinakuba kuphela kwesizathu awamkelayo njengoko wonke umntu owayelapho ngaloo mini wayexine uYesu naye wayesemthethweni. Kwakufanele kubekho enye into eyabangela ukuba amandla oBukumkani bukaThixo ahambe. Emva koko uYesu usixelela esinye isizathu sokuba amkele. Enyanisweni, uYesu wathi siso kanye esi sizathu aye wamkela. Wathi waphiliswa lukholo lwakhe.

Ngoko, ngoku siyasazi isizathu sokuba amkele. Kwakufanelekile ngokomthetho ukuba amkele ekubeni wayeyintombi kaAbraham, kwaye okwesibini, ukholo lwakhe laluyiswitshi eyavumela loo mandla angene ngokobuqu emzimbeni wakhe kanye ngelo xesha.

Into yokuba wayeyintombi ingafaniswa nenkampani yombane ikhanyise umbane kunye neentambo zingene ekhayeni lakho. Umbane uyafumaneka, kodwa loo nto ayithethi ukuba izibane zakho ziya kukhanya. Kukwafuneka ucofe iswitshi phambi kokuba izibane zikhanye.

Ngoko njengenzala esemthethweni kaAbraham, lo mfazi wayenelungelo elisemthethweni lokuphiliswa. Nangona kunjalo, kuba wayenolawulo emhlabeni nasebomini bakhe, kwakufuneka ayivule ngokwakhe iswitshi ukuze avule umbane. Kodwa iphi iswitshi? Uyivula njani? Ukuze ufumanise, kufuneka sichaze amagama ethu.

Yintoni Ukholo?

Ukholo ligama amaKristu aliphosa ngapha nangapha ngokukhululekileyo. Kwaye ndeyisekile kukuba abaninzi, ukuba

UKHOLO LIGAMA AMAKRISTU ALIPHOSA NGAPHA NANGAPHA NGOKUKHULULEKILEYO.

ayisosininzi, abalwazi ukuba luyintoni na ukholo, kutheni luyimfuneko, bazi njani ukuba baselukholweni, nendlela yokufumana ukholo. Ukuba ukholo luyiswitshi eyaphilisa lo mfazi, ngoko kufuneka sijonge

ngokusondeleyo ukholo! Sifumana inkcazo yethu inkcazo yethu yokholo KwabaseRoma 4:18-21.

Owakholwayo ngethemba, kungekho nethemba eli, ukuze abe nguyise weentlanga ezininzi, ngokoko kwathethwayo: "Iya kuba njalo imbewu yakho." Wathi, engebuthathaka nje ngokholo,

akondela emzimbeni wakhe, obuselufile—emayela ekhulwini leminyaka ezelwe—kwanokufa kwesizalo sikaSara. Owathi, ngokusingisele kwisithembiso sikaThixo, akathandabuza ngokungakhohwa; wesuka womelela ngokholo, ezukisa uThixo. Eqinisekile ukuba oko akumise ngesithembiso uThixo, unako nokukwenza.

—KwabaseRoma 4:18-21

Masiqonde imeko yeli bali. UAbraham noSara babengakwazi ukuba nabantwana. Andithethi ukuba babenengxaki yokukhawula umntwana kwaye kufuneka baqhubeke bezama. Ndithetha ukuba babephantse beneminyaka eyi 100 ubudala, ixesha laliphelile. Imizimba yabo yayingakwazi ukwenza abantwana, kwakungenakwenzeka! Kanti uThixo wathembisa uAbraham umntwana nangona ngokwendalo kwakungenakwenzeka kwaphela. IBhayibhile ithi uAbraham wayeyiseke ngokupheleleyo ukuba uThixo wayenamandla okwenza oko wayekuthetha, nangona kwakukho iinyani zendalo ezazichaza ibali elahlukileyo.

Nantsi ke inkcazo yethu yokholo: “ukweyiseka ngokupheleleyo ukuba uThixo unamandla okwenza oko akuthembisileyo.” Ndiyibeka ngolu hlobo: **“intliziyo yakho ivumelana nezulu.”** Oko ayikokuvuma nje ngokwasengqondo noko uThixo akuthethayo kodwa kukweyiseka ngokupheleleyo.

Inkcazo Yethu Yokuba Ukhohlo Luyintono Na:

Mandiyithethe kanye ukuze ndiqinisekise ukuba siyayiqonda le nto. Ukhohlo kukweyiseka ngokupheleleyo koko akuthethayo uThixo! Ziintliziyo zethu neengqondo zethu zivumelana nezulu, iintliziyo zeyiseke ngokupheleleyo.

Kutheni Ukholo Lufuneka?

Kutheni uThixo engakwazi nje ukuphilisa wonke umntu osesibhedlele xa efuna? Kutheni engakwazi ukuziqanda iimfazwe? Kutheni engakwazi ukuthumela izithunywa zezulu ukuba zishumayele Ivangeli kuthi? Ndiqinisekile ukuba uyivile yonke le mibuzo ngaphambili. Impendulo kukuba akakwazi. Asikuko ukuba uThixo akanawo amandla okwenza oko, kodwa akanalo ulawulo okanye igunya lokwenza oko. Ukuze uqonde into endiyithethayo, kufuneka sijonge kumaHebhere 2:6-8.

Ke, wakha wangqina ubani, esithi:

“Uyintoni na umntu, le nto umkhumbulelayo? Unyana womntu le nto umvelelayo? Wamnciphisa kancina ne kunezithunywa zezulu, Wamthwesa uzuko nembeko. Wammisa phezu kwemisebenzi yezandla zakho.”

Kuba, ekubeni wazithobela phantsi kwakhe zonke izinto ezo, uThixo akashiyanga nto ingathotyelwanga phantsi kwakhe.

—Hebhere 2:6-8

UThixo wanika umntu ulawulo olupheleleyo olusemthethweni phezu kwawo wonke ummandla wasemhlabeni xa wabekwa apha. Akukho nto yayingekho phantsi kolawulo lwakhe. Wawulawula lo mmandla ngolawulo negunya elipheleleyo. Amandla akhe okulawula ngegunya ayexhaswa ngurhulumente owayembeke apha. Eneneni, wayelawula ngegunya awayeliphathisiwe loBukumkani bukaThixo. Wayenxibe isithsaba salo rhulumente, esasimele uzuko lukaThixo, intambiso, nesigxina sembeko awayesithwele.

Ngoku, ngokuqinisekileyo, wayenganxibanga ngokwenene

isithsaba sokwenene, isitshsaba sentsimbi, kodwa wayenesithsaba ngengqiqo yoko sithetha ngaso isithsaba. Ukuze ube nomfanekiso omhle wendlela ekhangeleka ngayo, cinga ngokumkani wendalo. Nangona engumntu wendalo kwaye engenawo amandla okwenene kwindalo yakhe, uthwele isithsaba esibonisa ukuba umela kungekuphela nje yena kodwa ubukumkani norhulumente uphela. Amazwi akhe anegunya kuphela ngenxa yokuba axhaswa ngawo onke amandla nobutyebi bendalo borhulumente nobukumkani abumeleyo.

Ukuba ucinga ngegosa elalathisa itrafikhi, liyakumisa ilori enkulu enenqwelo erhuqwayo ngomyalelo, “Yima ngegama lo mthetho.” Ewe, ilori inkulu kakhulu kunendoda—kwaye indoda, ngokwayo, ayinakumelana nelori—kodwa ilori ime. Ayimi ngenxa yendoda kodwa ngenxa yebheji, emele urhulumente, enxitywa yindoda. Kule meko, urhulumente mkhulu kakhulu kunendoda enxibe ibheji. Kumqhubi welori, akukho loyiko lwendoda, kodwa kukho uloyiko lukarhulumente omelwe yindoda, olubangela ukuba ilori ime.

Kukwanjalo nalapha. UAdam wayelawula yonke into edaliweyo kummandla wasemhlabeni. Amandla nolawulo lukaThixo, olumelwe sisithsaba sozuko nembeko, lanika umntu isiqinisekiso sokuba amazwi akhe alawula egameni loBukumkani bukaThixo.

Kubaluleke kakhulu ukuphawula ukuba xa uAdam waphulukana namandla akhe okulawula ummandla wasemhlabeni ngokungcatsha urhulumente kaThixo, waphulukana nesithsaba sakhe, isikhundla sakhe segunya kuBukumkani bukaThixo, kodwa akazange aphulukane nebango lwakhe elisemthemthweni kummandla wasemhlabeni ngokwawo. Umntu wayesawuphethe ngokusemthethweni umhlaba. UThixo wayemnike ukuba awulawule. Ukuba sibuyela kumbhalo wethu kumaHebhere, sinokukubona oku.

Ke, wakha wangqina ubani esithi:

Ke, wakha wangqina ubani, esithi:

“Uyintoni na umntu, le nto umkhumbulelayo? Unyana womntu le nto umvelelayo? Wamnciphisa kancina ne kunezithunywa zezulu, Wamthwesa uzuko nembeko. Wammisa phezu kwemisebenzi yezandla zakho.”

Kuba, ekubeni wazithobela phantsi kwakhe zonke izinto ezo, uThixo akashiyanga nto ingathotyelwanga phantsi kwakhe.

—Hebhere 2:6-8

Nangona lo mbhalo uthetha ngexesha uAdam noEfa babedalwa, umbhalo uthi, “UThixo akashiyanga nto ingathotyelwanga phantsi kwakhe.”

*Amazulu ngamazulu kaYehova, ihlabathi **ulinike oonyana babantu.***

—IiNdumiso 115:16

Umntu Wagxotha uThixo

Nangona umntu enolawulo olusemthethweni phezu komhlaba, uphulukene negunya lakhe lokulawula ngokomoya. Eneni, uAdam wamxotha uThixo kwimicimbi yabantu emva Emyezweni; kwaye Ekuweni, ummandla wasemhlabeni wonakala waza watshintsha. Ukufa kwangena kummandla wasemhlabeni, kwaye ngoku uSathana wayenebango elisemthethweni legunya nempembelelo kwimicimbi yabantu. Kodwa nangona konke oku kwenzekile, kubalulekile ukuba uqonde ukuba umntu usengumhlali ngokusemthethweni emhlabeni. Nakwimeko yakhe yokuwa, usenolawulo lomhlaba.

Njengoko uThixo wambekayo, kodwa ngoku akanalo igunya lokulawula ngokomoya njengoko wayekade enegunya. Ewe, akasenaso isithsaba sakhe soburhulumente bukaThixo esinokumxhasa. Akanalo igunya lokulawula ngamandla nozuko lukaThixo, uphulukene nesikhundla sakhe sozuko. Kodwa usekuphela komntu onelungelo olusemthethweni lokulawula kummandla wasemhlabeni.

**KUNGOKO UTHIXO
KUFUNEKA ASEBENZISE
ABANTU ABAZALISWE
NGUMOYA UKUZE
ENZE INTANDO YAKHE
EBOMINI BABANTU.**

Kungoko uThixo kufuneka asebenzise abantu abazaliswe nguMoya ukuze enze intando Yakhe ebomini babantu. Ngendlela efanayo, uSathana usebenzisa abantu abaphfumlelwe ziidemon ukuze bachaphazele ummandla wasemhlabeni kwiicebo lakhe ngomntu. Lo mgaqo wolawulo lomntu phezu komhlaba ubalulekile ekuqondeni kwakho umthetho woBukumkani, ngakumbi, kutheni ukholo luyimfuneko ukuze uThixo afumane ulawulo elisemthethweni kwimeko.

Unokuthi, “Kodwa bendicinga ukuba uThixo ngumnikazi womhlaba nenzaliseko yawo?” Yinyani, ngoWakhe. Ndiyathemba ukuba lo mzekelo uya kukunceda uqonde into endiyithethayo. Ukuba ndiqeshise ngekhaya lam kuwe, nangona ilelam ngokusemthethweni, ndinikezela ngokusemthethweni ilungelo lokuya kulo nangaliphi na ixesha endifuna ngalo. Kukho isoloty kuninzi lwengqeshiso echaza ukuba abanini-mhlaba banokungena nini ngokusemthethweni kwizakhiwo eziqeshisiweyo—umzekelo, ukujongana nento engxamisekileyo okanye ukulungisa—kunye nesixa sesaziso esifunekayo. Ukuba ndizama ukungena

kwikhanya ngaphandle kwesi sivumelwano, kuya kuthathwa oku njengokuqeqeza emzini, nokuba indlu yeyam. Ukuba ndaphule umthetho ochazwe kwingqeshiso, ndinganyanzelwa ngokusemthethweni ukuba ndiphume kwindawo nangona iyeyam.

Oku kubonisa isizathu sokuba uSathana adlule kuAdam ukuze afikelele kummandla wasemhlabeni. NguAdam kuphela owayenesitshixo! Kwanyanzeleka ukuba uSathana angene ngomnyango kwaye kwakufuneka anikwe isitshixo ngulowo waneso ngokusemthethweni okanye ngewayekhutshiwe ngokusemthethweni.

Ngendlela efanayo, xa uAdam wagxotha urhulumente kaThixo kummandla wasemhlabeni, uThixo kwafuneka afune indlela yokubuyisela ngokusemthethweni urhulumente Wakhe kummandla wasemhlabeni. Kwakhona, kwakufuneka aze ngomntu. Kule meko, yayingumntu obizwa Abram owavula umnyango.

Ke kaloku uYehova wathi kuAbram, “Hamba umke ezweni lakowenu, kwelokuzalwa kwakho, nasendlwini kayihlo, uye ezweni endokubonisa lona. Ndikwenze uhlanga olukhulu, ndikusikelele, ndilikhulise igama lakho, ube yintsikelelo. Ndibasikelele abakusikelelayo, ndimtshabhise okuqalekisayo, zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi.

—IGenesis 12:1-3

UAbraham ubizwa uyise wokholo lwethu kuba ngumntu owavula umnyango womhlaba kuThixo apho zonke izizwe zomhlaba ziya kusikelelwa.

Ngokuqinisekileyo, oku kuthetha ngoYesu nesicwangciso sikaThixo ngabantu. Ukhohlo lukaAbraham luvule umnyango osemthethweni uThixo owamvula ngokusigxina ngokwenza

isivumelwano esisemthethweni phakathi kwakhe noAbraham. Esi sivumelwano sibophelela kwanenzala kaAbraham, kwaye yiyo into eyayithethwa kuGenesis 12 xa iBhayibhile isithi, “Zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi.” “Zisikeleleke ngawe” kubhekisa kuYesu esiza ngomnombo kaAbraham nokubuyisela into eyalahlwa nguAdam.

Mandiyibeke ngenye indlela into endiyithethayo. Indoda okanye umfazi onolawulo olusemthethweni kummandla wasemhlabeni kufuneka avumelane nezulu ukuze izulu lingene ngokusemthethweni kummandla wasemhlabeni. Esi sivumelwano nezulu sibizwa ukholo. Lo ngumgaqo ofanayo awathi uSathana wafumana ukungena ngokusemthethweni kummandla wasemhlabeni ngendoda ebambe isitshixo, uAdam.

UMtyholi, emnyuse (uYesu) entabeni ephakamileyo, wambonisa zonke izikumkani zelimiweyo, ngesiquphe sexesha. Wathi ke uMtyholi kuye, “Ndokunika bonke obu bukhosi bazo nozuko lwazo; ngokuba bunikelwe kum; nosukuba ndithanda ndiyamnika bona. Ukuba ngoko uthe wena waqubuda phambi kwam, konke oko kaba koba kokwakho.”

—ULuka 4

Uyabona kule vesi ukuba uSathana ubanga igunya nozuko (ubutyebi) bezikumkani zabantu bunikwe yena. Ubanga igunya elipheleleyo phezu komhlaba ngokubhekisele kuluntu. Ngoko Ngubani owamnika igunya? Lowo wayenalo, uAdam! Ngenxa yoko uThixo akanakusuka angene kwimicimbi yabantu ngaphandle kokungena kumnyango osemthethweni, okanye kuya kuba akukho mthethweni. USathana unokuthi waphule umthetho. Hayi, uThixo

kumele ukuba angene kula mnyango mnye, ngendoda okanye umfazi emhlabeni.

UYesu Wayengenako Ukubaphilisa—Kutyhilwe Isifundo Esinamandla

Wayesithi ke uYesu kubo, “Umprofeti akasweli mbeko, kungaba kukowabo, nakwizizalwana zakhe, nakokwabo.”

Wayengenako ukwenza na mnye umsebenzi wamandla khona apho, kwakuphela ukubeka izandla phezu kwemilwelwe embalwa, waiphilisa. Wamangaliswa kukungakholwa kwabo.

—UMarko 6:4-6

Ukuba ndinokubuza abantu estratweni ukuba uYesu wayenako ukwenza into, mhlawumbi banokuthi wayenako. Ukuba ndiye ndabuza ukuba kukho indawo eBhayibhileni apho uYesu wazama khona kodwa akakwazi ukwenza imimangaliso, banokuthini? Ndiyakuqinisekisa ukuba banokundixelela ukuba akukho ndawo injalo eBhayibhileni. Kodwa, usanda kuyifunda. UYesu wayengenako ukubaphilisa. Njengenzuluwazi yomoya, ndifuna ukwazi ukuba ngoba. Impendulo kukuba wayengenako, kwaye ngonku uyazi ukuba ngoba. Kwakungenxa yokungakholwa kwabo, nto leyo ethetha ukuba kwakungekho sivumelwano nezulu, kwaye ngaloo ndlela izulu lalingenalawulo lusemthethweni kulo meko. Qinisekisa ukuba unokuqonda ukucacileyo kwento esifumanisileyo.

Izulu alinalawulo emhlabeni ngaphandle kokuba intliziyo yendoda okanye yomfazi yeyiseke ngokupheleleyo koko kuthethwa lizulu, nto leyo ebizwa UKHOLO.

Ukuba sibuyela kwimibuzo endiyibuze kwinxalenye yokuqala yesi sahluko gomthandazo ongaphendulwanga, sinokuzifumana iimpendulo zethu ngoku. Khumbula, ndikhankanye imeko enokwenzeka apho izigidi zabantu zinokuthandazela umntu kwaye afe. Ngoba? Esona sizathu, kwakhona, akukho lukholo. Abantu abaninzi baphazamisa ingxolo eninzi ngokholo.

Nithandaza njalo ke, maningenzi milembelele ingeyanto, njengabeentlanga; kuba beba boviwa ngenxa yamazwi abo maninzi. Ngoko maningafani nabo; kuba ekwazi uYihlo enikusweleyo, ningekamceli.

—UMateyu 6:7-8

Abantu abaninzi bakholelwa ukuba abantu xa bebaninzi abathandazayo, kukhona kukho ithuba elikhulu lokuba uThixo ave nokuba ashukunyiswe ukuba abancede. Ndiyathemba ukuba sele sithethe ngokwaneleyo ngoku ukuba wazi ukuba bubuxoki ngokupheleleyo. Kwaye xa sisithi bekungekho lukholo, sithetha ngalowo kufuneka amkele kuThixo enokholo.

Kwibali lethu elikuMarko isahluko 6, kuya kufuneka uvume ukuba uYesu wayenokholo oluninzi, ukanti wayengenakubaphilisa. Ke ukuba mna nawe besithetha ngomhlobo ogulayo onezigidi zabantu abathandazayo, bendiyakubuza, “Uthini umntu ogulayo?” Uyabona, akukho naliphi na inani labantu abanegunya lomoya komnye umntu. Sinokuba nabantu abazibhiliyoni eziyi 20 bethandazela umntu, kodwa ukuba loo mntu akakho elukholweni kwaye esithi uya kufa, uya kufa.

Kwakhona, masithathele ingqalelo umzekelo wethu esisanda ukuwujonga kuMarko 6. Siyazi ukuba uYesu wayenalo ukholo

lokuphilisa, kodwa wayengenakubenzela nto abantu ngaphandle kokuba ukholo lwabo lubandakanyeke.

Ndibe nabantu abaninzi abaza kum besithi umakhulu wabo okanye utatomkhulu wabo okanye isihlobo siyagula bathi kudala bebandakanyela, kodwa akukho nto yenzekayo. Ndihlala ndibuza, “Uthini amakhulu? Uthini yena utatomkhulu? Likhona ukholo apho?” Uyabona, awunalalo igunya lomoya komnye umntu. Unokuba lungiselela, kodwa kufuneka babandakanyeke kuloo nto. Ke into endiyixelela abantu ukuba bafuna ukubona ubulungiseleli ubosebenzayo kukuqala batshintshe umfanekiso. Ndithetha ngomfanekiso umntu ogulayo awubonayo ngemeko yakhe. Ungabaniki izicatshulwa ezininzi zonqulo; banike umfanekiso. Mandikubonise into endithetha ngayo.

Bazibika kuYohane abafundi bakhe zonke ezi zinto. Ebizele kuye babini bathile kubafundi bakhe, uYohane wabathuma kuYesu esithi, “Wena ungulowo uzayo na, silinde omnye, sini na?”

Efikile kuye amadoda lawo athi “UYohane umbhaptizi usithume kuwe esithi, ‘Wena ungulowo uzayo na, silinde omnye, sini na?’

Ke kaloku, kwangelo lixa, waphilisa abaninzi kuzo izifo, nakuzo izibetho nakoomoya abakhohlakeleyo, wathi iimfama ezininzi wazibabala ukubona. Waphendula uYesu wathi kuwo, “Hambani niye nenizivileyo; okokuba iimfama zibuya zibone, iziqhwala ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, izithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, amahlwempu ayazishunyayezwa iindaba ezilungileyo.”

—ULuka 7:18-22

Qaphela ukuba uYesu wayengabhekisi kwiSibhalo. Wayenokuthi, “Hambani niyokuxelela uYohane esi Sibhalo okanye esa Sibhalo.” Kodwa hayi, wabaxelela ngazo zonke izinto ezilungileyo ezazisenzeka kuBukumkani bukaThixo. Buya kwenza okufanayo. Xelela umhlobo wakho ogulayo ibali lendlela uYesu awaphilisa ngayo omnye umntu. Ukuba kunokwenzeka, mxelele ibali lomntu owaphiliswa kanye kwesi sifo sithwaxa umzimba wabo. Lo mfanekiso uya kubakhuthaza kwaye uzise ithemba. Ithemba lihlala liphethe umfanekiso kunye nalo, kwaye lo ngumfanekiso ofuna ukuba umhlobo wakho awubone, ukuba kukho ukuphiliswa kweso sifo.

**“NGOKO KE UKHOLO
LUPHUMA NGOKUVA
UMYALEZO, UMYALEZO
KE UVIWA NGELIZWI
LIKAKRISTU.”
—KWABASEROMA 10:17**

Xa umhlobo wakho ebona ukuba kunokwenzeka ukuphiliswa, baya kubuza ukuba kunokwenzeka njani oko. Lo ngumzuzu ubuwulindele. Endaweni yokubashumayelela, ngoku bakulungele ukwamkela imiyalelo ephathelene neLizwi likaThixo nemigaqo yoBukumkani. Okokuqala, uya kufuna ukubazisa kuBukumkani ukuba abazalwanga ngokutsha; okwesibini, kuya kufuneka uchithe ixesha kunye nabo ucacisa iZibhalo malunga nokuphilisa. Ukuba kunokwenzeka, bashiyele izixhobo ukuze ugxinise oko ubaxelele kona.

Ngoku siyayazi ukuba luyintoni ukholo (ukuvemelana nezulu) nokuba kutheni ukholo luyimfuneko, kodwa kusafuneka sazi ukuba silufumana njani ukholo nokuba sazi njani ukuba siselukholweni.

Silufumana Njani Ukholo?

Ngoko ke ukhoho luphuma ngokuva umyalezo, umyalezo ke uwiwa ngelizwi likaKristu.

—KwabaseRoma 10:17

Luza njani ukhoho ngokuva ILizwi likaThixo. Ithini inkqubo? Kukuva nje ILizwi okufunekayo ukuze ukhoho luphuhliswe emoyeni womntu? Ukuze siqonde ukuba ukhoho luza njani nento ethethwa KwabaseRoma 10:17, sinokujonga kuMarko isahluko 4. Ndihlala ndisithi ukuba uphosa iBhayibhile yakho phezulu, kufuneka ihlale ivuleke kuMarko isahluko 4, yindlela abaluleke ngayo!

UYesu wathi kuMarko 4:13 ukuba awuthanga wayiqonda into ayifundisayo kwesi sahluko, soze uqonde namnye umzekeliso oseBhayibhileni. Ndingathi ibaluleke kakhulu loo nto!

Kutheni sibalulekile esi sahluko? Kuba sisixelela indlela izulu elidibana ngayo nommandla wasemhlabeni, indlela elizuza ngayo ukuba semthethweni, nalapho oko kwenzeka khona. Akukho nto ibaluleke ngakumbi ebomini bakho njengokwazi ukuba esi sahluko sithetha ngantoni.

Kwesi sahluko, uYesu usixelela imizekeliso emithathu ephathelene nendlela ukhoho oluveliswa ngayo kumoya womntu, njengoko, usazi ngoku, luyimfuneko ukuze izulu lingene ngokusemthethweni Emhlabeni. Amabali amathathu kwesi sahluko ngumzekeliso womhlayeli, umzekeliso wendoda ephosa imbewu, nebali lembewu yemostade. Masiqale ngokujonga kwibali lesibini uYesu alibalisayo kuMarko isahluko 4, ibali lendoda ephosa imbewu yemostade.

Wayesithi, “uBukumkani bukaThixo bunjengokuba abengathi umntu aphose imbewu emhlabeni. Aze alale avuke, ubusuke nemini, ibe imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo. Kuba umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo—kuqala ibe likhaba, ize ibe sisikhwebu, ize ibe yingqolowa ezalisekileyo esikhwebini. Athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.”

—UMarko 4:26-29

Into yokuqala ekufuneka siyenzile kukuchaza amagama ethu. Yintoni na le mbewu uYesu athetha ngayo kwaye yintoni umhlaba? UYesu uchaza loo magama mabini kumzekeliso owundulelayo womhlwayeli kwakwesi sahluko. Imbewu liLizwi likaThixo, kwaye umhlaba yintliziyo yomntu okanye umoya womntu.

Ke kulo mzekeliso, uYesu uthi indoda iphosa ILizwi likaThixo entliziyweni yayo. Emva koko ngokwawo, umhlaba okanye intliziyo yomntu iqalisa ukuvelisa ukholo, okanye isivumelwano, nezulu.

Ngoku le yinkqubo yendalo kunye nomsebenzi womoya womntu. Iza kufukama into oyifake khona. Ngaphambi kokuba ndiqhubeke, kubalulekile ukuba ukhumbule inkcazelo yethu yokholo ithi: intliziyo yendoda okanye yomfazi yeyiseke ngokuqinileyo koko kutshiwo lizulu. Ngoku, into enobuqili ekufuneka uyikhumbule apha ukuvumelana nezulu akufani nokuvumelana ngengqondo neLizwi likaThixo. IBhayibhile uAbraham wayeyiseke ngokupheleleyo.

Ukweyiseka Ngokupheleleyo

Ukukunceda ufumane umfanekiso ocacileyo wokuba ukweyiseka ngokupheleleyo kukhangeleka nokuba kuvakala njani,

masithi ndikuxelele ukuba utsibe ukusuka phezulu kweEmpire State building eNew York. Ukukweyisa ukuba uzame, ndikuxelele ukuba uphaphazele iingalo zakho ngokwaneleyo, ungabhabha ngokukhuselekileyo ukwehla uya Emhlabeni. Ubuzakuhleka ebusweni bam kuba UBUYAZI into eza kwenzeka kuwe. Weyiseke ngokupheleleyo ngesiphumo. Yindlela ukweyiseka ngokupheleleyo okuvakala ngayo. Uyazi ukuba weyisekile; ayikho enye indlela. Ungafa ukuba ungatsiba.

Ke masithathe enye imeko kwaye sibone ukuba wenza njani ngayo. Masicinge ukuba uneqhuma elibonakalayo, elikhulu emzimbeni wakho, kwaye ugqirha uthi unenyanga enye yokuphila: unomhlaza. Enyanisweni, ugqirha uthi uhlobo lwakho lomhlaza lunqabile kangangokuba akukho mntu ukhe waphila owafunyaniswa ukuba unawo. Ngoku, masicinge ukuba uyayazi into ethethwa ngu 1 Petros 2:24.

Owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emnqamlezweni, ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni; omivumbo yakhe naphiliswa ngayo.

—1 Petros 2:24

Isibhalo sisixelela impendulo, kodwa mna nawe sinengxaki enkulu. Sakhula eBukumkanini bobumnyama, kwaye ugqwetheka nokufa kwakusijikelezile. Sikhulele kubukumkani boloyiko, seyiseke ngokupheleleyo ngento ethethwa luloyiko. Ngoko kulo mzekelo ungasentla, siqeqeshwe ukuba umhlaza unokubulala. Sinobungqina kulo lonke usasazo lweendaba ukuba oku kuyinyaniso. Ngoko singasitshintsha njani isivumelwano sethu; sinokweyiseka njani ngokupheleleyo ngento ethethwa nguThixo? Ke,

enyanisweni, asinako ngokwethu. Kodwa ILizwi likaThixo liphilile kwaye linamandla, kwaye ngokulityala emoyeni wakho, lona lilodwa, umoya wakho neLizwi ziqala ukuvelisa ukuvumelana nento ethethwa lizulu.

Ukuvumelana neZulu

Wayesithi, “uBukumkani bukaThixo bunjengokuba abengathi umntu aphose imbewu emhlabeni. Aze alale avuke, ubusuke nemini, ibe imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo. Kuba umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo—kuqala ibe likhaba, ize ibe sisikhwebu, ize ibe yingqolowa ezalisekileyo esikhwebini. Athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.

—UMarko 4:26-29

Ngokwawo, umhlaba (intliziyo yakho) uvelisa ukuvumelana. Qaphela ukuba awunakuthandazela ukholo; ngumsebenzi wentliziyo yakho kunye neLizwi. Njengoko sijonga lombhalo, siyabona ukuba isivumelwano sentliziyo yethu nezulu yinkqubo; asenzeki kwangoso.

Lo mzekelo usixelelela ukuba ekuqaleni xa intliziyo yethu ifumana ILizwi, ukholo luqala ukukhula, kanye njengokuba igqabi okanye ihlumelo lembewu esanda kutyalwa ikhula. Emva koko iqhubeke ikhula njengesiqu, ize yenze intloko.

Intloko kulapho imbewu okanye isiqhamo siqala ukumila khona. Kwesi sigaba sobomi besityalo, akukho nto yokutya. Isityalo asikavelisi isiqhamo saso esivuthiweyo, okwangoku, kodwa Siyakhula.

Kunjalo ngeLizwi likaThixo. Akukho tshintsho lubonakalayo

okwangoku kummandla wasemhlabeni xa ukholo lukhula. Akukho sivumelwano okwangoku, kodwa qiniseka ukuba isityalo siyakhula, ukholo luyaveliswa, kwaye ukuvumelana kuyenzeka. UYesu uyaqhubeka ukucacisa ukuba xa imbewu entloko sele ivuthiwe, isivuno sifikile, ukuvumelana kukhona, kwaye ngoku ukholo lukhona.

Ngoko ke naku ukuqonda. Xa utyala imbewu emhlabeni, ngenkqubo yokuntshula isityalo siqalisa ukukhula, kodwa akuka-bikho siqhamo. Isityalo siyaqhubeka sikhula lo gama nje sihlala kwindawo efanelekileyo, kwaye njengoko sikhula, sikhupha isiqhamo saso. Masithi ulima umbona. Isityalo sombona sikhupha isikhwebu sombona, kodwa ekuqaleni, sisikhwebu sombona esincinane esingenambona ovuthiweyo ongawutya. Kodwa emva kwexesha lonyaka, umbona okwisikhwebu uyakhula kwaye uvuthwe. Ngoku bamba eli nqaku! Okwangoku ukhozo oluse-sikhwebeni luhambelana nokhozo oluhlwayelwe emhlabeni, kukho isivumelwano.

Xa imbewu kwisikhwebu sesityalo ivuthiwe, iya kufana—NCAM—nembewu eyahlwayelwa emhlabeni

Tyala isityalo sombona, kwaye imbewu evuthiweyo kwisikhwebu iya kuhambelana nembewu oyityalileyo. Ziyintwenye. Ziyafana kwaye incasa inye; awukwazi ukuzahlukanisa.

Ngoko ke mandicacise into ethethwa nguYesu. Xa sisiva ILizwi likaThixo (KwabaseRoma 10:17), okunene siphosa ILizwi likaThixo emoyeni wethu, nasezintliziweni zethu. Ukuba siyaligcina elo Lizwi ezintliziweni zethu, liya kukhula, kwaye lakuba livuthiwe, iintliziyo zethu ziya kweyiseka ngokupheleleyo ngento ethethwa lizulu. Izulu nomhlaba ziyahambelana, kwaye ngoku izulu lifumene

ulawulo olusethemthethweni kummandla wasemhlabeni ngomntu oweyiseke ngokupheleleyo. Iingcinga zethu kunye nenkolelo yethu zihambelana ngqo nento ethethwa lizulu ngokuzithemba okupheleleyo. Le asiyonto yengqondo. Le nto ngoku ibe yinto esiyikholelwayo kanye njengoko sikholelwa ukuba ilitye liya kuwa ukuba liwisiwe. Izulu lihlwayela ILizwi kummandla wasemhlabeni apho liya kuzisa isivumelwano nentando kaThixo. Ukuba izulu lithi uphilisiwe, ke xa elo Lizwi likhula entliziyweni yakho, konke okubonayo iya kuba yinto ethethwa lizulu. Akusekho loyiko. Xa uvala amehlo akho, uza kuzibona uphilile! Yiyo loo nto amaHebhere 11:1 (KJV) esithi:

Ukholo ke kukukholosa ngezinto ezithenjweyo; kukweyiseka bubukho bezinto ezingabonwayo.

Usenokuba awukayiboni ngokwendalo, kodwa uyibonile emoyeni wakho, kwaye iyinyani nje ngokungathi uyibambe ngesandla sakho. Eso sivumelwano sibizwa ukholo, kwaye olo kholo luya kufezekisa lo mfanekiso apha kummandla wasemhlabeni, ebomini bakho!

Ukuvula Iswitshi

Kodwa yima; ayiyo indawo apho uMarko isahluko ephela khona.

Athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.

—UMarko 4:29

Qaphela ukuba nangona intliziyo ivumelana nezulu kwaye kukho ukholo, akukho nto yenzekayo. Ngoba? Njengoko besisitsho lonke ixesha, unolawulo olusemthethweni apha kummandla wasemhlabeni. Uyayikhumbula ingxoxo yethu ngoLuka 8 ngokuphathelene nomfazi owayenengxaki yegazi? Khumbula ukuba uYesu

**KUFUNEKA UKHULULE
AMANDLA OBUKUMKANI
BUKATHIXO APHA
KUMMANDLA
WASEMHLABENI KUBA
NGUWE KUPHELA,
INDODA OKANYE UMFAZI
EMHLABENI, ONOKUYENZA
NGOKUSEMTHETHWENI.**

ukhona kwaye uyafumaneka, kodwa kusafuneka uzikhanyisele ngokwakho izibane. Oku kuyafana. Xa ukholo lusekiwe, umbane uya fumaneka, kodwa akukho nto yenzekayo kuba kufuneka uvule iswitshi. Kufuneka ukhulule amandla oBukumkani bukaThixo apha kummandla wasemhlabeni kuba nguwe kuphela, indoda okanye umfazi emhlabeni, onokuyenza ngokusemthethweni. Lo mgaqo yindlela kanye osindiswe ngayo, njengoko kukhankanyiwe KwabaseRoma 10:10.

wathi, “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile.” Ndikuxelele ngoko ukuba intombi yayimela ukuma okusemthethweni phambi kwezulu, ngenxa yokuba wayeyintombi kaAbraham, wayenamalungelo asemthethweni.

Ndiyithelekise nokuba neentambo ezisuka kumzi mveliso wombane ziqhagamshelwe kwindlu yakho. Umbane

Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.

—KwabaseRoma 10:10

Umntu ukholwa ngentliziyo ILizwi abe nobulungisa. Ubulungisa ligama lomthetha elithetha ukulawulwa komthetho. Ngoko ke xa intliziyo yendoda okanye yomfazi ivumelana nezulu, xa bekholelwa koko likhutshoyo izulu, banobulungisa phambi kwezulu noMhlaba. Kusemthethweni ngoku ukuba izulu lingene ebomini babo nakubomi babo kwaye libe nefuthe emhlabeni egameni loBukumkani bukaThixo. Kodwa ngokumangalisayo, nangona ngoku lisemthethweni kwaye baselukholweni, kodwa akukho nto yenzekayo. “Kodwa, Gary, bendicinga ukuba uthe ukuba ndiselukholweni, kundinika ulawulo olusemthethweni apha.” Uchanekile, kodwa umntu kufuneka akhulule ulawulo lwezulu apha xa kukho ukholo. Masijonge iSibahlo sethu kwakhona.

*Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; **avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.***

—KwabaseRoma 10:10

Xauselukholweni, okanye unobulungisa, ngoku kusemthethweni ukuba izulu luhlasele uMhlaba, kodwa qaphela ukuba ithi ukuba uvume ke ngomlomo ukuze usindiswe. Uyawabona amacala amabini? Inxalenye yezulu kukuzisa ILizwi entliziyweni yakho apho limisela isivumelwano kummandla wasemhlabeni. Emva koko xa isivumelwano okanye ukholo lukhona, kufuneka uthathe inyathelo kweso sivumelwano kwaye ukhulule igunya lezulu kwimeko yakho ukuze wamkele oko kuthethwa lizulu. KwiSibahlo sethu kuMarko 4:29, sithi xa isivuno sifikile, umntu (emhlabeni) ufaka irhengqe. Nguye ekufuneka athathe inyathelo ngeLizwi likaThixo xa ukholo lukhona kwaye ufumane isivuno.

Ukwamkela kuBukumkani bukaThixo

Mandibuyele ndithethe ngerhengqa kuMarko wesine okomzuzwana. Ndikholelwa ukuba uninzi lwebandla alifundiswanga indlela yokusebenzisa irhengqa, into ethetha ukuba abafundiswanga indlela yokuvuna into abayidingayo.

Nam ndandingayazi le nto de iNkosi yaqalisa ukundifundisa ukuba uBukumkani busebenza njani. Nali ibali lokuba senzeka njani isityhilelo sam sokuqala sale nkqubo ibalulekileyo eBukumkanini.

Ndamenywa ukuba ndiye kuthetha kwicawe yaseAtlanta. Yayiy-inkonzo yangoLwesithathu ebusuku kwaye icawe yayingenkulu kangako kodwa ndandingenangxaki. Ndandikuthanda ukufundisa abantu ngoBukumkani. Xa ndifika ecaweni, ndafumanisa ukuba umnyango uvaliwe kwaye kungekho mntu. Kwakusele imizuzu elishumi phambi kokuba kuqale inkonzo. Ndeva iveni isima kwendlela yecawe. Andacinga nto ngayo; kuba, ndandikumbindi wedolophu eAtlanta.

Ndithe ndisalindile, kwathi gqi indoda ivela emva kwesakhiwo yaza yazazisa njengomfundisi. Wathi uyaxolisa ngokufika emva kwexesha, kodwa iveni yakhe endala yayingafuni ukuqalisa. Wandixelela ukuba kwafuneka aqale iveni ngokuyihlisa kwindlela ehlayo, emva koko wanyusa isantya, nokukhaba *iclutch*, kuba *istarter* sasingasebenzi. Wathi amaxesha amaninzi yayingaqali tu, kwaye kwakuya kufuneka ahambe iimayile ezintlanu ukuya ecaweni. Kuya kufuneka ndivume ukuba yandothusa le ncoko.

Waqhubeka endixelela ukuba le cawe yayibubulungiseleli bokufikelela kwaye wondla amawaka abantu nyanga nanyanga, ngokuqhelekileyo izidlo ezingaphazu ko 10,000 ngenyanga kuloo ndawo. Njengoko wayethetha umfundisi ndacaphuka. Nanku

umntu kaThixo esondla abantu abayi 10,000 ngenyanga, akanayo nemoto ethembekileyo? Ndiyayilungisa loo nto. Ndandinemoto ebuntshana eneemayile eziyi 20,000 ekhaya endinokumnika yona. Ndamxelela ngecebo lam nokuba ndizothumela omnye wabasebenzi bam kumbindi wedolophu eAtlanta nemoto. Yena, ngokuqinisekileyo, wayevuya.

Ndachitha obo busuku ndifundisa yena nebandla lakhe ngoBukumkani bukaThixo nendlela obusebenza ngayo ngokunxulumene nemali. Ndandisazi ukuba kwakubalulekile ukuba baqalise ukubonisa ukuba uBukumkani bukhangeleka njani kwabo babewudinga kakhulu.

Ndithe xa ndigoduka, ndalungiselela ukuba imoto isiw eAtlanta. Xa umsebenzi wam weza ezokuthatha imoto, ndandisazi ukuba ndenza intengiselwano yomoya nezulu. Ndandisazi ukuba njengokuba ndikhulula loo moto eBukumkanini bukaThixo, ndandinokukholelwa kuThixo ngemoto endinokuthi ndiyidinge okwam. Andingomntu wemoto, nto leyo ethetha ukuba andikho kwiimoto. Abanye abantu bayazithanda, kodwa akunjalo ngam. Ke ndiye ndabeka isandla sam phezu kwaloo moto njengoko umsebenzi wam weza uzokuyithatha, kwaye ndathi, “Bawo, ndiyayikhulula le moto ingene kwesi sabelo eAtlanta. Njengoko ndiyikhulula, ndihlwayela imbewu kwaye ndikholelwa ukuba ndamkela i.” Ndandingakwazi ukucinga ngemoto endiyifunayo. Ngoko ke ndathi, “Ndiza kubuyela kuye ngaloo nto!”

Ke, kwiinyanga ezimbalwa ezizayo, andizange ndicinge kakhulu ngemoto, kodwa ngenye intsasa, ndabuza uDrenda ukuba angathanda ukuba noluphi uhlobo lwemoto. Emva kokucinga kancinci, wathi eguqulwayo iya kulunga. Ke, ndambuza ukuba ufuna luhlobo luni lemoto eguqulwayo, kwaye akukho namnye

kuthi owayenokucinga ngayo nayiphi na imfuziselo eyayikhona. Ngenxa yokuba ndandiyithengela uDrenda imoto, ndandifuna ukuqiniseka ukuba ufumana imoto ayithandayo. Ndamxelela ukuba ajonge kwi intanethi okanye ajonga jonge kwaye andazise ukuba ufumene imoto eguqulwayo anokuyithanda. Asizange sixelele mntu ngomnqweno wethu wemoto entsha, kodwa kwangaxeshanye, sahlala sivule amehlo ethu njengoko sasiqhuba, sikhangelela imoto enokubama ingqalelo yethu.

Ngenye imini, njengoko sasingena kwivenkile yokutyela sasihamba ukuya kwisidlo sasemini, umfazi wam ngequbuliso wathi, “Yiyo lee! Yintoni leyo?” ndabuza. “Imoto endiyithandayo.” Wayekhomba ngaphaya kwendawo yokupaka, ndiye ndaqhuba ndajikeleza indawo yokupaka ndema emva kweBMW 6 Series Ci eguqukayo, imoto entle ngokuqinisekileyo. Kwaye ndinokongeza ukuba ixabisa kakhulu. Ndamncoma ngencasa yakhe ndamxelela ukuba yimoto entle.

Ngoku, kufuneka uyazi ukuba mna noDrenda asiphumi siyokuhlawula iimali ezinkulu zeemoto. Njengoko benditshilo, andizange ndibe yindoda ethanda iimoto. Ndisebenza ngezimali, bendisazi nokuba zehla ixabiso ngokukhawuleza kangakanani na nokuba kuhlala kungcono ukuthenga imoto enonyaka omnye ukuya kwemibini ubudala. Ngoko elo yayilicebo lam; ndandindiza kukhangelela esetyinzisiweyo elungileyo.

Ke, emva kweveki, ndatsalelwa umnxeba yindoda yasecaweni yathetha lamazwi, “Ndiyifumene imoto kaDrenda!” ndandixakiwe njengokuba zange sixelele mntu ngeBMW esayibona ngala mini ngesidlo sasemini. Ke ndiye ndambuza ukuba luhlobo luni lwemoto, wathi yiBMW 6 Series Ci eguqukayo. Wathi uthe eqhuba, wayibona, kwaye iNkosi yamxelela ukuba yimoto kaDrenda. “Kulungile,

ngoku unengqalelo yam,” Ndamxelela. Imoto yayinonyaka ubudala kwaye ikwimeko entle. Ndaphela ndihlawula imali ngayo, kwaye uDrenda wafumana imoto yakhe.

Wowu, yenzeke njani loo nto?

Masithelekise ibali nento esiyifundileyo ngokuba selukholweni nokufaka irhengqa. Xa ndanikezela ngemoto yam, ndandiselukholweni. Kodwa xa uDrenda esithi ngokuvakalayo, “Yiyo lee!” wayefaka irhengqa, emva kweentsuku ezimbalwa, yavela imoto. Nangona ndemva esithi ngokuvakalayo, “Yiyo lee!” andizange ndidibanise isibhengezo sakhe kuMarko isahluko sesine kunye nerhengqa. Kodwa eli bali elilandelayo layenza yacaca gca.

Amandla Amazwi

Njengoko benditshilo, ndineehektare eziyi 60 malunga neziyi 10 kuzo ngumgxobhozo. Ndiyathanda ukuzingela ekwindla, kwaye nangona ndandizingelaamadada ndisesikolweni samabanga aphakamileyo, ndandingekazingeli amadada eOhio. Kodwa ngaloo nyaka, umgxobhozo wawuzele ngamanzi, kwaye imihlambi emikhulu yamadada ayemane ebhambela kuwo. Amakhulu ngosuku ayeza ukuza kulala ebusuku. Ngoko ndiye ndathatha umpu ngobunye ubusuku ndahamba ndaba nexesha elimnandi ndidubula amadada ambalwa awesidlo sasebusuku.

Ekwindla, omabini amakwenkwe am kunye nam sakonwabela ukuzingela amadada. Into enye endayiqaphelayo, nangona kunjalo, kukuba ixesha elininzi, amadada aye kude apho umpu wam wayefikelela khona. Xa uzingela amadada, uvumelekile ngokusemthethweni kuphela ukuba usebenzise iimbumbulu zeentsimbi ngokuchasene nembumbulu yelotho. Imbumbulu yelotho inzima

kwaye igcina amandla ayo umgama omde kunembumbulu yentsimbi, kungoko inengxaki yokudubula umgama omde ngelixa uzingela amadada.

Kodwa ngala kwindla njengoko ndandithetha nabanye ogxa abambalwa abazingela amadada, bandixelela ngale mipu mitsha yayiyilelwe ukuzingela amadada. Yayikwazi ukudubula imbumbulu ezisindayo kwaye ifihleka ngokunjalo. Ndandinomdla kakhulu wokuthenga omnye, kodwa yayiyinyanga yoMnga, ixesha lamadada laliphela, kwaye andizange ndicinge kakhulu ngayo.

Ekuqaleni kwenyanga yoMqungu, ndadlula eCabela (ivenkile yethu yasekuhlaleni yempahla yemidlalo) ndifuna into ethile, ndakhumbula loo mipu yamadada. Ndandifuna ukubona omnye. Ndiye ndadlula kwikhawuntara yemipu endleleni ephumayo, kwaye ndabona icala eliphelileyo lemipu emitsha eyenzelwe ukuzingela iintaka zamanzi. Ndikhumbula, ngaphandle kokucinga ngayo, ndikhomba umnwe wam kulo ndandicinga ukhangeleka ungowona ulungileyo kwaye ndathi ngokuvakalayo. “Nkosi, ndiza kuba nalo.” Andizange ndicinge ngayo njengoko ndandiyithetha, yaziphumela nje emlomeni wam. Ixesha lamadada lalingavuli de kube yikwindla, ngoko ndandingacwang-cisanga ukuthenga umpu de ixesha lonyaka lisondele kancinci.

Iiveki ezimbini kamva, ndamenywa ukuba ndithethe kwinkomfa yezoshishini. Xa ndigqiba, iCEO yeza izondibulela yathi bandithengele isipho. Kwaye ngokumangalisayo, wakhupha umpu kanye, uhlobo kanye, ndandimkhombe iiveki ezimbini ngaphambili eCabela.

Mna ke, ngokuqinisekileyo, ndamangaliswa sisipho sesisa esinje, kodwa ndandiyazi ukuba yayingeyonto nje eyazenzekelayo. Ndakhumbula into endayithetha ndisevenkileni eCabela kwaye ndaqonda into endiyenzileyo. Ndandifake irhengqa!

Wayesithi, “uBukumkani bukaThixo bunjengokuba abengathi umntu aphose imbewu emhlabeni. Aze alale avuke, ubusuke nemini, ibe imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo. Kuba umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo—kuqala ibe likhaba, ize ibe sisikhwebu, ize ibe yingqolowa ezalisekileyo esikhwebini. Athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.”

—UMarko 4:26-29

Ukufaka irhengqa kubonisa kwalaa mgaqo ufanayo wokholo esixoxe ngawo ngaphambili KwabaseRoma 10:10.

Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.

—KwabaseRoma 10:10

Ndakholwa ngentliziyo yam, kwaye ngomlomo wam ndakhulula uBukumkani kummandla wasemhlabeni. Ndanikisa ngemipu engaphezu kweyi 30, kodwa yayikokuqala ndikhumbula ndisithi ngokuvakalayo, “Ndiza kuthatha lo!” Kodwa xa ndicinga ngayo okomzuzu, kwakukho ixesha elinye kuphela ndenza into efanayo—kodwa ngelo xesha, ndandingazi ukuba uBukumkani babusebenza njani.

Xa mna noDrenda sibuyela eOhio, sasivela eOklahoma apho ukuzingela amaxhama kwakusenziwa ngompu. Kodwa eOhio, imipu yayingekho semthethweni; kwakuvunyelwa iimipu esebenzisa imbumbulu yelotha. Ekuphela kompu ndandinawo ngelo xesha yayiyi 20 gauge enemingxuma emibini endakwazi ngayo ukuvuna amaxhama amabini kunyaka wokuqala sasifuduka. Kodwa ndandifuna ngokwenene umpu olungileyo owawuyilelwe

ukuzingela amaxhama. Ndakhumbula ukuba emva kwexesha lokuqala lamaxhama eOhio, ndathi kuDrenda ukuba ndandifuna ngokwenene i*Remington* eyimodeli 11-87 i12 *gauge* emnyama yokuzingela amaxhama. Ikrisimesi yayikwiiveki ezimbalwa kamva, kwaye ndamangaliswa xa utata wam endinika loo mpu kanye ngeKrisimesi. Zange ndimxelele ngemfuno yam yompu. Ndikhumbula ndicinga, “Yoh, loo nto yayingaqhelekanga.” Ndafaka irhengqa ndingazi.

ISAHLUKO 4

AWUSAKHUMBULI?

Ngeentsuku zokuqala xa ndandiqala ukufunda indlela uBukumkani obusebenza ngayo, ndothuswa zizinto endazibonayo. Ikakhulu kwakungenxa yokuba andizange ndifundiswe nanye kwezi zinto ndandizibona. Kodwa njengoko benditshilo kwinxalenye yokuqala yencwadi, uThixo wabonakala esebenzisa ukuzingela kwam amaxhama ngezifundo awayendifundisa zona. Eneneni ndingumntu olula, kwaye ndiyacinga ukuba yayiyindlela entle yokubamba ingqalelo yam. Emva kokufunda indlela yokuhlwayela amaxhama am ndaza ndaqala ukuwavuna, ngokuqhelekileyo ngaphakathi kwemizuzu eyi 40 emva kokuba ndiphumile, uThixo waqalisa ukuhlengahlengisa izifundo zam ukuze ndiqonde ngakumbi ngomsebenzi woBukumkani.

NdandiseTulsa, Oklahoma, xa uThixo wandibonisa indlela yokuzingela inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu ngokholo. Kwaye njengoko benditshilo, sabuyela eOhio kunyaka olandelayo. IOhio yayinomhlambi omkhulu wamaxhama kwaye yayikuvumela ukuba uthathe amaxhama amabini apho elinye kuphela elinokuba yinkunzi. Ngoko xa ndifika eOhio, ndaqalisa

ukuhlwayela amaxhama amabini inkunzi enye nethokazi elinye ngonyaka. Kwaye njengesiqhelo, yile nto ndayifumanayo.

Kodwa ngomnye unyaka, ndaqaphela into eyandibhidayo. Ndacinga, Hayi, ayinakwenzeka le nto.” Xa ndigqiba eloxesha lamaxhama, ndaqaphela ukuba amaxhama aza ngolandelwano endandiwabhale ngalo phantsi kwitsheki yam xa ndandiwahlwayela.

Umzekelo, ukuba ndiye ndabhala “yenkunzi okanye ithokazi,” inkunzi ibisiza kuqala emva koko kuze ithokazi. Njengoko ndandicinga ngamaxesha ambalwa adlulileyo eOhio, ndacinga ukuba le nto yayisenzeka minyaka le. Ndandiqinisekile njengoko ndandingazange ndinike ingqalelo kakhulu kuyo, kodwa ngenxa yesizathu esithile, ndazibuza ukuba le yinyani na.

Ke ngonyaka olandelayo, ndaqonda ukuba kufuneka ndifumanise. Ndiyavuma ukuba yayiyingcinga engabhadlanga, kodwa ndacinga ukuba yayisebenza ngolu hlobo, kwaye bendingasoze ndazi ngaphandle kokuba ndenze imifuniselo embalwa. Ngoko ndalijika ulandelelwano xa ndandihlwayela imbewu yam ngaloo nyaka. Ngeli xesha, ndabeka ithokazi kuqala kuluhlu. Kude kube ngoko ndandihlala ndibhala inkunzi kuqala xa ndihlwayela imbewu yam. Ngokuqinisekileyo, yayilulo ulandelelwano ezafika ngalo. Ngoko ke ngonyaka olandelayo, ndayenza kwakhona, kwaye zeza ngolandelwano endandizibhale ngalo. Ndandingazange ndiyicinge into enje ukuba inokwenzeka. Ndithetha ukuthi, ngaba uBukumkani buthe ngqo ngolo hlobo?

Ukufumanisa ukuba lento ibisenzeka ngenene okanye izenzekele nje, ndiye ndagqiba ekubeni ndifumanise ngokuqinisekileyo kwaye ndiqhube umfuniselo onzulu ngakumbi. Kulo nyaka, ndigqibe ekubeni ndihlwayele inkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe. Ngokuqhelekileyo, ixhama liya kuba nenani elifanayo lokwahlukana

kweempondo kwicala ngalinye, ngoko ndiye ndakhetha inani elingahambelani kunye nenani elithe ngqo. Ngoko yiyo loo nto mna noDrenda sayihlwayelayo, nokuba le nto ivakala ingaqhelekanga. Sathandazela kwaye sakhulula imbewu yethu yenkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe.

Lungqale kangakanani Ukholo?

Inyanga yeDwarha yade yafika, kwaye ixesha lesaphetha lavula. Ngokwesiqhelo ndandingakwazi ukulinda ukuba ndingene emahlathini nesaphetha sam, kodwa ndiye ndaqaphela ukuba andiziva njengesiqhelo njengoko ixesha livulwa. Ndandingenamnqweno wokuphuma. Imvakalelo yayinamandla kwaye, ngokungaqhelekanga, ndandisazi ukuba ndandingenakuphuma ngelo xesha. Ngelo xesha, ndacinga ukuba okungabinamnqweno wokuya kuzingela kuya kusuka njengoko ixesha lihamba kwaye amagqabi eqala ukuwa. Kodwa hayi, ndandingakwazi ukuyichaza, ndandingenamnqweno wokuphuma, namnye. Ndikhumbula ndicinga, “Ingaba kwenzeka le nto xa ukhula, uyeka ukwenza izinto?” kuba andikwazanga ukuyichaza le mvakalelo ingaqhelekanga ndandinayo. Kwakungathi ndandingakhathali nokuba ndingazingela amaxhama kwakhona. Ke, ngoku yayiyinyanga yeNkanga, kwaye ndandisiya ndikhathazeka. Ndandisele ndiliphosile elona xesha lihle ehlathini nelona lifudumeleyo, ndinokongeza. Kwakuphakathi kwenyanga yeNkanga, kwaye ndandikekabinawo umnqweno wokuya kuzingela. Ndazibuza ukuba bendiza kuphuma kwaphela; yindlela kwakuvakala ngayo.

Abazali bakaDrenda babeqhuba besuka eAlabama beza kuhlala nathi iintsuku ezimbalwa. Njengoko sasihleli sincokola kwigumbi

lokuhlala, ngeqbuliso, ndazi ukuba kufuneka ndiphume ndibe sehlathini ngengomso. Yayingathi kuvulwe iswitshi. Ndabaxelela bonke ukuba kufuneka ndihamba kusasa ukuze ndifumane imkunzi yam. Ngeqbuliso, ndandinemincili kwaye ndinolindelo njengoko ndandilungisa izinto zam ndisenzela kusasa.

Ndandisazi ukuba inkunzi yam enephondo elahlukene kasixhenxe yayizakubakho. Ndiye ndaqonda. Inkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe nokuba yayingekho ngenyanga yeDwarha, kwaye yayingekho ngezolo. Inokuba yayisisizathu sokuba ndizive ndingenamdla wokuzingela. Ndiyakwazi ukucinga ukuba bekuya kuba nzima kangakanani ukulinda inyanga enesiqingatha ukuba ndandijonge nje efestileni ndinqwenela ukuba phandle pha yonke imihla loo yanga enesiqingatha. Loo nto biya kundikhathaza. Ngeli xesha, yonke le nto yayiyithiyori, kodwa ndandiza kuyivavanya ngentseni elandelayo.

Kwakumnyama njengoko ndandivuka ngalo ntseni, kwaye ndandithandazile ebusuku ukuba ndimele ndiye kweliphi iqonga lomthi na. Ndinamaqonga aliqela emhlabeni wam, kwaye njengoko ndandithandaza ngayo, ndaziva ndiqinisekile ukuba kufuneka ndiye kwiqonga elisemgxobhozweni. Siyibiza ngokuba liqonga lomgxobhozo ngenxa yokuba imida ezi hektare ezilishumi zomgxobhozo kwelinye icala leqonga namasebe kwelinye icala leqonga. Ndandisazi ukuba amaxhama ngamanye amaxesha ayesiza emgxobhozweni ngokuhamba kumda. Iqonga landisebenzela kwixesha elidlulileyo, kwaye ndandilindele ngokupheleleyo ukubona inkunzi emgxobhozweni ngaloo mini.

Njengoko ndandihamba ndisiya eqongeni, ndajonga kwakhona into uThixo wandibonisa yona kwixesha elidlulileyo ngokuphathelelene noBukumkani ngokuzingela amaxhama, kwaye

ndavakalelwa kukuba wayendifundisa ngakumbi. Ndandinomncili wokubona isiphumo somfuniselo wam.

Ukukhanya kwentsasa kwavela ngokucothayo, kwaye izandi eziqhelekileyo namavumba entsasa yasekwindla zazilutshintsho olwamkelekileyo kum. Ndandizikhumbula nyani. Kwakuphantse iyiyure ukuya kusasa, kwaye kwakungekho phawu lamaxhama. Kodwa ndandisazi ngokubukela indlela yokwenza yamaxhama emhlabeni wam ukuba amaxhama ayefika kule ndawo kamva ekuseni njengoko yayiyindawo yokulala ephambili. Nangona ndandikwiqonga malunga neyure, ukukhanya kokudubula okusemthethweni kwakufumaneka kuphela malunga nemizuzu eyi 40.

Njengoko ndandihleli apho ndeva icango lemoto livalwa endlini. Ndiye ndakhumbula ukuba abazali bakaDrenda babehamba ngala ntsasa beqhuba bebuyela eAlabama. Ngoko ke ndingafuni, ndehla eqongeni lam, ndicinga ukuba kuya kufuneka ndibuye ngenye imini ukufumana inkunzi yam enephondo elahlukene kasixhenxe.

Ndithe xa ndifika endlini wonke umntu evukile elungiselela isidlo sakusasa. Ndihlala ndingumpeki wesidlo sakusasa kusapho, ndipheka isidlo sakusasa phantse yonke imihla ndisenzela mna noDrenda nabani na omnye okhoyo. Ngoko ndiye ndayokusebenza ndipheka isidlo sakusasa njengoko abazali bakaDrenda babegqibezela ukulungisa imoto yabo. Ngokuqinisekileyo, babuza ngenkunzi yam, kwanyanzeleka ukuba ndibaxelele ukuba ndigqibe kwelokuba ndilahle isicwangciso sam ukuze ndichithe intsasa nabo. Ewe, ndadana kancinci. Ndandilindele ukuba bahambe ekuhambeni kwentsasa, ndibe nexesha lokufumana inkunzi yam.

Kodwa ndandime estovini ndizamisa amaqanda, ndajonga kwifestile yasekitshini ejonge ngasemva ihlathi namasimi. Ndibone inkunzi ileqa ithokazi kwibala elingasemva, isiya ngqo

emgxobhozweni apho iqonga lam lingakhona. Ndandisazi ukuba ifanele ukuba yinkunzi yam. Ndiye ndakhwaza ukuba umntu aze kupheka kwaye ndisanda kubona inkunzi yam, kwaye bendisiya kufumana inkunzi yam. Ndandisazi ukuba andinaxesha lingako.

Kwakuzakufuneka ndibaleke ndijikeleze umhlaba wam ukusuka kwelinye icala ukuze ndingabonwa yinkunzi. Ndiye ndacinga ukuba inokuba yehla ngendlela iqonga lam elikuyo. Ndabaleka ngokukhawuleza kangangoko ndinako ndijikeleza ibala ndaya kufika kwiqonga lam ndingakhange ndibone naliphi na ixhama, into eyayilungile. Ndiye ndazi kwangoko ukuba kufeneka ndidfike kuqala ukuba, eneneni, iye yakhetha ukuhamba ngendlela yam. Ndakhawuleza ndakhwela eqongeni intliziyo yam ibetha ngokukhawuleza nombilo usehla ebusewni bam.

Ngeqbuliso, xa ndihlala phantsi, nazo zisiza. Ithokazi leza libhaleka ngqo phantsi kweqonga lam, kwaye ndazilungiselela njengoko ndandisazi ukuba inkunzi ayikho kude ngasemva. Ngokuqinisekileyo, nantso isiza. Ndandingenalo ixesha lokuqinisekisa ukuba inamaphondo ahlukeno kasixhenxe okanye hayi. Ndandingenalo nexesha lokuphakamisa isaphetha sam ukuze ndidubule. Xa ndidubula, ndazi ukuba ndiyitsanile inkunzi kodwa ndiyitsane ezantsi, into eyandikhathazayo. Inkunzi yatsibela emahlahleni xa ndidubula. Ndalinda eqongeni kangangemizuzu eyi 20 ndaza ekugqibeleni ndehla emthini, ndingxamele ukujonga iimpawu zokubetha kwisaphetha. Ngelishwa, kwakukho igazi elincinci kakhulu kwisaphetha emhlabeni.

Ndandicaphukile kancinci ngokudubula kwam, kodwa ndandisazi ukuba inkunzi iza kulala emahlahleni, kwaye ndandingafuni ukuyenza iphume okwangoku. Ndandikhe ndadubula iinkunzi ngaphambili zinegazi elincinci kwaye ndazi ukuba eyona

nto ingcono kukuba ndiziyeke zihlale okwethutyana. Ndiye ndabuyela endlini ndagqibezela isidlo sakusasa, ndabalisela wonke umntu ibali, emva koko ndaxelela abafana bam ukuba ndidinga ukuba bandincedise sihambe ebaleni sijonge ukuba singayifumana na la nkunzi. Ithemba yayikukuba siyakufumana ixhama libethwe ngcono kunento yayiboniswa sisaphetha nokuba mhlawumbi sele lifile. Kodwa ndandisazi ukuba kukho ithuba lokuba ndiyibethe ezantsi kakhulu nokuba inkunzi yalimala nje.

Emva kokulinda iyure ezimbalwa, saphuma, ke sobathathu sathi sa ebaleni. Ndiye ndalungisa isaphetha sam ndilungele ukuba bendisidinga. Ngequbuliso, kwelinye icala lebala, uTim wabona inkunzi. Yayingandibonanga kwaye ibaleka isiza ngakum. Njengoko yayibaleka ngequbuliso yabona uTom, yema ukuze ibona ukuba ingaya kweliphi na icala.

Inkunzi yayikude iiyadi eziyi 65 ukuya ku 70, ikude kakhulu ukuba idutyulwe ngesaphetha esinamandla amancinci yolo suku, kodwa ndandisazi ukuba elo yayilithuba lam kuphela elo. Ndakhawuleza ndaphakamisa isaphetha ndajongisa phezu kwexhama ndaluyeka utolo lahamba. Ndimangalisiwe, utolo lwagobela enkunzini lwayibetha kancinane embindini wentamo yayo. Yabaleka yehla induli asayibona. Ndandothukile.

**EWE, UBUKUMKANI
BABUTHE NGQO KANGAKO!
AKUKHO NAMNYE WAKHA
WANDIXELELA UKUBA
UBUKUMKANI BUSEBENZA
NGOLU HLOBO, UKUBA
UBUKUMKANI UBUKUMKANI
BABUTHE NGQO NGOLU HLOBO,
UKUBA BABUTHE NGQO
KANGAKO, NOKUBA NGENENE
SASINOLUHLOBO LWEGUNYA.**

Wowu. Sahamba kancinci saya kwicala inkunzi yayibalekele kulo, ndayibona ilele malunga neeyadi eziyi 100 phambi kwethu. Yayiphakamise intloko yayo kodwa yayingasibonanga, siye sabuya umva sagqiba kwelokuba sizakubuya kamva.

Ke, kamva kwakusemva kwexesha elide njengoko ndadinosuku oluzeleyo phambi kwam ecaweni kwaye andizange ndikwazi ukubuyela ekhaya kwade kwamnyama. Mna noTim sathatha isibane sabuyela apho sasibone khona ixhama lilele phantsi. Apho salifumana iiyadi ezimbalwa ukusuka apho lalikhona. Ndakhawuleza ndajonga impondo, pha phambi kwam kwakukho inkunzi enephondo elahlukene kasixhenxhe.

Ndajonga inkunzi ndimangazekile. Mna noTim sabulela uThixo ngexhama, kwaye sithe sisalirhuqa ukuya endlini, sancokola ngoBukumkani nento sasigqiba kuyibona.

Ewe, uBukumkani babuthe ngqo kangako! Akukho namnye wakha wandixelela ukuba uBukumkani busebenza ngolu hlobo, ukuba uBukumkani uBukumkani babuthe ngqo ngolu hlobo, ukuba babuthe ngqo kangako, nokuba ngenene sasinoluhlobo lwegunya.

Enye into Efunyenweyo

Ndikhumbula okunye ukuzingela amaxhama apho ndahlwayela inkunzi enephondo elingathi liqhosha. Inkunzi enephondo elingathi liqhosha yinkunzi enonyaka ubudala, enamaphondo amancinci kakhulu. Ngenxa yokuba zincinci kangaka, kumgama, inkunzi enephondo elingathi liqhosha inokubonakala njegethokazi. Ngenxa yoku, iinkunzi ezinamaphondo angathi liqhosha libalwa njengethokazi eOhio. Nceda uphawule,

ayingomntwana wexhama. Azikho nkulu ncam njengexhama elikhulileyo, kodwa zisondele.

Ke ngalo mini, ndandiphezulu eqongeni lam lomthi, kwaza kwangena iqela lamaxhama, malunga nesithoba okanye ishumi. Ayephumile kancinci apho isaphetha sam sifikelela khona kodwa athe chu esondela kum. Ngequbuliso, ummelwane wangxolisa imoto yakhe. Ekubeni eve isandi, umhlambi wonke wemka kum kwangoko. Ndakhwaza, “Nkunzi enephondo elingathi liqhosha, ndikuyalela ukuba ubuye ume phantsi komthi wam.” Yiba nalo mfanekiso. Lisimi elivuniweyo lombona, kwaye isithoba samaxhama ebaleka esuka kanye kum. Ngelizwi lam, ixhama lawushiya umhlambi, liqhubeka libaleka lijika libuya emva, leza ngqo phantsi kweqonga lam lomthi, laze lema! Ndaguduka nalo elo xhama, kwaye ewe, yayiyinkunzi enephondo elingathi liqhosha.

Olu luhlobo lwento ebendihlala ndiyibona ngokuphindaphindiweyo. Ndizakuxoxa ngakumbi malunga nendlela uBukumkani obuneenkukacha ngayo nendlela obuthe ngqo ngayo kamva kule ncwadi, kodwa okwangoku, masiqonde ukuba kukho into emangalisayo eyenzekayo apha.

Ubukumkani batshintsha ubomi bethu, kwaye sasingakwazi ukuyeka ukuxelela abantu ngabo. Sinamabali amaninzi, kwaye sibone okuninzi. Sibone abafuleyo bebuyela ebomini, amathumba enyamalala kwangoko, amabali amangalisayo emali, kunye namabali okuhlangululwa kunye nokhokelo. Ngendlala yokuxelela abantu ngokulunga koBukumkani bukaThixo, mna noDrenda saziva sikhokelwa ukuba siqale *iFaith Life Church* ngo 1995 ukuze sincede abantu baqonde uBukumkani. UThixo uye wasiyalela ukuba sisungule *iFaith Life Now*, ubulungiseleli bethu beendaba, ngo 2006, esasaza ubulungiseleli beTV kuyo yonke indawo

kwisijikelezi langa mihla le. Safumanisa ukuba abantu kuyo yonke indawo bafuna ukwazi ukuba baphile njani indlela yokuphila yobu Bukumkaniyenkululeko noloyiso.

Ubukumkani bukaThixo Busebenzela Umntu Wonke

Njengoko bendihlala phantsi ukuze ndibhale esi sahluko ngale ntseni, ndijonge ii-imeyile zam. Sifumana ii-imeyile yonke imihla kubantu abasixelela indlela uBukumkani bukaThixo obutshintsha ngayo ubomi babo kunye nabo. Bendicinga ukuba ningaba yinxalenye yosuku lwam njengoko le imeyile ifike kwimizuzwana embalwa edlulileyo.

Ndingubani na ukuba andikhumbule? Iminyaka embalwa edlulileyo ndaqala ukumamela iimfundiso zakho, kwaye ndabona imimangaliso ukusukela ngoko. Ndibone ukuphiliswa kunye nemimangaliso yezemali. Ngoku, ingqondo imangazekile njengoko ndijonga ndibone ukulunga Kwakhe. Ndibona abantu abaswelayo neengcango zivulekele Ivangeli nenyano. Ndibona iingcango zivulekele inyaniso! Kwaye into endimangalisayo imali izele. Undityebise ukuze ndikwazi ukunika, ukuze abanye bambone! Ndingumhloli wekhaya oziphangelayo. Ndihlala ndifundisa abahloli abancinci, kwaye ndaqala iqela leshishini lamaKristu apho sithetha ngobizo lokuba nesisa nokukhulisa isizukulwana esilandelayo... ukuba indlela yoBukumkani ayilokhuphiswano kodwa yintabalala. Eneneni, iimfundiso zakho zitshintshe ubomi bam, kwaye ngoku zidluliselwa kwabanye; kwaye njengoko

wandiseka, abanye ngoku bayamamela baze babone uzuko Lwakhe. Kuyathoba ukubona into ayenzileyo kunye nendlela aqhubeka ukubonelela ngayo. Ndiyabulela ngobulungiseleli bakho!

Ngokuzithoba,
B.F.
Knoxville, TN

Olu luhlobo lwe imeyile esiyifumana lonke ixesha. Kodwa sikwafumana imibuzo emininzi malunga nomsebenzi woBukumkani. Abantu babuza indlela ekufuneka basebenze ngayo kuBukumkani nendlela yokubona into mna noDrenda esiyibonileyo. Yinjongo yale ncwadi, eyesine kuthotho lwam lwe “Nguqu Yakho Kwezemali.” Ukuba unezinye iincwadi zam, ke uyazi ukuba ndithathe ixesha elingakanani ukuza kule ndawo ukuhlola ezinye zeenqikelelo eziphambili ekufuneka wonke umntu ofuna ukusebenza eBukumkani azazi.

Kodwa ngoku ndifuna ukungena nzulu kumsebenzi woBukumkani kwaye, ngethemba, ndikuncede uqonde ngakumbi ngendlela yokuphila kuBukumkani ngeziphumo. Ndifuna ukuqala ngokubeka into endiyibiza ngokuba ngamanyathelo amahlanu asisiseko ukuze wamkele ubonelelo oludingayo kuBukumkani bukaThixo, kanye njengoko uThixo wasifundisayo.

Amanyathelo Ayi 5 Asisiseko ukuze Wamkele Ubonelelo Oludingayo

Masiqale ngebalu kuMarko 8:14-21

Baye belibele ukuphatha izonka; babengenanto banayo emkhombeni, ngaphandle kwesonka esinye. Wabayala esithi, “Ligqaleni, nililumkele, igwele labaFarisi, negwele likaHerode.”

Baye becamanga besitshono ukuthi, “Kungokuba singenazonka.”

*Ekwazi oko uYesu, athi kubo, “**Yini na ukuba nicamange, ngokuba ningenazonka?** Anikaqiqi na, anikaqondi na? Isaqaqadekile na intliziyo yenu? Ninamehlo nje, aniboni na? Nineendlebe nje, aniva na? **Anikhumbuli na?** okuya ndaqhekezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu, zaye zingaphi na izitya izezele ngamaqhekeza enazisisusayo?”*

Bathi kuye, “Zazilishumi elinazibini.”

“Okuya ke ezisixhenxe ndaziqhekezela amawaka amane, zazingaphi na iingobozi zizele ngamaqhekeza enazisisusayo.”

Bathi ke, “Zazisixhenxe.”

Wayesithi kubo, “Phofu yini na ukuba ningaqondi.”

—UMarko 8:14-21

Eneneni, uYesu wayesithi, “Madoda, anikhumbuli? Sele sithethile ngale nto, kwaye sele nibonile indlela esajongana ngayo nokunqongophala kwesonka kwixesha elidlulileyo.” Kodwa abafundi babengakwazi ukuyiqonda le nto. Ngoko uYesu wabaxelela ukuba bacinge emva kwinto eyenzekayo kwixesha elidlulileyo. Wayebanika

umkhondo onzulu. “Cinga emva kwixesha lokugqibela sasijongene nale meko, apho uya kufumana impendulo.” Ndingacebisa ukuba nayo le yimpiculo yethu.

Ewe, sibona ukuba izonka nentlanzi zanda, nabani na unokuyibona loo nto, kodwa njengeenzululwazi zomoya, sifuna ukujonga nzulu. Yenzeke njani? Ngoko ke masibuyele kumabali uYesu wayebhekisa kuwo kwaye sijonge imikhondo.

Kuthi kwakubon’ ukuba seyihambile kakhulu imini, beze kuye abafundi bakhe, bathi, “Le ndawo iyintlango, nemini seyihambile kakhulu; bandulule bemke, baye emaphandleni ajikelezileyo nasemizaneni, bazithengele izonka; kuba bengenanto bangayidlayo.”

Waphendula wathi kubo, “Bapheni nina badle.” Bathi kuye, “Kuya kuthatha umvuzo weenyanga ezisibhozo! Simke na siye kuthenga izonka ngeedenariyo ezimakhulu mabini sibaphe badle?”

Uthi ke yena kubo, “Izonka eninazo zingaphi na? “Hambani niye kukhangela.” Besazi, bathi, “Zihlanu—neentlanzi ezimbini.”

UYesu wabathethela ngelithi, mababahlalise bonke, babe ziziqhu ngeziqhu engceni eluhlaza. Bahlala phantsi beziingcamba ngeengcamba ngamakhulu, nangamashumi ngamahlanu. Wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi ekhangela ezulwini wasikelela, waziqhekeza izonka, wanika abafundi bakhe ukuba babeke phambi kwabo; wathi neentlanzi zombini wazabela bona bonke. Badla ke

bonke bahlutha. Baza basusa izitya zizele ngamaqhekeza zalishumi elinazibini, basusa nakwiintlanzi. Baye abo babezidla izonka ezo bekumawaka omahlanu amadoda.

—UMarko 6:35-44

Ndiqinisekile ukuba abafundi bothuka xa babebuza uYesu ngokuthuma abantu bayokufuna ukutya, wayibuyisela kubo waza wathi, “Bondleni nina.” “Bondleni, kule meko yayingabantu abangaphezu ko 5,000. IBhayibhile ithi kwakukho amadoda ayi 5,000 pha, ngoko ndinokucinga ukuba kwakukho abafazi nabantwana

**UYESU WAYEFUNA
UKUQINISEKA UKUBA BAYA
KUKWAZI UKUJONGANA
NOBOMI NGEMBONO
EYAHLUKILEYO, IMBONO
YOBUKUMKANI.**

apho ngokunjalo into ezisa inani lokwenyani ku 15,000 ukuya ku 20,000 labantu. Ndinga ukuba nabani na unokuvuma ukuba ngabantu abaninzi ukuba bondliwe, ngakumbi ngaphandle kwesilumkiso esifanalekileyo okanye ukulungiswa okwenziwe kwangaphambili.

Ngokuqinisekileyo, ndiyakholelwa ukuba uYesu wayenomdla wokondla abantu, kodwa ndicinga ukuba wayezimisele ngakumbi ukuqeqesha abafundi Bakhe kule meko ngaphezu kwayo nayiphi na enye into. Ndikholelwa ukuba yiyo loo nto wabaxelela, “Bondleni nina.” Babukela uYesu esenza imimangaliso emininzi, kodwa ngoku yayilithuba labo. Emva koko, wayeza kuhamba kungekudala, kwaye uYesu wayefuna ukuqiniseka ukuba baya kukwazi ukujongana nobomi ngembono eyahlukileyo, imbono yoBukumkani.

Inyathelo #1: Yintoni Osele Unayo?

“Uthi ke yena kubo, “Izonka eninazo zingaphi na? “Hambani niye kukhangela.”

Besazi, bathi, “Zihlanu—neentlanzi ezimbini.”

Nantsi into ephambili. UYesu akazange athi, “Masijike amatye abe zizonka.” Oko bekuya kuba akukho mthethweni. Endaweni yoko, wababuza oko sele benako. Ngokukodwa, wayebuza ukuba ingakanani na into abayidingayo ababesele benayo. Wayesazi ukuba kwakungekho sonka neentlanzi zaneleyo ukondla eso sihlwele, kwaye yayingeyonjongo yombuzo Wakhe. Ngoku, kwingqondo yendalo, yonke imbono yokondla abo bantu yayivakala ingenakwenzeka. Abafundi bazi ngaphandle kokujonga, ukuba kwakungayi kubakho kutya kwaneleyo ukondla abantu abayi 20,000 naphi na apho babekhangela khona. Unokuyicinga into ababeyicinga xa uYesu wabaxelela ukuba bayokukhangela isonka neentlanzi ezingaphi? Kwaye ukuba babuye nengxalo yabo yokuba ekuphela kwento abayifumanayo yayi zizonka ezihlanu neentlanzi ezimbini? Ayikho ngqiqweni nhe?

Mandiyibeke le ncoko ngendlela efanelekileyo. Njengomfundisi, ndiye ndanceda iintsapho kwiimeko zemali ezinzima kwixesha elidlulileyo, mhlawumbi ngokubanceda ukuba bahlawule imali mboleko yendlu okanye intlawulo yerenti, ukuhlawula amatyala ambalwa, okanye ukuthenga ukutya. Kodwa masicinge ukuba ndandiyazi ukuba impendulo yokwenene yayingekuko ukubanceda, kodwa endaweni yoko, ndandiyazi ukuba impendulo buBukumkani.

Incoko yayizokuhamba ngolu hlobo. “Mfundisi Gary, imali ayonelanga nyani kule nyanga, kwaye sisondele ekugxothweni ekhayeni lethu. Ingaba icawe ingasanceda?” “Ngokuqinisekileyo, ndingakanceda. Nantsi ingcebiso yam. Hlawula nje ikhaya, awuyi kuba neentlawulo oza kukhathazeka ngazo.” Babenokundijonga bathi, “Mfundisi, andiqondi ukuba uyayiqonda. Asinayo imali yokuhlawula intlawulo elandelayo yendlu, singathethi ke ngokuyihlawula.” “Ndiyazi,” ndiphendule, “yiyo loo nto ndikuxelela ukuba uhlawule indlu ukuze ungabi nayo nayiphi na intlawulo yendlu.”

Ukuba ndinokubacela ukuba bahambe bayokujonga ukuba banamalini na enokusetyenziswa ekuhlawuleni indlu, eneneni banokucinga ukuba andibhadlanga. Kodwa ukuba ngokundithobela, baye bahamba nyani bajonga baza babuya bathi, “Sijongisisile, Mfundisi. Kuphela kwemali esiyifumeneyo yi \$20, kodwa ibhalansi kwimali mboleko yendlu yi \$360,000.” Ndingcinga ukuba uyawubona umfanekiso. Bebeyakucinga ukuba andibhadlanga, akunjalo?

Le yindlela abafundi abavakalelwa ngayo ngaloo mini, bebhideke ngokupheleleyo. Isonka ezihlanu neentlanzi ezimbini ukondla abantu abayi 20,000?

UVUNA OKO UKUHLWAYELEYO

Ke, ngaphambi kokuba singene nzulu kweli bali, ndidinga ukuphuma ecaleni nje kancinci ukutyhila omnye umthetho woBukumkani oza kuvela ngoku. Isonka sanda sibe sisonka, intlanzi yanda ibe yintlanzi. Ngoko bhala le nto phantsi.

KUFUNEKA UKHULULE INXALENYE YENTO OYIDINGAYO EBUKUMKANINI UKUZE YANDE!

Manditsibele komnye umzekelo eBhayibileni, emva koko ndibuyele kwibali lethu kuMarko 6. Masiye ku 2 Kumkani 4:1-7.

Ke kaloku umfazi othile kubafazi boonyana babaprofeti wakhala kuElisha, esithi, “Umkhonzi wakho indoda yam ifile. Uyazi wena ukuba umkhonzi wakho lowo ebemoyika uYehova; ke umboleki-mali uze kubathabathela kuye oonyana bam bobabini, ukuba babe ngamakhoboka.”

*Wathi uElisha kuye, **“Ndikwenzele ntoni na? Ndixelele, unantoni na endlwini?”***

Wathi, “Umkhonzazana wakho akananto endlwini, kuphela ligubu leoli.”

Wathi uElisha, “Hamba uye kuziboleka izitya ngaphandle, kubamelwane bakho bonke, izitya ezize; zingabi mbalwa. Ungene, uzivalele wena noonyana bakho, uthululele kwezo zitya zonke, uzishenxise ezizeleyo.”

Wemka ke kuye, wazivalelela, yena noonyana bakhe; bezisa kuye bona, wathulula yena.

Kwathi, zakuzala izitya, wathi kunyana wakhe, “Zisa esinye isitya kum.”

Wathi yena kuye, “Akusekho sitya; yanqamka ke ioli.”

Waya waxelela umfo wakwaThixo; wathi yena, “Hamba uye kuthengisa ngeoli leyo, uhlawule ityala lakho, uphile wena noonyana bakho ngeseleyo.”

—2 Kumkani 4:1-7

Qaphela ukuba umprofeti akazange athi, “Ke, masiye kwindawo yokugcina imali size sibone into esinayo.” Hayi, wayesazi indlela engcono yokusombulula le nto. Wathi, “Ndikwenzele ntoni na?” Umfazi mhlawumbi wayebhidekile njengokuba waphendula wathi, “Ungandineda njani? Ndidinga imali!” kodwa wayengazami ukumjongela phantsi. Wayebuza umbuzo obaluleke kakhulu owayesazi ukuba uya kukhokelela kwimpendulo. Ngumbuzo omnye oya kukhokelela kwimpendulo yakho nawe.

“Ndikwenzele ntoni na? Ndixelele, unantoni na endlwini?”

Unantoni na?

Unantoni na endlwini? Ndiqinisekile ukuba wayesothukile kancinci kumbuzo kuba wayesele echazile ukuba kutheni wayelapho.

“Umkhonzazana wakho akananto endlwini, kuphela ligubu leoli.”

Qaphela ugxinisiso lwakhe, “akananto.” Kodwa wayengenanto ngokwenene?

Hayi, ingxelo yakhe yayingachanekanga ncam. Waye wathi unegubu leoli kuphela. Nantso! Yiloo nto umprofeti wayelindele ukuyifumanisa.

Kwaye asikuko kuphela ekufuneka uzibuze kona nawe. UThixo ufuna nje into ephantsi kolawulo lwakho olusemthethweni ukuze asebenze nayo.

Ngoko masijonge inyathelo lokuqala kwakhona. Kuza kufuneka unike uThixo inxalenye yento oyidingayo. Xa uwuyinika uBukumkani bukaThixo, itshintsha ulawulo, luyifaka phantsi kolawulo olusemthethweni lukaThixo ukuze yande. Masikhumbule ukwandisa kungangathethi into esiyibone kweli bali, ukuba isonka sakho siya kuzandela njengoko sihleli ekhabhathini, nangona ndilubonile olo hlobo lwento lusenzeka. Kodwa ngokwesiqhelo, uThixo uya kwenza indlela yokuba isonka sande ngonxibelelwano nabanye abantu. Umntu unokuba nesisa kuwe, okanye unyuselwe umvuzo emsebenzini, okanye imbuyiselo engalindelekanga inokuvela. Kukho iindlela ezininzi zokuba uThixo akwandisele isonka sakho kuwe.

**XA UWUYINIKA
UBUKUMKANI
BUKATHIXO, ITSHINTSHA
ULAWULO, LUYIFAKA
PHANTSI KOLAWULO
OLUSEMTHETHWENI
LUKATHIXO UKUZE YANDE.**

Ungayinika Igama Imali Yakho

Ndifuna ukubonisa inqaku elibaluleke kakhulu ngemali.

Imali ingasetyenziswa njengembewu kuyo nantoni na.

Uyinika igama imali yakho yonke imihla yobomi bakho nanini na uthenga into. Umzekelo, xa ukwivenkile yokutya uthenga isonka, utshintshisa ngemali yakho ngeso sonka, okanye eneneni, ubiza imali yakho “ngesonka.” Masihlole into endiyithethayo. Ukuba udinga isonka, ngoku uyawuqonda umthetho woBukumkani obizwa ngokuba kukuhlwayela nokuvuna. Ngokusebenzisa loo

mthetho, uyazi ukuba uhlwayela isonka, uza kufumana isonka. Kodwa masithi udinga isonka, kodwa awunasonka sokuhlwayela. Ungathini? Ungahlwayela imali uyibize ngokuba sisonka njengokuba uyihlwayela. Khumbula, imali yinkqubo nje yotshintshiselwano. Siyinika igama yonke imihla ngayo yonke into esiyidingayo ukusuka kubisi kunye nerenti ukuya kwizihlangu nokutya. Ngoko ungayinka igama imali xa unikisa ngayo.

Ungayinika igama imali yakho xa unikisa ngayo.

IFaith Life Church, eNew Albany, Ohio, yicawe eyaqalwa ndim noDrenda iminyaka eyi 25 edlulileyo. Sakha iNow Center, ikhampasi apho *iFaith Life Church* ifumaneka khona ngo 2008. Yayingumsebenzi omkhulu owasebenzisa izigidi eziyi 6.5 zeedola ngelo xesha, umsebenzi omkhulu wabantu abayi 550 ukuba bamenze.

Ke, kule minyaka iyi 10 idlulileyo, sizelise eso sakhiwo. Ukuba nabantu abayi 3,000 ngeempelaveki kuko konke esinako ukwenza. Ukuqhuba iinkonzo eziyi 4 ngempela veki nganye ngokwenene kuko konke endinokukwenza. Ngoko sagqiba ekubeni songezele kwisakhiwo sethu. Yayizakuba ngumsebenzi wezigidi eziyi 10 zeedola kwaye yayiza kusenza ukuba sikhule ngokwandisa ubukhulu beholo lethu kunye nokongeza indawo yabantwana. Kwangaxeshanye, siye saqonda ukuba ixesha elifunekayo ukuqokelela imali nexesha elidingekayo ukwakha eso sakhiwo liya kuba yingxaki. Oko kwakuthetha ukuba siza kujonge ixesha lokulinda leminyaka emibini enesiqingatha ukuze sikwazi ukusebenzisa indawo eyongezwayo.

Ngaloo nto engqondweni, seva ngathi kufuneka siqhubele phambili kwaye siqhubele phambili ngokongeza kwisakhiwo sethu kodwa kwangaxeshanye siqale ukujonga umhlaba, esasiva sinoku gqitywa kwaye sisebenze kwiinyanga ezintandathu. Sasikholelwa

ukuba le nto iya kuthatha uxinzelelo kwikhampasi engundoqo ngelixa kwangaxeshanye ivumela ukuba ibandla likhule. Ngoko sadibanisa iqela ukuze liqalise ukukhangela isiza sekhampasi. Safunda ngobume bethu kwaye sagqiba ngendawo yedolophu esasivakalelwa ukuba iya kuba yindawo elungileyo kwisixeko sethu. Sakhangela sakhangela kwaye saphantse sathenga izihlandlo eziliqela indawo ezahlukeneyo, kodwa xa sihlala phantsi ukuze sivumelane ukuba esi sisiza esisifunayo, sonke sasivumelana ukuba kukho into ethile eyayingekalungi. Sonke seva into engalunganga emoyeni wethu.

Ngoku masikhawuleze ukuya phambili kwiinyanga ezintandathu, sazifumana singekasondeli ekufumaneni isiza sekhampasi yethu kune mini yokuqala. Kuya kufuneka ndivume, mna noDrenda saphantse sayeka ukukhangela. Sasijonge zonke iinketho ezazikho kwindawo yethu yokukhangela kwaye sasingasifumani isakhiwo esasiya kufaneleka. Ewe, sasihlwayele imbewu yethu ekuqaleni kohambo, kwaye sasisazi ukuba uThixo wayenesakhiwo esilungileyo, kodwa sasingalindelanga ukuba ithathe ixesha elide ukuba sibonakale. Nanku umkhondo: okugqibeleleyo ngamanye amaxesha kuthatha ixesha elide!

Ngeli xesha, sasicwangciselwe ukuba sibe yinxalenye yenkqubo kumabonakude yokuqokelela imali ukunyusa imali ye*network* entsha kamabonakude. Le bekuya kuba ngumsitho weentsuku ezintathu owaye kuba semoyeni kusasa nangorhatya zontathu iintsuku. Ndinga ukuba yayilusuku lwesithathu, kwaye ndandihleli nje xa ndisiva iNkosi ithetha nam. Yathi, “Thatha itsheki ye \$100,000 kubulungiseleli kwaye uyihlwayele kulo msebenzi wokufikelela womabonakude ngenjongo yokwaphula lo mqobo wekhampasi. Thatha itsheki kwinkonzo yakho nganye, kwaye ibandla lithandazele eso siph o xa usikhulula, usithi indawo yekhampasi

igqityiwe!” yaqhubeka yathi xa ndithandazela ukukhalima uSathana kwaye ndiyalela ukubhideka nokulibaziseka kuyeke. Ke, senze loo nto kwimpelaveki elandelayo kwiinkonzo zethu zangoMgqibelo nangeCawe.

Ngemini elandelayo, yayinguMvulo, iqela lam lekhamyasi lathi umthengisi wezindlu ubatsalele umnxeba, kwaye wayesanda ukufumanisa ngekhamyasi yesikolo samabanga aphakamileyo eyayisanda kubekwa emarikeneni. Bagqiba kwelokuba bawujonge. Xa besiya kujonga, bafumana ikhamyasi epheleleyo eyi K-12, ukuquka nesikolo sabasaqalayo. Yayidweliswe ngaphezulu kwento esasifuna ukuyichitha kwikhamyasi kuba, enyanisweni, sasijonge ukuqesha isiza sethu esitsha ukugcina imali yokongeza kwikhamyasi engudonqo. Nangona ixabiso lalingeyiyo into esinokuyicinga, mna noDrenda sagqiba kwelokuba siwujonge ngoLwesibini kusasa.

Into esayibonayo yayinkhamyasi emangalisayo enezisquare eziyi 88,000, izakhiwo ezine, ibala lokubaleka, igumbi lokunyusa iintsimbi, amabala etenetya amane, isakhiwo sobugcisa, iilebhu zesayensi, kunye nayo yonke into enokudingwa yikhamyasi yesikolo seK-12. Inxalenye emangalisayo yebali yeyokuba sasinempahla ngokupheleleyo kwaye sigcwele izinto. Mna noDrenda sasimngazekile kodwa singaboni ndlela yokuthenga le ndawo.

Kwenzekile nje ukuba sibe nedinga ngobo busuku kunye nomnye wabalingani bethu ukuba sidibane nje size sincokole. Siye sayicwangcisa ngokutsha le ndibano yesidlo sangokuhlwa mhlawumbi kathathu okanye kane kwezi nyanga zimbini zidlulileyo ngenxa yokuba sobabini sixakekile. Kodwa ngobo busuku, sadibana. Njengoko sasihleli apho kwisidlo sangokuhlwa, saqala ukuthetha ngokongezwa kwecawe enkulu. Isibini sasibuza ukuba izinto zihamba ngokukhawuleza kangakanani na, saza sabaxelela

ngolibaziseko olukhulu lwamaphepha mvume kunye namaphepha oyilo kunye neminye imiba esasinayo. Sabaxelela ukuba kubonakala ngathi asizukungena kulongezelelo kude kube sekupheleni kuka 2020 okanye intwasahlobo ka 2023 ngesantya izinto zazihamba ngaso.

Kwangoko babuza ukuba sikhe sacinga ngokusungula ikhampasi, sathi ewe. Sachaza indlela sasikhangela ngayo kwiinyanga ezintandathu ezidlulileyo singakhange sifumane indawo efanelekileyo. Xa sibaxelela ngesikolo esimangalisayo esisanda kusibona ngalo ntsasa, sisithi into elelo hlobo yayiza kulunga, kodwa yayikwimarike ngezigididi.

Isibini sahlala nje apha singenaxhala saza sathi, “Ke, kungathini ukuba ibisimahla?” Eneneni asizange siyiqonde kwangoko, kwaye babuza kwakhona, “Kungathini ukuba yayisimahla?” Kwakhona, sacinga ukuba bayadla, kodwa ngeli xesha inene lathi, “Drenda, ukuba ikhampasi yayisimahla?” “Uthetha ukuthini?” sabuza. Bathi, “siza kubhala itsheki!” sasimangazekile umzuzwana sihleli apho. Kodwa ukwenza ibali elide libe lifutshane, benza njalo.

Ngoko iintsuku ezimbini emva kokuba sihlwayele loo mbewu kwikhampasi yethu, uThixo wasisa kwisiza esigqibeleleyo. Ngoku sinekhampasi yezigididi eziyi 12 simahla! Ngubani owayenokucinga ngalo nto? Emva kokubona loo nto, mna noDrenda savumelana ukuba nako konke esikubonileyo, kufuneka sibe neengcinga ezinkulu. UThixo unako ukwenza izinto ezimangalisayo!

Ndicinga ukuba inokuba kwavakala ngokufanayo kubafundi ngaloo mini emva kokuba bondle abantu abayi 20,000 ngezonka ezihlanu neentlanzi ezimbini. Ndicinga balala besithi, “Wowu, uyibonile loo nto?”

ISAHLUKO 5

UKUXOBISA UBONELELO LWAKHO

Kwisahluko sokugqibela sithethe ngenyathelo lokuqala lokubandakanya umthetho woBukumkani kubonelelo lwakho.

**KUFUNEKA UKHULULE INXALENYE YENTO
OYIDINGAYO EBUKUMKANINI UKUZE YANDE!**

Ndikuxelele ngoko ukuba ndiza kuphendula imibuzo embalwa ngale ngxelo, eyokuqala yile, “Kuthetha ukuthini ukukhulula into eBukumkanini ukuze yande?”

Kwakhona, masibuyele kwibali lethu kuMarko 6 ukuze siqonde.

Kuthi kwakubon’ ukuba seyihambile kakhulu imini, beze kuye abafundi bakhe, bathi, “Le ndawo iyintlango, nemini seyihambile kakhulu; bandulule bemke, baye emaphandleni ajikelezileyo nasemizaneni, bazithengele izonka; kuba bengenanto bangayidlayo.”

Waphendula wathi kubo, “Bapheni nina badle.” Bathi

kuye, “Kuya kuthatha umvuzo weenyanga ezisibhozo! Simke na siye kuthenga izonka ngeedenariyo ezimakhulu mabini sibaphe badle?”

Uthi ke yena kubo, “Izonka eninazo zingaphi na? “Hambani niye kukhangela.” Besazi, bathi, “Zihlanu—neentlanzi ezimbini.”

UYesu wabathethela ngelithi, mababahlalise bonke, babe ziziqhu ngeziquhu engceni eluhlaza. Bahlala phantsi beziingcamba ngeengcamba ngamakhulu, nangamashumi ngamahlanu. Wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi ekhangela ezulwini wasikelela, waziqhekeza izonka, wanika abafundi bakhe ukuba babeke phambi kwabo; wathi neentlanzi zombini wazabela bona bonke. Badla ke bonke bahlutha. Baza basusa izitya zizele ngamaqhekeza zalishumi elinazibini, basusa nakwiintlanzi. Baye abo babezidla izonka ezo bekumawaka omahlanu amadoda.

—UMarko 6:35-44

Ndifuna ukuba uqaphele izinto ezimbalwa kweli bali onokuthi ungazihoyi. Xa uYesu wathi, “Bapheni nina badle,” Impendulo yabo nempendulo Yakhe zisibonisa enye yezona zitshixo zibalulekilyo ekuqondeni kwethu uBukumkani ngobonelelo. Xa babempendula, bathi kuya kuthatha ngaphezu komvuzo wesiqingatha sonyaka ukondla abantu abaninzi kangaka. Qaphela indlela iingqondo zabo zadibanisa ngayo isibonelelo sabo abasidingayo kumsebenzi xa benjongene nalo ngxaki. Ke, inyani kukuba sonke siyayenza loo nto. Kodwa le ngqondo yeedola ngeeyure yayingasoloko iyinx-alenye yengondo yomntu. Yenzeka Ekuweni ngoAdam. Kufuneka

ndikubuyisele ekuweni kukaAdam apho sinokuyibona ngokucacileyo le nto isenzeka.

Inggondo yeeDola ngeeYure

KuAdam wathi, “Ngokuba uphulaphule izwi lomkakho, wadla kuwo umthi endakuwisela umthetho ngawo, ndathi, ‘Uze ungadli kuwo,’ uqalekisiwe umhlaba ngenxa yakho; uya kudla kuwo ubulaleka, yonke imihla yobomi bakho. Uya kukuntshulela imithana enameva neenkunzane, udle umfuno wasendle. Uya kudla ukudla kokubila kobuso bakho, ude ubuyele emhlabeni, kuba uthatyathwe kuwo; ngokuba uluthuli, uya kubuyela kwaseluthulini.”

—IGenesis 3:17-19

Ukuba uya khumbula, uAdam noEfa babekwa emhlabeni ukuba bawulawule egameni loBukumkani bukaThixo. Balawula ngegunya abalinikiweyo. USathana, owayesele esemhlabeni, wayebathiyile kwaye wayefuna igunya ababenalo. Nangona uAdam noEfa babene-gunya elipheleleyo phezu kwakhe, wakwazi ukubakhohlisa ukuba bakholelwe ukuba uThixo wayengekho ngakubo kwaye wayengath-embekanga. Wabathembisa oko kwakubonakala kulikamva elingcono, ngoko bagqiba kwelokuba bamlandele endaweni yokulandela uThixo. Ngenxa yemvukelo yabo, baphulukana nezikhundla zabo ezisemthethweni eBukumkanini bukaThixo baza bagxotha uThixo ebomini babo, benika uSathana ulawulo olusemthethweni phezu kwawo wonke ummandla wasemhlabeni ngokuphathelele noluntu. UPawulos ubiza uSathana ngokuba nguthixo weli phakade apha ku 2 KwabaseKorinte.

Athe uthixo weli phakade wazimfamekisa ngaphakathi kwabo iingqiqo zabangakhohwayo, ukuze singabengezeli kubo isikhanyiso seendaba ezilungileyo zobuqaqawuli bukaKristu, ongumfanekiselo kaThixo.

—2 KwabaseKorinte 4:4

Ejongene nesono sakhe, uThixo uthi kuAdam, “Uqalekisiwe umhlaba ngenxa yakho; uya kudla kuwo ubulaleka, yonke imihla yobomi bakho.” Ke ukuhla ukuya kwisivakali esilandelayo, ithi, “Uya kudla ukudla kokubila kobuso bakho.”

UThixo uxelela uAdam ukuba ngenxa yemvukelo yakhe, umhlaba akayi kuvelisa njengoko wawusenza kwixesha elidlu-lileyo. Izandla zikaThixo ngoku zibotshelelwe, kwaye uAdam kuya kufuneka azibonele ukuba uza kuphila njani ngokubila kwakhe nokubulaleka.

Nceda uqonde ukuba uAdam nguye owaqalekisa umhlaba, hayi uThixo. UAdam wayenolawulo olupheleleyo phezu komhlaba, kwaye wathi xa evukela uThixo, intsikelelo kaThixo yanyanzeleka ukuba irhoxe. Yiyo loo nto uThixo esithi kuAdam, “**Uqalekisiwe umhlaba ngenxa yakho.**” Umyezo apho uAdam wadalwa ukuba ahlale khona, owawuzele sisibonelelo, wawuphelile. Ngaphambi kovukelo lwakhe, uAdam wayengenakuze abe neengcinga okanye inkxalabo ngobonelelo, lwalubonelelwa ngobuninzi naphi na apho wayejonga khona. Kodwa ngoku kwakuyakufuneka afumane isibonelelo sakhe ngokubulaleka kwakhe nokubila. Le nto ndiyibiza ngokuba yinkqubo yokubulaleka nokubila.

Ukubulaleka nokubila ngoku kwakuyimfuneko ukuvelisa isibonelelo!

Umhlaba asikuphela kwento eyatshintshayo. UAdam nalo

lonke uluntu ngoku lutshintshile. UAdam walahlekelwa bubuni bakhe, yinjongo yakhe, nesibonelelo sakhe kwaye ngoku likhoboka lokuphila. Mna nawe sikhule ngolu hlobo, phantsi kwenkqubo yokubulaleka nokubila.

Sonke isigqibo phantsi kwale nkqubo yesiqalekiso sisigqibo sokuphila, kwaye ngokuqhelekileyo sisekelwe ekufumaneni imali okanye ukujongana nemiba yemali. Indawo okanye indlela yokufumana isibonelelo esisidingayo silawula iingcinga kunye nobomi bethu. Izazisi zethu, ezazikhe zayilwa ngokukhethekileyo nguThixo ngeenjongo zethu kunye nezabelo zethu emhlabeni ngoku ziye zahluthwa kwaye zathathelwa indawo yimfuno yethu yokufumana imali esiyidingayo ukuze siphile, sihlala sikhangelana isibonelelo sosuku olulandelayo.

**UKUSUKELA NGEXESHA
LIKAADAM, AMADODA
NABAFAZI BAYE
BAKHOTYOKISWA KUKUPHILA,
NOKUBA BABALEKA EMVA
KWESIBONELELO OKANYE
UKUGCINA ISIBONELELO, KUBA
UKUBA NEMALI KUPHELA
KWENDLELA YOKUPHUMA
KUGQATSO LWEEMPUKU.**

Inkqubo Yobukhoboka

Uphando lakutsha nje endilubonileyo luthi ngaphezulu kwe 70% yabantu eUnited States abayithandi imisebenzi yabo.⁵ Usenukubuza, “Ke ngoku kutheni besiya emsebenzini ukuba abawuthandi?” Ibekwe lula, bangama khoboka kumvuzo olandelayo!

Phantsi kwenkqubo yesiqalekiso yomhlaba yokubulaleka

nokubila, wonke umntu uphupha ngokuba ngusozigidi, ukubaleka ugqatso lweempuku olungapheliyo kunye noxinzelelo lokufumana isibonelelo. Abantu baphupha ngokuphumelela ilotho, bephupha ngokuba zizityebi, apho baza kukhululeka ukuba benze into abayifunayo kunento ekufuneka bayenze. Ukusukela ngexesha likaAdam, amadoda nabafazi baye bakhotyokiswa kukuphila, nokuba babaleka emva kwesibonelelo okanye ukugcina isibonelelo, kuba ukuba nemali kuphela kwendlela yokuphuma kugqatso lweempuku.

Mandikunike umzekelo wendlela le nkqubo esiqeqeshe ngayo ukuba sonke sicinge. Ukuba ndikuxelele ukuba kufuneka uphume ematyaleni ngokupheleleyo kwiinyanga eziyi 12 ezilandelayo, ungaqalisa ngokuzenzekelayo ukubala ukuba ungakufaka njani ukubulaleka nokubila ngakumbi ukuze yenzeke. Ubuya kubala indlela onokusebenza ngayo imisebenzi emibini okanye emithathu, ukuba kuyimfuneko, nokuba yintoni na efunekayo. Kwaye into efunekayo kukubulaleka nokubila ngakumbi. Ukubulaleka nokubila yinto ehlala ikhona kulo lonke iphupha. Ukuba ufuna imoto entsha, bunokwahlula iindlelo nokusebenza kunye nokubila, kwaye uthi, “Hayi, asinakufikelela kuyo.” “Indlu enkulu? Hayi, asinakufikelela kuyo.”

UThixo Ubona izinto Ezinokwenzeka Kwizinto Ezingenakwenzeka

Phantsi kwenkqubo yesiqalekiso yomhlaba, amaphupha athathelwa indawo luhambo olufutshane oluya eWalmart emva koko *iburger* endleleni eya ekhaya.

Kwaye ukuba bekungekho xesha okanye kusebenza kwaneleyo

ukufezekisa iphupha lakho, uyalilahla kwaye wavuma ukuba kufuneka uqhubeke nokuya kulo msebenzi uwuthiyileyo njengoko wonke umntu esenza. Isibalo sokubulaleka nokubila sihlala sinegama ayinekwenzeka emva kophawu lolulinganisa kuninzi lwabantu.

Kwaye yiyo kanye indlela abafundi ababona ngayo imeko yabo, “Yondla aba bantu bayi 20,000? Ayinakwenzeka! Oko kungathatha ngaphezu komvuzo weenyanga ezisithandathu!” Umvuzo kule meko uthetha ukubulaleka nokubila okungakumbi okunokwenzeka ukuze kulangabezwane nemfuno. Kwakhona, ekuphela kwembono yokufumana isibonelelo yayingokusebenza. Le yindlela eyisebenza ngayo kummandla wasemhlabeni. Wonke umntu uyayazi loo nto, kodwa uYesu sele eza kubabonisa indlela entsha yokuphila, uBukumkani obutsha obunemithetho emitsha. Ewe, ikhona nyani indlela yokuphuma kwinkqubo yokubulaleka nokubila. Ikhona nyani!

Masibuyele emva kula mzuzu xa abafundi bathi kwakungenakwenzeka ukondla eso sihlwele jonga indlela uYesu aphenhla ngayo. Ufanele ukuba wenze isacholo sesikhumba seYIEY (Yenza Into Eyenziwa nguYesu) ukuze ungalibali into Aza kusibonisa yona, njengoko benzayo abafundi Bakhe. Endaweni yokuba avumelane nohlolo labafundi Bakhe ngale meko, uYesu endaweni yoko uthatha ulawulo ngokubanika umyalelo, “Hambani niye kukhangela ukuba ninezonka ezingakanani.” Ngoku, bazi ngaphambi kokuba bakhangele ukuba bekungayi kubakho kutya kwaneleyo ukuba bondle sonke isihlwele. Yiyo loo nto beza kuYesu kwasekuqaleni bamcela ukuba axelela abantu ukuba bahamba ukuba bayokuzifunela ukutya. Kodwa ngenxa yokuthobela, bahamba bayokukhangela baza babuya nengxelo yokufumana nje izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini.

Ngoku, kukho into eyenzekayo apha ekufuneka uyibone, omnye

umkhondo omkhulu. Kodwa ukuze uwubone, ndifuna ukujonga ibali elifanayo kodwa ngenguqulelo kaMateyu.

Uthe ke kubo uYesu, “Akufuneki ukuba zimke; zipheni nina zitye.”

Bathi ke bona Kuye, “Asinanto apha, ingezizo izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini.”

Wathi ke yena, “Ziziseni kum apha.” Wathi izihlwele mazingqengqele phantsi engceni; wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi, ekhangele ezulwini, wasisikelela; waqhekeza, wazinika abafundi izonka ezo; ke abafundi banika izihlwele. Badla bonke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, zalishumi elinazibini izitya zizele. Ke kaloku abo babesidla babengamadoda akumawaka amahlanu, ngaphandle kwabafazi nabantwana.

—UMateyu 14:16-21

Qaphela kuvesi 18 ukuba uYesu ucela abafundi ukuba baze nesonka nentlanzi Kuye. Emva koko ekupheleni kwevesi 19, sibona ukuba ubuyisela izonka nentlanzi kubafundi Bakhe. Kukho into eyenzekileyo phakathi kwezindawo zimbini zeSibhalo ekumele ukuba zibambe ingqalelo yakho zaveza umbuzo: “Kwakutheni ukuze uYesu acele abafundi ukuba bazise izonka nentlanzi Kuye ukuba wayezokuzinikisa kubo nje kumzuzu olandelayo?” UYesu akenzi nto yolunqulo, ngoko kumele ukuba kukho isizathu sokuba acele izonka nentlanzi. Njengeenzululwazi zomoya, kufuneka sazi ukuba kwenzeka ntoni xa wayethathe izonka nentlanzi kubafundi.

Wazithabatha izonka zoziblanu neentlanzi zombini, wathi, ekhangele ezulwini, wasisikelela; waqbekeza, wazinika abafundi izonka ezo; ke abafundi banika izihlwele.

IBhayibhile ithi wasisikelela. Ezinye iinguqulelo zithi wazisikelela. Kodwa ithetha ukuthini loo nto? Igama lesiGrike elisetyenziswe apha lithetha ukubulela okanye intsikelelo ngokoqobo lithetha ukungcwalisa into, ukucela intsikelelo kaThixo entweni okanye ukucela uThixo ukuba asikelele into ethile ukuze umntu ayisebenzise. Ukuyiqhubela phambili, ukungcwalisa into kuthetha ukuyibhengeza njengengcwele, inikezelwe ngokuse-sikweni kwinjongo kaThixo.

Ngoko, xa uYesu wayesikelela intlanzi nesonka, zasuswa kulawulo lakummandla wasemhlabeni zaya kulawulo lwezulu.

Xa uYesu wayesikelela isonka nentlanzi, intlanzi nesonka zatshintsha izikumkani.

Ukuzisa Izinto Phantsi koLawulo Olutsha

Isonka nentlanzi ngaphambili zaziphantsi kolawulo lwabantu emhlabeni kwaye zingaphandle kwamandla kaThixo okwenza into ngazo. Kodwa ngoku sibona ukuba ngesisa senkwenkana, zinikelwe kuYesu, apho zitshintshelwe phantsi kolawulo loBukumkani. Kufuneka siqonde ukuba zazishiywe phantsi kolawulo lommandla wasemhlabeni, isonka nentlanzi zazingenakuze zande.

Njengeenzululwazi zomoya, kufuneka sinikele ingqalelo kwiinkcukacha. Lwenzeke nini olu tshintsho? Ekuqaleni usenokucinga ukuba utshintsho lolawulo lwenzeka xa inkwenkwana yanika abafundi intlanzi nesonka. Leyo, ngokuqinisekileyo,

yayiyinxalenye yenkqubo, kwaye ukuba inkwenkwana yayenza ngokuzithandela ikwayinto engumkhondo obalulekileyo ukuba siyicinge. Kodwa ukunika abafundi isonka nentlanzi akulapho utshintsho lwenzekayo. Ngumzuzu uYesu wathetha phezu kwazo, xa wayezisikelela, apho utshintsho olusemthethweni lwenzeka khona. Ndiyavuma ukuba nangona uYesu wayesithathile isonka nentlanzi waza wazibamba ezandleni Zakhe, zazingasoze zande de athethe phezu kwazo ngomyalelo othile.

Masiyibeke ngokwembono yethu yesifundo sokholo esisifunde ngaphambili. Sifumanise ukuba nangona intliziyo yakho inokholo, nto leyo ngoku eyenza kube semthethweni ukuba izulu lingene emhlabeni, akukho nto yenzekayo ude wena, unegunya emhlabeni, ukhulule igunya lezulu.

Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.

—KwabaseRoma 10:10

Nangona amazwi kaYesu engabhalwanga eBhayibhileni apha ngokuphathelene nento awayitshoyo xa wayesikelela isonka nentlanzi, ndiqinisekile ukuba yavakala nje: “Bawo, Ndiyabulela ngobonelelo Lwakho, kwaye ndamkela esi sonka nentlanzi eBukumkanini Bakho ngenxa yozuko Lwakho. Esi sonka nentlanzi ngoku ziya kwanda ukuze zondle esi sihlwele sikhulu ngokungaphezulu kokwaneleyo, ukuze bafumane ukuphumla namandla kwaye babone uzuko Lwakho.” Ke, njengoko benditshilo amazwi Akhe akabhalwanga. Kodwa ndiqinisekile wanika isonka nentlanzi umyalelo emva kokuba zibekwe ezandleni Zakhe. Ndiyazi njani loo nto? Ngokuba wayesele esazi isicwangciso kwaye esele ebahlasile ngamaqela.

Uthe ke kubo uYesu, “Akufuneki ukuba zimke; zipheni nina zitye.”

Bathi ke bona Kuye, “Asinanto apha, ingezizo izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini.”

Wathi ke yena, “Ziziseni kum apha.” Wathi izihlwele mazingqengqe phantsi engceni; wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi, ekhangele ezulwini, wasisikelela; waqhekeza, wazinika abafundi izonka ezo; ke abafundi banika izihlwele.

—UMateyu 14:16-19

Qaphela ukuba wayesele ebanike umyalelo wokuba bahlale phantsi engceni ngaphambi kokuba asikelele izonka nentlanzi. Wayesazi isicwangciso Sakhe. Ndiqinisekile ukuba wanika izonka nentlanzi umyalelo emva kokuba zibekwe ezandleni Zakhe. Ukunika umyalelo xa ukhulula imbewu yakho yinto ebalulekileyo yokukhulula imbewu yakho. Ngaba ndithe ibalulekile? Nditshilo, ngoko nika ingqalelo. Kufuneka ndichithe ixesha apha malunga nokunika umyalelo xa uhlwayela.

Athi kubo “Ke nina nithi ndingubani na?”

Waphendula ke uSimon Petros wathi, “Wena unguye uKristu, unyana kaThixo ophilileyo.”

Waphendula uYesu wathi kuye, “Unoyolo, Simon kaYona, ngokuba akukutyhilelwanga oku yinyama negazi, ukutyhilelwe

nguBawo osemazulwini. Nam ke, ndithi kuwe, unguPetros wena; ndiya kulakhela phezu kolu lwalwa ibandla lam, namasango elabafleyo akayi kuloyisa. Ndiya kukunika izitshixo zobukumkani bamazulu; kuthi ke othe wakubopha emhlabeni, kubopheke emazulwini; kuthi othe wakukhulula emhlabeni, kukhululeke emazulwini.

—UMateyu 16:15-19

Esi Sibhalo sisixelela ngokucacileyo ukuba amandla ethu okulawula emhlabeni egameni loBukumkani bukaThixo ngoku abuyiselwe ngoYesu Kristu. Sinikwe igunya lokubopha umtyholi

SINIKWE IGUNYA LOKUBOPHA UMTYHOLI NOKUKHULULA INTANDO YEZULU EMHLABENI.

nokukhulula intando yezulu emhlabeni. Ngoku, ndikholwa, okanye ndiyathemba, ukuba amaKristu amaninzi sele esazi ukuba ukubophelela umtyholi kuthetha ukuthini.

Ngokulula, ukubophelela umtyholi kuthetha ukumnqanda ekwenzeni emacebo akhe angendawo. Oko kungenzeka ngokukhupha iidemon ebantwini, ngokubeka izandla kwabagulayo baze baphile, okanye nje ngokuthi, “Yeka, ngegama likaYesu!” Uthatha igunya lakho eBukumkanini bukaThixo ulisebenzise ukunyanzelisa uloyiso uYesu awaliphumelela phezu komtyholi.

Ukusebenzisa Igunya Lakho

Ngokubona kwam, bambalwa kakhulu abantu abakwaziyo ukukhulula izulu kummandla wasemhlabeni. Sele ndithethile ngo 1 Yohane 5:14-15 njengolwandlalo lomthandazo osebenzayo.

Kuko oku ukungafihlisi esinako kuThixo: ukuba sithi sicele into ngokuthanda Kwakhe, uyasiva. Ukuba siyazi okokuba uyasiva—esisukuba sikucela—siyazi ukuba sinazo izinto ezicelwayo, esizicelileyo Kuye.

—1 UYohane 5:14-15

Ukukholelwa entliziyweni yakho okanye ukuba nokholo ayiso-siphelo. Njengoko sesibonile, ukuba uthe wakholwa yinto ethethwa lizulu, unobulungisa. Ngoku kusemthethweni ukuba izulu lingene kummandla wasemhlabeni, kodwa akukho nto yenzekayo de ulikhulule elo gunya emhlabeni. Uhleli noKristu kwiindawo zasezulwini ekunene kukaBawo. Amazwi akho ngamazwi okumkani, nezulu alinakukhululwa apha ude uthethe! Esi sinokuba sisibhengezo okanye isivumelwano esithethwa emthandazweni, kodwa ubambe izitshixo zoBukumkani. UThixo akanakuyenza ngaphandle kwakho!

Ayingombandela nje wokwazi ukuba ungadlula njani kwisenzo sokuthandaza esenza ukuba izinto zenzeke, kukwazi ukunika umyalelo xa usenza njalo. Kungoko kubalulekile ukuba siqonde indlela yokukhulula intando yezulu ebomini bethu nasemhlabeni wethu.

Owona mzekelo ubalaseleyo wokunika umyalelo ufundiswa kuMthandazo weNkosi. Kukho izitshixo ezingundoqo apha kuMthandazo weNkosi ekufuneka uziqaphele. Okokuqala, umbhalo uthi uThixo sele esazi into oyidingayo, ngoko yeka ukucenga. Ukucenga ayililo ukholo, kwaye kubonisa ukungazi malunga nendlela uBukumkani obusebenza ngayo kunye namalungelo akho njengommi woBukumkani. Ukunika umyalelo emthandazweni kukwenza isicelo. Isicelo luluhlu oluneenkucakacha ezininzi zezinto ozifunayo. Ayikokucela ezo zinto, kukubeka ibango kwezo zinto.

Nithandaza njalo ke, maningenzi milembelele ingeyanto, njengabeentlanga; kuba beba boviwa ngenxa yamazwi abo amaninzi. Ngoko maningafani nabo; kuba ekwazi uYihlo enikusweleyo, ningekamceli. Thandazani ngoko nina nenjenje: “Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe igama lakho. Mabufike ubukumkani bakho. Makwenziwe ukuthanda kwakho nasemhlabeni, njengokuba kusenziwa emazulwini. Siph e namhla isonka sethu semihla ngemihla.”

—UMateyu 6:7-11

UYesu uqala ngokuthi, “Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe (lihlonelwe kakhulu kwaye lizukiswe) igama lakho (sicinga ngolawulo negunya Lakhe).” UYesu ubeka ukuma okusemthethweni komthandazo kwesi sivakalisi sokuqala. Masisithelekise nesivakalisi sokuqala esithethwa enkundleni.

Igosa liyema lithi, “Ndicela niphakame. Inkundla ka (emva koko abize igama lenkundla)...” Inokuba yi *Common Pleas Court* yase Franklin County okanye i *Second Judicial Circuit Court*, Icandelo loLwaphulo mthetho, okanye naliphi elinye igama. Kodwa zininzi izinto ezenzeka apho ekuqaleni. Igosa lithi, “Wonke umntu makaphakame,” ebeka imbeko efanele inkundla nakumgwebi oya kuba echophele inkundla. Igama le nkundla likhankanywa ukuseka ulawulo olululo, ukuze wazi ukuba ukwinkundla eyiyo enolawulo phezu kwetyala lakho.

Masiqhubeke ngento ethethwa ligosa. “Ndicela niphakame. I *Common Pleas Court* yase Franklin County iyaqhubeka, Yonganyelwe nguMbwebi Smith.”

Esi sivakalisi sonke sokuqala, “**Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe igama lakho,**” simisela imo Lowo uza kugweba eli

tyala kwaye siyasigunyazisa ukuba sibe lapho. UnguBawo wethu, kwaye sinelungelo lokungena ngokusemthethweni kule nkundla. Isivakalisi sokuqala sikwabeka ulawulo lwenkundla njengenkundla yezulu, eyona nkundla iphakamileyo enalo lonke igunya.

Emva koko, uMthandazo weNkosi uthi, **“Mabufike ubukumkani bakho. Makwenziwe ukuthanda kwakho.”**

Eli bizana libeka ibango enkundleni lokuba igwebe ngokomthetho woBukumkani. Uza kwenza isicelo okanye uzise umba enkundleni, kwaye ucela uMgwebi ukuba anyanzelise into ethethwa yintando Yakhe (umthetho) malunga neli tyala. Emva koko ithi, **“Nasemhlabeni, njengokuba kusenziwa emazulwini.”** Kwakhona, uthi ufuna esi sigwebo ezulwini sinyanzelise emhlabeni njengokuba kusenziwa amazulwini. Ngoku, konke oku yayikukuseka nokumisa wena nenkundla. Akukho nto ibuziweyo okanye ebekiweyo okwangoku. Kodwa okulandelayo kuza isicelo.

“Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.” Le ngxelo ayinanto ingako yokwenza nesonka ngaphandle kokuba yile nto kanye uyidingayo. Endaweni yoko, ikuxelela ukuba ufake into oyidingayo. Khumbula, yonke le ncoko yaqala xa uYesu wayeyalela abafundi Bakhe ukuba bathandaze njani ukuze bafumane iintswelo zabo.

Kulapho wenza khona isicelo sakho kodwa njengoko benditshilo, igama elingcono ukuba lisetyenziswe apha ngumyalelo.

**KODWA UNINZI LWAMAKRISTU
ANGATHETHA INTO ENJE,
“OWU, NANTONI NA UTHIXO
AFUNA UKUNDIZISELA
YONA ILUNGILE. WAZI
NGCONO.” AYICHANEKANGA,
AYICHANEKANGA,
AYICHANEKANGA!**

Ke, zombini ziya kusebenza, kwaye isicelo yinto ethethwa ngaKwabase-Filipi 4. Kodwa inqaku endifuna ukulenza kukuba sisicelo esineenkucukacha. Unika umyalelo ngomthandazo, kufuneka ube neenkucukacha kwaye uchaneke. KwabaseFilipi 4:6-7 usixelela into efanayo.

Ningaxhaleli nto; mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke, ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela, zaziswe kuye uThixo. Lwaye uxolo lukaThixo, olugqithisileyo kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo neengqiqo zenu kuKristu Yesu.

—KwabaseFilipi 4:6-7

Qaphela ukuba umthandazo nesicelo zizinto ezahlukeyo. Imithandazo yethu iphethe izicelo zethu, kodwa imithandazo zizithuthi ezizisa kuBawo wethu. Kwakhona, isicelo sineenkucukacha kwaye sichanekile. Kodwa uninzi lwamaKristu angathetha into enje, “Owu, nantoni na uThixo afuna ukundizisela yona ilungile. Wazi ngcono.” Ayichanekanga, Ayichanekanga, Ayichanekanga!

UThixo UKUnike izitshixo zoBukumkani!

Ukuba ufunde izixhobo zam ezininzi, ubone amabali amaninzi aneenkucukacha zoBukumkani. Maninzi kule ncwadi endithemba ukuba aya kukunceda ubone indlela uBukumkani obuneenkucukacha ngayo nendlela amazwi akho ekufuneka abeneenkucukacha ngayo. Ukwenza inqaku lam, mandike ndikukruqule ngamabali ambalwa onokuthi waweve ngaphambili. Kodwa ndiva ngathi ndidinga ukuchitha ixesha elininzi njengoko kufuneka ukuze ube nokuqonda okuhle kokuba uBukumkani buthe ngqo kangakanani na. Mandijonge nje izikhumbuzo ezimbalwa zamabali esikhe sathetha ngawo.

UBukumkani Busebenza

Ufunde ngaphambili ukuba iveni yam yatsha emva kokuba ndithethe ngokuvakalayo, “Nkosi kungangcono ukuba le veni inokutshanje.” Izenzekele? Masiqhubeke. Ndikuxelele ngamaxhama, indlela iNkosi eyandibonisa ngayo ukuba ndiwahlwayele, nendlela endingazange ndibe nexhama eliza phantsi kweqonga lomthi wam endingazange ndilihlwayele. Ixhama elilungileyo, ixhama endalihlwayela, lalisiza qho. Ndakubonisa ukuba uThixo wandibonisa njani ukuba ayesiza njani ngolandelelwano endandiwahlwayele ngalo. Mamela, wakha wayiva into enje ngaphambili? Ndiyazi ukuba andizange ndade ndayibona ngala wam amehlo. UBukumkani buthe ngqo kangangokuba ndikuxelele ngenkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe kunye nenkunzi enephondo elahlukene kasithandathu uTim awalihlwayelayo. Ndikuxelele indlela uThixo wandifundisa ngayo ukuthetha ngegunya, kwaye inkunzi eyayihamba isuka kum kwiiyadi eziyi 200 yema umzuzu ndathetha, yeza yema ngqo pantsi kweqonga lam lomthi. Ndikuxelele ngepheasant (intaka) apho ndayiyalela ukuba ime, kwaye yema kwangoko.

Ndikuxelele ngompu endawukhombayo kwivenkile yempahla zemidlalo ndathi, “ndiza kuthatha loo,” kwaye iiveki ezimbalwa kamva, ndanikwa kanye la mpu. Ndiphinde ndakuxelela ngeBMW 645Ci eguqulwayo eyabonwa nguDrenda ngaphaya kwendawo yokumisa iimoto waza wathi, “Yiyo le!” asizange sixelele mntu, kodwa iiveki ezimbalwa kamva, indoda yasecaweni yanditsalela umnxeba yathi, “Ndibone imoto kaDrenda namhlanje.” Ndandothukile ndambuza ukuba uthetha ukuthini. Uqhubeke wathi xa wayeqhuba edolophini, wabona iBMW 645Ci eguqulwayo ekwimo elungileyo ethengiswayo,

wathi xa eyibona, iNkosi yamxelela ukuba yimoto kaDrenda. Loo nto yabamba ingqalelo yam, la moto kanye!

Ndiza kuxelela elinye ibali kwisahluko 7 le ndlela endafumana ngayo kanye inqwelomoya endayihlwayelayo kumntu endandin-gamlindelanga nendlela endafumana ngayo imali yokuyihlawula. Ndinamabali amaninzi abonisa indlela uBukumkani obusebenza ngayo ngokuthe ngqo.

Ndikhumbula xa ndandidubula inkunzi yam enkulu enephondo elahlukene amashumi amabini anesithandathu. Yayilusuku elishushu kamnandi ngenyanga yeNkanga. Ndayeka ixhama lijinga yonke loo mini, kwaye ngemini elandelayo ndalisa kwitaxidermist ukuze ixhonywe intloko. Wajonga uboya wathi, “Ndiyaxolisa; kubonakala ngathi imozulu efudumeleyo yonakalise uboya. Andicingi ukuba le nto iza kusebenza kodwa ndiza kuzama kwaye ndibone.” Ngoku, ndandin-gazimisela ukuvumela inkunzi yendebe endandiyivune ngokholo isilele uxhonywa eofisini yam. Ngala mzuzu, wangena eofisini ukuze athathe iphepha lokuthenga. Xa engena eofisini, ndabeka isandla sam phezu kwenkunzi ndabhengeza ukuba uboya bulungile kwaye intloko yokuxhoma yayiza kuphuma kakuhle. Ke, ndabuyela emva kwenyanga ukuya kuthatha intloko yokuxhoma, kwaye itaxidermist yathi, “Uyazi, ndikuxelele ukuba ndandicinga ukuba uboya bonakele kodwa le ntloko yokuxhonywa iphume kakuhle. Obu boya buhle.”

Ndingaqhubeka ngale ndlela iiyure, kodwa into ebalulekileyo kukuba wena uthini? Ngelizwi nganye, usebenzisa umthetho womoya! Usenokuba ubungazi. Ndiyazi ukuba ndandingazi, kodwa yinyani. UBukumkani buthe ngqo kakhulu. Mandikuxelele elinye ibali, kwaye uya kubona amabali amaninzi kwintsalela yale ncwadi aya kungqina le nto ndiyithethayo. Njengoko unokubona, ndiyathanda ukwazisa ngale nto.

Ukusebenzisa uMthetho woMoya

Kwakungexesha lezinye zeenkomfa zikaDrenda zabasetyhini. Sasiqeshe i*Cadillac Escalade* ukuze siqhube indwendwe ngoxa wayesedolophini.

Ekupheleni kwenkomfa, i*Escalade* kwakungafunekanga ibuye kude kube kusasa, ngoko mna noDrenda sagqiba kwelokuba siyiqhube sigoduke ngayo ngobo busuku ukuze sibone ukuba iqhuba njani. Asizange siqhube i*Escalade* ngaphambili. Ke, njengoko unokicinga, yaqhuba kakuhle. Njengoko sasibuyela ecaweni ngentsasa elandelayo, sasincokola, kwaye savumelana ukuba singathanda ukubanayo. Le sasiyiqhuba yayiyinguqulelo emfutshane eyiperile emhlophe. Savumelana sobabini ukuba sithande inguqulelo emfutshane ngcono kunenguqulelo ende, kwaye sathanda eperile emhlophe.

Ke, kwakusele kuphele inyanga okanye njalo emva kweso siganeko ndithe ndisiya phandle ndiyokuthatha iphepha lam, kwakhala umnxeba wam, kwaye ilizwi kwelinye icala lomnxeba yayilizwe le ndoda ehamba ecaweni yam. Wathi nje, “Ndingathanda ukundithengela i*Cadillac Escalade*. Ungathanda umbala onjani? Ndandingayilindelanga kodwa ndathi iperile emhlophe. Ndalibala ukukhankanya inguqulelo emfutshane. Ke, yadlula inyanga ndacinga inokuba ulibele nge*Escalade*, kodwa wakhala umnxeba, waza wathi uyifumene. Ke sahamba saya kudibana naye, wayene *Escalade* entle eyiperile emhlophe inguqulelo emfutshane. Njengoko sasisiya kuyo, wathi, “Ndiyaxolisa ndithathe ixesha elide kangaka, kodwa andikwazanga ukufumana le inde.” Into awayengayazi kukuba sasingayifuni le inde. Wayethanda le inde kwaye wacinga ukuba yiyo esizakuyifuna, kodwa le imfutshane yiyo yodwa awayekwazi

ukuyifumana. Kwakhona, eyona ilungileyo, kanye imoto sasithethe ngayo ngokuvakalayo sivumelana.

Umzekelo omangalisayo endiwubonileyo kwishishini wenzeka kule minyaka imbalwa idlulileyo. Njengoko usazi okanye ungazi ndisenenkampani yeenkonzo zemali. Ngaphambi kokuba ndiqale ubufundisi iminyaka eyi 25 eyadlulayo, ndandineofisi ephambili kwiiofisi eziyi 5,000 zomnye wabathengisi bam. Xa ndandisungula icawe yam, ndandisazi ukuba ndiza kuxakeka kakhulu kwaye ndicinga ukuba ndingakwazi ukugcina eso sikhundla sokuqala, andizange. Kwishishini lam, abathengisi bethu banikezela ngohambo lwenkuthazo ukuvuza abathengisi babo ngemveliso yalo nyaka.

Umthengisi omnye endandimsebenzisa wayenika iiofisi zabo ezilishumi eziphezulu i\$100,000 yeebhonasi kwindibano yabo yonyaka kuye nabani na owenze ngaphazulu kwe \$10 yezigidi ubukhulu. Babehlawulela nohambo lokuya kwindibano yonyaka kuye nabani na owenze ngaphezu \$3 yezigidi. Ndandidla ngokwenza i\$4 yezigidi ngonyaka nale nkampani, ke ndandifumana uhambo lwasimahla, kwaye ke kwakuya kufuneka ndihlale apho ndibukele bekhupha iitsheki ze \$100,000 kwabalishumi abaphezulu minyaka le. Ndiyenze le nto iminyaka eyi 18! Kunjalo, iminyaka eyi 18. Andizange ndicinge ukuba ndingafikelela kolo sukelo ngoxa ndingumfundisi wecawe, ngoko andizange ndibeke ukholo lwam kulo ndlela.

Kodwa ngomnye unyaka njengoko ndandihleli ndibukele abalishumi eliphezulu befumana iitsheki zabo eziyi \$100,000, kwaye iNkosi yathetha nam yathi, “Kutheni ungekho phezulu pha?” ngaphambi kokuba ndiphendule, wathi, “Ndifuna wena phaya phezulu. Ndifuna igama lam libonwe apha.” Ke, yayisele iyinyanga

yeKwindla, kwaye njengoko benditshilo, sasisenza malunga ne \$4 yezigidi ngonyaka kule minyaka eyi 18 idlulileyo. Ngokwendalo, ndandingaboni nayiphi na indlela yokwenza olo sukelo, kodwa ndathandaza ngayo, kwaye mna noDrenda sahlwayela imbewu yethu yokuba sifikelele kwi \$10 yezigidi. INkosi yandibonisa utshintsho endinokuthi ndilenze malunga nendlela inkampani yam ejongana ngayo nemibuzo, safika kwishumi eliphezulu sayifumana la tsheki ye \$100,000. Kodwa nantsi into endifuna ukwabelana ngayo nawe. Siyenze ngentengiso enye!

Kunyaka olandelayo, inkampani yanyusa usukelo ukuya kwi \$12 yezigidi ukufikelela kwinqanaba le tsheki ye \$100,000. Ngoko ke sahlwayela imbewu yethu, kwaye sayenza nangalo nyaka. Kodwa uyiqikelele; siyenze ngentengiso enye. Iminyaka emibini elandelayo, inkqubo yarhoxiswa. Kodwa kunyaka ophelileyo, ngo 2019, bayiqala kwakhona kwinqanaba le \$10 yezigidi. Sahlwayela imbewu yethu saze safikelela kwishumi eliphezulu; kwaye uyiqikelele. Kwakhona, siyenze ngentengiso enye. Yazenzekela nje ukuba siyenze minyaka le ngentengiso enye? Hayi, sasihlwayela ukuze sifikelele kwinqanaba le tsheki ye \$100,000. Kwaye yiyo kanye loo nto esayenzayo. Ngaba sasifuna ukuyenza ngentengiso enye? Akunjalo. Sasisebenza nzima kakhulu unyaka wonke kwaye sasingazi ukuba izinto ziza kuwela phi de kube lusuku lokugqibela lwenyanga. Kwakhona, umfanekiso omangalisayo wendlela le nto isebenza ngayo.

Ukubaluleka koKunika uMyalelo

KwiNkomfa yoBonelelo yalo nyaka, uThixo wathetha nam wandixelela ukuba ndifundise abantu into mna noDrenda

esayifundayo ngokunika umyalelo. Yiyo kanye into uMoya oyiNgcwele awayeyibiza yona, umyalelo. Ndiye ndachitha ixesha ndifundisa ngale nto njengoko ndiyazi ukuba abantu abaninzi abazi kakhulu ngokwenza le nto. Ngokwesichazi magama, umyalelo ngumyalelo osemthethweni okanye ongunyazisiweyo. Qaphela ukuba ayithanga ukucenga inceba, umyalelo wam olusizi. Hayi, ngumyalelo ogunyazisiweyo! Ngoko ke masiqhubeke ngale nto. Ukuba ndinika umyalelo ngokwasemoyeni, ngubani owenzayo? Ewe, wenziwa ngumntu, masifumanise ukuba ngubani.

Uphendule uYesu wathi kubo, “Yibani nokukholwa kuThixo.” “Kuba inene ndithi kuni, othe kule ntaba, ‘Funquleka, uphoseke elwandle,’ angathandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuzo oko athe wakuthetha. Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; noba nazo.”

—UMarko 11:22-24

Zimbini izinto endifuna ukuziveza kwesi sicutshulwa. Qaphela ukuba ithi, “othe.” Apha sibona into mna noDrenda esifumeneyo. Amazwi ethu akhulula izulu apha kummandla wasemhlabeni. Okwesibini, ndifuna ukugxila kule ndawo yeso sicutshulwa.

“...angathandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuzo oko athe wakuthetha.”

Qaphela ukuba ithi, “wokuzuzo oko athe wakuthetha!” Ingenzelwa uThixo, kodwa ngenxa yabo, abo bathethayo apha emhlabeni.

Wowu! Yeka yonke into. Kufuneka ucinge umzuzu! Yivumele ingene engqondweni; le nto ithetha ngawe.

Ngoko ngubani oyenzayo? Masijonge kumaHebhere 1:14 ukuze sifumanise.

Azingomoya olungiselela zonke na, zithunywe ukuba zikhonze abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso?

Qaphela ukuba kukho amagama amabini ahlukeneyo achaza iingelosi apha, ukulungiselela nokukhonza. Ukukhonza kuthetha ukwenza imisebenzi okanye iinkonzo ngenxa yomnye umntu, kule meko ngenxa yakho. Umphathiswa uthetha igosa eliphezulu likarhulumente eliphathiswe ulawulo lwecandelo lemisebenzi karhulumente. Ukuyibeka ngenye indlela ukuba yintoni ingelosi, ngummeli wenkundla yezulu ngokugunyaziswa ukuba yenze izinto egameni loBukumkani bukaThixo egameni lakho! Nceda uqonde ukuba asinakukwazi ukulawula iingelosi kuba zingaphenduli kuthi, kodwa sinokucela inkundla yezulu ngento esiyidingayo, kwaye ziya kuthunyelwa. Iyamangalisa!

“Kufuneka ndithethe into? Bendingayazi loo nto.” Le nto ichaza isifundo uThixo wandifundisa sona kwibali elilandelayo.

Kulo nyaka uthile, ndahlwayela imbewu yenkunzi enephondo elingathi liqhosha. Ngexesha lelibali, ndandiqinisekile ngokufumana inkunzi yam. Ndiye ndaphuma ndilindele, njengesiqhelo, ukuba ndiza kuba nenkunzi yam enephondo elingathi liqhosha kungekudala. Ndithe ndisahleli kwiqonga lam lomthi, ndayibona inkunzi enephondo elingathi liqhosha ihamba ehlathini, kodwa yayokude kakhulu ukuba ndingayidubula ngesaphetha sam. Ndizamile ukuyixelela ukuba ize kum, kodwa akwenzeka nto.

Andizange ndibone enye into intsasa yonke. Ndaphuma ngosuku olulandelayo andabona xhama. Ngeli xesha, ndazi ukuba kukho into engalunganga kakhulu.

Njengoko ndandiphuma ehlathini ngosuku lwesibini, ndaqalisa ukuthandaza ngoMoya oyiNgcwele ukuze ndifumane iimpendulo. Ngokukhawuleza okukhulu, uMoya oyiNgcwele wandibonisa into engalunganga. Xa ndandihlwayela ixhama lam, ndandibhale nje itsheki yam yembewu, ndayifaka emvulophini, ndaza ndayithumela. Kxange ndibeke izandla zam kula tsheki ndithethe phezu kwayo njengoko ndandiqhele ukwenza. Ke uMoya oyiNgcwele wandikhumbuza ngebali apho uYesu wandisa isonka nentlanzi wathi uYesu wazisisekela ngaphambi kokuba zande. Ndikhumbula ndicinga, *kufuneka ndenze loo nto?* Ngoku, ndandihlala ndibeka izandla zam phezu kwemvulophu, kwaye ndithethe phezu kwayo ngaphambili, kodwa ndandixakeke nyani ngalo mini ndathumela loo mvulophu ngaloo nyaka kwaye ndalibala. Ndandicinga ukuba ukuhlwayela nje imbewu yam kuko okuzise ixhama phantsi kolawulo loBukumkani.

Ke, ndandinexhala lokulungisa impazamo yam kwaye ndizame ukuqonda kwam okutsha koBukumkani ukuze ndibone ukuba ndinyanisile. Ndiye ndahlwayela imbewu yam kwakhona yenkunzi enephondo elingathi liqhosha, kodwa ngeli xesha, ndaqiniseka ukuba ndiza kuthetha phezu kwayo njengoko ndihlwayela. Xa ndisithi thetha phezu kwayo, mandikunike umzekelo wento endinokuthi ndiyithethe, “Bawo, namhlanje ndamkela inkunzi enephondo elingathi liqhosha, egameni likaYesu, ndihlwayela le mbewu. Ndithi igqityiwe ngokukaMarko 11:24, kwaye ndiyakubulela ngayo. Moya oyiNgcwele sondeza la nkunzi ukuze ndifikelele kakuhle kuyo xa ndidubula, egameni likaYesu. Amen.” Njengoko ubona, asiyonto

ingako, kodwa andiceli okanye ndicenge ixhama. Ndiyaxelela, ndisazisa umyalelo wam. Umntu ongaphambili emkhosini akadingi ukuba acele iimbumbulu ufaka nje isicelo. Ngamanye amazwi, sele benokufikelela ngokusemthethweni kuyo nayiphi na into abayidingayo, akukho mfuneko yokucela, bathi nje, “Dlulisa iimbumbulu.”

Ke, ngentsasa elandelayo, ndandikwiqonga lam lomthi phambi kokuba kukhanye, kwaye kanye njengokuba ihlathi lisiba ngwevu, ndabona ixhama lilodwa lisiza ngakum. Kwakumnyama kakhulu ukuba ndingadubula, kodwa ndabona ixhama lisiza ngqo emthini wam. Njengoko ixhama lalisondele emthini wam, lema, kwaye imizuzu eyi 15 elandelayo, lahamba kancinci lijikeleza umthi wam.

Ndandimangazekile. Ixhama lahlala kwiiyadi eziyi 20 ekusuka emthini wam laza lawujikeleza ngokucothayo.

Njengoko ukukhanya ehlathini kwakuqalisa ukuqaqamba, ndandikwazi ukubona ukuba lalingelo xhama elineempondo. Enyanisweni, yayingathi lithokazi njengoko ndandingakwazi ukubona amaqhosha entlokweni yexhama. Kwakungeka khanyi ngokupheleleyo, kodwa kwakusemthethweni ukudubula njengoko iOhio yayinexesha elisemthethweni lokudubula ekuseni. Ndandingakwazi ukubona ukuba yayiyinkunzi enephondo elingathi liqhosha na, njengoko benditshilo, kodwa ndandisazi ukuba amaxesha amaninzi, iimpondo ezingathi ngamaqhosha zingaphantsi nje koboya. Ndaqonda ukuba ngendlela engaqhelekanga eliziphethe ngayo ixhama, kufanele ukuba ibe lixhama lam ndalidubula lawa ixhama. Njengoko ndandisondele kwixhama, ndavuya ukubona amaqhosha amancinci ndaqonda ukuba ngenene yinkunzi yam enephondo elingathi liqhosha. Ndashiya inkunzi ilele apho yayiwe khona njengoko ndaqonda ukuba ndilibele ukuza nemela yam, ndahamba ndabuyela endlini ndiyothatha enye.

Xa ndibuyela kwixhama, ndabona uTim esiza ngakum. Wandibuza ukuba akukho nto ndiyibonileyo na, ndamchazela izinto ezenzekileyo kusasa. Sithe xa sisiya apho inkunzi enephondo elingathi liqhosha yayilele khona, wathi akabonanga ixhama kwezi ntsuku zintathu zidlulileyo ephumile. UTim wayehambe nam zontathu ezo ntsuku, kwaye ngoku xa ethetha loo nto, ndayazi ukuba yintoni ingxaki. Ndakhumbula umhla wayeze eofisini yam wandinika itsheki yembewu yakhe yexhama, awayeyihlwayela ecaweni. Ndakhumbula ukuba akazange athethe phezu kwayo naye. Ndathatha ixesha ndaza ndachaza into uThixo wandibonisa yona ngokuphathelene nokuthetha phezu kwembewu njengoko yayihlwayelwa.

Ngobo busuku, mna noTim sasinomsebenzi ekwakufuneka sijongane nawo eColumbus, kwaye endleleni egodukayo, sasizakudlula ecaweni. UTim wabuza ukuba wayenokuma aze ahlwayele imbewu yakhe kwakhona, ngesi sihlandlo wathetha phezu kwayo njengoko wayeyikhulula. Njengoko sasihleli eofisini yam, wenza imbewu yakhe, kuyo ndabona ukuba wayehlwayela inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu. Ndacinga ukuba eso yayisisibhengezo esinesibindi nesithe ngqo.

Ke, ngentsasa elandelayo uTim waye kulaa mthi ndandiwusebenzise ngezolo. Kwenzeka laa nto bendiyifumene ngezolo. Phambi kokukhanya, inkunzi yeza ngqo emthini kwaye yahamba nje ijikeleza kwade kwakho ukukhanya kokudubula. UTim wadubula kwaye weva ukuba uyibethe kakuhle inkunzi. Ngelishwa, inkunzi yabaleka ayabonakala, kwaye nangona sakhangelela iiyure ezimbini, asizange siyifumane. Ngokumangalisayo, kamva ngaloo mini, umhlobo wethu ohlala kumgama omalunga neequarter ezintathu zemayile ukusuka kuthi, wasixelela ukuba ummelwane wakhe

uvuke ngaloo ntsasa waza wafumana inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu ilele ifile kwindlela yakhe yokungena endlini. Inkunzi yayinotolo kuyo. Indlu yalo mmelwane yayikwindlela kanye esuka emahlathini ethu ixhama eyabaleka kuyo. Umhlobo wam wasixelela ukuba ummelwane wakhe, engazi ukuba ngubani odubule ixhama, walixhela ixhama ngokwakhe ngaloo ntsasa. Libali elimangalisayo ndiyazi, kodwa sifunde isifundo.

Thetha phezu kwembewu yakho xa uyikhulula, Kanye njengokuba uYesu wenzayo.

Ke, uTim wahlwayela imbewu entsha kwaye wahamba wafumana inkunzi yakhe kwiveki elandelayo.

Xa Uthetha, Yiba Ngqo

Ndiyazi ukuba inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu ithe ngqo, kodwa njengoko besifumanisa, uBukumkani buthe ngqo! Jonga kwindalo, umzekelo.

Kuba kwasekudalweni kwehlabathi—iindawo zakhe ezibe zingenakubonwa—zibonwa kakuhle, ziqondeke, ngezinto ezenziweyo-kwa-amandla akhe angunaphakade, nobuThixo bakhe, ukuze bangabi nakuziphendulela.

—KwabaseRoma 1:20

IBhayibhile ithi ukuba iindawo zakhe ezibe zingenakubonwa zibonwa kakuhle ngezinto ezenziweyo. Ngoko ke mandikubuze umbuzo, “Indalo ineenkcukacha ezingakanani?” Ineenkcukacha ezininzi!

Ukuba ndikuxelele ukuba ndiza kuthenga imoto, umbuzo

wakho olandelayo kum uyakuba, “Hlobo luni lwemoto?” akunjalo? Awukwazi ukubona imoto engqondweni yakho xa ndisithi imoto. Ubona “imoto” njengemoto ethile, iFord okanye iChevy, imodeli ethile yemoto enombala othile. Akukho mfanekiso unegama elithi imoto: kuhlala iyimoto ethile. Le yindlela ekufuneka ube yiyo nakubomi bakho bomthandazo.

Ngaba ukhewalifunda uxwebhu olusemthethweni? Ndiqinisekile ukuba walifunda. Aneenkukacha ezininzi. Ke, into oyikhulula ngamazwi akho iba ngqo okwayo, naxa ungafuni ukuba ibe njalo. Jonga indlela uYesu awayelungiselela ngayo. Wayekuqonda ukubaluleka kwamazwi.

Ke kaloku, akuhla entabeni apho, walandelwa ngabantu abaninzi. Nanko kusiza oneqhenqa, waqubuda kuye, esithi, “Nkosi, ukuba uyathanda, unako ukundihlambulula.”

Wasolula isandlauYesu, wamchukumisa esithi, “Ndiyathanda, hlambuluka.” Lahlambuluka kwaoko iqhenqa lakhe.

—UMateyu 8:1-3

Qaphela ukuba akhonto yenzekileyo de uYesu wathi, “Hlambuluka!”

Kuthe akufika ngaphesheya, ezweni lamaGergasi, kwaqubisana naye abantu ababini abaphethwe ziidemon, bephuma emangcwabeni, belugcalagcala, kwada kwada kwayinohla ukuba kudlule umntu ngaloo ndlela. Basuka bakhala besithi, “Yintoni na enathi nawe Yesu, Nyana kaThixo?” “Apha uze kusithuthumbisa na phambi kwelona xesha?”

Bekukho ke mgama kubo ugxuba olukhulu lweehagu lusidla. Zaye ke iidemon zimbongoza, zisithi, “Ukuba uyasikhupha, sivumele siye kungena elugxubeni lweehagu oluya.”

Wathi kuzo, “Yiyani!” Zaphuma ke, zaya kungena elugxubeni lweehagu; lwasuka lonke ugxuba lweehagu lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwela elwandle; zatshabalala emanzini.

—UMateyu 8:28-32

Nceda uqaphele ukuba idemon yayithetha noYesu kwaye yayibaleka! Ngenene babencokola! IDemon yahamba kuphela xa uYesu esithi, “Yiyani!” Nguwe ophetheyo, unazo izitshixo, kodwa kufuneka uthethe! Yitsho into. Kwakhona, uBukumkani bubukumkani bemithetho nokuhamba okufanelekileyo begunya. Amazwi akho abalulekile!

Ngaphambi kokuba siqhubele phambili, masijonge kwakhona into esiyifundileyo. Xa uYesu wayesikelela isonka nentlanzi zatshintsha izikumkani. Kwaye njengoYesu, ufuna ukunika imbewu yakho umyalelo xa uyikhulula. Ulindele ukubona ntoni xa ukhulula imbewu yakho? Yonke imbewu inomfanekiso oncanyathiselwe kuyo. Sonke isithembiso siphethe umfanekiso kunye naso. Siza kuthetha ngale nto kamva, kodwa umbuzo olandelayo endifuna ukuthetha ngawo kulapho kufuneka uyihl-wayele khona imbewu yakho.

**NGUWE OPHETHEYO,
UNAZO IZITSHIXO, KODWA
KUFUNEKA UTHETHE!**

Ufanele uKuyihlwayela phi Imbewu Yakho?

Okokuqala, uza kufuna ukuhlwayela kwisabelo sikaThixo kummandla wasemhlabeni. Nceda uqaphele ukuba le asiyondlela yokuphila yesiqhelo yesisa kwabo badinga uhlobo lokupha ndithetha ngalo.

Oboleka uYehova obabala isisweli; umbuyekeza ukuphatha kwakhe okuhle.

—ImiZekeliso 19:17 (NASB)

Yinyani ukuba xa uboleka, uThixo uya kubuyekeza!

Qondani ke le nto: Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna kwangokuvimba; nalowo uhlwayela ngesisa wovuna kwangesisa. Elowo makanike njengoko agqibe ngako entliziyweni; makungabi kokuphuma kabuhlungu, nangokunyanzelwa; kuba uThixo uthanda umphi ochwayithileyo. Unako ke uThixo ukuphuphumisela kuni ubabalo lonke, ukuze nithi, nihlala ninako nje ukwanela konke ngeendawo zonke, niphuphumele emsebenzini wonke olungileyo. Njengokuba kubhaliwe kwathiwa:

Wasasaza, wapha abasweleyo; ubulungisa bakhe buhleli ngonaphakade.

Wanga ke angathi, ompa imbewu umhlwayeli, nesonka sokudliwa, aniphe ayandise imbewu yenu, ahlumise isiqhamo sobulungisa benu; nithi ngeendawo zonke nityetyiselwe ekunyaniseni konke, kona kusebenzayo ngathi umbulelo kuThixo.

Ngokuba ulungiselelo lwalo mbuso alwaneli kuzalisela iintsilelo zabangcwele; lusuka kananjalo luphuphume imibulelo emininzi kuye uThixo; besithi nje, ngako ukucikideka kolo lulungiselelo, bamzukise uThixo ngenxa yokulululamela kwenu uvumo lwenu ngokusingisele kwiindaba ezilungileyo zikaKristu, nangenxa yokunyanisa kokudlelana kwenu ngokusingisele kubo nakubantu bonke; bakubon'ukuba nabo bayanilangazelela, benikhungela ngenxa yobabalo lukaThixo oluncamisileyo kuni aba. Makubulelwe ke kuThixo ngenxa yesipho sakhe singenambali!

—2 KwabaseKorinte 9:6-15

Ngokucacileyo, uThixo uvuza abo banesisa. Kodwa uhlobo lokupha endithetha ngalo **kukupha okunenjongo ngesivuno esinenjongo**. Khumbula, ndithiya imbewu yam ngohlobo lokupha endithetha ngalo. Ukuba nesisa sisenzo sovelwano, kwaye andiqhelanga ukuthiya ububele bam, kodwa endaweni yoko, ndibanga le nto sisanda kuyifunda ku 2 KwabaseKorinte 9, ukuba uThixo uya kundinika imbewu ukuba ndibe nesisa kwaye njengoko ndiqhubeka nokuba nesisa, uya kwandisa ubutyebi bam ukuze ndikwazi ukwandisa ukupha kwam.

Ukupha Okunenjongo

Ndiye ndakhankanya ukuba xa ndihlwayela, ndibandakanyeka kwinto endiyibiza ngokuba kukupha okunenjongo. Kwakhona, oku kupha kunesivuno esinenjongo. Yile nto kanye eyenziwa nguYesu kuMarko 6. Wayejongene nentswelo ethe ngqo kwaye wayefuna impendulo ethe ngqo. Wayedinga ukutya ukuze ondle

abo bantu bayi 20,000, ngoko wayefuna imbewu engqalileyo awayeza kusebenza ngayo. Ngoku kwimeko Yakhe, wayengahlwayeli imbewu, wayesamkela imbewu. Kwaye le nto yayingekuko ukunika ngokuzithandela, okuthi nika loo nto uyifunayo. Kwakufuneka afumane umntu owayeza kuhlwayela imbewu ethile ukuze yande ezandleni zikaThixo. Ngenxa yoko wathi, “Hambani niye kukhangela ukuba ninee zonka ezingakanani.” Isonka nentlanzi yayizizinto awayezifuna ngelo xesha, kungekhona iinkuni okanye ingubo kodwa, ngokuthe ngqo, isonka nentlanzi.

Qiniseka xa uhlwayela, unika loo myalelo ukuze uhlangabezane nentswelo ethile onayo. Xa ndifuna into ethile, ndidla ngokusebenza kolu hlobo lokupha, ndicace kwinto endiyifunayo, ndithiya imbewu yam njengoko ndiyihlwayela.

Xa ndipha, ndidla ngokupha ngetsheki okanye kwi intanethi, ngoko ke ndiyibhala kwitsheki. Okanye ukuba ndipha kwi intanethi, ndiya kubhala into endinike yona ukuze ndiyigcine kunye neerekhodi zam, umyalelo onikiweyo koko kupha, kunye nomhla kunye nexesha endinike ngalo. Khumbula, awujongi phambili ekufumaneni into oyithandazeleyo okanye oyibhengezileyo kwixa elizayo, uzamkele ezo zinto xa uthandaza!

Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; noba nazo.

—UMarko 11:24

Ngoku, oku kupha kunenjongo kuhlwayelwa kwisabelo soBukumkani, into eyenziwa nguThixo kummandla wasemhlabeni. Idla ngokuba bubulungiseleli apho uThixo enike indoda okanye umfazi isabelo esifuna inkxaso mali. Kwakhona, le nto yahlukile

kukunceda okuqhelekileyo kwamahlwempu okanye abasweleyo, nto leyo eyinjongo kaThixo, ngokuqinisekileyo, kwaye uThixo ucace gca ngomvuzo wolo hlobo lokupha. Sithetha ngokupha okunenjongo. Kunjalo, ungahlwayela olu hlobo lokupha kwicawe yakho yasekuhlaleni, kwaye, enyanisweni, uninzi lokupha kwakho okunenjongo kufuneka kunikwe icawe yakho yasekuhlaleni.

Xa sithetha ngecawe yakho yasekhaya, isishumi sakho sesecawe yakho yasekuhlaleni ngokunjalo. Ndinabantu abaninzi abandibuzayo ukuba banako na ukunika isishumi kubulungiseleli bethu xa beyinxalenye yecawe yethu ye intanethi. Ndibaxelela ukuba, “Ngokuqinisekileyo unako.” Ndikwabakhuthaza ukuba bafumane icawe elungileyo yasekhaya kwindawo abahlala kuyo. Kodwa ukuba silikhaya lebandla labo eliyintloko, ngoko ewe, banako ukusinika isishumi. Kodwa, njengomfundisi, ndiyazi ukuba abantu baya kukhula ngokukhawuleza kwaye bomelele xa beyinxalenye yecawe elungileyo yasekuhlaleni. Kwelinye icala, ukuba yinxalenye yecawe efundisa ukuthandabuza nokungakholwa asiyocawe ofuna ukuyixhasa okanye ukuya kuyo.

Xa uhlwayela kwisabelo, ufuna ukuhlwayela kwisivumelwano, kumntu okanye kubulungiseleli obuqonda ukholo nobazi ukuba sithetha ukuthini isivumelwano. Qaphela isihlwele esithi “Siya kutshona ukuba awuhlwayeli.” Akukho lukholo kulo ngxelo. IBhayibhile icace gca ukuba ungahlwayeli ngelixa uqhutywa kukunyanzelwa. Ukuba nayiphi na indoda okanye umfazi kaThixo ukwenza uzive unetyala ukuba awuhlwayeli okanye bakufakela uxinzelelo ukuba wenze njalo, kuya kuba ngcono ukuba ubambekele emalini yakho. Ukhohlo aludingi kukhuthazwa.

Ukuba ufuna ukuhlwayela kodwa ngenene awunakhokelelo lokuba unikele kuyo nakweyphi na indawo ethile, ngoko hlwayela

kwisabelo ovakalelwa ukuba sibonise iziphumo nesifundisa ukholo kwinto etshiwo nguThixo. Ungaze uhlwayele ebandleni elithi uThixo ubulala abantu okanye ubanika umhlaza ukuze abafundise into okanye nayiphi na into elelo hlobo lobuvuvu. Kodwa hlwayela kubulungiseleli obufundisa ILizwi likaThixo.

Ngoku, khumbula ukuvuma okanye ukuthetha phezu kwembewu yakho njengoko unikela. Mna noDrenda siyenzile le nto ekubeni iNkosi indiyalele ukuba ndingalifumana njani ixhama lam ngala nyaka wokuqala. Ke, kwakukho la nyaka ndinixelele ngawo kwesi sahluko apho ndingazange ndithethe phezu kwembewu yam, kwaye uyayazi ukuba yahamba njani loo nto. Sasihlala sithetha phezu kwembewu yethu iminyaka ngaphandle kokucinga ngayo nyani okanye singazi ukuba yinxalenye ebalulekileyo yokuhlwayela. Ndandicinga ukuba ukupha nje ngokwako yayikuphela kwento efunekayo ukuzisa ukunikela kwam phantsi kolawulo loBukumkani, kwaye eneneni, kwenza loo nto. Kodwa ngaphandle komyalelo ocacileyo akukho ngqalelo, akukho sivuno sithe ngqo, kwaye ukuba awusazi kanye isivuno, uya kuphoswa lixesha lokuvuna. Ndifunde izifundo ezininzi ngokuzingela amaxhama, kwaye njengoko sigqibezela esi sahluko ngendlela yokukhulula ukholo lwakho, ndifuna ukongeza elinye ibali.

Kwakuyiminyaka nje embalwa emva kokuba ndifunde indlela yokuzingela ngokholo xa ngenxa yesizathu esithile ndagqiba ekubeni andiyi kuhlwayela mbewu ngaloo nyaka.

Andizange ndithethe ngayo nomfazi, andizange ndithethe ngokuhlwayela okanye ngokuthandaza ngexhama njengoko ixesha lompu lalisondele. Ndandivune amaxhama ngamabali amangalisayo kwiminyaka embalwa edlulileyo ngento awayendifundise yona uThixo, kodwa ndicinga ukuba yayintsha yonke loo nto kum,

kwaye ndaziva ndinokholo lexhama lam ngoko kwaye kwakungafunekanga ukuba ndidlule kuyo yonke loo nto yokukhulula ukholo lwam. Ke, ungaqikelela ukuba kwenzeke ntoni.

Ngentsasa yokuvula, ndicinga ukuba ndibone inkunzi ibaleka eyayikwiiyadi eziyi 300 ukusuka kum, yaphelela apho. Ukuzingela ngorhatya akwandi phathela nto nako. Xa ndingena endlini ndingenantanto ngala mini yokuvula, uDrenda wayenomhlobo wakhe endlini njengoko ndandimxelela ukuba izinto zazingahambi kakuhle ekuzingeleni amaxhama. Ndamxelela ukuba ndiyilandele imiyalelo endayinikwa nguThixo ngokufumana ixhama lam. UDrenda wathi, “Bendizibuza ukuba uphume nini.” Ke, Ndayivuma impazamo yam, kwaye ndabacela ukuba bangathandaza nam ngayo. Ndabhala itsheki njengembewu yam yexhama, andabhala nasiphi na isini esithile. Sonke sabeka izandla zethu phezu kwayo, saze salamkela elo xhama ngokholo.

Ngusuku olulandelayo, ndandingakwazi ukuphuma kusasa, ngoko ndandizakuphuma ngorhatya. Ndandijonge umthi omkhulu *wemapple* kumda womhlaba endandicinga ukuba ungenza iqonga elilungileyo, ndaya apho. Yayibubusuku obushushu kakhulu ngenyanga yoMnga, kwaye ukuba ndikhumbula kakuhle, yayiphantse izi*degree* eziyi 70, kwaye kwakunomoya. Kwimizuzu nje embalwa ekuzingeleni ngorhatya, ithokazi elikhulu laphuma ehlatini laza laphuma laya ebaleni elijongene *nemapple* enkulu. Ithokazi lalaze ngobukulu bomzimba kum, lindinika ithuba elihle lokudubula. Njengoko ndandijonga imeko, ndaqonda ukuba ithokazi likwiiyadi eziyi 75 ukusuka kum, kwaye ndandingaqinisekanga kancinci ngokufikelela njengoko ndandisebenzisa *ibore 12-gauge*. Kodwa ndajongisisa ngononophelo, kwaye ithokazi lawa ndakudubula. Yho, ndandilivuyelo elo xhama. Ndaphakama ndaya endlini

phambi kokuba kube mnyama, kwaye umhlobo kaDrenda wayezile kwakhona; kwaye sonke savuyela imithetho yobukumkani loxa ngaxeshanye ndadisiva ukuba ndifunde isifundo.

Kwesi sahluko, sihlole umgaqo wesibini wokwamkela eBukumkanini:

Inyathelo #2: Ukukhulula Imbewu Yakho eBukumkanini bukaThixo.

Sifunde ukuba xa sihlwayela imbewu yethu ekwisabelo soBukumkani, itshintsha izikumkani. Siye sahlola indlela esikhulula ngayo imbewu, ngamazwi nangomyalelo. Nanga amanye amanqaku ambalwa esifuna ukuba uwakhumbule ukuya phambili.

1. Singaba nemali.
2. Singahlwayela imbewu ethile.
3. Asinako ukusinika igama isishumi.
4. Ukupha asiyiyo ifomyula; kufuneka kwenziwe ngokholo.
5. Ukupha ngenjongo kune sivuno senjongo.

Sikhulula imbewu yethu ngamazwi.

ISAHLUKO 6

UKHOLO SISITSHIXO

Iminyaka embalwa emva kokuba siqale icawe yethu, ndandiqhuba ndigoduka kwaye sendiphantse ndifikile kwindlela engenayo endlini endala yaseplasini xa ndibona amapolisa ekhanyisa izibane phambi kwam. Akhonto intsha apha, ndacinga ukuba kukho umntu omiselwe ukuqhuba ngesantya esiphezulu. Ngokuqinisekileyo, ndithe xa ndehlisa isantya, ndabona imoto phambi kwemoto yamapolisa icotha ingena endleleni. Xa ndisondelela kwimoto yamapolisa ndehlisa isantya ukuze ndiyigqithe, kwabakho into eya bamba ingqalelo yam. Apho ecaleni kwendlela kwakukho inkunzi enephondo elahlekune kasibhozo. Ndayazi kwangoko into eyenzekileyo. Inkunzi yayitshayiswe yile moto endiyibone ihamba.

Ndiye ndema kancinci nje emva kwenkunzi ndabuyela emotweni yamapolisa ndabuza ipolisa lizokwenza ntoni ngekunzi. Kuba indlela yokungena ekhayeni lam yayiziyadi eziyi 400 kuphela endleleni kwaye ndandinabantwana ekumele ndibondle, ndacinga ukuba ndingabuza ukuba ndingalifumana ixhama. Ipolisa labonakala likhululekile ukuba kukho umntu olifunayo. Wathatha igama lam nedilesi yam wandinika nophawu lwexhama.

Ngaphambi nje kokuba sivalalise, wandixelela ukuba

banamaxhama atshayisiweyo ngalo lonke ixesha, kwaye ukuba ndinomdla, uya kufaka igama lam kuluhlu lokutsalelwa umnxeba ukuba banexhama elitshayisiweyo kungekho mntu olibangayo. Ndacinga ukuba oko kuvakala kulungile. Kwakusekuqaleni kwekwindla, kwaye ndandingekaphumi ukuya kuzingela. Oku kwakungaphambi kokuba ndiqalise ukuzingela ngesaphetha, kwaye ixesha lemipu lalingekho kude kube yiveki yokuqala yenyanga yoMnga, ngoko ke ndacinga ukuba inyama yenyamakazi iya kulunga.

Ke, akuzange kuthathe xesha lide ngaphambi kokuba nditsalelwe umnxeba lisebe lamapolisa ngelinye ixhama. Ke phambi kokuba kuqale ixesha lokuzingela ngemipu, ndandisele ndixhele amaxhama amane okanye amahlanu. Andisalikhumbuli elona nani lichanekileyo, kodwa ndiyazi ukuba ubuncinane ayemane. Eyona nto ibalulekileyo kukuba ifriji zam zazisele zigcwele ngexesha lokuzingela ngemipu.

Ngokumangalisayo, uDrenda wayeza kuba ngaphandle kwedolophu iveki yonke yexesha lemipu. Andikhumbuli ukuba wayehambele ntoni, kodwa ndiyazi ukuba kwakunqaqhelekanga ukuba sohlukane kwaye iveki yonke. Ngoko andizange ndithandaze kunye naye ngokuzingela amaxhama, kwaye andizange ndihlwayele nembewu. Mhlawumbi ndandicinga ukuba andikhathali nokuba ndifumene ixhama ekubeni ifriji yam yayigcwele. Kodwa ndiphumile; unokuqiniseka ngaloo nto. Ukwenza ibali elide libe lifutshane, ndiye ndaphuma iveki yonke ngexesha lemipu kwaye andizange ndidubule. Xa uDrenda efika ekhaya, wandikhumbuza ngento awayesele endifundise yona uThixo ngokuhlwayela imbewu yethu nokuthandaza kunye ukuze samkele ixhama lethu.

Ke, kwafika unyaka olandelayo, kwaye ngeli xesha,

ndandingazukuyenza impazamo efanayo. Nangona abesebe lamapolisa basitsalela umnxeba izihlandlo ezimbalwa ngamaxhama atshayisiweyo, ndicinga ukuba ndithathe elinye awo njengoko ndandiceba ukufumana inyamakazi yam ngokuzingela kwam. Ngeli xesha, mna noDrenda sahlwayela imbewu yethu kwaye sathandaza njengoko sasikhulula imbewu yethu yenkunzi. Asizange sichaze ubukhulu benkunzi, inkunzi nje. Andizange ndikwazi ukuphuma ngentseni yokuvula kodwa ndandineemincili yokuphuma ngobo busuku. Kodwa ngelishwa, kufuneka ndikuxelele ukuba, kwakhona, kwakungekho xhama. Ndandibhidekile ngokuqinisekileyo njengoko ndandisiya endlini ngobo busuku emva kokuhlala ehlathini.

Xa ndihlala phantsi ngesidlo sangokuhlwa, ngequbuliso, kwakhala umnxeba wam. Yayilisebe lamapolisa besithi ukuba banexhama elitshayisiweyo ukuba ndiyalifuna. Ndababuza ukuba liphi, bandinika idilesi. Ndandingazikholelwa iindlebe zam. “Ungaphinda uyiphinde loo dilesi?” ndabuza. Wayiphinda idilesi, ndaqonda ukuba yidilesi yam! Ndandothukile. Ngoko ndaya efestileni, kwaye ngokuqinisekileyo, kwakukho izibane ezibomvu ezikhanyayo ekupheleni kwendlela yam engena endlini, ndabaxelela ukuba ndiyeza ngoku. Indlela yethu engena endlini yayingaphezu kweenyawo eziyi 900 ukusuka endleleni, kwaye ndikhumbula ndiwuhamba loo mgama phantse ndingakholelwa. Xa ndilifumana ixhama lam, yayiyinkunzi enephondo elingathi liqhosha enkulu elalikwimeko entle. Ndazalisa iifomu ndaza ndabulela ipolisa, emva koko ndarhuqa ixhama kwindlela eya kwindlu engasemva. Ndandibhidekile? Kakhulu! Andizange ndiphinde ndicinge ngokuzingela kwam amaxhama de yayinyanga yoMsintsi okanye eyeDwarha yonyaka olandelayo.

Yintoni Umthombo Wakho?

Andikwazi ukukhumbula ngoku ukuba yayiyeyiphi inyanga, kodwa ndandiphumile ndiyokubaleka kwibala lam elingasemva njengoko ndandisenza ngamaxesha athile ukuze ndizilongwe. Njengoko ndandibaleka, ndandithandaza ngento eyenzekayo kwiminyaka emibini edlulileyo. Ndandingenaffi nje. Ngequbuliso, njengoko ndandibaleka, amagama, “uluhlu lwamapolisa” afika kum ngokucacileyo. Ndacinga okomzuzwana. Ingaba uThixo wayezama ukundibonisa into? Emva koko ndayibona. Ndaqonda ukuba intembelo yam yayingekho kwiLizwi likaThixo okanye eBukumkanini. Intembelo yam yayikuluhlu lwamapolisa! Ndandisazi ukuba andilifumananga ixhama lam, uluhlu lwesebe lamapolisa luya kulibonelela.

Ndiye ndasiqonda isizathu sokuba kunyaka odlulileyo ndifumene inkunzi yam ekupheleni kwendlela yam yokungena endlini endaweni yokuba ndiyifumane ngumpu wam. Uluhlu lwamapolisa kwakulapho ukholo lwam lwalukho ngokwenene. Xa mna noDrenda sasihlwayela inkunzi yethu yaloo nyaka, inkunzi yavela ngexesha elifanelekileyo xa ndiphuma okokuqala kulo nyaka kodwa kwindawo engafanelekanga, okanye yayiyiyo? Ndema apho ndimangazekile njengoko uMoya oyiNgcwele wawuyicacisa ngakumbi kum. Ndiye ndaqonda ukuba inkunzi yavela kanye apho ukholo lwam lwalukhona, uluhlu lwamapolisa. Ndathi ndakuyiqonda loo nto, ndabaleka ndaya ngqo endlwini, ndatsalela umnxeba isebe lamapolisa kwangoko, ndalisusa igama lam kolo luhlu. Ndifunde ukuba isicwangciso sakho sesibini sisicwangciso sakho sokwenyani! Ukusukela kuloo nyaka, andizange ndisilele ukubona amaxhama evela lonke ixesha.

Kodwa indlela iintliziyo zethu ezikhohlisa ngayo. Intembelo yethu ishukunywisa lula kwizinto zendalo. Le yinto ekufuneka siyilumkele kwaye sihlale siyijongile. Ukholo alufuni isicwangciso sesibini. Ndisamangaliswe kukuba nangona ukhoho lwam lwalukuluhlu lwamapolisa, ixhama lavela ekupheleni kwendlela yam engena endlini ngaloo mini yokuvula. Kwaye lento izisa umgaqo wesithathu awandibonisa wona uThixo.

Inyathelo #3: Khulula Imbewu Yakho Xa Uselukholweni!

Loo ngumba omkhulu, njengoko sibonile ngaphambili xa abafundi babengenakuyikhupha idemon kwinkwenkwe eyayinedemon. UYesu wathi kwakungenxa yokungakholwa kwabo okanye ukungabi nalukhoho. Ukuqonda ukuba luyintoni na ukhoho nendlela yokufumana ukhoho kuthethwe ngako ngaphambili, kodwa kubalulekile ukuba ufunde ukuzibonela ngokwakho, ukuba ukho okanye awukho elukholweni. Ke mandikunike uvavanyo olulula onokuzinika lona ukubona ukuba ngokwenene ukho okanye awukho elukholweni. Vala amehlo akho, ubona ntoni?

Ukhoho ke kukukholosa ngezinto ezithenjiweyo; kukweyiseka bubukho bezinto ezingabonwayo.

—Hebhere 11:1 (KJV)

Ukhoho ke kukukholosa ngezinto ezithenjiweyo. Ithemba lihlala liphethe umfanekiso kunye nalo. Ukuba ndikuthembise ukuba ungangafumana i *ice-cream cone*, kwangoko uya kuba nomfanekiso we *ice-cream cone* engqondweni yakho. Ukuba ukholelwa ukuba

ndinyanisekile kwinto endiyitshoyo kwaye ndinendlela yokuyihlawulela, uya kuzibona une*ice-cream cone*, nobungqina bokuba ufanelekile kwaye unemincili.

Kunjalo nangeLizwi likaThixo. Xa ukholelwa kwisithembiso sikaThixo kwaye weyiseke ngokupheleleyo ukuba uThixo

**XA UKHOLELWA
KWISITHEMBISO SIKATHIXO
KWAYE WEYISEKE
NGOKUPHELELEYO UKUBA
UTHIXO UNENJONGO KUNYE
NENDLELA YOKUPHUMEZA
ISITHEMBISO SAKHE, UYA
KUBONA UMFANEKISO WAKHO
KUNYE NESITHEMBISO.**

unenjongo kunye nendlela yokuphumeza isithembiso Sakhe, uya kubona umfanekiso wakho kunye nesithembiso. Nangona usenokungabi nayo into oyithenjisiweyo ngelo xesha, uya kwenza ngathi unayo, kuba ngandlela thile unayo. Isithembiso simile, injongo imile, kwaye sesakho. Ngoko ke ukholo, ukweyiseka ngokupheleleyo ngenjongo namandla kaThixo, ngundoqo

wesithembiso kuwe. Lukwabubungqina bezinto ezingekabonwa.

Kusafuneka ufake itsheki ukuze ufumane imali, into eyinkqubo esemthethweni esebenza kummandla womoya njengoko isenza kwindalo. Ngoko xa ndisithi, “Vala amehlo akho. Ubona ntoni?” Into endiyithethayo yile. Ukuba awukwazi ukuyibona, awukwazi ukuyibamba. Mandiyenze ibe lula. Ukuba uvala amehlo akho ungaziboni nesithembiso, awukho elukholweni. Ukuba uyagula kwaye xa uvala amehlo akho, uzibona uphilile—ndithetha ukuba uzibona uphilisiwe njengokungabi nalo uloyiko, kodwa endaweni yoko unesiqinisekiso sokuba uphilile—lukholo olo. Kodwa ukuba uvala amehlo akho uzibone usagula, ulindele ukuphiliswa,

ke ngoko awukho lukholweni. Ukuba udinga imali kwaye ukholwe isithembiso sikaThixo, ngoko awusenaxhala lamali kodwa uzibona unesibonelelo osidingayo.

Uloyiko Sisichasi Sokholo

Uloyiko alukho kolu hlobo lwentembelo. Ukuba usenexhala ngesiphumo, awukho elukholweni. Awufuni ukwenza izigqibo ezinkulu ukuba awukho elukholweni, kuba ukuba awukho elukholweni, unoloyiko. Uloyiko luhlala lilumkile kwaye kukungakholwa. Yiyo loo nto ndithe hlala uhlwayela imbewu yakho xa uselukholweni. Awufuni ukuyihlwayela njengefomyula, udlula nje kwisenzo sokupha, kuba loo nto ayizukuvelisa nto. Ufuna ukuba nentembelo kwinto ayithethayo uThixo ukuze xa uvala amehlo akho, into oyibonayo nguwe kunye neso sithembiso. Sele unaso, unaso, sesakho, kwaye uxolo lutathele indawo naliphi na ixhala osenokuba ubunalo.

Ningaxhaleli nto; mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke, ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela, zaziswe kuye uThixo. Lwaye uxolo lukaThixo, olugqithisileyo kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo neengqiqo zenu kuKristu Yesu.

—KwabaseFilipi 4:6-7

Xa uselukholweni, kukho uxolo olungasekelwanga kwiimeko kodwa kwisithembiso.

Okulandelayo, ubungqina bokholo kukukwazi kwakho ukuzithethelela kwinkundla yomoya. Kuba ukholo lusekelwe kwiLizwi

likaThixo, kufuneka wazi ukuba kutheni ukholelwa kwinto oyikholelwayo. Yenza ngathi usenkundleni kwaye uligqwetha elikhuselayo. Umtshutshisi uxela ukuba umthengi wakho uhlala kwikhaya lomthengi wakhe ngokungekho mthethweni kwaye uti indlu eneneni asiyeyomthengi wakho kodwa yeyomthengi wakhe. Ungathini? Ungacela uxolo kwaye uti umthengi wakho uza kuphuma endlwini ngokukhawuleza? Ukuba unalo uxwebhu olutyikityiweyo kuwe, uloyiko luya kuthathelwa indawo yintembelo, kwaye ubuya kuxelela umgwebi ukuba agxothe abebhedengu abakuphe ngaphandle kwenkundla. Lusebenza ngolo hlobo ke ukhoho. Luyayazi inyaniso, luyazithemba, kwaye lubonakala lunekratshi. Ungasikhusela ke isikhundla sakho?

USarah weza ecaweni yethu ngenye imini engazi ukuba uphi njengoko wayekwidolophu entsha ehamba ngemoto. Yena nomyeni wakhe babethshintshelwe eColumbus kwaye babethandazela ukufumana icawe. Njengoko babeqhuba bezula nje, bangena kwindlela yethu yokungena bacinga ukuba banokusizama. Abazange bahambe. USarah waphathwa sisifuba ubomi bakhe bonke. Ephuma engena ezibhedlele ekhula, ubomi bakhe babubanjwe sesi sifo. Wafunda indlela yokuphepha iindawo ezithile ezazibangela ukuba isifuba sakhe siqale, kwaye wayephatha isixhobo sakhe sokuphefumla yonke indawo awayesiya kuyo.

E*Faith Life Church*, wafunda ukuba ukuphiliswa lilungelo lakhe elisemthethweni nendlela yokuzikhusela ngokomoya. Kwenye inkonzo njengoko wayemamele omnye wamalungu ethu echaza indlela awaphiliswa ngayo kwisifo esisongela ubomi, wathatha isigqibo. UThixo akakhethi buso bamntu. Wakhupha isixhobo sakhe sokuphefumla esipajini sakhe waza wafaka amakhadi Ezibhalo endaweni yaso, onke echaza ilungelo lakhe elisemthethweni

lokuphiliswa. Wayewafunda yonke imihla. Nanini na xa esiva ukuba uzakuhlaselwa sisifuba, wayethatha ikhadi leSibhalo endaweni yesixhobo sokuphefumla, kwaye akazange aphinde ahlaselwe sisifuba!

Umakazi wam weza kum kwindibano yosapho. Wandicela ukuba ndimthandazele njengoko wayenomhlaza wemiphunga kwaye wayejongene notyando kwiveki enesiqingatha ukususa ithumba elikhulu. Waqhubeka wandixelela ukuba oogqirha bakhe babelandela ithumba elilingana *negrapefruit* elalisemiphungeni yakhe unyaka onesiqingatha. Liye laqala ukukhula ngokukhawuleza, kwaye oogqirha bathi kufuneka liphume. Njengoko ndandime apho ndimamele ibali lakhe, ndacinga ngobomi bakhe. Wayeyintshayi ubomi bakhe bonke, kwaye ndandisazi ukuba wayengasayi ecaweni iminyaka emininzi. Ndamthembisa ukuba ngenene ndiza kumthandazela kodwa ndiva ukuba akakakulungeli ukuthandaza ngala mzuzu. Ndamcela ukuba afunde ezinye izixhobo endifuna ukumnika zona malunga nokuphiliswa phambi kokuba ndithandaze. Ndathi ndingavuya ukumthandazela ngentsasa yangeCawe ezayo kanye emva kwenkonzo yonqulo. Wavuma.

Ndandisazi ukuba intliziyo yakhe wayinikela eNkosini kwiminyaka eyadlulayo kodwa akazange aphilele Yona. Ndandinet-hemba lokuba ukuthatha ixesha lokucinga ngezithembiso zikaThixo zokuphilisa kwakuya kulukhuthaza ukholo lwakhe. Ndandikwayazi ukuba sasinethuba elingcono lokubona isiphumo esihle ukuba sinokuthandaza ngokuvumelana neLizwi likaThixo njengeankile kunye nethemba sasithembela kulo.

Ke ngeCawe elandelayo, wafika umakazi enkonzweni njengoko wayetshilo. Emva kwenkonzo yonqulo, ndamcela ukuba eze ngaphambili, kwaye wathi esamile apho, ndambuza ukuba

usifundile na isixhobo ndandimnike sona. Wathi usifundile, ndiye ndambuza ke, “Wazi njani ukuba uya kuphila xa ndibeka izandla phezu kwakho?” Uye wacaphula Izibhalo eziliqela waza wathi uthembele kwiLizwi likaThixo. Ndazi ngala mzuzu ukuba wayekulungele ukuthandaza, kwaye ndabeka izandla zam phezu kwakhe, ndathandaza, ndabhengeza ukuba uphilile kwaye akanawo umhlaza. Intambiso kaThixo yafika phezu kwakhe njengoko ndandithandaza, kwaye wawa phantsi phantsi kwamandla kaThixo. Xa ephakama, wayengcangcazela xa wayesithi, “Ndiphilile!”

Waya kutyando ngoLwesibini ukuze akhutshwe elo thumba, kodwa bathi bakungena, kwakungekho nto. Kungekho thumba, kungekho nanxeba okanye into ebonisa ukuba kwakha kwakho nantoni na apho.

Kuyamangalisa ukubukela abantu bephila ubomi babo. Ubungacinga ukuba umakazi ebeya kuba nombulelo omkhulu kuba uThixo emphilisile wayengasoze aphose nemini yecawe ubomi bakhe bonke. Kodwa kwakungenjalo. Ndinga ukuba ndambona kanye emva kwaloo cawe. Wasweleka malunga neminyaka emithandathu kamva ngenxa yohlobo olwahlukileyo lomhlaza. Kodwa ngeli xesha, akazange andicele ukuba ndimthandazele.

Bambelela Kumzuzu Okhulule Ngawo Ukholo Lwakho

Into enye endiyikhumbuza abantu kukuba kuhlala kukho ixesha phakathi kuka “Amen” kunye no”Nantso ke.” Ngenxa yoku, kubalulekile ukuba ubambebele kumzuzu wokukhululwa kokholo. Ndicebisa ukuba ubhale le nto phantsi encwadini yakho okanye inowuthi ukuze uzikhumbuze. Ndiyikhankanyile le nto ngaphambili,

kodwa ndikholelwa ukuba ibaluleke kakhulu. Umzekelo wento endinokuyibhala inje. “Nge 12 yenyanga yeNkanga ngo 1:30 emva kwemini, ndikholelwa ukuba ndamkele (faka isicelo sakho esithe ngqo) ngokuka-Marko 11:24, kwaye ndikholelwa ukuba ndamkele ngexesha ndithandaza.” Ungafaka amanye amanqaku njengokuba ngubani oye wavuma nawe, isixa osihlwayeleyo, nakwisabelo sikaThixo ohlwayele kuso. Loo ngumzekelo nje, kodwa kubalulekile ukuba uyibhale phantsi ngoba ungakwazi ukulwa ngaloo nto.

Xa iimeko zikuhenda ukuba uhlehle ngoloyiko, ungazikhumbuza ngomhla kunye nexesha owamkela ngalo impendulo yakho. Xa uloyiko luzama ukuphakama, ndandiyikhupha lo nowuthi kwaye ndiyifunde ngokuvakalayo njengesibhengezo. “Hayi, Loyiko, ulixoki. Sele ndiyamkele ngalo mhla nangeli xesha ngokuka (ufake Isibhalo ome ngaso.)” Ngamanye amaxesha bekuya kufuneka ndifunde loo nowuthi izihlandlo eziliqela ukuze ndithulise intliziyo yam kwaye inoxolo. Musa ukuvumela into enokubonakala ngathi kukusilela ikulukuhlele ekubeni ululahle ukholo lwakho. Enyanisweni, lo mgaqo wawubaluleke kakhulu ngelixa abantwana bam babekhula kangangokuba kwindibano yethu yomthandazo wosapho weveki nganye sasiba nencwadi apho sasibhala khona into esiyithandazeleyo kunye nento sasikholelwa ukuba siyamkele. Sayibiza incwadi yethu kaYakobi 4. Enyanisweni, sizithengisa ngobulungiseleli ukuba ungathanda ukubanayo.

**KUHLALA KUKHO IXESHA
PHAKATHI KUKA “AMEN”
KUNYE NO”NANTSO
KE.” NGENXA YOKU,
KUBALULEKILE UKUBA
UBAMBELELE KUMZUZU
WOKUKHULULWA
KOKHOLO.**

Ngamanye amaxeshe, kukho izinto ezenzekayo eMoyeni ongazi ngazo. UThixo usebenzela ukwenza yonke into, kodwa kungathatha ixesha. Kusenokubakho iziqwenga ezininzi kwisisombululo sengxaki ekufuneka zibekwe endaweni yazo. Umzekelo, ukuba uThixo uya kuhlangebezana nentswelo yemali, kusenokufuneka athethe nomntu ukuze ayenze loo nto okanye akuzisele ithuba lokubamba imali oyidingayo. Kwakhona, le nto ithatha ixesha.

Musa ukoyika, Daniyeli, kubakususela kumbhla wokuqala, owayinikelayo intliziyo yakho ekuqondeni nasekuzithobeni phambi koThixo wakho, aviwa amazwi akho, mna ke ndize ngenxa yamazwi akho. Ke umthetheli wobukumkani bamaPersi wamelana nam imihla engamashumi amabini anamnye; uyabona, uMikayeli, omnye wakubathetheli abaziintloko, weza kundinceda; mna ndamoyisa khona, kookumkani bamaPersi. Ndize kukuqondisa ke okuya kubahlela abantu bakowenu ekupheleni kwemihla; kuba umbono lo usengowemihla leyo.

—UDaniyeli 10:12-14

Masiphinde sijonge ibali lekhamyasi endilibalise ngaphambili. Sasijonge izakhiwo ezahlukeneyo saza sacinga ngokuqesha ezimbalwa kuzo kodwa asizange sizive kufanekile okuba senze njalo. Xa sasiqala ukukhangela ikhamyasi, sahlwayela imbewu ukuze uThixo asibonise indawo egqibeleleyo. Qho xa sasifumene indawo kwaye sicinga ngokuyithatha, seva intshukumo emoyeni wethu, kwaye saphantse satyhafa. Sijonge zonke izakhiwo kwindawo sasifuna ukubeka kuyo ikhamyasi yethu, kodwa kwakungekho naziphi na iinketho esazibona zilungile.

Imigaqo yethu engundoqo njengebandla iquka umnqweno

onamandla wokunceda ukufundisa abantwana nokukhathalela iintsapho. Sithethe amaxesha amaninzi ngokuba ngenye imini sibe nesikolo, ukuba nendawo yokunakekela abantwana, inkqubo yokunakekela abantwana abangenamntu wokubajonga emva kwesikolo, kunye nezinye iinkqubo ezininzi zokulungiselela uluntu lwethu. Indawo yethu esinawo ngoku igcwele, nto leyo ethintela ukusukela nayiphi na kwezo nketho.

Usenokuthi ukuba kwakukhangeleka ngathi uBukumkani babungasincedisi, kodwa kufuneka ukhumbule ukuba sasisele siyihlwayele ikhampasi egqibeleleyo. Inyani kukuba uThixo wayesazi ukuba isikolo esasithengayo sasivalwa. Wabona umfanekiso opheleleyo. Loo mhlaba wawungafumaneki xa sasiqala ukukhangela.

Ngaphandle kokwazi ukuba isikolo siya kuba yikhampasi yethu egqibeleleyo, Wayesazi nokuba siza kusihlawulela njani. Isibini esasithenga ikhampasi sasikwikhalenda yam ubuncinane izihlandlo ezine ukuze siyokutya isidlo sangokuhlwa. Ngenxa yeemeko ezahlukeneyo, sobabini kuye kwafuneka ukuba sihlehlise eso sidlo sangokuhlwa de kwangobo busuku esadibana ngabo. Sasisanda kubona umhlaba ngentsasa yosuku kanye esasinesidlo sangokuhlwa nabo.

Kwakukho nabanye ababefuna isikolo, kodwa saba ngabo kuqala ukufaka isicelo. Yonke into yenzeka ngexesha elifanelekileyo. Xa sahlwayela loo \$100,000 kwiintsuku ezimbini ngaphambi kokuba sibe neso sidlo sangokuhlwa, ngomyalelo woMoya oyiNgcwele, ndikholelwa ukuba uSathana wayeza kuzama ukusifihlela eso sikolo okanye asebenzise elinye iqhinga ukusithintela ukuba singasifumani. Xa uThixo wandixelela ukuba ndihlwayele loo mali ndikhalimele uSathana angasiphazamisi ekufumaneni ikhampasi yethu, ndikholelwa ukuba esinye isicwangciso wayenaso sokusiphazamisa sanqandwa.

Isibini esasibonelela ngemali yokuthenga loo mhlaba sasiphakathi ekwenzeni isigqibo sokunceda umhlobo wabo ekuthengeni umhlaba, Nto leyo eyayiza kusebenzisa imali eyayikho esiyisebenzise kwintengo yethu. Emva kokuba beve ibali lethu ngobo busuku, bathi baye baqonda ukuba kutheni babengenalo uxolo loxhasa ngemali intengo yomhlobo wabo. Ke khumbula nje, xa uthandaza ngokholo, usazi ukuba wamkela xa uthandaza, kusekho ixesha phakathi kuka“Amen” kunye no “Natso ke.” Ke hlala womelele kwaye ube nomonde.

Hlala Uqinile Elukholwenu Lwakho

Umonde ke mawube nomsebenzi ozalisekileyo, ukuze nibe ngabazalisekileyo, abagqibeleleyo ningasweli nto.

—Yakobi 1:4 (KJV)

Yiyo loo nto ndicebisa abantu ukuba babhale umhla kunye nexesha abalukhulu ngalo ukholo lwabo, kuba kufuneka bame.

Xa intombi yam yayijongene nethumba elizipound eziyi 13 esuswini sayo, yadinwa kukunyamezela imiba yezempilo elaliy-ibangela: usulelo oluqhubekayo kwizintso zakhe, iintlungu eziqhubekayo emqolo kunye nemiba yokwetyisa. Wagqiba kwelokuba kwanele, wagqiba kwelokuba athathe iintsuku eziyi 30 ecamngca ngeLizwi likaThixo nezithembiso zikaThixo eziphathelele nokuphiliswa. Ekupheleni kwelo xesha lonyaka, wacela mna nomama wakhe ukuba simbeke izandla njengoko wayekhohlelwa ukuba uphilisiwe. Ngoko ke abadala becawe yethu kunye nomama wakhe kunye nam sambeka izandla sakholelwa ukuba uphilisiwe ngokukaYakobi 5:14-16.

Kukho mntu na ufayo phakathi kwenu? Makabizele kuye amadoda amakhulu alo bandla, athandaze wona phezu kwakhe, akuba emthambisile ngeoli egameni leNkosi; wothi umthandazo wokholo umsindise lowo uleleyo; iNkosi imvuse; nokuba ubethe wenza izono, wozixolelwa. Xelelanani iziphoso, nithandazelane, ukuze niphiliswe. Sinamandla kakhulu isikhungo selungisa, siyeyisa.

—Yakobi 5:14-16

Wagoduka ngobo busuku kwangaloo ndlela awayeze engayo; ithuba lalisekhona. Kodwa wathi, “Ndiphile.” Wabambelela kwisivumo sakhe kangangeeveki ezimbini kungekho tshintsho, nangona wayekweyona ntlungu imbi awakhe wayifumana. Wandixelelela ukuba kwesasithuba seeveki ezimbini esezintlungwini, waxelela uSathana ukuba, “Ungazama ukundilimaza, kodwa ndiphilile.”

Iiveki ezimbini kamva, waya kulala elo thumba lisekhona, kodwa wavuka ephile ngokupheleleyo. Kusuke iipound eziyi 13 kunye nee intshi eziyi 9 esinqeni sakhe njengoko wayelele, kwaye umqolo wakhe, owawunamaqhina kwaye ujijekile, waphinda wenziwa umqolo olungileyo.

Wakuba usithembile isithembiso, ungavumeli uSathana ukuba akulahlekise ekuphilisweni kwakho okanye nakwesiphi na isithembiso uThixo akunike sona.

UChristine weza ecaweni yethu engenamvelaphi yecawe. UChristine wayenxiba izixhobo zokuva ezimbini kangangeminyaka kwaye wayephulukene noninzi lokuva kwakhe ngelo xesha. Unina wayenesifo esifanayo kwaye wayephantse abe sisithulu.

Xa uChristine wayesiza ecaweni yethu, wanikela intliziyo yakhe eNkosini, kwaye uThixo wabuguqula kakhulu ubomi bakhe.

Wayenemincili kwaye efuna ukufunda okuninzi kangangoko wayenako ngoBukumkani bukaThixo. Sineklasi yoqhelaniso yamakholwa yabo bafikayo ecaweni, kwaye uChristine wayekulangazelela ukuya. Iiklasi zazithetha ngezihloko ezahlukeneyo, kodwa kwenzekile nje ukuba iklasi uChristine wayeye kuyo yayingokuphilisa.

Ekupheleni kweseshoni, iinkokeli zathandazela abo babedinga impiliso. UChristine wayenemincili njengoko wayesiya phambili ukuze athandazelwe. Kwathi xa ethandazelwa, ngequbuliso iindlebe zakhe zavuleka. Okwesihlandlo sokuqala, wayekwazi ukuva kakuhle.

Xa wayephuma enkonzweni ngala mini, ndaziva ndikhokelwa ukuba ndimlunkise ngento endiyibiza luhlaselo lukaSathana. Ngokuqinisekileyo, wathi ngentsasa elandelayo, ngequbuliso,

**KWAKHONA, UKUMA
NGOKUQINILEYO KWILIZWI
LIKATHIXO SISITSHIXO
SENKELULEKO YAKHO.**

iindlebe zakhe zavuleka, kwaye wahendeka ukuba akhathazeke. Kodwa ndamxelela ukuba le nto yayizakwenzeka, kwaye xa isenzeka, kwakufuneka abhengeze ukuba uphilile kwaye amkhal-

imele uSathana. Ke, wayenza le nto ndandimxelele ukuba ayenze. Waqalisa ukudumisa uThixo waza wabhengeza ukuba uphilile njengoko wabophelela utshaba. Kwimizuzu embalwa, iindlebe zakhe zavuleka kwaye zavuleka ukusukela ngoko, kwakumalunga neminyaka emine eyadlulayo.

Kwakhona, ukuma ngokuqinileyo kwiLizwi likaThixo sisitshixo senkeluleko yakho.

Ndiza kuyitsho Kwakhona—Yiba Ngqo

Malunga nokukhulula ukhoho lwakho, mandikukhumbuze kwakhona ukuba ube ngqo! Eli bali kuxa uThixo wayendibonisa ngokwenene ukubaluleka kwamazwi am. Ndilibalise iminyaka, linamandla namhlanje njengoko lalinamandla ukwenzeka kwalo.

Yayilixesha eliqhelekileyo lamaxhama kwaye ndandikulungele ukuphuma ndiye emahlathini njengoko izinto zazixakeke kakhulu. Kulo nyaka uthile, ndandihlwayele iinkunzi ezimbini, inkunzi enye enephondo elahlukene kane okanye eliinempndo ezinkulu kwaye inkunzi yesibini ibe nephondo elingathi liqhosha. Mna noDrenda sahlwayela imbewu sivumelana nangokhoho. Ndaphuma ekuzingeleni kokuqala kusasa kungeka khanyi. Njengoko isibhakabhaka sasisiya sibapink ndayifumana inkunzi yam enephondo elahlukene kasibhozo. Ixesha lilonke emthini wam yayiyimizuzu eyi 15! Yenza imincili! Ndiye ndaphuma emva kweeveki ezimbini ukuya kuthatha inkunzi yam enephondo elingathi liqhosha, ndandizithembile kakhulu. Kwakhona, ndaphuma ekuseni, kwaye malunga nemizuzu eyi 20 iqalile intseni, ndabona inkunzi enephondo elahlukene kasibhozo malunga neeyadi eziyi 300 isiya ngqo emthini wam.

EOhio, unokuvuna kuphela inkunzi enephondo enye. Ixhama lesibini kufuneka libe lithokazi okanye inkunzi enephondo elingathi liqhosha. Inkunzi enephondo elingathi liqhosha ibala njengethokazi kuba iimpondo zincinci kakhulu awukwazi ukuzibona kumgama omde. Ke xa ndibona inkunzi inqumla entsimini, ndacinga ukuba iza kujika phambi kokuba ifike emthini wam kodwa ayizange. Yeza ngqo emthini wam yema phantsi kweqonga lam malunga nemizuzu eyi 20. Ekuphela kwento endandinokuyenza kukubukela njengoko yayingekho semthethweni. Emva kokuma apho loo

mizuzu eyi 20, ngequbuliso yaqalisa ukuhamba ibuyela emva kula ndlela yayize ngayo. Ngokumangalisayo, yahamba kwa ezo yadi ziyi 300 iqumla kulo ntsimi kwaye wanyamalala. Ndandothukile kwaye ndibhidekile.

Ngoku, andizange ndibenexhama lize phantsi kweqonga lam lomthi elalingeloxhama kanye endandilhlwayele imbewu yam. Ndandibhidekile ndaza ndaqala ukuthandaza eMoyeni njengoko ndandihamba ndibuyela endlini. “Nkosi, bekutheni ipha la nkunzi?” Ngequbuliso, ndeva uMoya oyiNgcwele esithi, “Jonga imbewu yakho.” Ndijonge imbewu yam? Ndiyayazi into endiyihlwayele yona. Nangona kunjalo, ibhanki endiyisebenzisayo ithumela iikopi zeetsheki ezirhoxisiweyo kunye nezistatement zenyanga. Ndakhawuleza ndathatha istatement sam ndayifumana itsheki yam. Ezantsi kwetsheki, ndandibhale, iinkunzi ezimbini, inkunzi enephondo elahlukene kane okanye enkulu, nenkunzi enephondo elingathi liqhosha. Ngamaxhama amangaphi lawo? Into endandiyithetha kukuba ndandikholelwa kwiinkunzi ezimbini, enye enephondo elahlukene kane okanye enkulu kunye nenye enephondo elingathi liqhosha. Indlela endayibhala ngayo ke, yayibonisa ukuba ndandihlwayela iinkunzi ezimbini ezinamaphondo ahlukene kane okanye enkulu kunye nenkunzi enephondo elingathi liqhosha. Ndahlala apho ndimangazekile. La nkunzi yesibini yeza kuba ndandihlwayele imbewu yayo. Yiyo loo nto yanqumla entsimini yema phantsi komthi wam. Kwakufanele ukuba ibekhona.

Xa ndibona loo nto, ndaqalisa ukukhwaza ndibaleka endlini. Ndandinemincili, kodwa kwangaxeshanye, yayindoyikisa. Kukan-gaphi ndithetha izinto endandingafuni ukuba zenzeke nyani kodwa ndenza intshukumo yazo ngamazwi am? Le nto ngokuqinisekileyo yenza uYakobi 3:3-4 waphila.

Yabona, sifaka imikhala emilonyeni yamahashe, ukuba asithambeke, siwajike umzimba wawo uphela. Yabona, nayo imikhombe, imikhulu kangaka nje, iqhutywa nje yimimoya enamandla, ijikwa ngomthi wokujika omncinanana, iye apho sukuba umlawuli angxamele ukuba ingaya ngakhona.

—Yakobi 3:3-4

UYakobi uthetha ngendlela anamandla ngayo amazwi ethu. Kucacile ukuba amazwi athetha into enye ngelixa sifuna ukubona enye into, siya kufumana ubomi bethu bumoshakele kwaye singazi ukuba sifike njani apho.

Ke khumbula, uBukumkani buthe ngqo, kwaye amazwi akho achaza ngqo apho uya khona kunye nendlela ofika ngayo khona!

Ukubaluleka Kwesivumelwano

Sisathetha ngokukhulula imbewu yakho xa uselukholweni, kwaye nantsi into ekufuneka uyikhumbule. Ukuba utshatile, vumelana nomlingani wakho. Ukuba awunaye umlingani, ndiza kuthetha ngalo nto emzuzwini, kodwa masithi utshatile. Kwakhona, hlala uvumelane nomlingani wakho.

Ekuqaleni emtshatweni wam ndandicaphukela ukucela uDrenda ukuba avumelane nam ngokuzingela kwam. Isizathu yayikukuba ukuba ndithethe ngokuya kuzingela, ndandisazi ukuba angathetha into ngenkunkuma ekufuneka ikhutshiwe, ibhalbhu yesibane ekufuneka itshintshiwe, okanye ulushu lwezinye izinto ekufuneka zenziwe. Ngoku oku kuxa ndandingekakhuli kwaye ndizicingela ndodwa. Wayehleli nabantwana imini yonke, kodwa umzuzu ndifika ekhaya ndandifuna ukuphuma ndiye emahlathini.

Andiqondi ukuba uThixo uyakusikelela eso simo sengqondo. Ewe, ndandizicingela ndodwa. Phambi kokuba ndifunde ukuzingela

**KWAKUFUNEKA NDIFUNDE
UKUBA NJENGENDODA
NOMFAZI SASIBANYE
NGOKOMOYA KWAYE
KWAKUNGEKHO
NTO INAMANDLA
NJENGAXA SASIDIBENI
NGESIVUMELWANO
SOBABINI.**

ngokholo, ndandichitha iintsuku ndizingela ngaphandle kwempumelelo. Akumangalisi ukuba wayeloyika ixesha lokuzingela.

Kodwa ndafunda ukumbeka phambili. Kwakufuneka ndifunde ukuba sikule nto kunye kwaye siyadingana. Njengokuba ndaqala ukubeka iimfuno zakhe kuqala, wayekulungele ukuvumelana nam ngamaxhama. Kodwa wayevuya ngakumbi xa endibona ndiphumelela ekuzingeleni kwam

amaxhama. Kwakufuneka ndifunde ukuba njengendoda nomfazi sasibanye ngokomoya kwaye kwakungekho nto inamandla njengaxa sasidibeni ngesivumelwano sobabini. Yayingekho nje ngokuzingela kwam. Ndiye ndafumanisa ukuba ukuba sihamba kunye simanyene, kwakusebenza kuzo zonke iindawo zobomi.

Ngokunjalo, nina madoda, hlalani nabo ngokokwazi, nimbeka umfazi, njengesona sitya seethe-ethe, njengeendlalifa kunye nani zobabalo lobomi ukuze imithandazo yenu ingathinteleki.

—1 Petros 3:7

Qaphelani, madoda ukuba anazi abafazi benu, imithandazo yenu iya kuthinteleka! Ukwazi kuthetha ukuba umbona njengomlingani, njengoko umnye naye kwisigqibo ngasinye. Ewe, ngokomoya,

indoda yintloko yomtshato kodwa ingekuko njengozwilakhe kodwa njengomkhonzi, enikela ubomi bakhe ngenxa yakhe kwaye embeka.

Kungathini Ukuba Umlingani Wakho Akalokholwa?

Ndifumana ii imeyile zindibuza ukuba abantu mabathini xa betshate nomlingani ongafuni ukukhonza iNkosi. Bangavumelana njani? Ukuqonda kwakho isivumelwano kuphosakele. Masithi utshate nendoda engayikhonziyo iNkosi. Nobabini, ke, nivumelane ukuba nidinga imoto. Uyazi ntoni? Niyavumelana! Ukuba nobabini niyavumelana ukuba nidinga ukutya kwasendlini, ngoko niyavumelana. IBhayibhile icace gca ukuba, ukuba nje omnye womanyano ukholelwa kwiLizwi likaThixo, ngoko uBukumkani bunolawulo olusemthethweni lokusebenza kusapho!

Kuba indoda leyo ingakholiweyo ingcwalisiwe nguye umfazi, nomfazi lowo ungakholiweyo ungcwalisiwe yiyo indoda; okanye abantwana benu ngebeba baziinqambi; kungoku ke bangcwele.

—1 KwabaseKorinte 7:14

Andikholelwa ukuba le nto ithetha ukuba umlingani ongakholwayo usindiswe lukholo lomlingani wakhe. Ndikholelwa ukuba umntu ngamnye kufuneka abize igama likaYesu ngokobuqu. Nangona kunjalo, ndikholelwa ukuba, ukuba umlingani omnye ukholelwa kwiLizwi likaThixo, ukholo lwabo lungcwalisa okanye luzisa usapho lonke phantsi kwentsikelelo yoBukumkani. Ngoku ngokucacileyo, ukutshata nomlingani okholwayo kungcono. Kwaye iBhayibhile icacile ekukhuthazeni umlingani okholwayo

ngenyaniso yokuba ukholo lwabo lunokuphumelela umlingani wakhe ongakholwayo eBukumkanini.

Ukuba awutshatanga, awudingi ukufumana omnye umntu ukuze avumelana nawe emthandazweni. Wena kholwa nje ILizwi ngokwakho kwaye ubukele uBukumkani busebenza!

Ngelixa sikwisihloko sokholo, ndingathanda ukuxoxa kwisahluko esilandelayo mhlawumbi omnye wemibuzo eqhelekileyo endibuzwa ngayo ngokuhlwayela kunye nempazamo eyenziwa ngabantu abaninzi.

ISAHLUKO 7

ISILUMKISO: HLALA KUKHOLO LWAKHO OLUPHUHLILEYO

“Ndiza kubamba *imarlin* ezipound-eziyi 900.” Yayingamazwi athethwa ngomnye wabalingani bam owayezakuya kuhambo oluya eMaui, Hawaii, neofisi yam. Yayiluhambo oluhlawulelwe zonke iindleko esiluphumeleleyo ngemveliso yethu yomnye wabathengisi bethu. Ngaphambi kokuba sihambe siye eMaui, sobathathu sagqiba kwelokuba siyakuloba *iblue marlin*, njengoko ingeyomfihlo into yokuba iMaui yaziwa ngokuba yikomkhulu ye*blue marlin* yehlabathi. Sasithetha ngokholo iinyanga phambi kwesi siganeko, kwaye ndandifundisa amadoda ukuba lusebenza njani. UDon wayemtsha kwihlabathi lokholo, ndikhumbula ndicinga ukuba eli yayilithuba elihle lokuba aphume aze azibonele ngokwakhe umsebenzi woBukumkani. Ndathi kuye, “Hee Don, “uyazi ukuba kunokwenzeka ukuba wazi, ngaphandle kwamathandabuzo ukuba uya kubamba *iblue marlin* eHawaii?” Loo mazwi atsala ingqalelo yakhe, kwaye sachitha iiyure ezininzi sixoxa ngokholo ngaphambi

kokuba siye eMaui. UDon wahlwayela imbewu yakhe kanye njengoko ndandimfundisile kwaye wayenemincili yokulandela iphupha lakhe, *iblue marlin*.

Omnye umlingani wam yayililungu lecawe yam, wayesele eyiqonda kakuhle indlela olusebenza ngayo ukholo, kwaye wayes-
embonile uThixo esenza izinto ezimangalisayo ebomini bakhe.

Wahlwayela nembewu yakhe ekubambeni *imarlin*, hayi nje nayiphi na *imarlin* kodwa eyizipound eziyi 900. Ndikhumbula ndicinga, “Wowu, yintlanzi enkulu leyo!” Ndandinexhala ngobukhulu obuthe ngqo umhlobo wam awayehlwayela bona, kodwa andizange ndithethe nto ngayo kuye ngelo xesha.

UDon, kwelinye icala, akazange ahlwayele nabuphi na ubukhulu bentlanzi. Ke, ukwenza ibali elide libe lifutshane, uDon wabamba *iblue marlin* eyizipound eziyi 167, kodwa omnye umlingani wam akazange ayibambe *imarlin* kwaphela. Kwakutheni ukuze uDon abambise *imarlin* yakhe kodwa omnye umlingani wam akabambisa? Lo ngumbuzo omhle, kwaye uninzi lwabantu, nkqu namaKristu amaninzi, angothuka nje ngokubuza. Banokuhleka bathi, “Ukuloba ngamanye amaxesha ngumcimbi wokuba ubambe ngamanye amaxesha ungabambi.” Kodwa ndifunde ukuba uBukumkani buthe ngqo kwaye buthembakele.

Ke kaloku kuthe, ekubeni zimxinile izihlwele, ziza kuva ilizwi likaThixo, wesuka wema ngasedikeni laseGenesarete. Wabona imikhombe emibini imi ngasedikeni apho; babe ke ababambisi beentlanzi bephumile kuyo, behlamba iminatha yabo. Wathi ke, engine komnye umkhombe, owawungokaSimon, wamcela ukuba akhe akhwelelise kancinane emhlabeni; waza, ehleli phantsi, wamana ezifundisa izihlwele.

Uthe akugqiba ukuthetha, wathi kuSimon, “Yifake kumanzi amanzulu, uhlise iminatha, ubambise.”

Waphendula uSimon wathi kuye, “Mongameli, sibulaleke ubusuku buphela, asabamba nento; kodwa ngelakho ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatha.”

Bathi, bakukwenza oko, bavingcela inkitha enkulu yeentlanzi; wawuqhaqheka ke umnatha wabo. Bakhoba amahlulelana abo, abekomnye umkhombe, ukuba eze kuncedisana nabo.

Beza, bayizalisa imikhombe yomibini, yada yafuna ukutshona.

Uthe ke akukubona oko uSimon Petros, wawa emadolweni kaYesu, esithi, “Mka kum, ngokuba ndiyindoda engumoni, Nkosi!” kuba wathi makatha, kwanabo bonke ababenaye, ngobanjiso lweentlanzi ezo bazibambisayo. Baba kwanjalo ke noYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, ababengamadlelane noSimon.

—ULuka 5:1-10

UPetros wafumanisa indlela entsha yokuloba, kanye njengam nokuzingela amaxhama. Wayezamile ukuloba kodwa akabambisa ntlanzi de uYesu wamxelela ukuba alobe phi, kumanzi anzulu. Apho wabambisa iintlanzi ezininzi kangangokuba imikhombe yabo yafuna ukutshona! “Nabani na angabamba iintlanzi xa uYesu ekubonisa phi nokuba ulobe njani.”

Ke ngokubhekisele kumhlobo wam ongazange abambe *imarlin*, ewe, yinyani ukuba zonke izinto zinokwenzeka kuwe ngoThixo. Kodwa ukuba uhlwayele imbewu ukholelwa ukuba uya kubamba

iblu marlin ebhafini yakho, uyazi ukuba loo nto ayinakusebenza. Ngoku, ukuba ubufuna ukubamba *iblu marlin*, unokuhlwayela imbewu, kwaye uMoya oyiNgcwele uya kukukhokelela apho uya kuyibamba-elwandle, ngokuqinisekileyo, kodwa phi elwandle?

Khumbula le nto: Isivuno ngasinye sinendawo eyodwa kunye nexesha lokuvuna! Ukuba ubufuna ukuhlwayela irekhodi lehlabathi le *blue marlin*, ubungasoze uthi nje, “Ndiza kuya elwandle.” Bekuya kufuneka uye kwindawo ethile elwandle. Ngoba? Ii*Blue marlin* ziyafuduka kwaye zineendlela ezithile ezizithatha minyaka le. Ukubamba *iblu marlin* ezipound eziyi 900 nako kunqabile. Umzekelo, i*Emerald Coast Blue Marlin fishing tournament* eMiramar, Florida, sele iqhuba iminyaka eyi 17. Eyona *blue marlin* inkulu eyakhe yabanjwa ngelo xesha yayizipound eziyi 899.

Kwakunokwenzeka ukubamba *iblu marlin* ezipound eziyi 900 kolo hambo oluya eMaui? Kunokwenzeka, kuba eyona *blue marlin* inkulu eyabanjwa eHawaii yayizipound eziyi 1,375, kodwa bhala le nto phantsi.

Okukhona into ithe ngqo okanye iyodwa into yokholo lwakho, kokukhona kubalukeke ngakumbi ukuthathela ingqalelo indawo, indlela yokwenza kunye nexesha.

Ukapteni wesikhephe ngaloo mini eMaui wasixelela ukuba ii*blue marlin* azikafiki. Wayenezikhephe ezimbini ezaziphuma iiyure ezisibhozo ngosuku kwiinyanga ezine ezingaphambili kodwa zabamba *imarlin* enye enemigca. I*blu marlin* zazizakufika kamva enyangeni. Ngokuqinisekileyo, sabamba eyokuqala yexesha le*marlin*. Kodwa xa umhlobo wam wenza imbewu yakhe ibe ngqo ngakumbi, kwaye ngakumbi ebekwe kw*imarlin* yenqanaba lencwadi yerekhodi, kokukhona ibaluleke kakhulu indawo kunye nexesha kwisivuno. Mna ngokobuqu ndikholelwa ukuba yayingekho *imarlin* enobukulu

bokwaphula irekhodi kula ndawo ngela xesha. Kufuneka siqonde ukuba kungenzeka ukuba umhlobo wam wayengekho elukholweni lwentlanzi enkulu. Kodwa ukuba uzimisele ngokwenene ukubamba *imarlin ezipound* eziyi 900, ngoko ndiyazi ukuba uhlwayela imbewu yakhe aze amamele uMoya oyiNgcwele ngokubhekisele kwindawo, kwaye amamele ixesha elichanekileyo, uya kuyifumana *iblue marlin* yakhe *ezipound* eziyi 900.

Indawo kunye Nexesha Zibalulekile

Ukungqaleka kwindawo kunye nexesha lokuvuna kubaluleke kanye njengembewu ethe ngqo oyihlwayelayo. Uyibone le nto isenzeka xa ndisenza umfuniselo wenkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe. Kwakufuneka ndilinde de ndibe nentambiso ukuze ndiphume; kwaye kulo meko, ndalinda ngaphezu kwenyanga ngexesha lokuzingela. Ngoba? Kungenzeka ukuba inkunzi enephondo elahlukene kasixhenxe yayingekho kumhlaba wam ngelo xesha okanye mhlawumbi ezinye izinto ezinokuthi zibe ngumqobo kwimpumelelo yam zazikho, njengemozulu kunye necala umoya wawusiya kulo.

UMoya oyiNgcwele wawulazi ixesha lokuvuna, kwaye wandibeka kwiqonga elifanelekileyo, ngemini efanelekileyo, ngexesha elifanelekileyo lokuvuna kanye elo xhama kanye.

Ndiva kwaye ndiyibona le mpazamo rhoqo. “Ke, Gary, ukuba uBukumkani buzisa amaxhama njengokuba usitsho, kutheni ungaphuma uyo kubulala inkunzi eza kubamba irekhodi yehlabathi?” kulungile, umbuzo omhle, kwaye kufuneka siwuphendule. Loo ngxelo ifana neimeyile endizifumana kubantu abafuna ukuhlawula imali mboleko yendlu ye\$500,000 kwaye badixelele

ukuba bahlwayele imbewu ukuze ihlawulwe ngeentsuku ezisixhenxe. Xa ingaveli ngeentsuku ezisixhenxe, bayatyhafa kwaye bandibuze ukuba kutheni imali ingavelanga. Omnye umbuzo oqhelekileyo endiwuvayo kukuba, kutheni ndingenakuhlwayela nje imbewu kwaye ndiphumelele ilothoni?”

Kulungile, masithethe ngombuzo wenkunzi eyophula irekhodi yehlabathi. Ewe, ndikholelwa ukuba ndingayibulala

**MANDIYITHEHE LE NTO
KWAKHONA-NDICINGA
UKUBA UTINGA UKUYIVA
KWAKHONA-UTHIXO
UNESICWANGCISO SAKHO!**

inkunzi yerekhodi ukuba yinto endiyithandayo, into engeyiyo. Ndindla ngokuzingelela inyama, kwaye andinankuthazo yokuba ndilandele inkunzi yerekhodi. Esinye sezizathu ezibangela ukuba ndingabinankuthazo yokulandela lo rekhodi yehlabathi kungenxa

yento endisanda ukucacisela yona, awuyi kubamba umnenga ebhafini yakho. Inkunzi eyaphula irekhodi yehlabathi ayikho emhlabeni wam. Ukuba bendizimisele ngenene ngokuvuna loo nkunzi, ngoko ndiyazi ukuba bekuya kufuneka ndiye kwenye indawo ndiyokuzingela. Kunokufuneka ndifunde amaqhinga amatsha njengoko iinkunzi ezophula iirekhodi zihlala ebusuku kwaye zinemikhwa yazo eyahlukileyo. Kuya kufuneka ndenze uphando oluninzi nokuthandazela ukufumana indawo apho eso silwanyana sinokufunyanwa khona. Kodwa andifuni ukuzenzela umsebenzi omninzi. Ndiyakuthanda ukuzingela emahlathini am. Ndiyakuthanda ukuphuma kwaye ndifumane ixhama elityebileyo ekuthuthuzelekeni kwehlathi lam. Kodwa ukuphendula umbuzo wakho, Ndikholelwa ukuba umntu unokukholelwa kuThixo ngeloo xhama, kodwa khumbula into endiyithethileyo. Okukhona

sikhethekileyo kwaye singqalile isivuno, kokukhona ibaluleke ngakambi indawo, ixesha, kunye nendlela.

Ngokuqhelekileyo, xa ndifumana iimeyile kumntu endibuza ukuba kutheni isigidi seedola singaveli ngeentsuku ezintlanu, ndiyaqonda mhlawumbi, hayi lonke ixesha, ndithetha nomntu ongafundanga umahluko phakathi kokuba selukholweni nokuba nekratshi.

Kufana ne imeyile endayifumana ngenye imini isithi baza kuhlwayela imbewu yezigidi ezilishumi zeedola ngeentsuku eziyi 30 ngelo xesha bengenakutya, bengahlawulanga nerenti iinyanga ezintathu, kwaye bengasebenzi. Babengaphandle kokholo lwabo oluphuhlileyo.

Ke, Gary, uti uThixo akanako ukunika umntu ishumi lezigidi zeedola? Ngokuqinisekileyo, unako. Zonke izinto zinokwenzeka ngoThixo. Umbuzo ayikukuba “Unako na?” kodwa “Ngaba ngokwenene unalo ukholo ngaloo nto?” ukuba ukholo lwakho alukwazi ukuzisa ukutya okudingayo, ndiyathandabuza ukuba ungafika apho! Kufuneka uqale apho ukhoyo kwaye uqalise ukufunda indlela olusebenza ngayo ukholo kwaye wandise amandla akho okulawula ngaphezu kokuba ulawula ngoku.

Ungakholelwa ukuze uphumelele ilotho?

Uthini ngelotho?

Wowu, masiqhubeke singene kuyo le. Ezo *jackpot* ze*Powerball* ziye zaba nkulu ngokwenene kule minyaka imbalwa idlulileyo. Ndiyakhumbula ukuba kulo nyaka uphelileyo ifikelele phantse kwibhiliyoni enye yeedola! Andizange ndithenge itikiti lelotho ebomini bam, kodwa ngeli xesha, xa yayiyibhiliyoni enye,

abambalwa bethu eofisini sathi, “Masithenge amatikiti ambalwa.” Zange ndicinge kangako ngayo, ndiye ndacinga ukuba ndifake iidola ezimbalwa. Ndandiwazi amathuba—ndandingabeki intembelo yam ekuphumeleleni—kodwa ndicinga ukuba ndingafaka imali yam embizeni. Wonke umntu wayesithi, “Umntu kufuneka ayiphumelele.” Ndicinga ukuba xa umntu ephumelele ibhiliyoni enye yeedola, ndandingafuni ukucinga ukuba ndiphoswe kukuba nedola ekuyifumaneni. Ke, ndinentloni ukuthi nam ndathatheka.

Ngobo busuku, iNkosi yathetha nam ephupheni ngayo. Yathi nje ephupheni lam, “Zonke izithembiso zam zezakho!” “Ewe, Mhlekaazi, ndikuva ngokucacileyo,” ndatsho. “” Ndiyaqonda.” Ewe, wandilungisa, kodwa wandikhuthaza. Wandazisa ukuba andiyidingi loo lotho, kwaye ukuba ndifuna ibhiliyoni yeedola, uya kundinika xa ndiyidinga. Ndinezithembiso ezingaphezu kwe 7,000 endinebango elisemthethweni kuzo kwaye zingaphezu kokwaneleyo!

Ngoku, ukubuyela ekuphenduleni laa mbuzo wokuhlwayela ukuze uphumelele ilotho okanye naluphi na ukhuphiswano; awunalo ulawulo phezu kwayo. Ndingahlwayela ixhama kuba amaxhama aphantsi kolawulo lomntu. Ndinolawulo olusemthethweni phezu kwawo. Kodwa andinalawulo phezu kwelotho; ngumdlalo wethuba.

Ubona Njani Ukuba Uselukholweni

Ukufunda ukubona ukuba uselukholweni kuya kukunceda xa usenza izigqibo kwaye kukuncede uqonde ukuba ungenzi isigqibo ukuba unoloyiko. Khumbula, ukholo lunentembelo, lunolindelo, kwaye luzele uxolo. Intembelo yinto endandingenayo xa ndandiqala ukuvuna indebe yam yokuqala yexhama. Ndandingekho elukholweni. Uyakwazi ukubona xa uselukholweni? Ndiyathemba njalo.

Njengoko usazi, mna noDrenda sinehektare eziyi 60 ezintle ezingumxube wamahlathi, umgxobhozo, kunye nengca. Yindawo egqibeleleyo yokuzingela amaxhama. Kukho izityalo ezityalwe macala onke emhlabeni wethu, kwaye amahlathi kunye nomgxobhozo ngumazibuthe wendalo wamaxhama. Ndakhe iofisi yam phezu kwegaraji yethu ngeeshelufa zeencwadi ezenziwe ngamaplanga kunye nendawo yomlilo yegesi. Yiofisi ezolileyo, iofisi epholileyo engathi ngumqolomba wendoda, apho ndithanda ukusebenza khona. Eyona ekuphela kwento eyayingekho yayiyinkunzi entle ebekwe phezu kwedesika yam. Ukunyaniseka ngayo, andizange ndibe nomdla wokudubula iinkunzi ezinkulu njengoko ndandingumzingeli wenyama, andizange ndidubule inkunzi eyayinkulu ngokwaneleyo ukuba ixhonywe. Kodwa ngokuya ndicinga ngayo, ndavumelana noDrenda, kuba yayinguye owayenyanzelisa ukuba ndidubule inkunzi enkulu yeofisi yam.

Sasihlala kulo mhlaba iminyaka emihlanu xa sasinale ngxoxo, kwaye andizange ndiyibone inkunzi enkulu emhlabeni wethu. Ndandiphume ngalo lonke ixesha lamaxhama kwaye ndidubule iinkunzi ezineempondo ezahlukene kasibhozo ezimbalwa ezintle kodwa akukho nanye endinokuthi ndicinge ngokuba ikwinqanaba lokuxhonywa. Kodwa ngaloo nyaka, ndaxelela uDrenda ukuba ndicinga ukuba ndizakudubula inkunzi enkulu yedonga. Kwakhona, andizange ndibone inkunzi enkulu ehlahini. Ifestile yethu yasekitshini ijonge emahlathini nasemasimini, kodwa, andizange ndiyibone.

Kodwa mna noDrenda sahlwayela inkunzi enephondo elahlukene kalishumi okanye enkulu kunoko. Sathandazela imbewu, ndayibeka phezu kwedesika yam ukuze ndiyithumele. La mvulophu yahlala apho iintsuku ezintathu, ndandingakwazi

ukuyithumela. Ndandisazi ukuba andinalo ukholo lwaloo nkunzi enephondo elahlukene kalishumi.

**SELE IBOBAKHO, SIHLOBO
SAM, UBUKUMKANI
BONKE. UTHIXO
AKANAKONGEZELELA NTO
KWINTO ASELE EKUNIKE
YONA. SELE UNAYO YONKE!**

Ndandinokholo lwenkunzi enephondo elahlukene kasibhozo, enephondo elahlukene kasithandathu, okanye inkunzi enephondo elahlukene kasithandathu lonke ixesha. Kodwa ndandinengxaki yokubona laa nkunzi inkulu ngesasiqinisekiso sokholo esithi,

“Ndiyazi ukuba ndiza kudubula inkunzi enephondo elahlukene kalishumi okanye inkunzi enkulu xa ndiphuma.” Ndandinamava awoneleyo ngoBukumkani ukuba ndazi ukuba ndandingekho elukholweni. Ndayikrazula loo tsheki, ndayitshisela ngetsheki ethi, “yenkunzi enephondo elahlukene kane okanye enkulu,” kwaye ndayithumela.

Ngobusuku bangaphambi kokuba ndiphume, ndamxelela uDrenda into endiyenzileyo. “Ndandingenaloo ukholo lwala nkunzi inkulu,” ndamxelela. Wandijonga wathi, “Unokholo lwexhama, mna ndiza kuba nokholo lwenkunzi yendebe. UThixo uyakwazi ukwenza ngaphezu kwako konke okucelayo okanye okucingayo!”

Intsasa yavulwa ngokurhashaza okuqhelekileyo koonomatse kunye neentaka ehlathini njengoko ivumba lamagqabi ekwindla landibuyisela engqondweni yam ekuzingeleni amaxhama amaninzi. Ndandingahlelanga ixesha elide, mhlawumbi imizuzu eyi 20, ndeva isandi senkunzi isiza idlula ehlathini. Inkunzi yayisiza ngqo emthini wam, ndazilungiselela ukudubula. Njengoko inkunzi yayisiya isondela, ndabona ukuba inkunzi yayinephondo

elahlukene kane, kanye le nto ndidla ngokuyiyela njengoko ityeka kamnandi. Inkunzi yangena kwindawo evulekileyo emalunga neeyadi eziyi 25, ndaluyeka utolo lwahama. Ndisonyanya, ndabona utolo lubetha phezulu nangasemva, kwaye ndaqonda ukuba kuya kufuneka ndiyilandele le. Inkunzi yemka ngehlathi yaza emva koko yatsibela kwintsimi yombona eyayisecaleni kwamahlathi kwaye ayabonakala. Ndandisayiva ibaleka kumbona kwaye ndandiyazi indlela eyayibaleka ngamandla ngayo ukuba ndinomsebenzi omde wokulandela umkhondo phambi kwam.

Ndalinda kwiqonga lomthi malunga nemizuzu eyi 20 ndaza ndagqiba kwelokuba ndihle ndiphume emthini ndiye kuhlola utolo. Ngokuqinisekileyo ndandibona ukuba ndiyibethile inkunzi, kwaye ndabona umkhondo wegazi. Njengoko ndandilandela umkhondo wegazi, ndakhuthazeka njengoko kwakukho umkhondo omhle wegazi. Kodwa emva kweeyadi eziyi 100, umkhondo wegazi woma. Ndajonga ndajonga andafumana elinye ithontsi. Emva kweeyure ezimbini ndijonga, ndaqonda ukuba inkunzi ayisekho. Ndadana. Okokuqala, andifuni ukulimaza ixhama kwaye ndiphulukane nalo; kwaye okwesibini ndandidane kukudubula kwam.

Njengoko ndandime apho kwintsimi yombono ndaqalisa ukuhamba ndiphindela indlini xa ndifumana ingcinga. *Ndisenalo ithuba. Ndinokufumana ixhama njengoko ndidlula kwintsimi yombona emva koko kwindawo yomgxobhozo.* Ndahlohla isaphetha sam. Njengoko ndandihamba ndichotha kwintsimi yombona, ngeqbuliso, ixhama latsiba labaleka phambi kwam. Lingazi ukuba ndiyintoni, ixhama lema lajonga ngasemva. Kuba ndandinxibe iimpahla ezindifihlayo, ixhama, endandilibona ukuba yinkunzi, lathandabuza kuba lalingakwazi ukundibona. Konke kwenzeke

ngokukhawuleza. Ndandibona iimpondo, nangona ndandin-gakwazi ukubona ukuba zinkulu kangakanani okanye lahlukene kangaphi na. Ndandisazi ukuba ndinomzuzwana wokwenza isigqibo ngenkunzi. Yayingapha ngokufikelela kwam okuqhelekileyo malunga neeyadi eziyi 55 kwaye ize ngecala kum. Ndakhawuleza ndaphakamisa isaphetha ndajongisa phezu komqolo wayo ndaliyeka lahamba itolo. Inkunzi yawa kwangoko njengoko itolo layibetha yaza yahlala ilele phantsi. Ndandothukile. Ngaba le nto yenzekile ngokwenene?

Njengoko ndandihamba ndisiya kwinkunzi, into yokuqala endayitshoyo, “Ukholo lukaDrenda!” Inkunzi yayinkulu! Ndabala iimpondo ezahlukene amashumi amabini anesithandathu, kwaye yayineempondo ezijonge phantsi. Andizange ndiyibone inkunzi enkulu kangaka nje ngale. Ke, ukuthi ndandineemincili awuniki lo mzuzu ubulungisa. Njengoko unokuqikelela, inkunzi ngoku iphezu kwedesika yam eofisini yam. Kodwa ndifuna ukuthetha ngeli xhama umzuzwana. Yafika njani okanye kwakutheni ukuze ivele?

Inkunzi enephondo elahlukene kane yavela kanye ngexesha elifanelekileyo nangona ndamosha xa ndidubula. Kodwa uDrenda wathi wayekholelwa ngenkunzi yendebe. Ngoku, wayekwimeko engcono kunam. Akawazingeli amaxhama, kwaye kuye, inkunzi yendebe kumele ukuba ilula njenge nkunzi enephondo elahlukene kane. Kuye ngamaxhama nje. Kuba engazingeli, wayengenamfanekiso uphikisayo wokuba ayinakwenzeka owayephikisana naye. Andizange ndiyibone inkunzi enkulu enephondo elahlukene kasibhozo emhlabeni wam, kodwa ukhoho lwakhe lalungasekelwanga kwinto ekhoyo okanye engekhooyo emhlabeni wethu. Wakholelwa ukuba uThixo unokuyizisa.

Ukuzingela kwenzeka ngexesha lokuzala kwamaxhama,

irut njengokuba ibizwa, kwaye iinkunzi zinokuhamba iimayile zikhangela amathokazi. Ngoko kuhlala kukho ithuba elihle lokuba uza kubona iinkunzi ongaqhelanga ukuzibona emhlabeni wakho kwirut, njengoko kwenzekayo apha.

Ukusebenzisana Elukholweni

Ukholo lukaDrenda lazisa laa nkunzi nangona ndandingenalo ukholo lala nkunzi yendebe. Ndifuna ufunde le nto kwakhona. Ndandingenalo ukholo lala nkunzi yendebe! Ndiyayazi into oyicingayo. “Yima, Gary. Ndibhidekile. Ukuba wawungenalo ukholo lala nkunzi, ngoko kwakutheni ke ukuze ivele?” Mandikubonise.

Ke kaloku kuthe, ekubeni zimxinile izihlwele, ziza kuva ilizwi likaThixo, wesuka wema ngasedikeni laseGenesarete. Wabona imikhombe emibini imi ngasedikeni apho; babe ke ababambisi beentlanzi bephumile kuyo, behlamba iminatha yabo. Wathi ke, engine komnye umkhombe, owawungokaSimon, wamcela ukuba akhe akhwelelise kancinane emhlabeni; waza, ehleli phantsi, wamana ezifundisa izihlwele.

Uthe akugqiba ukuthetha, wathi kuSimon, “Yifake kumanzi amanzulu, uhlise iminatha, ubambise.”

Waphendula uSimon wathi kuye, “Mongameli, sibulaleke ubusuku buphela, asabamba nento; kodwa ngelakho ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatha.”

Bathi, bakukwenza oko, bavingcela inkitha enkulu yeentlanzi;

wawuqhaqheka ke umnatha wabo. Bakhoba amahlulelana abo, abekomnye umkhombe, ukuba eze kuncedisana nabo. Beza, bayizalisa imikhombe yomibini, yada yafuna ukutshona.

—ULuka 5:1-7

Ndiyayazi ukuba besisele silijongile eli bali ngaphambili, kodwa bendifuni ukubonisa into apha eza kuphendula umbuzo wehtu.

Bathi, bakukwenza oko, bavingcela inkitha enkulu yeentlanzi; wawuqhaqheka ke umnatha wabo. Bakhoba amahlulelana abo, abekomnye umkhombe, ukuba eze kuncedisana nabo. Beza, bayizalisa imikhombe yomibini, yada yafuna ukutshona.

Ndifuna ukukubuza umbuzo. UYakobi kunye noYohane basebenzisa ukholo olungakanani ukuze bazalise umkhombe wabo ngeentlanzi? Impendulo kukuba abazange basebenzise kholo! Ukuba uyakhumbula, umkhombe kaPetros, kunye nemikhombe kaYakobi nokaYohane yayisedikeni, kwaye babehlamba iminatha yabo xa wayefika uYesu.

**NDIHLALA NDISITHI
IIMFIHLO ZIKATHIXO
ZIFIHLELWE WENA, HAYI
KUWE! USATHANA UHLALA
EBUMNYAMENI AKAZAZI
IZICWANGCISO ZUKATHIXO.**

UYesu wacela uPetros ukuba asebenzise umkhombe wakhe ukuba ashumayele kuwo kwaye kamva wamxelela ukuba bayifake kumanzi amanzulu ukuza abambise iintlanzi. Isiphumo sasikukuba uPetros wabambisa iintlanzi ezininzi kangangokuba

iminatha yakhe yaqalisa ukukrazuka kwaye umkhombe wakhe wafuna ukutshona. UPetros wabiza omahlulelana bakhe ababese-dikeni ukuze baze bancedisa ukuzisa iintlanzi. Imikhombe yabo

yazala njengoko wenzayo okaPetros, yaza yaphuphumala. Umbuzo wam kuwe uthi, “UYakobi kunye noYohane basebenzisa ukholo olungakanani ukuze bazalise imikhombe yabo?” Impendulo kukuba abazange basebenzise ukholo. Ke kutheni imikhombe yabo yabambisa kanye njengokaPetros? Umbhalo uyawuphendula loo mbuzo; uthi babe ngomahlulelane.

Inkcazelo yomahlulelane kwi *Collins English Dictionary* ithi: “Umntu owabelana okanye onxulumene nomnye kwisenzo okanye inzame othile; odla ngokwabelana ngomngcipheko kunye neenzuzo.”

Intsebenziswano liziko elisemthethweni kwaye yabelana kumngcipheko, iindleko, kunye neenzuzo yeshishini. Ngoko ke xa ukholo lukaPetros lulandela uYesu, eneneni wayeboleka uYesu ishishini ngokusemthethweni, hayi nje umkhombe. Enyanisweni, uYakobi kunye noYohane babengabanini bomkhombe uPetros wawunika uYesu ukuze awusebenzise, kwaye ngenxa yalo nto, yomibini imikhombe yazala ngokufanayo. Ngoko ke lukholo lukabani olwazisa esosivuno? Ngokucacileyo, yayilukholo lukaPetros. Nguye owathi, “Mongameli, sibulaleke ubusuku buphela, asabamba nento; kodwa ngelakho ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatha.”

Ngoko uYakobi kunye noYohane bavuna kanye isivuno esifanayo nesikaPetros nangona bengazange basebenzise ukholo kule meko. Njengoko kwakunjalo ngoDrenda. Singomahlulelane, kwaye simnye. Ukholo lwakhe, ngokwalo, lwazisa la nkunzi ngala mini. Uyabona ukuba intsebenziswano ngumgaqo womoya onamadla, njengoko sibonile kweli bali. UPawulos wathetha ngalomgaqo wentsebenziswano kwincwadi yabaKwabaseFilipi.

Ndihlala ndibulela kuye uThixo wam, ekunikhumbuleni

kwam konke (ekukhungeni kwam konke ndikhunga ngenxa yenu nonke, ndivuyile), ngenxa yobudlelane benu obubhekisele kuzo iindaba ezilungileyo, kususela kwimini yokuqala kude kube ngoku; ekubeni ndikholose ngayo le nto, yokuba lowo wawuqalayo ngaphakathi kwenu umsebenzi olungileyo, wowufeza, ide ibe yiloo mini kaYesu Kristu.

Njengokuba ndilungisa ukucinga oko ngani nonke, ngenxa yokuba nikum entliziyweni, nithe, nasezintanjeni zam, naseziphenduleleni kwam, nasekuziqiniseni kwam iindaba ezilungileyo, naba ngamadlelana nam ngobabalo olu, nina nonke.

—KwabaseFilipi 1:3-7

UPawulos uthi uyalikhumbula ibandla laseFilipi ngovuyo ngenxa yobudlelane obuqhubekayo nobulungiseleli bakhe. Uyaqhubeka athi ngenxa yobudlelane babo, ngoku banesabelo kubabalo lukaThixo olukubulungiseleli bakhe. Ubabalo kukux-hotyiswa nguThixo okanye amandla kaThixo awayekuPawulos ukuze aphumeze isabelo sakhe.

Ibandla laseFilipi lalisabelana ngeendleko zesabelo, kwaye njengoYakobi kunye noYohane, nabo babelana ngentambiso kunye nozuko olwaluphezu kwesabelo. Masiye kwisahluko 4, kwaye siya kubona isiphumo esimangalisayo esiveliswa yintsebenziswano.

Noko ke natyapha ukuba nobudlelane nam ngembandezelo. Nani ke baseFilipi, niyazi ukuba, ekuqaleni kweendaba ezilungileyo ezi, xenikweni ndaphumayo kwelaseMakedoni, akubangakho nalinye ibandla eladlelana nam, ngokusingisele emcimbini wokunikela nowokwamkela, yaba nini nedwa. Ngokuba, naseTesalonika, kwaba kanye nakabini nithumela,

nindinceda ekusweleni kwam. Ingekuko ukuba ndibe ndifuna ukuphiwa; ikukuba ndibe ndifuna isiqhamo esandela emcimbini wenu. Ke ndinezinto zonke nje, ndityebile, ndihluthi, ndizamkele nje kuEpafrodito izinto ezavela kuni: ivumba elimnandi, umbingelelo owamkelekileyo, okholekileyo kakuhle kuye uThixo. Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko olukuKristu Yesu.

—KwabaseFilipi 4:14-19

Nika ingqalelo kwinto ethethwa nguPawulos kwibandla laseFilipi, “Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu.” Qaphela ukuba uPawulos akazange athi, “Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngenxa yobubele benu kum.” HAYI! Wathi, “Ke uThixo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu!” Uyabona, abaseFiliphi babengamadlulane noPawulos, kwaye njengomahlulwane, babelana ngozuko oluphezu kwesabelo sikaPawulos. Ngoku, njengoYakobi kunye noYohane bebambisa zonke eza ntlanzi ngenxa yokholo lukaPetros, uPawulos uthi konke ukuswela kwabo kokwenzelelelwa ngenxa yokholo lwakhe! Ndiyathemba ukuba uyayibona inzuzo yalo mgaqo.

Masithi udinga imoto kwaye usebenzisane nathi njengobulungiseleli. Masithi ukuba imoto yakho ixabisa i\$30,000. Ngoku, xa uhlwayela kuGarykeese.com, uyaqonda ukuba ithetha ukuthini intsebenziswano. Wabelana nentambiso kunye nozuko oluphezu kobulungiseleli bethu. Njengobulungiseleli, sinokuvumelana ngokulula ngaloo \$30,000 kuba sadlula ekudingeni i \$30,000 kwakudala. Singabanalo ngokulula ukholo lwe \$30,000 njengoko sichitha izigidi ngonyaka ngoku. Kodwa kwiintsuku ezadlulayo, ndikhumbula ndikholelwa kuThixo nge\$30,000, ngelo xesha

yayibonakala ngathi yintaba enkulu. Ke ukuba undibuza ukuba ndingakholelwa na uThixo nge \$30,000, impendulo iya kuba “Ngokupheleleyo.” Ngoko ke, njengoPawulos, xa sithe savumelana kwaye singamadlelane, ndingabhengeza ukuba intswelo yakho ayihlangatyezwanga ngenxa yokholo lwakho, kungenxa yolwam.

Ngoku ngokucacileyo, kufuneka ube selukholweni xa uhlwayela imbewu kwi \$30,000, kwaye kufuneka ube nentembelo kungekuphela nje kwiLizwi likaThixo, kodwa nakum. Kufuneka ube nokholo kum, ube nentembelo ukuba ndithanjisiwe kwaye ndibizwa okaThixo, ukuba ndisebenza ngengqibelelo, kwaye kufuneka ube nokubona iziphumo ezibonakalisiweyo ebomini bam nakubulungiseleli bam. Ukuba ujonge into esiyenzayo nalapho sisuka khona, uyazi ukuba ndinikholo lwe \$30,000! Usenokungabi nokholo lwe \$30,000, kodwa sinokusebenza kunye ngentsebenziswano kwaye sibone ukuba izinto ziyamangalisa. Kwakunjalo nakwinkunzi yendebe. UDrenda uthe ngobusuku obungaphambi kokuba ndiphume, “Uya kukholelwa kwixhama, kwaye mna ndiya kukholelwa kwinkunzi yendebele.” Le yindlela intsebenziswano isebenza ngayo.

Ukukhetha Intsebenziswano yoBuchule

Ngoko ke mandibeke imithetho esisiseko apha ngokubuza umbuzo. Ukuba uza kuqala inkampani yekhompnyutha, ungafuna umfana okwisemester yakhe yokuqala yonyaka kwiiklasi zeekhompnyutha *science* ongenamali ukuba abe ngumlingani wakho okanye umntu owakhe ishishini lekhompnyutha lezigidi zeedola kwaye onemali yokuncedisa ekusunguleni inkampani?

Ngokuqinisekileyo, zininzi izinto ezahlukeneyo apha, kwaye

ndenza umzekeliso kuphela. Kodwa ndicinga ukuba ngokujonga nje ukhetho olucacileyo luya kuba ngumntu onamava, onerekhodi eqinisikisiweyo, kwaye umntu ungasweli mali!

Ke, kuyafana xa ufuna ukuhlwayela kwintsebenziswano yobulungiseleli. Nceda ungabhidanisi le nto ndiyithethayo ngokubhekisele kukhokelo oluthe ngqo lukaThixo lokusebenzisana nomntu. Olo hlobo lokukhokela lodlula into endithetha ngayo. Amaxesha amaninzi, uThixo uya kukukhokelela ukuba ube nomlingani kunye nezabelo zakhe kodwa ngamanye amaxesha ukufama ukukhetha. Ndithetha ngokuthe ngqo malunga nokuhlwayela njengokhetho olenzayo, ukuhlwayela xa unqwenela ukuya kwinqanaba elilandelayo. Ndiyazi ukuba ndihlwayela kwizabelo endikholelwa kuzo ngenjongo ecacileyo yokukhawulezisa imali efunekayo ebimini bam. Umgaqo omnye endingawophuliyo kukuba dihlala ndihlwayela kwisabelo esiqonda ukhoko kunye nesivumelwano ngaphandle kokuba ndihlwayela kumahlwempu okanye abasweleyo. Ngokucacileyo, asilindelanga ukuba amahlwempu nabasweleyo baqonde ukhoko. Sihlwayelela uthando kubo, kwaye uThixo uya kusibuyekeza. Kwakhona, ukuhlwayela kumahlwempu luhlobo olwahlukileyo lokuhlwayela kunoko besithetha ngako apho. Enye into endiya kuyijonga xa ndihlwayela kukufumana isabelo sikaThixo esinesiqhamo esifana neso ndikholelwa kuThixo ukuba uza kundenzela.

Umzekelo, inkampani yam ineenqwelomoya ezimbini. Ngaphambi kokuba ndithenge nenye yazo, ndahlwayela kwisabelo sikaThixo, ubulungiseleli endandisazi ukuba babuhlawulele iinqwelomoya zezigidi ngezigidi zeedola ngaphambili. Xa ndisithi ezininzi, ndithetha ukuba ezininzi, kwaye zonke zazihlawulwe ngemali. Babenesiphumo esibonakalisiweyo xa kuziwa kwiinqanaba.

Ndandisazi ukuba banokuvumelana nam lula ngenqwelomoya kwaye babe selukholweni lokuba yenzeke. Ndandingazoku sebenzisana nobulungiseleli obuthi iinqwelomoya zibiza kakhulu okanye azifanelanga ukuba nazo. Asilulo naluphi uhlobo lwesivumelwano eso. Hayi, ndandifuna ukuvumelana nobulungiseleli obuqonda apho ndikhoyo, obunokoqonda xa ndikholelwa kuThixo ngenqwelomoya, kwaye obunesiqhamo sokungqina loo nto.

Ndibe ngumqhubi wenqwelomoya ukusukela xa ndandineminyaka eyi 19 ubudala kwaye ndafunda ukubhabha ngenqwelomoya kwindlela yegrabile eziinyawo eziyi 3,000 ezilalini. *Uyazi ntoni? Ndidinga nje ukuba uhlwayele imbewu kwaye ukholwe kuThixo ngenqwelomoya yam.* Ke, yile nto kanye endayenzayo. Ndandiyazi eyona nqwelomoya ndandiza kuhlwayela yona. Ke ndiye ndabhala laa nqwelomoya kanye kwitsheki yam, kwaye mna noDrenda savumelana ngayo. Siye sayithumela loo tsheki kubulungiseleli ndingqiba ukubukhankanya.

Ke kwadlula inyanga, ndaza ndaba notyelelo oluqhelekileyo lukagqirha. Njengoko ndandithetha nogqirha ngaloo mini, wathi ezithethela nje, “Ngaba ukho umntu omaziyo ongathanda ukuthenga inqwelomoya?” ndandimangazekile kancinci ngulo mbuzo kuba andizange ebomini bam kubekho umntu ondibuza ukuba ndiyafuna na ukuthenga inqwelomoya. Ndiye ndabuza ukuba luhlobo luni lenqwelomoya, kwaye yayiyiyo kanye le nqwelomoya ndandiyihlwayele imbewu yam. Kulungile, le nto yafumana ingqalelo yam. Ndahamba ndayokuyijonga inqwelomoya, ndaqhagamshelana nomnikazi wayo, wayokubhabha ngayo nam. Yayigqibelele. Kwakukho ingxaki enye kuphela, ndandingenayo imali yokuyihlawula. Kodwa uThixo wayenecebo.

Uyabona, ekwindla engaphambili, kwaye ngoku yayiyinyanga

yeKwindla, ndandifumene indlu kutata wam endandiza kuyilungi-saibe sisakhiwo seeofisi entwasahlobo. Ke utata wandixelela ukuba wayewacimile amanzi ngaphambi kobusika, ngoko andizange ndiwajonge. Yayizintsuku nje ezimbalwa emva kokuba ndijonge inqwelomoya, umninawa wam wanditsalela umnxeba esithi indlu yam yonakele. Uqhubekile ke wandixelela ukuba yonke ibhodi yodonga yendlu yanakele kwaye uninzi lwayo luwile ezindongeni. Kuyabonakala ukuba, amanzi ayengacinywanga kwaye angumkhenkce ebusika. Ngoku kwakusele iyinyanga yeKwindla kwaye kufudumala amanzi aqalisa ukuphuma endlini kwaye aphuma ixesha elide, ubuncinane iiveki ezimbalwa.

Into awayengayazi umninawa wam kukuba ndandisele ndityikitye isivumelwano nenkampani yokwakha ukuba ihlubule ibhodi yodonga kwindlu yonke namacala angaphandle. Le yayiyinxalenye yenkqubo yokwakha ngokutsha ukuguqula indlu ibe yi*complex* yeofisi yam. Ngoku, kulapha kwenzeka khona into entle. Inkampani ye*insurance* yahlawula ibango lomonakalo wamanzi, kwaye leyo yayiyimali endihlawule ngayo inqwelomoya yam. Inqwelomoya yathengwa ngemali!

Ke khumbula, intsebenziswano ngumgaqo womoya onamandla oya kufuna uwazi kwaye uwusebenzisele inzuzo yakho.

Le nto igqiba ingxoxo yethu yokukhulula imbewu yakho xa uselukholweni. Ke ngoku ekubeni uhlwayele imbewu yakho, kwenzeka ntoni emva koko? Ndithembe, uninzi lwabantu aliyazi, njengoko le nto ingqinwa ngamaKristu amaninzi ahlwayela kodwa angaboni mbuyekezo okanye umphumo wokupha kwawo. Ngaba eli lixesha lokuhlala nje usela ilemnade de kufike isivuno?

Ungenzi njalo! Sizakuxoxa ngento ekufuneka uyenze kwisahluko esilandelayo.

ISAHLUKO 8

UDINGA ISICWANGCISO!

Xa uBrad noCharity babeqala ukuza ecaweni yethu, ndandingabazi ngokwenene. Ndikhumbula ndibabulisa kwaye sincokola nje kancinci ngamaxesha athile. Ixesha lokuqala bebamba ingqalelo yam ngokomoya yayikwinkomfa kaDrenda yabasetyhini. Inkomfa yaqala ngoLwesine ebusuku yaza yaphela ngoMgqibelo emva kwemini. Uninzi lwabantu ababekho babeza kuhlalela inkonzo yethu yangoMgqibelo ngokuhlwa. Kwakule nkonzo apho uBrad noCharity beza kum emva kwenkonzo nesicelo. Babefuna ukuqala ishishini baza bandibuza ukuba ndingamkela imbewu kubulungiseleli bethu ndize ndibathandazele kuze baqale eli shishini.

Ndafumanisa emva kwexesha ukuba uCharity wayeqeshe indawo yokuthengisa kwinkomfa yabasetyhini ukuze athengise ezinye izinto azenze ngesandla zeenwele ze*African American* ezinikhelizi. Wayeqeshe itafile ye\$150, kwaye wathengisa imveliso exabisa i\$350, nto leyo eyamenzela i\$200.

Kwinkonzo yangokuhlwa yangoMgqibelo, bobabini beza ne\$200 kwaye bafuna ukuyihlwayela kubulungiseleli bethu njengembewu ukuze ishishini labo likhule. Ndathi, “Ngokuqinisekileyo,” saza sathandaza. Andizange ndicinge kangako ngaloo nto, kodwa

ndawubona umdla emehlweni abo, kwaye ndandibona ukuba baselukholweni kwaye bayikhulula imbewu yabo.

Ukukunika imvelaphi encinane ngoBrad kunye noCharity, ngelo xesha, uBrad wayengumphathi we*IT* kwinkampani, kwaye uCharity wayesenza i\$10 ngeyure kumsebenzi wexeshana, Nje usapho oluqhelekileyo eliphila ngomvuzo wenyanga nenyanga. Emva kwenkomfa, baqhubeka ukuthengisa imveliso yabo kubahlobo nokuthengisa kwi intanethi kodwa bavuma ukuba ishishini lalin-gakhuli. Kodwa uThixo wayesebenza emfihlakalweni elungiselela ukukhula kwabo kwekamva.

IOLI yencinibayayiyeyona nto iphambili kwifomula yabo, ababey-ithenga kumfama weenciniba eCarlifornia, abafumanisa ukuba ufuna ukuthengisa inkampani. Ixabiso laliyi \$40,000. UCharity wayeyazi ukuba eli yayilithuba elihle lokukhula kwenkampani yabo kwixesha elizayo, kodwa uBrad noCharity babengenayo i\$40,000, kwasenti. Babenemali eyaneleyo yokuba bathenge amatikiti enqwel-omoya baye kubona inkampani eCarlifornia, kodwa kwakuphelele apho. UBrad wathi xa esondela eCarlifornia, kokukhona wayesiba novalo. Wayezakuthini kumnikazi weshishini ekubeni bengenamali babethembisene ukuba abazuboleka mali yeshishini? Ukufika kwabo eCarlifornia, umfama wababonisa yonke indawo kodwa wabaxelela ukuba sele emfumene umthengi wenkampani yeoli. Kwakubon-akala ngathi izinto azilungi. Kodwa umnini wacela uBrad ukuba amenzele umsebenzi we *IT*, owamkelwa nguBrad. Ngelo xesha, uBrad noCharity babanobudlelwane nomnini; kwaye ngenye imini, wathi ukuba ugqibe kwelokuba abathengisele ishishini. Waphela ethatha iintlawulo ngeshishini, kwaye uBrad noCharity babanen-kampani yabo yeoli yenciniba. Kwakumalunga neli xesha abathi uBrad noCharity beva ngomsebenzi wokwakha esawusungula

eFaith Life Church, kwaye kwakho into etsibayo ngaphakathi kubo. Babebone imbewu yokuqala ababeyihlwayele ngaphambili itshintsha ngokupheleleyo ishishini labo, kwaye ngoku babesazi ukuba yayilixesha lokuthatha ishishini balibeke kwinqanaba elilandelayo ngembewu enkulu. Kwakhona uBrad noCharity badibana nam phambi kwecawe baza bahlwayela ishishini labo ngembewu nenjongo ababeyihlwayela yona. Babengahlwayeli ngenxa yemali yabo yobuqu kodwa babefuna usukelo lwamanani asithandathu ababefuna ukunikela ngalo kumsebenzi wokwakha.

Ukwenza ibali elide libe lifutshane, kwenzeka utshintsho olukhulu kwakhona kwimveliso, kwaye uThixo wabonelela ngesithako esitsha esatshintsha imveliso yaba yimveliso egqibeleleyo yeenwele ezinekhelizi ze*African American*. Imvelisi yanempumelelo. Kwaye kungekudala babewunike umsebenzi wokwakha loo tsheki yamanani amathandathi. Ngoku, baxhasa imisebenzi kulo lonke elaseAfrica, kwaye imali yabo ingaphezu kwamanani asixhenxe. Konke oku kwenzeka kwisithuba seminyaka emithathu. Ibali elimangalisayo lokusuka kwi \$10 ngeyure ukuya kwizigidi kwiminyaka emithathu! Wowu!

Eli libali elihle kunye nomzekelo ogqibeleleyo wendlela uThixo asebenza ngayo nawe ukubamba isibonelelo sakho nokwakha impembelelo yakho. Into yokuqala endayibonayo yayizintliziyo zabo ngoBukumkani nenjongo yenkampani yabo, eyayikukuxhasa ngemali uBukumkani bukaThixo. Okwesibini, yayiyindlela ababesebenza ngayo noThixo ukuphuhlisa ukuma, imveliso, kunye nesicwangciso senkampani. Le nto ifanele ukukhuthaza nabani na ofuna ukwenza into ebalulekileyo engamiselwanga yimali onayo okanye yinto oyaziyo xa uqala. UThixo uza kusebenza nawe indlela yonke.

Le nto indizisa kumgaqo wesine woBukumkani awandifundisa wona uThixo, ukuba emva kokuba uhlwayele kwaye ukhulule ukhoho lwakho, kufuneka umamele isicwangciso.

Inyathelo #4: Emva Kokuba Uhlwayele waza wakhulula ukhoho lwakho, Udinga Icebo.

Waphendula wathi kubo, “Bapheni nina badle.”

Bathi kuye, “Simke na siye kuthenga izonka ngeedenariyo ezimakhulu mabini, sibaphe badle?”

Uthi ke uYesu kubo, “Izonka eninazo zingaphi na? “Hambani niye kukhangela.”

Besazi, bathi, “Zihlanu neentlanzi ezimbini.”

UYesu wabathethelangelithi, mababahlalise bonke, babeziziqhu ngeziquhu engceni eluhlaza. Bahlala phantsi beziingcamba ngeengcamba ngamakhulu, nangamashumingamahlanu. Wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi ekhangela ezulwini wasikelela, waziqhekeza izonka, wanika abafundi bakhe ukuba babeke phambi kwabo; wathi neentlanzi zombini wazabela bona bonke. Badla ke bonke bahlutha. Baza basusa izitya zizele ngamaqhekeza zalishumi elinazibini, basusa nakwiintlanzi. Baye abo babezidla izonka ezo bekumawaka omahlanu amadoda.

—UMarko 6:37-44 (GNT)

UYesu wanika abafundi isicwangciso emabasenze ngaphambi kokuba intlanzi nesonka zande. Ngoko ke, qinisekisa ukuba uyayiqonda le nto. Wokuba uhlwayele imbewu yakho ngokolo, kufuneka ufumane isicwangciso sakho kuMoya oyiNgcwele. Eyona ndlela ilungileyo yokwenza le nto kukuchitha ixesha uthandaza emoyeni. Awufuni ukwenza isigqibo okanye uqale ngamandla akho de uve kuThixo. Kukho izizathu ezimbalwa ngoba. Kuqala, uza kuzama ukwenza lento ngamandla akho kwaye ucinge ngendlela encinci kakhulu. Okwesibini, ungazama ukwakha isicwangciso kwinto osele uyazi xa uThixo angafuna ukukukhokelela kwindlela entsha. Sele uzame into oyaziyo, kwaye udinga umbono omtsha nesicwangciso sokutshintsha isivuno sakho. Ke, linda eNkosini ngeembono ezintsha nesicwangciso. Zinokusuka naphi na. Ungabona intengiso, udibane nomntu, okanye ube nephupha njengokuba ndenzile. UThixo uya kufumana ingqalelo yakho kwaye akuncede wenze isicwangciso sakho esitsha. Mandikunike umzekelo wokuba kutheni le nto ibaluleke kangaka.

**WOKUBA UHLWAYELE
IMBEWU YAKHO NGOKOLO,
KUFUNEKA UFUMANE
ISICWANGCISO SAKHO
KUMOYA OYINGCWELE.**

Amandla Esicwangciso

Mhlawumbi ndibalise lo mzekelo mnye kuzo zonke iincwadi zam “Inguqu Yakho Yezemali,” kodwa ufanele ukuphindwa kwakhona. Ukuba ndikuxelele ukuba ungazisombulula zonke iingxaki zakho zemali ngamazwi ambalwa alandelayo, ndiqinisekile ukuba ungahlala umamele iinkcukacha, unepeni esandleni.

Ke, zilungiselele kuba nantsi impendulo yakho. Yenza i\$10 yezigidi yengeniso kulo nyaka. Ewe, ndithe yenza i\$10 yezigidi yengeniso phambi kokuba unyaka uphele. Kubantu abaninzi, le nto iya kubeka iimali zabo kwindlela elungileyo.

Intoni? Ngaba ndiva intsini apha? Uyahleka? Xa ndixelela abantu kubaphulaphuli bam ukuba benze le nto, ndiva intsini kwiholo lonke. Ndiye ndibuze ukuba kutheni behleka. Bahleka kuba kubo oko kuyahlekisa; akunakwenzeka. Emva koko ndabaxelele ukuba ngaxesha lithile, njengokuba ndizisa injongo yengeniso yonyaka phantsi, baya kuyeka ukuhleka bathi, “Oh, ndingayenza loo nto.”

Ke, uyeka phi ukuhleka, kwi \$600,000 ngonyaka? Uzibona phi, \$200,000 okanye i\$100,000 ngonyaka? Mhlawumbi inani lakho lingaphantsi, mhlawumbi i\$45,000 ngonyaka. Kwindawo ethile phakathi kwe \$10 yezigidi kunye ne \$0 ngonyaka, uza kufumana inombolo apho uya kuthi, “Ndicinga ukuba ndingayenza loo nto.” Nantso ke ingxaki; kulapho kanye uza kuhlala khona. Qonda le nto, akukho mntu uzama nayiphi na into abacinga ukuba abanako ukuyenza. Ke nantsi ingxaki. Ubotshelwe okanye ukhawulelwe ziingcinga zakho.

Ngoku, mandikubonise amandla esicwangciso. Masithathe ingxelo enye, ukuba zonke iingxaki zakho zemali zingasonjululwa ukuba uye wenza i\$10 yezigidi kulo nyaka. Kodwa ngeli xesha, ndiza kukunika isivumelwano sokwenza imali. Ndiza kukuhlawula i\$500 ngebhokisi ukuba ufake ibhola kuyo, uyiteyiphe ivaleke, uyiphawule ukuba ithunyelwe, kwaye emva koko uyibeke ecaleni. Masithi ukuba ungenza iibhokisi eziyi 100 ngeyure, okanye i\$50,000 ngeyure kwingeniso. Masithi ukuba isiqhelo usebenza iiyure eziyi 10 ngosuku usenza i\$500,000 ngosuku kwingeniso. Ngoku, xa ndithi masenze i\$10 yezigidi phambi kokuba unyaka uphele, ungathini?

“ILULA! Loo nto iya kuthatha iintsuku eziyi 20 kuphela zomsebenzi.” Kulungile, mandikubuze ukuba yintoni etshintshileyo. Akukho nto ngaphandle kokuba ngoku unesicwangciso esithi, ukuba silandelwe, siqinisekise ukuba uya kwenza injongo yakho ye\$10 yezigidi ngonyaka kwingeniso.

Uyayiqonda? Ukuba uyekwa kwiingcinga zakho, mhlawumbi ngewungazange ucinge ukuba usukelo lwakho lunokwenzeka, kwaye ngewuzinzele nantoni na OBUcinga ukuba inokwenzeka. Kodwa awudingi luvo lwakho, sele uphile kwelo hlabathi lilinganiselweyo ixesha elide. Hayi, udinga uMoya oyiNgcwele akuncede uphuphe.

UThixo Unesucwangciso Ngawe

Ndikuxelele ngaphambili kule ncwadi ngemeko yethu embi yezemali kunye nohlaselo loloyiko kunye noxinzelelo endiye ndanalo ngenxa yemali. Xa ndandiqala ukufunda indlela yokuphila yoBukumkani, kwakungekho ndawo ndingaya kuyo ngaphandle kukaThixo. Wathetha nam wandinika isicwangciso sokuba ndiqale i*Forward Financial Group* ndibonise abantu indlela yokuphuma ematyaleni. Ayibhadlanga loo nto! Ndikhumbula ndihleli endlini yam ngela xesha ndicinga ngento wayendixelela ukuba ndiyenze ndizibuza, “Ndingwenela ukuba uxelele mna kuqala.” Kodwa waphendula wathi ndizakuphuma ematyaleni njengoko ndisenza isicwangciso.

Njengoko mna noDrenda sasungula isicwangciso uThixo asinike sona, sasingenazixhobo, singenakhompyutha, singenanto. Kodwa xa ndisibona isicwangciso, ndazi ukuba siza kusebenza; ndazi ukuba sinokwenzeka. Kwaye ngesicwangciso, ndithetha iqhinga

kunye neenkukacha awasibonisa zona malunga nokusungula isicwangciso. Ndingayenza loo nto! Enyanisweni, ndingathanda ukwenza loo nto.

Kanye njengemeko kaBrad noCharity, uThixo wasinika zonke izixhobo zokuqalisa esasizidinga. Ngokumangalisayo, ngenye imini, utata wam, owayenevenkile *yepizza* kwaye wayengayidingi ikhompuyutha wandixelela ukuba ufuna ukuthenga ikhompuyutha, kwaye wandimema ukuba ndihambe naye. Ke sahamba sayokuthenga ikhompuyutha kunye nenkqubo yokulungisa amagama awathi ndingayisebenzisa kuyo. Qonda, ndandingazi nto ngeekhompuyutha. Wayehlala umgama ozimayile ukusuka kum, kwaye ndaqala ukudlala ngalo khompuyutha kunye nenkqubo de ndakwazi ukubhala intetho elungileyo ngendlela yokuphelisa amatyala abo. UThixo wenza indlela xa ndandingenamali.

Inkampani yakhula, ndaqalisa ukuqesha abathengisi. Ngezo ntsuku, sasisebenzisa izixhobo zokubala eziphathwa ngesandla ukuze sisebenze kuzo zonke izibalo kwisicwangciso sosapho ngalunye. Sasichwetheza ke ezo nkukacha kw*template*, eyezinwe kw*software* yam yokulungisa amagama, ukuze sichicilele ukuze abathengisi bethu babuyele kwikhaya labathengi babo. *Idot matrix* yokushicilela yayicula imini yonke (uyazikhumbula ezo, akunjalo?) kungekudala unobhala wam wayengakwazi ukumenza yedwa umsebenzi, kwaye kwafuneka ndiqeshe omnye umntu owayeza kunceda ukuchwetheza nokushicilela ezi ngxelo zabathengi.

Ndaqonda ukuba ndandidinga indlela engcono yokwenza ishishini. Ndandidinga inkqubo yekhompuyutha ekwaziyo ukubala zonke izibalo zemali kwimeko yomthengi ngamnye kwaye siyishicilele. Mna noDrenda sacela uncedo eNkosini nokuba isinike

inkqubo yekhompyutha esinokufikelela kuyo ukuze ibhale yonke inkqubo yenkampani yethu.

Iinyanga ezimbalwa emva kwalo mthandazo, ndandikutyelelo lwesiqhelo xa umthengi wandibuza, emva kokubona ushicilelo endimenzele lona, “Wenza le nto ngesandla?” Ndathi, “Ewe, kodwa sifuna ukususa oku kwinkqubo yekhompyutha eya kusenzela yona.” Wandijonga waza wandicacisela ukuba ubhala iinkqubo zekhompyutha emsebenzini kodwa angathanda ukusinceda ngokusenzela yona ngokuhlwa ngexesha lakhe. Wandinika ixabiso, kwaye wayeza kundivumela ukuba ndihlawule kangangoko ndandinako kunyaka olandelayo.

Loo nkqubo yatshintsha yonke into kwaye yandivumela ukuba ndiqeshe abantu abaninzi. Kungekudala, saba nabameli abayi 300 kuninzi lwempuma yeUnited States, nto leyo eyabangela ukuba iofisi yethu ibe yeyona ofisi iphambili kweziyi 5,000 komnye wabathengisi bethu.

Ngokusungula inkampani yethu nokulandela uMoya oyiNgcwele, siye saphuma ematyaleni ngokupheleleyo, kwaye yonke enye yimbali, njengoko besitsho. Into endiyithethayo uThixo uzakunika isicwangciso ukuba uyamcela kwaye умыеке asenze. Uya kukusa kwiindawo ongazange ucinge ukuba ungayo kuzo.

Ke mandixinise ukuba udinga isicwangciso. UThixo unesicwangciso ngempumelelo yakho. Enyanisweni, unezicwangciso ezininzi zempumelelo yakho. Amacebo Akhe nobulumko azinasiphelo.

“Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani,” utsho uYehova: “iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininike Ikamva nethemba.”

—UYeremiya 29:11

Usiva Njani Isicwangciso sikaThixo?

Ke, usiva njani isicwangciso? Njengoko benditshilo, ukuthandaza useMoyeni yeyona ndlela ilungileyo yokuva. Andizikuthetha ngokuthandaza useMoyeni kangako apha kuba incwadi yam *Inguqu Yakho Yezemali: Amandla Eqhinga* ithetha ngokuva uMoya oyNgcwele nzulu. Kodwa ubhalo olufutshane lufanelekile.

Ke, sithetha ubulumko phakathi kwabagqibeleleyo, ubulumko ke obungebubo obeli phakade, nobabaphathi beli phakade ababhangayo. Sithetha ubulumko bukaThixo obusemfihlekweni, obo ke bufihlakeleyo, awathi uThixo ngenxa engaphambili, kwangaphambi kwawo amaphakade, wabumisela uzuko lwethu; ekungabangakho namnye wabaphathi beli phakade ubaziyo, kuba, ukuba babebazi ngebengayibethelelanga emnqamlezweni iNkosi yozuko.

Njengoko ke kubhaliweyo, kwathiwa: “Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu”—zizo uThixo awazilungisela abo bamthandayo—uThixo wazityhila kuthi ke ngoMoya wakhe.

Kuba uMoya uphengulula zonke izinto, neenzulu zikaThixo. Kuba nguwuphi na kubantu ozaziyo izinto zomntu, ingenguwo umoya womntu okuye? Ngokunjalo nezinto zikaThixo akukho namnye uzaziyo, ingenguye uMoya kaThixo. Ke thina asamkelanga moya wehlabathi; samkele uMoya ophuma kuye uThixo, ukuze sizazi izinto esazibabahlwa nguThixo.

—1 KwabaseKorinte 2:6-12

Izinto ezingaviwanga ndlebe, nezingabonwanga, nezingathanga qatha entliziyweni, njengoko kuchaziwe kwei Sibhalo, zizinto ezityhilwe nguMoya oyiNgcwele. Ivakala njengenzuzo entle kum; ndingathanda ukuba nayo.

Xa waba ngumKristu, uMoya oyiNgcwele weza kuhlala kuwe, waza waqalisa ukukhokela.

Kodwa kukho elinye icala loMoya oyiNgcwele uYesu awalinika ibandla, elibizwa ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Yiyo le nto siyibona isenzeka ngoMhla wePentekoste xa uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwabafundi kwigumbi eliphezulu kanye njengoko wehlayo phezu kaYesu Emhlanjeni iYordan. Kulapho uYesu waqalisa khona ubulungiseleli Bakhe. Kungoko amandla kaThixo afika phezu Kwakhe ukuba abe lingqina loBukumkani. UYesu zange enze imimangaliso esengumntwana. Akazange andise ukutya kwentsapho Yakhe okanye ahambe phezu kwamanzi. Ukuze uqonde ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kuya kufuneka uqonde ukuba kukho umahluko phakathi kokuzalwa ngokutsha (xa uMoya kaThix oungena kuwe) nobhaptizo loMoya oyiNgcwele (xa uMoya oyiNgcwele ufika phezu kwakho.)

Kwakuhlwa ngoko, ngolokuqala usuku lweveki, zakubon' ukuba iingcango zivaliwe, apho babehlanganisene khona abafundi, ngenxa yokoyika amaYuda, wafika uYesu wema phakathi, wathi kubo, "Uxolo malube nani!" Akutsho, wababonisa izandla necala lakhe. Bavuya ngoko abafundi bakuyibona iNkosi.

Waphinda ngoko uYesu wathi kubo, "Uxolo malube nani!" Njengokuba uBawo endithumile mna, nam ndiyanithuma

nina. “Akutsho wabaphefumlela, wathi kubo, Yamkelani uMoya oyiNgcwele.”

—Yohane 20:19-22

Abafundi bazalwa ngokutsha kanye apho kuYohane 20, ukanti uYesu wabaxelela ukuba kwakusafuneka balinde olu bhaptizo loMoya oyiNgcwele olwaluya kubenza babe ngamangqina oBukumkani bukaThixo.

Awathi kanjalo, emveni kokuva kwakhe ubunzima, wazimisa ephilile phambi kwabo, ngeziganeko ezininzi, ezibonakalalisa ngokwakhe kubo kwiintsuku ezimashumi mane, ethetha izinto ezingabo ubukumkani bukaThixo. Uthe, ehlanganisene nabo, wabathethela ngelithi, “Mabangahlukani neYerusalem; mabalinde idinga loYise, awathi ukuthetha, Naliva kum; ngokuba uYohane okunene wabhaptiza ngamanzi; kodwa nina niya kubhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele.”

—Izenzo 1:3-5

Niya kwamkela ke amandla, akubon' ukuba uMoya oyiNgcwele ubhalelile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem, kwanakulo lonke elakwaYuda nelaseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba.

—Izenzo 1:8

Le ntambiso evela kuThixo izisa amandla kaThixo kwaye ikuvumele ukuba wenze imisebenzi Yakhe. Nceda uqaphele ukuba ihla phezu kwakho, kungekhona phakathi kuwe. Usenokukhumbula

ukuba ngoMhla wePentekoste bonke abafundi ababelinde eYerusalem kwigumbi eliphezulu babhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele. Babuyintoni obungqina bale nto? Bonke bathetha ngalwimi zimbi. Ukuthetha ngeelwimi kudweliswe ku 1 KwabaseKorinte 12 njengezipho zomoya ezanikwa ibandla. Usenokuthi ukuba ezo zipho ziphelile, kodwa andivumelani na loo nto.

**LE NTAMBISO EVELA
KUTHIXO IZISA AMANDLA
KATHIXO KWAYE
IKUVUMELE UKUBA WENZE
IMISEBENZI YAKHE.**

Ubhaptizo loMoya oyiNgcwele luzisa nalo zonke izipho zomoya ezisithoba, kodwa ndifuna ukugxila kwesi siphosinye kuphela, ukuthetha ngeelwimi.

Ekuqaleni, le nto inokuvakala ingenamsebenzi kuba ucinga ukuba ifuneka kuphela ukuba uthetha nabantu abathetha ulwimi olwahlukileyo kwaye uzama ukushumayela Iindaba ezilungileyo. Kodwa ukukwazi ukuthetha nabantu ngolwimi ongalaziyo akuzange kube yinjongo yesiphosokuthetha ngeelwimi. Mandikubonise ukuba kutheni isisiphosixabiseke kakhulu kwaye kutheni sibalulekile ekuphumeleleni kwakho.

Kuba lowo uthetha ngalulwimi lumbi akathethi bantwini, uthetha kuThixo; kuba akukho namnye umvayo, kodwa ke ngomoya uthetha iimfihlelo. Ke yena oprofetayo uthetha ebantwini ulwakheko, noyalo, nokhuzo. Lowo uthetha ngalulwimi lumbi uzakha yena; ke lowo uprofetayo wakha ibandla. Ndiyathanda ke ukuba nithethe ngalwimi zimbi nonke, noko ke ndithanda ngokukodwa ukuba niprofete. Kuba

*yena oprofetayo mkhulu kunalowo uthetha ngalwimi zimbi,
xa lo angayicacisiyo intetho, ukuze ibandla libe nokwakheka.*

—1 KwabaseKorinte 14:2-5

Kufuneka siwuqonde umxholo wale ncwadi kaPawulos apha. Uthetha ngendlela indibano yebandla emayenziwe ngayo. Ke uthi ukuthetha ngeelwimi akuncedi kwabo bakuvayo enkonzweni kuba abo bakuvayo abayiqondi into ayithethayo umntu. UPawulos uthi ebandleni kune nzuzo ngakumbi ukuprofeta kuba loo nto iya kuba ngolwimi oluqhelekileyo lwabantu kwaye isebenza ngakumbi.

Kodwa xa kuthethwa ngomntu othandaza ngeelwimi, wowu, libali elahlukileyo elo. Ukuthetha ngeelwimi kune nzuzo enkulu ngumntu othethayo. IBhayibhile ithi bathetha iimfihlakalo ngomoya wabo. Ezi mfihlakalo yinto ongayaziyo kwaye odinga ukuyazi. Okwesibini, uPawulos uthi lowo uthetha ngalulwimi lumbi uzakha yena. Igama elithi ukwakha lithetha ukuzisa umyalelo. Ngokucacileyo, ukuba ukufuna ukwazi into, iyimfihlakalo kuwe ngelo xesha.

Kodwa ukuthetha ngalwimi zimbi kuzisa umyalelo kulowo uthethayo. Mna nawe siyayidinga loo nto ngokuqinisekileyo ukuba siza kuphuhlisa izicwangciso ezingaphaya koko sele sikwazi. Njengoko 1 KwabaseKorinte 2:9-10 esitsho:

*Njengoko ke kubhaliweyo, kwathiwa, Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu—zizo uThixo awazilungisela abo bamthandayo—
uThixo wazityhila kuthi ke ngoMoya wakhe.*

Ndiyalinga olo ncedo, nawe ngokunjalo. Umbuzo wakho olandelayo uthi, “Ukuba uthetha ngeelwimi kwaye awuyiqondi le nto uyithethayo, uzuza njani ngale nto uyithethayo?” ke, nantsi

imfihlakalo. Njengoko uMoya oyiNgcwele uthetha ngomoya wakho womntu, ingqondo yakho iqalisa ukubamba ezinye ingcinga ezihamba kuwe. Le nto siyibiza isityhilelo, kwaye igama lisuka kwingcambu yesityhilelo. Ngoko ke, ngokuthandaza useMoyeni, njengoko ukuthetha ngeelwimi kubizwa eBhayibhileni, unamandla okubamba izimvo kunye neengcinga ezingezizo ezakho.

Ndiyazi mhlawqumbi unemibuzo emininzi ngale nto, ngoko ke mandikukhuthaze ukuba ufumane incwadi yam *Inguqu Yakho Yezemali: Amandla Eqhinga*. Uza kufumana zonke iimpendulo zakho apho.

Nqumama kwaye uThandazele Iqinga

Okwangoku, masiqonde ukuba xa uhlwayele imbewu yakho ngokholo, inyathelo elilandelayo kukuma kwaye uthandaze ukuMoya oyiNgcwele okwethutyana kuba udinga isicwangciso. Yiyo kanye into eyenziwa nguKarla.

UKarla noTodd babephila ubomi obuqhelekileyo baseAmerika, bephila ngamabona ndenzile bewela ngakumbi ematyaleni. UKarla wabona usasazo lwe*Fixing the Money Thing* ngenye imini kumabonakude kwaye wazi ukuba kwakufuneka balungise iindaba zabo zemali. Ndisayikhumbula i imeyile endayifumana kuKarla. Ngelo xesha, wathi abanaso isicwangciso semali. Babengakwazi nokubona iinyanga ezimbalwa ezizayo, bexineke kakhulu. Nakuphi na ukunqongophala kuhlahlo lwabiwo mali lwabo kwakuhlululwa ngamakhadi okuthenga ngetyala.

Wayesazi ukuba kwakufuneka baphume ematyaleni, kodwa njani? Yena nomyeni wakhe bahlwayela imbewu yombono weshishini emva kokufunda incwadi yam, kwaye bahlwayela

ngokuthe ngqo ishishini awayeza kulenza ekhaya. UTodd wayesele exakekile njengotishala kwisikolo sasekuhlaleni, ngoko wayezibuza ukuba yintoni anokuyenza ukuze ancede. Intsasa nganye emva kokuba behlwayele lo mbono, uKarla wayeba nexesha elithulileyo neNkosi, elindele ukuva ulwalathiso loMoya oyiNgcwele.

Ngenye intseni, phezulu emoyeni wakhe, weva igama elithi amantshontsho. Ekuqaleni wayebhidekile kancinci. Amantshontsho? Bakha banenja, kodwa ukukhulisa amantshontsho yinto awayengazange ayicinge. Xa uTodd ebuyela ekhaya ngobo busuku, wayefuna ukumxelela into eyayithethwe nguThixo. Njengoko kwakulindelekile, uTodd wayenoloyiko kancinci ngesicwangciso kodwa wakhuthaza uKarla ukuba ahlole into enokwenzeka. Kungekudala uTodd noKarla bathenga amantshontsho iimazi ezimbini z*egoldendoodle* baza baqalisa ishishini labo lamantshontsho amancinci. Ke, kwakufuneka ukuba bakhulise amantshontsho abo kuqala baze baqalisa inkqubo yokuwakulisa.

Kwakukho izithintelo ezimbalwa endleleni, kodwa kunyaka wokuqala izinja zabo zabanamantshontsho, zazine 13. Izinja zathengiswa malunga ne \$1,500 nganye, kwaye uKarla uthi wayelila iinyembezi njengoko wayeqonda ukuba wawuva kakuhle uMoya oyiNgcwele xa weva igama elithi amantshontsho. Kwangaloo nyaka, uTodd wanyuselwa kwisikundla sokuba yintsumpa kwisikolo sasekuhlaleni.

Ishishini lamantshontsho laqhubeka likhula, kwaye ngeli xesha, babenamantshontsho angaphezu ko300, kwaye ixabiso linyuke laya kutsho ku \$2,500 ngalinye. Ubomi babo bemali benze i180! Indlu yabo bayihlawulele kunyaka ophelileyo kwaye ngoku baphume ngokupheleleyo ematyaleni. Baye baphuma kwilizwe kuhambo olumangalisayo kwaye babona uThixo esenza okuninzi kusapho

Iwabo kangangokuba uKarla wayefuna ukuxelela abantu ngoBukumkani Bakhe. Usanda kukhupha incwadi yakhe yokuqala. *Plans to Prosper: How God Gave Us Financial Freedom Through Puppies.*

UTodd noKarla baphila ubomi boBukumkani, obubamba ingqalelo yabantu kwaye bubenze bame bacinge ngoThixo. Umprofeti uIsaya wathetha ngexesha lebandla kuIsaya 61 apho wasixelela into uThixo afuna ukuyenza ngobomi bethu ngelixa sisemhlabeni.

Ukubizwa kwabo kuthiwe ziioki zobulungisa, isityalo sikaYehova sobungangamsha Bakhe.

—UIsaya 61:3

IOki ngumthi owomeleleyo kwaye ngokuqhelekileyo umkhulu ngobukhulu. IBhayibhile ithi ubomi bethu buya kuba njengemithi yeoki, buqine, bungashukumi. Isiqhamo salo mthi siya kuba nobulungisa, nto leyo ethetha ukuba abantu baza kubona ukuba ubomi bumele bube njani, into uThixo athi ilungile. Sizizityalo zeNkosi, nto leyo ethetha ukuba uThixo uza kusibeka apho abona kufanelekile, kuzo zonke iindawo zomsebenzi kunye neenkubeko, ukuze sibonise ubungangamsha Bakhe. UThixo ufuna ukubamba ingqalelo yabantu ngawe! Ufuna ukuba abantu babone isiqhamo esilungileyo seendlela Zakhe ebomini bakho. Kanye njengokuba umthi ukutsalela kuwo ngeziquhamo zawo ezintle, uThixo ufuna ubomi bakho bufane nezulu eMhlabeni.

Ngoko uTodd noKarla bayenze njani? Ngokuqinisekileyo, kwathatha umsebenzi omninzi ukukhulisa loo mantshontsho, kodwa inkululeko yayikufanele oko. Loo nkululeko yaqala ngokuba isicwangciso, ilizwi elivela kuThixo. Ilizwi elinnye elilulaawalivayo,

“Amantshontsho!” kodwa yayiyiloo nto kuphela eyayifuneka. UThixo uza kuthetha nawe. Uza kukukhokelela kumadlelo aluhlaza nakumanzi oxolo iNdumiso 23 ethatha ngawo.

Kodwa njengoko unokucinga, ukuva nje isicwangciso akwane-
langa. Ndiza kuxoxa ngenyathelo lesi 5 kwisahluko esilandelayo,
kwaye sinokuba sesona sahluko sibalulekileyo kuzo zonke kuba
inyathelo lesi 5 kulapho abantu abaninzi basilela khona. Kodwa
hayi wena, uza kuhamba ekulungeni kukaThixo kanye njengamabali
owafundileyo kule ncwadi. Sele ulungele? Masiqhubele phambili
kwinyathelo 5.

ISAHLUKO 9

LIXESHA LOKUHAMBA!

Wonke umlimi uyazi ukuba isivuno ngasinye sinexesha elikheth-ekileyo esihamba naso. Ukukwazi ixesha lokuvuna elichanekileyo lesityalo esithile ngumahluko phakathi kwempumelelo nokusilela. Kwaye macicace gca: ungaphoswa sisivuno. Ke, esi sisihloko esikhulu kakhulu nesibalulekileyo. Sekhe waya evenkileni, wabona eli apile libomvu likhangeleka kakuhle, kwaye wacinga, *Eli liapile elikhangeleka kakuhle*—kodwa xa ufika ekhaya ulilume emva koko ucinge, *Wowu, le nto ayinayo incasa?* Ke, ngumba wexesha.

Andinakuxelela ukuba zingaphi iintlekele zemali endikhe ndeva ngazo nendajongana nazo kubantu abatsibela umbono kwaye baphose ixesha. Esona Sibhalo ndisithandayo malunga nexesha nguMateyu 13:44.

*Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana **nobutyebi** obufihlwe entsimini, athe umntu akubufumana wabufihla; aze ngenxa yovuyo lwakhe aye athengise ngeento zonke anazo, ayithenge loo ntsimi.*

Kweli bali, le ndoda yayilumke ngokwaneleyo ukuba yazi ukuba

ngaloo mzuzu, yayingakwazi ukuba nobutyebi. Kwakufuneka ukuba aye kulungiselela ukubuthenga.

Njengomzekelo, xa uKarla weva igama elithi amantshontsho, loo nto yayingathethi ukuba makakhuphe ibhodi yakhe yentengiso yamantshontsho. Wayengekabi nawo amantshontsho. Kwakukho amalungiselelo amaninzi okwenziwa. Kwakufuneka bathenge imazi zabo ezimbini kuqala. Kwakufuneka bakhe indawo yokuhlala baze bacwangcisele amantshontsho aseza kuza. Kwakukho imiba esemthethweni ekufuneka ifundwe malunga nezitofu zokugonya eziyimfuneko ekufuneka amantshontsho abe nazo ukuba aza kuwathengisa.

Kukwakho nemiba yokukhutshwa kwelayisensi, yentengiso, ibhanki, kunye neerhafu, ukukhankanya nje embalwa. Ezi zinto kufuneka zijongwe phambi kokuba ungene kwixesha lokuvuna lombono weshishini lakho.

Sicinga ukuba wenze umsebenzi wakho, eyona nto inzima iseza. Kufuneka ungene kumbono awuthethileyo uThixo kuwe. Ewe, umbono uza kuba mkhulu kunawe, kwaye kusenokubakho uloyiko olubandakanyekayo ekuphumeni. Kodwa uloyiko yayinguwe wakudala. Khumbula, nguwe omtsha lo.

Xa uThixo wayethetha nam ngokusungula ishishini lam, ndandinovalo ngayo. Ndandiqala ekuqaleni. Nangona uThixo wathetha nam ephupheni ukuba ndiphume kwaye ndenze umsebenzi ofanelekileyo, ndandisenexhala ngayo. Yonke into ngoku yayixhomekeke ekubeni ndiphume ndiyenze. Wakha waba nomhlobo okanye wazi umntu ohlala ethetha ngento aza kuyenza kodwa angade ayenze? Ndiye ndazi abaninzi babo! Khumbula, ndiqeqeshe abathengisi ngaphezulu kweminyaka eyi 30.

Xa ndandisungula ishishini lam ndandingenabo abantu

endinobathengisela. Ndandiphila ngekhomishini kuphela, kwaye ndandisebenza ndodwa. Kodwa into enye endandinayo yayiluthando. Xa uThixo wandikhokelela ukuba ndiqale inkampani yokunceda abantu baphume ematyaleni, ndangena ngokupheleleyo. Ndandihlutshwa ziingxaki zemali uninzi lobomi bam, kwaye ngoku ndandiyifumene impendulo, uBukumkani bukaThixo, ndandifuna ukuxelela wonke umntu ngayo. Okwesibini, xa uThixo wandinceda ukuba ndidibanise isicwangciso esandibonisa indlela yokuvelisa izicwangciso ezibhaliweyo zeentsapho ukuba ziphume ematyaleni kwiminyaka emihlanu ukuya kwesixhenxe, kuquka nemali mboleko yabo yendlu ngaphandle kokutshintsha uhlahlo lwabiwo mali, ndandinomdla kakhulu.

Ndandisazi ukuba ndinento eyodwa kwimarike yezemali, kwaye ndandinebali endinokulibalisa. Kodwa kwakhona, kwakufuneka ukuba ndibe imveliso yoqobo esele ilungiswe kakuhle phambi kokuba ndivule iswitshi.

Ngokuqinisekileyo kukho izinto ozifundayo endleleni, kodwa xa utsiba, kufuneka ube nokuma okusisiseko okusele kuphuhlisiwe. Kodwa akukhathaliseki nokuba likhulu kangakanani na ithuba, imveliso, okanye umvuzo onokwenzeka, kuhlala kunamhlanje, kwaye namhlanje lusuku ekufuneka ungene ngalo kwisicwangciso.

Ngoku, le nto indizisa kwingxaki yokwenyani, into endikholelwa ukuba sesona sizathu sokuba abaninzi bangafikeleli kwiinjongo zabo, nasemva kokuba beve kuThixo ngolwalathiso kunye nempendulo yemecimbi yabo yezemali.

Ukubekela Amangomso!

Ukubekela amangomso izinto kunokusekelwa ekungaziveni ukhuselekile, uloyiko, okanye ukonqena nje. Kokwa inye into eqinisekileyo; kulula ukuyenza! Ndifunde olu phando lulandelayo ngemikhwa yabafundi baseyunivesithi ngokuphathelele nokuzibekela amangomso.

UJenny ucoxa indlu yakhe. UCathy usombulula umdlalo wezibalo. UMatt uhlola amanqaku emidlalo, kwaye uCarmen uhlatiya iphepha lakhe likaFacebook. Bonke ngabafundi besayikholoji bebekela ecaleni eminye imisebenzi ebekumele ukuba bayayenza. Kukubekela amangomso okuqhelekileyo okwenzekayo apha.

Ngumkhwa onzima ukuwuyeka, ngakumbi kwezi ntsuku xa i intanethi ivumela abafundi ukuba babaleke ixesha lokufunda ngokucofa imouse. Uhlalutyo lwemeta lwango-2007 yingcali yengqondo yeYunivesithi yaseCalgary uPiers Steel, PhD, inika ingxelo yokuba i80 pesenti ukuya kwi 95 pesenti yabafundi basekholeji bayalibazisa, ngakumbi xa kufikelelwa ekwenzeni umsebenzi wabo wezifundo.⁶

Ke, ndinokucebisa ukuba le nto ayisebenzi kuphela kubafundi baseyunivesithi. Iziphazamiso zinzima. Ukuphakamisa umnxeba wam ophathwayo okanye ukuvula iimeyile zizinto ngokuqinisekileyo ezichitha ixesha. Kodwa ukubekela amalanga kunecala elifihlakeleyo, lobudemon ekufuneka uliqaphele. Ukubonisa nokukhanyisa kwesi sihloko siyingozi—ewe, ndithe siyingozi—ndifuna ukuya ku 1 KwabaseKorinte 2:6-8.

*Ke sithetha ubulumko phakathi kwabagqibeleleyo, ubulumko ke obungebubo obeli phakade, nobabaphathi beli phakade ababhangayo. Sithetha ubulumko bukaThixo obusemfihlekweni, obo ke bufihlakeleyo, awathi uThixo ngenxa engaphambili, kwangaphambi kwawo amaphakade, wabumisela uzuko lwethu; **ekungabangakho namnye wabaphathi beli phakade ubaziyo, kuba, ukuba babebazi, ngebengayibethelelanga emnqamlezweni iNkosi yozuko.***

—1 KwabaseKorinte 2:6-8

Wowu, kungcono uyibhale phantsi le nto. USathana uza kuwatshintsha amaqhinga ukuba angayiqonda into oyenzayo! Yiyo loo nto uThixo ethetha ngemizekeliso. Yiyo loo nto uThixo elinda kude kube ziyure zobunzulu zobusuku ngamanye amaxesha phambi kokuba athile impendulo yakho. Kufuneka wazi kwaye ukhumbule ukuba sinotshaba. Utshaba lwakho aluyiyo into nje engokomfanekiso enefolokwe kunye nesinxibo esibomvu. IBhayibhile icacile:

Yibani nobuncathu, phaphani; ngokuba utshaba lwenu, uMtyholi, uhamba njengengonyama egqumayo, efuna ubani angamginyayo;

—1 Petros 5:8

Ngoku, ngokuqinisekileyo akanako ukutshabalalisa nabani na, kodwa ufuna ukutsalela ngaphandle kolawulo lwezulu kulawulo lwakhe olusemthethweni lokubulala, ukuba, nokutshabalalisa. IBhayibhile ithi, “Utshaba lwenu!” elinye lamaqhinga kaSathana kukutsalela ekungakhathalini, kwindawo yokuzibekela amangomso izinto. Le nto iya kumnika ixesha lokuqonda ukuba wena noThixo niphezu kwantoni na.

Ndikhumbula iphupha endaliphupha ngobunye ubusuku. Umfanekiso endawubonayo wawusebusuku, kwaye ukukhanya okuphuma kwifestile yegumbi lam lokulala kwabonakala engceni kwada kwatshona ebumnyameni. Apho kanye apho ukukhanya

UKUZIBEKELA AMANGOMZO IZINTO KUNOKUBULALA!

kuye kwatshona khona, ndabona iidemon ezimbini zimile zijonge efestileni yam ziphethe iincwadi ezandleni zazo. Ndandisazi ukuba zithunywe ukuba zifumane indawo esemthethweni evulekileyo ekhayeni lam. Zazibhala amanqaku, zikhangela indawo enobuthathaka ezaziya kuzama ngayo ukuwumisa umsebenzi kaThixo.

Ukuzibekela amangomzo izinto kunokubulala! Loo nto ivakala inamandla, akunjalo? Ivakala ichasene ngqo nesihendo sokuzibekela amangomso esikutshoyo kuwe. ILizwi lakhe lichubekile kwaye liyeyisela, “Ayinamsebenzi ukuba uyenza kamva.” Usenokuyenza kamva. Kodwa ngaba yinyani leyo? Mandabelane ngebali eliya kukubonisa indlela okunokuba yingozi ngayo ukuzibekela amangomso izinto.

UmFilisti wahamba, wayaesondelaku Davide, nendoda ephatha ikhaka lakhe ihamba phambi kwakhe. UmFilisti wondela, wambona uDavide, wamdela; ngokuba ebesengumfana oyingqombo, emhle imbonakalo. Wathi umFilisti kuDavide, “Ndiyinja na, ukuba uze kum uneentonga?” UmFilisti wamtshabhisa uDavide ngoothixo bakhe. Wathi umFilisti kuDavide, “Yiza kum apha,” “ndiyinike iintaka zezulu namarhamncwa asendle inyama yakho!”

—1 Samuweli 17:41-44

Kwathi, xa asukayo umFilisti, ehamba esondela, esiya kumhlangabeza uDavide, wakhawuleza uDavide, wabalekela eluhlwini, esiya kumhlangabeza umFilisti. UDavide wafaka isandla sakhe engxoweni, warhola ilitye khona, wasawula, watsho kumFilisti ebunzi; latshona ilitye ebunzini lakhe, wawa ngobuso bakhe emhlabeni.

—1 Samuweli 17:48-49

Ibali likaDavide noGoliyati libali elimangalisayo. Sonke isizwe sakwaSirayeli siyoyika njengoko sisiva amazwi kaGoliyati. Kodwa uDavide uthi uza kulwa naye ngomqathango omnye: angazikhetela isixhobo sakhe, inkwitshi awayisebenzise iminyaka xa ejonge iigusha. Njengoko uDavide esondela kuGoliyati, uGoliyati ubhidekile kwaye uyakhwaza.” “Ndiyinja na, ukuba uze kum uneentonga?” Into uGoliyati acinga ukuba yintonga ngokwenene ngumsimelelo kaDavide. Akayiboni inkwitshi efakwe phantsi kwebhanti lakhe. Hayi, uDavide usebenzisa umsimelelo wakhe njengenkohliso, utsalela ingqalelo kaGoliyati kuyo endaweni yenkwitshi. Njengoko uGoliyati wayesondela kuDavide, uDavide ubaleka esondela kuGoliyati. Eli lelinye iqhinga elasetyenziswa nguDavide. Wayesazi ukuba kuza kuba nzima kakhulu ukuba uGoliyati abone inkwitshi ukuba uya ngakuye ngequbuliso.

**YILE NTO KANYE
USATHANA AFUNA
UKUYENZA NGAWA. UFUNA
UKUTHIMBA
IZICWANGCISO ZAKHO.**

Kodwa ngekwenzekeni ukuba uDavide ebenze njengoninzi lwabantu? Besoyika ukungena kungquzulwano, basuka babeke amangomso. Ngekwenzekeni ukuba uDavide wayengqungqa

ejikeleza uGoliyati de azive ekulungele ukuhlasela? Ndikholelwa ukuba uGoliyati ngewayeyibonile inkwintshi, walibona iqhinga likaDavide, kwaye enze ngokufanelekileyo. Imfazwe ngebengayiphumelelanga kwaye isizwe sonke sakwaSirayeli sithinjwe.

Yile nto kanye uSathana afuna ukuyenza ngawe. Ufuna ukuthimba izicwangciso zakho. Ukuba angakubangela ukuba uqumame, ukuba ulinde de uzive ulungele, uza kuba nexesha lokutshintsha iqhinga lakhe ukuze achase isicwangciso sikaThixo ngobomi bakho. Ngaba ukubekela amangomso izinto kuyingozi? Ngokuqinisekileyo! Ndiqinisekile ukuba sele kukuxabise amawaka eedola ebomini bakho. Kwimeko kaDavide, yayinokuxabisa amawaka obomi.

Yiyo loo nto, xa usazi ixesha kwaye unesicwangciso, phuma ngokuzithemba. Ndikholelwa ukuba uya kukhuthazwa nguMoya oyiNgcwele ukukunceda xa izinto zilungile ukuba uphume. Kodwa ngenxa yemfundiso ephosakeleyo, abaninzi bayathandabuza okanye baphume baze bathi, xa befumana ungquzulwano, bahlehle baze bacinge ukuba bamele ukuba baphose uThixo.

Musa Ukuloyika Ungquzulwano

Abantu bandixelela ukuba xa bephumile, yonke into yonakala. Ke, uxhotyiselwe ukujongana nesihogo ngaphandle koloyiko. Utshaba lusanda kubethwa ngesicwangciso sakho soMoya oyiNgcwele, kwaye lisabela ukulivala. Kodwa kufuneka ume womelele ngoku kunakuqala kwaye usebenzise igunya lakho ukumnqanda. Musa ukoyika ukuthi, “Hayi, awuyi kuyenza loo nto” okanye “ndibopha umoya wesiphithiphithi ozama ukundingcungcuthekisa. Ndiyazi into eyathethwa yiNkosi ukuba ndiyenze, kwaye ndiza kuyenza, ngegama likaYesu. Ngoku hlehla, Sathana!”

Ngelishwa, uninzi lwamaKristu anamhlanje angaqeqeshwanga lusabela ngokumangazeka kuhlaselo lukaSathana. Bakholelwa ukuba ekubeni uThixo ethethile kubo kwaye ebanike isicwangciso Sakhe yonke into iza kuhamba kakuhle nangokukhawuleza ngaphandle kweengxaki.

Ngoku, ungayijongeli phantsi le nto ndiyithethayo. Sinegunya elipheleleyo phezu koomoya abakhohlakeleyo, kodwa asinagunya lipheleleyo phezu kwabantu. Kufuneka kuphawulwe ukuba nangona ndiphantsi kolawulo lukaThixo, abantu abanzi aband-ingqongileyo abakho phantsi kwalo kwaye babe ngamaxhoba amarhe nokubhideka. Basenokuzibona kakubi iinjongo zam okanye banditshutshise.

Kodwa abanokumisa isicwangciso sakho soMoya oyiNgcwele!!! Utshaba luya kuqhubeka lufika ukusu emva kwexesha. UThixo uphambi kwalo kwaye uya kukukhokelela kuloyiso ukuba uhlala womelele elukholweni kwaye uyala ukulalanisa.

Isigaba sokuphuma sisigaba apho kuya kuthatha isibindi ngaphezu kokholo ukuba uphume. Ukholo lukuzise kulo mzuzu, kodwa ngoku kuya kuthatha isibindi ukuba uphume. Ndinga ukuba abantu babhidanisa ibali loLwandle oluBomvu kunye nebali loMlambo iYordan.

Kwibali loLwandle oluBomvu, abantu bakwaSirayeli bahlangulwa eYiputa baza bahamba baya kuLwandle oluBomvu apho bebonakala bejikelezwe lulwandle neentaba njengoko uFaro wayetshintshe ingqondo yakhe waza wabalandela. Kubonakala ngathi akukho ndlela yokubaleka. Ke uMoses waphakamisa umsimelelo wakhe (igunya), lahlukana uLwandle oluBomvu. Bawela kumhlaba owomileyo, kwaye umkhosi kaFaro uzama ukulandela. Kodwa njengoko umkhosi kaFaro usenjenjalo, ulwandle labagquma,

libabulala bonke. Ngoku uSirayeli ukhululekile kwiYiputa kwaye ukhululekile ebukhobokeni. Esi sisenzo esinamandla sokuhlangula, kwaye sonke siyakuthanda ukucula ngokuhlangula kukaThixo.

Isithembiso sabo singaphambili, ilizwe lakwaKanan. Lilizwe lookhoko elithenjiswa kwimbewu kaAbraham. Njengoko behamba entlango, amazwi kaMoses ankenzeza ezindlebeni zabo: liya kuba lilizwe elibaleka amasi nobusi. Ivakala ilunge kakhulu ukuba ibe yinyani kubantu abazi ubukhoboka ubomi babo bonke. Kodwa kukho ingxaki. Umhlaba sele uhlalwa zezinye izizwe. Njengoko besondela kuMlambo iYordan, uMoses ugqiba kwelokuba athumele iintlola ukuba ziye kuhlola eyona ndlela ilungileyo abaza kuhamba ngayo emva kokuba bewelele kwelo zwe litsha baze babuye nezinye iziqhamo zawo ukuze babonise abantu ukuba lilizwe elilungileyo elizaliswe zizinto ezinokubakho.

Kodwa iintlola zibuya nebali elenza ukuba isizwe sakwaSirayeli sifune ukubuyela eYiputa. Ilizwe lizele zizixeko ezinqatyisiweyo nabantu abakhulu nabade kakhulu kunamaSirayeli. AmaSirayeli alila etyhafile kwaye ajikele uThixo noMoses, ecinga ukuba axokisiwe. Ngenxa yokungakholwa kwabo, uThixo akabakhokeli kwisithembiso njengokuba esazi ukuba ngaphandle kokholo, baya kutshatyalaliswa. Isizukulwana sihlala size sife entlango de kungasali namnye kweso sizukulwana.

Ngoku, uYoshuwa uyalelwa nguThixo ukuba abakhokele bawele. Kodwa kwakhona, njengoko besiza kuMlambo iYordan, kukho ingxaki. Umlambo ukwinqanaba lokukhukula, kwaye abantu abakwazi ukuwela amanzi ahamba ngokukhawuleza. Kodwa uThixo waphinda wawahlula amanzi, kwaye amaSirayeli ahamba kumhlaba owomileyo—ngesi sihlandlo kungekhona kungqzulwano, njengoko kwakunjalo xa ayemka eYiputa, kodwa

ayesiya kungquzulwano njengoko ayelungiselela ukubamba isithembiso sabo.

Nantsi into ekufuneka uyazi. Kunokubakho imiba okanye iingxaki zokusonjululwa njengoko uphuma, kodwa musa ukoyika. UThixo uza kukunceda, akukhusele njengoko uphuma. Hlala ukhumbula ukuba kanye emva kwaloo ngxaki sisithembiso ungaze uyilibale loo nto.

Enyanisweni, ndiza kuthetha into apha enokothusa. Hlala uzilumkele iingxaki. Hayi, andithethi ngawe ucamngca ngeengxaki zakho zoloyiko bobuqu. Ndithetha ngawe ukhangelana ithuba. Uyabona, abantu bahlawula imali enkulu ukucoca okanye ukulungisa iingxaki. Ishishini ngokwenene yimpendulo kwingxaki yomntu. Njengomzekelo, abantu banengxaki—balambile—ngoko umntu uqala ivenkile ye*Subway*. Ndiqinisekile ukuba ukhe wasenza isonka *sesub* ngaphambili, kodwa awuzange uyiguqulele kwimbono yeshishini. Kodwa namhlanje, i*Subway* inamashumi amawaka eevenkile kuso sonke isijikelezi langa kuba basombulula ingxaki yomntu.

Kwaye uya kuthi, “bendingenakuyenza loo nto,” kwaye ubunokuyenza. Kodwa kufuneka ucinge ngenye indlela.

Mna noDrenda singosozigidi namhlanje, kungekhona ngenxa yokuba sihlakaniphile okanye sibahle. Siye safunda nje indlela obusebenza ngayo uBukumkani bukaThixo, kwaye uThixo wasibonisa indlela yokulungisa ingxaki esasinayo. Emva koko uThixo wasibonisa indlela yokunceda abanye abantu basombulule ingxaki efanayo. Ayikho nzima kangako!

Indawo Yokulungiselela

Ke, emva kokuba uhlwayele ngokholo nasemva kokuba ufumene isicwangciso, musa ukutsiba ngaphandle kokucinga. Khumbula Isibhalo sethu kuMateyu 13.

Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nobutyebi obufihlwe entsimini, athe umntu akubufumana wabufihla; aze ngenxa yovuyo lwakhe aye athengise ngeento zonke anazo, ayithenge loo ntsimi.

—UMateyu 13:44

UTHixo uhlala ekubizela kwindawo yokulungiselela kuqala. Ke nangona usiva kuThixo kwaye ekunike umbono ozakuqala ishishini elitsha elimangalisayo, qiniseka ngexesha. UThixo uhlala etyhila ubutyebi ukukhuthaza kulungiselelo kuqala. Qaphela ukuba khangе ndithi uThixo ukunika ubutyebi. Ndithe utyhila ubutyebi, impendulo. Abantu abaninzi, basifunde kakubi isityhilelo sobutyebi njengexesha lokubamba ubutyebi, ngeziphumo ezimbi. UThixo uyakuhlala ekukhokelela kwindawo yoqeqesho nolungiselelo phambi kokuba akuthume ukuba uyokuthatha ubutyebi.

Ndiyayazi kwimeko yam njengendoda eselula, uThixo wandinika umbono ndimile ndiphethe iBhayibhile esandleni sam. Ndathi ndisame apho, andizange ndizibone ndishumayela kuphela kodwa ndabona negumbi kunye nabantu endandibashumayela kubo. ILizwi lathetha nam njengoko ndandibona loo mbono. “Ndikubizela ukuba ushumayele ILizwi Lam.” Ndeva loo mazwi kathathu emva koko umbono wahamba. Ndandineminyaka eyi 19 ubudala. Ndandiphethe ivenkile katata yepizza ngelo xesha kwaye

ndandingazi ukuba umbono uthetha ukuthini. Ndandisazi ukuba ndibizelwe ukushumayela ILizwi likaThixo, kodwa ukuba loo nto iza kwenzeka njani okanye phi ndandingazi.

Eneneni, olo yayilubizo lokulungiselela. Akuzange kube kudala emva kokuba uThixo endinike eso sityhilelo wandixelela ukuba ndiye kwisikolo seBhayibhile ndize emva koko ndiye eORU. Apho ndadibana nobambo lwam, uDrenda. Sasuka eORU saqala ishishini lezemali, isicwangciso endandingasiqondi ngelo xesha. Kwenzeka ntoni ngobizo lukaThixo ebomini bam? Kodwa uThixo wayenesicwangciso. Wasebenzisa elo xesha ukuze andiqeqeshe kwiindawo zemali zobomi, ukuze andiqeqeshele kwimithetho nemogaqo Wakhe yoBukumkani, eye yaba sisiseko sobulungiseleli bam. Wayesebenzisa nelo xesha ukuze ndikhule ekuzithembeni njengoko ndandisoyika ukuthetha nabantu ndisemncinci.

Zange kude kube zi 1 zenyanga yoMsintsi, 1995 uThixo wathi wasikhokelela ukuba sisungule icawe yethu kwigumbi elingaphantsi kwesikhululo sikanomathotholo samaKristu. Inkonzo yethu yokuqala yayisebusuku, kwaye njengoko ndandime apho, ndabona kanye umfanekiso waloo mbono uThixo wayendinike wona iminyaka eyi 21 ngaphambili.

Ngoko ke qonda ukuba xa usiva umbono, fumana isalathiso, okanye ufumane umbono, loo nto ngokuqhelekileyo ayithethi ukutsiba ngelo xesha. UThixo uza kukuxelela ukuba uphume nini na kwangendlela akunike ngayo isicwangciso. Uza kuthetha kuwe, kwaye uza kuyazi.

Kwimeko yam, sasisiya kwicawe encinci kufutshane nekhaya lethu ngo 1995, kwinkonzo yangeCawe ebusuku, uThixo waqala wajongana nam. Ndandingeva nokuba uthini umfundisi njengoko

uMoya kaThixo wawuphezu kwam ngamandla. Ndandiyazi ukuba lixesha lokuphuma! Nawe uya kwenza njalo.

Mna noDrenda sasithanda kakhulu ukubona yonke into eyenziwe nguThixo, kodwa into esiyithandayo yiyo yonke into ayenzayo!!! Sizibophelele ekushumayeleni nasekufundiseni lo myalezo woBukumkani ubomi bethu bonke. Akukho nto isenza sonwabe njengokubona ubuso babantu bukhanya ngesityhilelo xa sifundisa. Siyazi ukuba ithetha ukuthini loo nto, bava iimpendulo.

Siyazi ukuba uBukumkani yimpendulo yakho nawe! Ngoko uthini umgaqo wesihlanu endiwufundiswe nguThixo?

Inyathelo #5: Xa ulazi ixesha, indlela, kunye nendawo, sukubekela amangomso! Okwesibini, musa ukumangaliswa lungquzulwano.

Wena noThixo ningawenza umsebenzi, akukho kuthandabuza. Khumbula ukuba yintando kaThixo ukuba uphumelele.

Ntanda, ndinga ungathi ngezinto zonke usikeleleke uphile, njengokuba usikelelekile umphefumlo wakho.

—3 Yohane 2 (NASB)

Ungavumeli nabani na akuxelele ukuba asiyiyo intando kaThixo kwaye asiyiyo intando Yakhe ukuba ube sempilweni kwaye uphumelele ebomini! Yile nto uSathana wayibayo emhlabeni kwaye into uThixo wayibuyisela kuwe ngoYesu Kristu. Inkolo iye yafundisa abantu ubuxoki obunjalo nguThixo. Ngamanye amaxesha kuye kufuneke ukuba abantu balibale iintsomi ngaphambi kokuba bafunde inyaniso. Ndifumene le imeyile ilandelayo ngenye

imini, ebonisa isidingo sokuhlaziya ingqondo yakho kwinto ayithe-
thayo uThixo.

Gary othandekayo

Igama lam nguAnnette. Ndikhulele kwikhaya lomfundisi waseBhaptizi, ndasindiswa ndisengumntwana, kwaye ndimthanda kakhulu uYesu. Njengomntu oselula, ndabhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele ndaza ndaqalisa ukuqonda unqulo lokwenyani, impiliso, ukuhlangulwa, izipho zomoya, nezinye iinyaniso ngoBukumkani bukaThixo. Ndifunde imigaqo esisiseko yokugcina nokuvuna ngootishala kumzimba kaKristu. Kodwa andizange de umyeni wam uJohn, “wadibana” neemfundiso zakho apho ndaqala ukuqonda ukuba ndinengxaki yokwenene yokukholelwa ukuba amaKristu—ngakumbi abafundisi kunye okanye abantu kubulungiseleli—bafanele bafune ukuphumelela ngaphaya kokuhlangabezana neemfuno zabo ezisisiseko. Siya safumanisa ukuba akukho namnye kuthi owayeyiqonda ngokwenene indlela uBukumkani bukaThixo obusebenza ngayo.

Sasikubulungiseleli kwaye sasithembekile ekunikeleni izishumi. Sasisipha ngesisa sade safundisa umgaqo wokuhlwayela nokuvuva. Kodwa sasivakalelwa kukuba sasiphila ubomi obufikelelayo kwaye yayikuphela kwento esifanele siyilindele. Yade yayikwindla ka 2003 xa sasinomlilo ombi kwizibuko lethu apho sasineshishini lethu kunye nekomkhulu lobulungiseleli. Kwaza kwenzeka ezinye iziganeko ezininzi ezatshintsha yonke into. UJohn waqala ukuba neengxaki zentliziyo eziqhubekayo, ekugqibeleni wafuna utyando lwentliziyo oluvulekileyo.

Sasingenayo i insurance yezempilo ngelo xesha, kwaye saqalisa ukungena kwindleko ezinkulu zasesibhedlele. Ukungakwazi kwakhe ukusebenza kwenza izinto zaba mbi kakhulu. Ke ezinye ezigqibo ezimbi kwicala lethu zabangela iingxaki ezinkulu zemali. Ngo 2015, indlela yethu eqhelekileyo yezemali yayitshintsha ukusuka ekubeni ntle yaba ngumthwala wamatyala amakhulu ukuquka neerhafu zasemva.

Sibe nesisa kuba siyakuthanda ukupha kwaye sikholelwa ekuhlwayeleni nasekuvuneni. Sayifuna ngamandla iNkosi ngakumbi kunangaphambili ukuze sifumane iimpendulo. Emva koko uJohn wadibana nemfundiso yakho kumabonakude. Ekuqaleni wathi, “Awukwazi ukuthenga uThixo ngolo hlobo” waza wawucima umabonakude. Kodwa iintsuku ezimbalwa kamva, waphinda wadibana nenkqubo yakho, kwaye ngelo xesha akazange akwazi ukuyeka ukumamela. Waphela ethenga zonke izixhobo zokufunda owawunazo ngelo xesha! Safunda ezo zixhobo iminyaka emibini ngaphambi kokuba sobabini sikwazi ukuyeka inkolelo ephambeneyo yokuba kwakungalunganga ukufuna ukuba nentabalala nangaphezulu kunokwaneleyo.

Ngenye imini, sasibukele, malunga nesihlandlo seshumi, enye iDVD apho ufundisa kuMateyu 17 ngoYesu exelela uPetros ukuba abambe intlanzi aze asebenzise ingqekembe esemlomeni wayo ukuhlawula irhafu, kunye nomzekeliso ovela ku 2 Kumkani 4 ngomfazi owasebenzisa into wayenayo endlwini yakhe.

Ngequbuliso ndakhumbula ukuba iminyaka embalwa edlulileyo umhlobo wethu wasinika ingqekembe yegolide ngomsebenzi esasimenzele wona. Yayinganelanga ukhlawula ityala lethu, kodwa “yayiyinto” esasinayo endlwini esasinokuyihlwayela! Sahlwayela loo ngqekembe kubulungiseleli bakho kwaye saba Ngabalingani beInner Circle kwaye sajonga ukuba uThixo uya kwenza ntoni na ngokulandelayo.

Kwiinyanga ezimbalwa ezilandelayo, saqhubeka nokufunda iimfundiso zakho, kwaye sasokolo ukuhlangabezana namatyala ethu ngelixa sisenza intlawulo yamatyala ethu. Ke ngobunye ubusuku, ndaphupha uThixo endibonisa untywenka yemali eyayisiza kuthi. Kwiiveki ezilandelayo, sabona iintsikelelo ezimbalwa ezincinci zemali engenayo.

Saqhubeka sithandaza kwaye sinikela ngakumbi njengoko uThixo wayesiyalela, kwaye sasivakalisa inyaniso kaThixo samamela ukuze siqiniseke ukuba sithobela yonke into esasikholelwa ukuba wayesixelela yona.

Kwaza kwajika imeko eyayibonakala ingenakwenzeka. Sabona ukuzaliseka kwephupha msinya emva koko. Imali esayifumanayo yayingaphezulu lee kuleyo sasiyidinga ukuze sihlawule ityala esasilityala. Ngoku siphumile ematyaleni. Ngoku sifuna amaqhinga endlela yokutyala imali kwaye siphile ubomi besabelo esiphindwe kabini ukuze sikwazi ukupha ngesisa, rhoqo, nangalo lonke ixesha.

—John noAnnette

Sifumana olu hlobo lwe imeyile ngalo lonke ixesha kubantu abafunda inyaniso ngoThixo noBukumkani Bakhe kwaye beqonda ukuba baye baxokiswa yinkolo.

Ndafumanisa ukuba ingqondo yam ihlaziywe ekulungeni kukaThixo neLizwi Lakhe, ndaye ndakwazi ukukhula kwisityhilelo endandisidinga ukuze ndikhululeke. Khumbula, andizange ndimthandabuze uThixo. Ukuba kukho imeko ebomini bakho esenokubonakala ngathi kukusilela kwicala loBukumkani, yenza

**UYA KUTHETHA NAWÉ
AKUNCEDE UFUNDE
INDLELA OBUSEBENZA
NGAYO UBUKUMKANI
BAKHE OBUMANGALISAYO.**

into eyenziwa ngabafundi. Abazange babuze uYesu, “Yesu, kutheni ungayukhuphanga loo demon?” Hayi, babuza, “Kutheni singakwazanga ukukhupha idemon?” babesazi ukuba ingxaki kwakumele ukuba secaleni labo, baza bacela uYesu ukuba abancede

bayiqonde. Ukuba awuyiboni into ethi iBhayibhile yeyakho ebomini bakho, cela uThixo akubonise ukuba kethuni! Uya kuthetha nawe akuncede ufunde indlela obusebenza ngayo uBukumkani Bakhe obumangalisayo.

Izolo nje, usomashishini ecaweni yam uve kwibhanki yakhe ukuba imali yesibonelelo sikarhulumente awayethenjiswa yona ekuqaleni yaliwe. Wayesele eyilindele loo mali kwaye sele ecebe ngayo. Ngaphandle koncedo, kwakuya kufuneka akhulule abasebenzi bakhe. Xa ubuza ebhankini ukuba kutheni imali yaliwe, zange bakwazi ukuphendula. Kuba wayecinga ebuza wayenentabalala yemali engenayo, waqhubeka watyala imali awayenayo kwizinto awayezidinga. Kodwa ngoku imali ingafiki, wazifumana engenamali kwaye engazi nokuba athini. Ekuphela kwento

eyayishiyekile yayilikhadi lesipho kwisipaji sakhe awayelinikwe ngumntu. Kwangoko waqhuba nalo ukuya ecaweni, kuba wayesazi ukuba kufuneka ahlwayele loo nto wayenayo kwaye akholwe uThixo ukuba amncede ngexesha elinzima. Kwiiyure nje ezise ikhadi lesipho ecaweni njengembewu, ibhanki yamtsalela umnxeba yaxolisa, nokuba kwakukho impazamo. Babezakumthumela imali.

Unendima Oyidlalayo

Xa ndivala, mandikunike amazwi am okugqibela malunga nokubamba imali oyidingayo. Ndafumanisa ukuba abantu bakaThixo banentliziyo yokupha, iintliziyo zabantu, kodwa abanamali. Ndikholelwa ukuba esona sizathu siphambili sokuba abantu basilele ukubona imbuyekezo ekupheni kwabo yimbono engalunganga yento ekumele ukuba yenzeke emva kokuba benikele. AmaKristu amaninzi akholelwa ngokuphosakeleyo ukuba uThixo uza kubazisela imali abakholelwa yona. Kodwa loo nto ayinakwenzeka njengoko uThixo engenamali. Yonke imali ikummandla wasemhlabeni kwaye iyimveliso kuphela yorhwebo (ukuthenga okanye ukuthengisa into ethile.)

Ke xa siphile, ukuba siyawuqonda lo mba wenkqubo, kufuneka simamele uMoya oyiNgcwele ngesicwangciso, ulwalathiso, okanye umbono apho sinokuthi senze okanye sibambe ubutyebi kwindawo yentengiso. Le nto ayithethi ukuba kufuneka ube neshishini, kodwa uMoya oyiNgcwele uya kukukhokelela kwindawo ethile kwindawo yentengiso ukuze ubeke umnatha wakho. Umnatha yinto ekwaziyo ukubamba okanye ukwenza imali kwindawo yentengiso. UThixo uya kukukhokelela ukunyathela kwakho kunye nesicwangciso oya kusilandela. Kubantu abaninzi, ndikholwa ukuba oyena mnatha

ulungileyo, ukhawulezayo, kwaye owona unokwenzeka lishishini. Xa ndisithi ishishini, andikhupheli ngaphandle ukusebenza phantsi okanye kwishishini, kodwa umnatha kufuneka ube mkhulu ngokwaneleyo ukubamba intlanzi oyidingayo. Isenokuba lishishini lakho okanye lomnye umntu.

Kodwa xa kuziwa kwiminatha, kumava am, uninzi lwabantu luloba iminenga kwiibhafu. Mandikucacisele. Masithi umntu unomsebenzi kwivenkeli yokutya yasekuhlaleni esenza i\$10 ngeyure. Kodwa ngoku unqwenela ukuhlawula i\$150,000 yendlu yakhe kwaye ufuna ukusebenzisa umthetho woBukumkani ukuyiphumeza. Kulungile, kuhle ukuza kuthi ga ngoku.

Okulandelayo, ave ngokuhlwayela nokuvuna, umthetho woBukumkani, aze ahlwayele akholelwe ekuhlawuleni loo ndlu. Kwakhona, kuhle ukuza kuthi ga ngoku. Kodwa ngenxa yesizathu esithile, ucinga ukuba imali iza kuvela nje. Uyazi ukuba umsebenzi wakhe awunawo amandla okubamba imali eyaneleyo yokuhlawula indlu, ngoko ubeka ithembela lakhe eNkosini (kwaye loo nto ilungile). Kodwa xa ndisithi, “beka ithemba lakho eNkosini,” kufuneka uqonde ukuba into endiyithethayo kukuba sibeka ithemba lethu eNkosini ukuba asinike ubulumko nesikhokelo sokuyibamba loo mali. Kwaye loo nto isonokuthetha utshintsho olukhulu olubandakanyekayo.

Uyabona, into abantu abangayiqondiyo kukuba kusenokufuneka ukuba uThixo abakhokelele kwichibi elitsha ukuze babambe umnenga, kungekhona ibhafu yabo eqhelekileyo. Uyabona, akukho minenga ebhafini yakho. Ukuhlawula i\$150,000 yendlu kwiminyaka embalwa nge\$10 ngeyure kuya kuba nzima ukwenza. Kodwa uThixo uyayazi ukuba ziphi na iintlanzi kwaye unokukukhokelela kwindawo elungileyo nendlela yokubamba iintlanzi

ozidingayo ukufikelela kusukelo lwakho. Uyalikhumbula ibali likaPetros nokubanjiswa okukhulu kweentlanzi? UPetros wayelobe ubusuku bonke engabambi nto, kodwa uYesu wamxelela indawo yokuloba, kwaye emva koko, umkhombe kaPetros awakwazi ukuzibamba zonke iintlanzi. Umahluko? ILizwi lolwalathiso, “Phosa iminatha yakho emanzini anzulu.” Uyabona, uPetros wayeloba kwindawo engeyiyo kodwa uYesu wamxelela ukuba enze ntoni kwaye impumelelo yakhe yatshintsha.

Xa mna noDrenda sasinamatyala amakhulu, kwakufuneka sifunde ukuva uThixo size simlandele kumachibi amakhulu ukuze sibambise iintlanzi esizidingayo. Ulwalathiso lukaThixo lwaqhubeka lusisa kumanzi anzulu nanzulu ngakumbi. Ngokungafihlisiyo, uThixo wasikhokelela kude kangangokuba sasingasawuboni umhlaba, eyayiyindawo eyoyikeka kakhulu kuba sasingazange sibe lapho ngaphambili, kwaye isoyikeka ngakumbi xa izaqhwithi zivela.

Ekubeni abantu abaninzi belindele uThixo ukuba imali ivele, ayikhe ithi qatha into yokuba bamamele into engaqhelekanga kubo nebakhokelela kwiindawo ezintsha nezoyikekayo abangazange baye kuzo ngaphambili. Abantu abaninzi bajonga kuphela kwizinto abaziqhelileyo, into abasele beyazi. Kodwa iminenga ayikho ebhafini yakho. Kufuneka uphume uye emanzini anzulu.

Ngoko ke khumbula, akufuneki sihlale sisonge izandla xa sihlwayele. Xa sihlwayela, sinokumbambelela kwiLizwi likaThixo kwaye sazi ukuba uThixo uya kusikhokelela kwisivuno. Kodwa kufuneka simamele olo lwalathiso, silulandele, emva koko sibe neminatha yokubambisa iminenga xa sifika apho.

Abantu abaninzi ngokwenene bathatha amanyathelo okutshintsha amachibi kodwa basilele ukuguqula iindlela ezisetyenziswayo ukubambisa isivuno sabo. Into yokubamba

ibluégill ayisoze ibambe umnenga. (Ke, anditsho ukuba sibambe iminenga. Ndisenzenzisa le nto njengomzekelo ngenxa yobukhulu bawo.)

Xa ukwindawo echanekileyo, iindlela zakho kufuneka zikwazi ukuphatha ubunzima obukhulu kunye noxinzelelo okuya kufunwa kukubambisa isivuno esikhulu. Yonke le nto ithatha ixesha ukwenziwa. Amaxesha amaninzi, uThixo uyazi ukuba asikwazi ukusingatha umnenga esiwuzingelayo xa siza kujongana nayo. Kodwa uThixo uya kusiqeqesha, kwaye sinokuqiniseka ukuba siya kuyitsalela elunxwenemi ukuba asityhafi.

Ngoko xa sihlola, kufuneka siyeke ukucinga ngokwemali yomngaliso okanye into esiyibiza ingqondo yokuhlala ulinde (nangona uThixo esenza izinto ezimangalisayo). Endaweni yoko, kufuneka sisebenze noThixo, silungisele isivuno, kwaye senze iinxalenye zethu ukubamba onke amathuba abekwe nguThixo phambi kwethu.

**ENDAWENI YOKO, KUFUNEKA
SISEBENZE NOTHIXO,
SILUNGISELE ISIVUNO,
KWAYE SENZE IINXALENYE
ZETHU UKUBAMBA ONKE
AMATHUBA ABEKWE
NGUTHIXO PHAMBI KWETHU.**

Amandla okubonelela abekwe ezandleni zakho. Hayi, andithethi ngesihloko sencwadi yam. Ndithetha ngoMoya oyiNgcwele noBukumkani akumise kubo uThixo. Ke yenze, kwaye uzuze abaninzi kuKristu

ngempumelelo yakho kunye nomzekelo endleleni.

Hee, ndisanda ukubona le imeyile ingena, ndacinga ukuba sisikhumbuzo esihle njengoko sivala.

Phakathi kwokuwohloka kogoqoso lwehlabathi, ishishini lethu lalinyala le\$4,000 kunye netyala le \$8,000 elacinywayo! Kukho okunye!! Sasijonge kwimali yeshishini lethu saqonda ukuba, ukusukela namhlanje, ingeniso yethu yeshishini lonyaka ka 2020 ukuza kuthi ga ngoku igqithe lonke ishishini lethu lango 2019! Siphumelela ngaphezu kwayo yonke into esinokuyicela okanye esinokuyicinga (KwabaseEfese 3:20) ngelixa uqoqosho lwehlabathi oluqhalekisiweyo lusilela! Sivuyela nje into ayenzayo uThixo. Uthembeke KAKHULU kwiLizwi Lakhe!!

Enkosi, enkosi, enkosi kuGary noDrenda, usapho lwabo, abasebenzi babo, omahlulelane babo ngokuzisa ILizwi likaThixo ebomini bethu! Sahlala iminyaka eyi 17 kwint-lupheko nasebugxwayibeni—njengoGary noDrenda benzayo iminyaka eyi 9—de umfundisi wethu waqala ukusibonisa uthotho i lweFixing the Money Thing ngoLwesithathu ebusuku enkonzweni. Kwakuyiminyaka eyi 5.5 eyadlulayo, kwaye asizange siphinde sifane!! Enkosi kwakhona, kwaye usikelelwe!

Ke, Ndixelele amabali akho ku GaryKeese.com. Kufuneka abanye bave ukuba uBukumkani ngendlela emangalisayo ebomini bakho.

Yiya ku **FLNFree.com**
ukukhuphela iimfundiso
zasimahla ngolwimi
lwakho!!



Ufuna izixhobo zokufundisa ezingakumbi EZISIMAHLA ngolwimi lwakho?
Yiya ku **FLNFree.com**

INGUQU YAKHO KWEZEMALI

Amandla Obonelelo

Usokola ukuphila...

okanye ukukwazi ukuphupha amaphupha amakhulu?

Ulikhoboka lamatyala...

okanye ukusukela injongo yakho eyilwe nguThixo?

Yeyiphi kwezi evakala kakhulu njengawe?

Yintoni eyakwenza umahluko EBOMINI BAKHO?

Ubonelelo.

Sonke sinokuvumelana ukuba ukuba nesibonelelo esaneleyo sezinto esizidingayo ebomini kubalulekile.

Kodwa uyawaqonda ngenene *AMANDLA* obonelelo?

UGary Keesee ufuna ukuyenza ibe lula.

Kolu luhlu lwesine kuthotho lwe “Nguqu Yakho Kwezemali,” uGary utyhila eyona nxalenye ibalulekileyo yempumelelo yakhe kunye nempumelelo yabanye, kunye nenye imfihlelo EBALULEKILEYO yoBukumkani bukaThixo: *Amandla Obonelelo!*

Funda:

- AMANYATHELO AMAHLANU ASISISEKO onokuthi uwathathe ukuze wamkele ubonelelo oludingayo.
- Ukubaluleka kokholo kunye nendlela onokubona ngayo xa uselukholweni.
- Indlela ukubekel' amangomso izinto kunokubulala ngayo.
- Ukuba unokukholelwa ukuphumelela ilotho (ewe, le ilapha ngenene).
- Nokunye okuninzi!

Yiya kuhambo oluvula-amehlo noGary, kwaye ufumanise ukuba uwazalisekisa njani Amandla Obonelelo ebomini bakho!



UGary Keesee ngumbhali, isithethi, usomashishini, ingcaphephe yezemali, nomfundisi onothando lokunceda abantu baphumelele ebomini, ngakumbi kummandla wokholo, wosapho, nezezemali. UGary kunye nenkosikazi yakhe, uDrenda, benze amashishini amaninzi anempumelelo, kwaye bangabaseki *Faith Life Now*, evelisa iinkqubo ezimbini zikamabonakude—*Fixing the Money Thing* kunye no*Drenda*, iinkomfa ihlabathi jikelele kunye nezixhobo ezisebenzayo. Abakwa Keesee bakwangabafundisi beFaith Life Church kufutshane neColumbus, Ohio.

P.O. Box 779, New Albany,
OH 43054, USA
garykeesee.com

Ufuna izixhobo zokufundisa ezingakumbi
EZISIMAHLA ngolwimi lwakho?
Yiya ku **FLNFree.com**